**ICandelo 206(1) loMgaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika, uMthetho 108 wowe-1996, umisela ukuba uMphathiswa weKhabhinethi onoxanduva lokwenziwa komsebenzi wobupolisa ufanele ukugqiba ngomgaqo-nkqubo wesizwe ngezomsebenzi wamapolisa emva kokuthetha-thethana noorhulumente bamaphondo kwanokuthathela ingqalelo iimfuno zobupolisa kunye nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili koorhulumente bamaphondo njengoko zichongiweyo ziziggeba zamaphondo.**

## Ukuzikhupha kubutyala malunga noxwebhu (*disclaimer*)

Inguqulelo yesiNgesi yale ngxelo ithathwa njengombhalo waseburhulumenteni. ISebe alinakubekwa butyala ngako nakuphi ukugqwidiza kutoliko
okunokuthi kanti kwenzekile ngexa lenkqubo yokuguqulwa kolwimi.

Le ngxelo ngeeMfuno zoMsebenzi woBupolisa kunye nokuBalulekileyo (*Policing Needs and Priorities*) (*PNPs*) *report*) yaqulunqwa liCandelo likaSosiba: weZokhuselo noKhuseleko, kwUKHUSELEKO LOLUNTU.

Ukufumana iikopi ezingaphezulu zolu xwebhu nceda uqhagamshelane naba:

**The Head of Department of Community Safety**
**P. O. Box 5346, Cape Town, 8000, South Africa**
**Ifoni: +27-21-483 5590, Ifeksi: +27-21-483 3970**

**ISBN: 978-0-620-49617-9**
**PRN: 209/2011**

## ITHEBHILE YEZIQULATHO


| | |
|---|---|
| **ISAHLUKO SOKUQALA: INGCACISO NGOKUBANZI** | **1** |
| Amazwi ombulelo | 4 |
| Uluhlu lweegrafu neethebhile | 5-6 |
| Izifinyezo | 7 |
| Isandulela soMphathiswa wezoKhuselo loLuntu – kwiPhondo leNtshona Koloni | 8 |
| Isandulela seNtloko yeSebe: kwUKHUSELEKO LOLUNTU | 9 |
| **ISAHLUKO SESIBINI: ISISHWANKATHELO SEENGONGOMA EZIZIINTLOKO** | **10** |
| ISISHWANKATHELO SEENGONGOMA EZIZIINTLOKO | 11-15 |
| **ISAHLUKO SESITHATHU: INTSHAYELELO NOMGAQO OLANDELWAYO** | **16** |
| 3.1 Intshayelelo nengcaciso enika imvelaphi | 17 |
| 3.2 Umgaqo-sikhokelo wesiwisi-mthetho | 17 |
| 3.3 Iinjongo zengxelo yee-PNP | 18 |
| 3.4 Inkqubo elandela umgaqo othile | 19 |
| 3.5 Izinto ezingabandakanywanga kwisifundo | 20 |
| **ISAHLUKO SESINE: INGCACISO NGEZIPHUMO** | **21** |
| 4.1 Ukwenziwa kwengcaciso yeedatha | 22 |
| 4.2 Isishwankathelo sePhondo leNtshona Koloni | 22 |
| 4.3 Isishwankathelo solwaphulo-mthetho eNtshona Koloni | 22-36 |
| Isishwankathelo 'soomasipala bezithili' neziphumo zoomasipala abambaxa (*metropolitan findings*) | 37-68 |
| 4.5 Ukucazululwa kweeklasta zamapolisa zee-PNP | 69-158 |
| 4.11 Iziphumo eziziintloko | 158-161 |
| 4.12 Isiqukumbelo | 161 |
| 4.13 Iingcebiso | 162 |
| **ISAHLUKO SESIHLANU: IZALATHISO NESIHLOMELO** | **163** |
| Iincwadi ezisetyenzisiweyo | 164 |
| Isihlomelo | 165-173 |

## AMAZWI OMBULELO

I-Ofisi kaSosiba: wezoKhuselo noKhuseleko ivakalisa uthakazelelo lwayo olunyanisekileyo kwiNkonzo yaMapolisa aseMzantsi Afrika yaseNtshona Koloni, kuzo zonke iiForam zeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu kwiphondo, imibutho yoluntu neyoosomashishini eyathi yenza ukuba ukuqulunqwa kwale ngxelo kube yimpumelelo. Ngaphezulu, kuvakaliswa amazwi ombulelo kuBaphathi aBakhulu nakumagosa eSebe loKhuseleko loLuntu elasebenzisanayo lancedisa ngethuba lokwenziwa kwale ngxelo.

Le ngxelo ibingekhe ibe yimpumelelo ngaphandle kwamalungu ekomiti avela kumaCandelo: ezoKhuseleko lweNgcaciso noPhando (*Directorate: Safety Information and Research*) (*SIR*)) nakwiSebe lezoQhagamshelwano (*Community Liaison*)). Amalungu eli Candelo anikela ngesisa ngexesha lawo ngethuba lenkqubo yokuqokelelwa kweedatha nasekufakweni kweedatha ngethuba lokwenziwa kwale ngxelo.

## IKOMITI YOPHANDO – ICANDELO: LEZOKHUSELEKO, INGCACISO NOPHANDO

| | |
|---|---|
| UMlawuli woPhando: | Romeo De Lange (uMlawuli) |
| ISuphavayiza yoPhando: | Don Sauls (uSekela-mlawuli oBambeleyo) |
| UMphandi weProjekthi: | Thumeka Mdayi (uMlawuli oNcedisayo) |
| Abasebenzi bophando: | Owen Munro (uMabhalana woLawulo oMkhulu)<br>Victor Africa (uMabhalana woLawulo oMkhulu)<br>Charmaine Marman (uMabhalana woLawulo oMkhulu)<br>Archie Monakali (iGosa loLawulo eLikhulu)<br>Effience Swain (iGosa loLawulo eLikhulu) |
| Ingcali efaka iidatha ekhompyutheni: | Getha Voigt (uMabhalana woLawulo oMkhulu) |
| Abaphandi beprojekthi abancedisayo: | Bhekithemba Simelane (uSekela-mlawuli)<br>Khumbulani Mfanta (uMlawuli oNcedisayo)<br>Xoliswa Ndingaye (uMlawuli oNcedisayo)<br>Louis Brown (uMlawuli oNcedisayo) |
| Amanye amalungu ekomiti yeprojekthi: | Nomahlubi Mgijima (uSekela-mlawuli)<br>Athena Johannes (uMabhalana woLawulo oMkhulu) |

# ULUHLU LWEEGRAFU NEETHEBHILE

## IIGRAFU

Igrafu 1: Izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezintlanu ezifuna ingqwalaselo ephambili kwiPhondo leNtshona Koloni (ii-PNP ezichongweluLuntu)
Igrafu 2: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili ezikhankanywa qho kwiphondo leNtshona Koloni (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 3: Imiba yokwenziwa kwenkonzo kwiPhondo laseNtshona Koloni
Igrafu 4: Ubudlelane boluntu namapolisa kwiPhondo leNtshona Koloni
Igrafu 5: Ingxaki yokusetyenziswa kotywala gwenxa kwiPhondo leNtshona Koloni
Igrafu 6: Iintlobo zolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili eCape Winelands (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 7: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywa qho zeCape Winelands (iimbono zoluntu)
Igrafu 8: Imiba yokunikezelwa kweenkonzo kumasipala wesithili seCape Winelands
Igrafu 9: Igalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kwisithili saseCape Winelands
Igrafu 10: Izenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 11: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywa qho kakhulu ezifuna ingqwalaselo zeCentral Karoo (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 12: Imiba emalunga nokwenziwa kweenkonzo eCentral Karoo
Igrafu 13: Igalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kumasipala wesithili weCentral Karoo
Igrafu 14: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambilikumasipala ombaxa weSixeko saseKapa
Igrafu 15: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywa qho kumasipala ombaxa weSixeko saseKapa
Igrafu 16: Imiba yokunikezelwa kweenkonzo kumapasila ombaxa weSixeko saseKapa
Igrafu 17: Igalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kwiingingqi zasezidolophini zikamasipala ombaxa weSixeko saseKapa
Igrafu 18: Iintlobo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili e-Eden
Igrafu 19: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezizezona zikhankanywa qho kakhulu ezifuna ezifuna ingqwalaselo ephambili(ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 20: Imiba yokwenziwa kweenkonzo e-Eden
Igrafu 21: Igalelo leeCPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kumasipala wesithili e-Eden
Igrafu 22: Iintlobo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kwiOverberg (ii-PNP ezichongwe luluntu)
Igrafu 23: Iintlobo zolwaphulo-mthetho olukhankanywa qho kakhulu olufuna ingqwalaselo ephambili e-Overberg (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 24: Imiba yokwenziwa kweenkonzo e-Overberg
Igrafu 25: Igalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kwiOverberg
Igrafu 26: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezibaluleke kakhulu kwiWest Coast (kwii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 27: Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezisoloko zichazwa qho ezibaluleke kakhulu kwiWest Coast (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 28: Imiba yokwenziwa kweenkonzo kumasipala wesithili eWest Coast (ii-PNP ezichongiweyo luluntu)
Igrafu 29: Igalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa kumasipala wesithili eWest Coast

## IITHEBHILE


Ithebhile 1: Isishwankathelo seendidi zolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili eNtshona Koloni nakoomasipala bezithili abathandathu (iimbono zoluntu)
Ithebhile 2: Ukubonakala kwamapolisa kwiPhondo leNtshona Koloni
Ithebhile 3: Impendulo yamapolisa ngexesha likaxakeka kwiphondo
Ithebhile 4: Ukubonakala kwamapolisa kwisithili sikamasipala saseCape Winelands
Ithebhile 5: Amaxesha okuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho kwisithili saseCape Winelands
Ithebhile 6: Ukubonakala kwamapolisa eCentral Karoo
Ithebhile 7: Ixesha lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho eCentral Karoo
Ithebhile 8: Ukubonakala kwamapolisa kumasipala ombaxa weSixeko saseKapa
Ithebhile 9: Ixesha lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho kumasipala ombaxa weSixeko saseKapa
Ithebhile 10: Ukubonakala kwamapolisa kumasipala wesithili e-Eden
Ithebhile 11: Ixesha lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho kumasipala e-Eden
Ithebhile 12: Ukubonakala kwamapolisa e-Overberg
Ithebhile 13: Ixesha lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho e-Overberg
Ithebhile 14: Ukubonakala kwamapolisa eWest Coast
Ithebhile 15: Ixesha lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho eWest Coast
Ithebhile 16: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseCeres (iimbono zoluntu)
Ithebhile 17: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yasePaarl (iimbono zoluntu)
Ithebhile 18: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseStellenbosch (iimbono zoluntu)
Ithebhile 19: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseWorcester (iimbono zoluntu)
Ithebhile 20: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseBeaufort West (iimbono zoluntu)
Ithebhile 21: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseBellville (iimbono zoluntu)
Ithebhile 22: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseBishop Lavis (iimbono zoluntu)
Ithebhile 23: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseKapa (iimbono zoluntu)
Ithebhile 24: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseClaremont (iimbono zoluntu)
Ithebhile 25: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseDelft (iimbono zoluntu)
Ithebhile 26: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseKhayelitsha (iimbono zoluntu)
Ithebhile 27: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseKraaifontein (iimbono zoluntu)
Ithebhile 28: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseKuils River (iimbono zoluntu)
Ithebhile 29: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseMilnerton (iimbono zoluntu)
Ithebhile 30: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseMitchell's Plain (iimbono zoluntu)
Ithebhile 31: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseMuizenberg (iimbono zoluntu)
Ithebhile 32: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseNyanga (iimbono zoluntu)
Ithebhile 33: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseWynberg (iimbono zoluntu)
Ithebhile 34: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseDa Gamaskop (iimbono zoluntu)
Ithebhile 35: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseGeorge (iimbono zoluntu)
Ithebhile 36: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseOudtshoorn (iimbono zoluntu)
Ithebhile 37: Ii-PNP eziChongiweyo luLuntu kwiKlasta yaseCaledon (iimbono zoluntu)

## IZIFINYEZO

| | |
|---|---|
| Assault GBH: | Assault with the intent to inflict Grievous Bodily Harm |
| BACWC: | Business Against Crime Western Cape |
| CWDM: | Cape Winelands District Municipality |
| CKDM: | Central Karoo District Municipality |
| CPFs: | Community Police Forums |
| CSC: | Community Service Centre |
| CSVR: | Centre for the Study of Violence and Reconciliation |
| DoCS: | Department of Community Safety |
| PNPs: | Policing Needs and Priorities |
| SAPS: | South African Police Service |
| SIR: | Directorate of Safety Information and Research |
| PCPB: | Provincial Community Police Board |

# ISANDULELA SOMPHATHISWA WEPHONDO WESEBE LEZOKHUSELEKO LOLUNTU


IPHONDO LENTSHONA KOLONI

Ulwaphulo-mthetho ludala uthungelwano loloyiko noluchaphazela intlalo yemihla ngemihla yabantu abaninzi eNtshona Koloni nakuMzantsi Afrika uphela. Ukwandisa ukhuseleko kuyimfuneko ekuphuculeni umgangatho wobomi babo bonke abantu baseMzantsi Afrika.

UMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika umisela ukuba umgaqo-nkqubo omalunga nomsebenzi wobupolisa kazwelonke unokwenza ummiselo wemigaqo-nkqubo eyahlukeneyo kumaphondo ahlukeneyo emva kokuqwalasela iimfuno zomsebenzi wobupolisa kwanezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili. ISebe lezoKhuseleko loLuntu lathetha-thethana noluntu kulo lonke iphondo kunyaka-mali ka-2010/2011 kubandakanywa namalungu azo zonke iiForam ezingeNtsebenziswano yaMapolisa noLuntu (*Community Police Forums*) ezili-149 ngokunjalo nooSomashishini aBachasene noLwaphulo-mthetho (*Business Against Crime*) ukuhlola iimfuno zokwenziwa komsebenzi wobupolisa nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili kuluntu ngalunye oluchaphazelekayo. INgxelo ngeeMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili (*The Policing Needs and Priorities* (*PNPs*) *Report*) kukuqukunjelwa kwale nkqubo yokuthetha-thethana kwaye inika isishwankathelo ngokubanzi zeemfuno zokwenziwa komsebenzi wobupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili zaseNtshona Koloni. Le ngxelo iqhubela phambili uxanduva lwePhondo lokubeka esweni inkqubo kwaye ijolise ekuncediseni ukwandisa ukhuseleko nokunciphisa isiphumo solwaphulo-mthetho kwiindawo zoluntu lwethu, ngokungqinelanayo neenjongo zobuchule zikaRhulumente wePhondo. Iyaziwa ngokubanzi eyokuba ulwaphulo-mthetho kufuneka lusonjululwe kusetyenziswa inkqubo evelela zonke iinkalo (*multifaceted approach*) kwaye ukubandakanyeka koluntu kuyinxenye eyimfuneko ukusombulula ulwaphulo-mthetho. Ukuthatha inxaxheba koluntu, njengabamkeli benkonzo yamapolisa, ke kubaluleke kakhulu ke ngoko. ISebe lezoKhuseleko loLuntu ligunyaziswe ngokusemthethweni ukuba lenze umsebenzi wokubeka esweni luluntu kwamapolisa (*civilian oversight*), kwaye liyithatha iprojekthi yePNP njengesiseko sale nkqubo. Okuphambili ekunciphiseni ulwaphulo-mthetho kukuphuculwa kokwenziwa kweenkonzo zii-arhente zobupolisa. Imiba yokwenziwa kweenkonzo ekuthethwe ngayo kule ngxelo ibandakanya iintlobo ngokubanzi zeenkonzo zamapolisa, ezinjengezi: isabelo sezinto zokusebenza zamapolisa, ukwenziwa kweenkonzo ngamagosa aqeshwe kumaziko enkonzo yoluntu, iinkonzo zabacuphi, ukubonakala kwamapolisa, ukuphendula kwamapolisa ngomsebenzi wawo, amanqanaba olwaneliseko, ngokuphathelele kwindlela ii-arhente zokunyanzelisa umthetho ezijongana ngazo nazo izenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi, kwanenkqubo yokukhuselwa kwamangqina.

ISebe lezoKhuseleko loLuntu liya kubeka esweni ukuphunyezwa kweengcebiso zale ngxelo ukuqinisekisa ukuba umsebenzi wobupolisa eNtshona Koloni uphendula iimfuno zoluntu. INgxelo yeePNP yenye yeenkqubo ezincedisa iSebe lezoKhuseleko loLuntu ekusebenziseni isigunyaziso somgaqo-siseko salo sokubeka esweni indlela yokuziphatha kwamapolisa.

Ndinqwenela ukuvakalisa umbulelo ongazenzisiyo wam kubameli beeForam zaMapolisa oLuntu abaye bathatha inxaxheba baze babelana ngeembono zabo benikela nangexesha labo. Ndibulela abaphandi kwiSebe lam ndikwawuthakazelela umsebenzi onzima nokuzinikela kwabo. Ndinqwenela ukubulela uNjengele Lamoer ngentsebenziswano eqhubelekayo ngokunjalo ndibulele amalungu eSAPS aba yinxalenye yekomiti eququzelelayo yee-PNP (*steering committee*) ngenkxaso abayinikileyo. Inxaxheba eziintlobo ngeentlobo yabo bonke abaye basebenzisana kule ngxelo ithakazelelwa kangaka. Ndiyathemba ukuba iziphumo zale ngxelo ziya kufaka igalelo ekwandiseni ukhuseleko kwiPhondo leNtshona Koloni.



# ISANDULELA SENTLOKO YESEBE:

UKHUSELEKO LOLUNTU

Ngunyaka wesibini lo apho iSebe lezoKhuseleko loLuntu liqulunqe khona ingxelo ngeeMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili (*Policing Needs and Priorities*) (*PNPs*) njengoko kuqatshelweyo ziiForam ezingeNtsebenziswano phakathi kwamaPolisa noLuntu (*Community Police Forums*) nophando olunxulumene noko.[1] Le ngxelo iyinxalenye eyimfuneko yokuphunyezwa kwesigunyaziso sesiwisi-mthetho seSebe sokubeka esweni koluntu ii-arhente zokunyanzelisa umthetho kwanokuphucula ubudlelane bamapolisa noluntu. Le ngxelo yenza umsebenzi wokuncedisa ii-arhente zokunyanzelisa umthetho ukuba ziphendule ngaphezulu kwiimfuno zokwenziwa komsebenzi wobupolisa nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili kuluntu, ukukhulisa ukuthembela koluntu kwiinkonzo zomsebenzi wobupolisa nokukhuthaza abantu abaninzi kunye namaziko ukuba abandakanyeke ekwenzeni iindawo zoluntu abahlala kuzo zikhuseleke ngaphezulu.

Amanqanaba olwaphulo-mthetho (ngokukodwa izenzo ezenziwa kwabo bawaziyo amaxhoba kunye nolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi (*contact and drug-related crimes*) asasele ingawona aphezulu ngokungamkelekanga kweli phondo. Uhlobo lwezi zenzo zolwaphulo-mthetho lubonisa ukuba iSAPS okanye nalo naliphi elinye isebe likarhulumente okanye imibutho yoluntu ngokwayo ayinakuba nako ukusombulula umngeni wolwaphulo-mthetho. Urhulumente (kuzwelonke, kwiphondo nakwiindawo zasekuhlaleni) noluntu mabahlanganise amaqhinga (*strategies*) nezibonelelo zokusebenza zabo.

Le ngxelo ke ngoko yenziwe ngendlela yokuba iSAPS (kuzwelonke, kwiphondo, kwiiklasta nakwizikhululo zamapolisa akufutshane) nooMasipala Bezithili bakwazi ukuzuza kokufunyanisiweyo kwengxelo ize iqulunqe iimpendulo ezichanekileyo nezifanelekileyo. Le ngxelo iya kwenziwa ukuba ifumaneke kubafundi abaninzi kangangoko ukukhuthaza ubumnini obudibeneyo noxanduva lokudalwa kweendawo ezikhuselekileyo.

Umnqweno wam ngowokuba le ngxelo iya kucela umngeni kumasebe karhulumente, kwimibutho yoluntu nakubemi nje ukuba bazi ngaphezulu ngemisebenzi yethu ekudaleni uluntu olukhuselekileyo.

**Gqr. Gilbert Lawrence**
**INtloko yeSebe: lezoKhuseleko loLuntu**

# ISISHWANKATHELO SEENGONGOMA EZIZIINTLOKO

## 2.1 INTSHAYELELO

ICandelo 206(1) loMgaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika, uMthetho 108 wowe-1996, limisela ukuba uMphathiswa weKhabhinethi onoxanduva lomsebenzi wobupolisa ufanele ukugqiba ngomgaqo-nkqubo womsebenzi wobupolisa kazwelonke, emva kokuthetha-thethana noorhulumente bephondo nasekuqwalaseleni iimfuno zomsebenzi wobupolisa nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili zoluntukuobupmaphondo njengoko kuqatshelweyo zizigqeba zamaphondo.

Ukunika inkxaso kwisigqeba solawulo lwephondo saseNtshona Koloni, iSebe lezoKhuseleko loLuntu lazibandakanya kwinkqubo yokuqaphela iiMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili (*Policing Needs and Priorities*) (*PNPs*) zoluntu kwiPhondo leNtshona Koloni. U-MEC uya kunikezela ngeziphumo kuMkomishinala wePhondo weNkonzo yaMapolisa yaseMzantsi Afrika (*South African Police Service*) (*SAPS*) ukunika ingqwalaselo umba wokubandakanya iziphumo kwintsebenzo yephondo yaminyaka le nakwizicwangciso zezikhululo ezikufutshane zamapolisa zonyaka-mali ka-2011/12. Injongo yoku kukuphembelela ukwenziwa kwemisebenzi ephambili ngokubaluleka yeSAPS ukuba iphendule ngaphezulu kwiimfuno zoluntu. Ke ngoko ukugxila kwale ngxelo kukwiimfuno zokwenziwa komsebenzi wobupolisa nakwizinto ezifuna ingqwalaselo ephambili njengoko kuqatshelweyo luluntu ngokubhekiselele kulwaphulo-mthetho, imiba yokwenziwa kwenkonzo kwanokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Okokugqibela le ngxelo igxila ekuqondeni ukuba ngaba iiForam ezingeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu (*Community Police Forums*) (*CPFs*) zifaka igalelo kwisikhululo seSAPS nezicwangciso zokusetyenziswa kwezibonelelo zoncedo.

Le ngxelo inokusetyenziswa ngeendlela ezintathu:

Okokuqala, ijolise ekwaziseni u-MEC weSebe lezoKhuseleko eNtshona Koloni ngee-PNP njengoko zichongiweyo luluntu lwaseNtshona Koloni. Okwesibini, ii-PNP zephondo ezichongiweyo ziya kukhokela ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo kwinqanaba likazwelonke ngokunxulumene neemfuno zomsebenzi wobupolisa nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili. Okwesithathu, iingcebiso ezibandakanywe kwingxelo yee-PNP ziya kunceda ii-CPF ekwenzeni umsebenzi woluntu wokubeka esweni umsebenzi. Ii-CPF ziya kuba nako ukubeka esweni ukuphunyezwa kwee-PNP ezichongiweyo kwinqanaba lesikhululo samapolisa esikufutshane.

Amalungu esigqeba solawulo se-CPF kwizikhululo zamapolisa ezili-149 ezisebenza ngokupheleleyo eNtshona Koloni asebenza njengeyunithi yokucazulula inkqubo. Impendulo engumyinge weepesenti ezilikhulu yaphunyezwa. Iidatha zaqokelelwa kusetyenziswa amaqela ekugxilwe kuwo (*focus groups*) ekhokelwa yikhweshine okhetha kuyo impendulo eseyibhaliwe (*self-completion questionnaire*). Iidatha eziyingcaciso (*qualitative data*) eziqokelelwe ngale ndlela zathi emva koko zangqinisiswa ngeendlela ezininzi (*triangulated*) ngeedatha ezaziqokelelwe ngomnye umntu (*secondary data*) ezazibandakanya i-*Community Safety Barometer project 2009/10*, *South African Police Annual report 2009/10*, i-*SA Performance Plan 2010/11*, i-SAPS yanika ingxelo yeenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho ngo-2009/10, kwane*Business Against Crime Western Cape*, *"Occasional Paper on the role of Departmental Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence"* eNtshona Koloni ukuphucula ukungaguqu-guquki nokunyaniseka kweziphumo.

## 2.2 IZIPHUMO EZIZIINTLOKO ZESIFUNDO

Izinto ezifunyanisiweyo eziphambili ngokubaluleka zolwaphulo-mthetho; inqanaba lokwaneliseka yimiba eyahlukeneyo yokwenziwa kweenkonzo; negalelo lee-CPF

Ngexa lophando lwee-PNP ngowe-2009/10,[2] uluntu lwaqaphela ukubetha ngenjongo yokonzakalisa, ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi, ukubulala nokukhuthuza okuqhelekileyo. Ukongezelelwa kwezenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo nobundlobongela basekhaya kungabonisa ukwanda kolwazi malunga nezi ndidi zimbini zolwaphulo-mthetho. Kufanele kuqatshelwe ukuba izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo nobundlobongela basekhaya ziyinxenye yeentlobo ezakhankanywa qho kuphando lwee-PNP lowe-2009/2010.

Oomasipala bezithili balandela inkqubo enye ngokuphathelele kwlintlobo zolwaphulo-mthetho ngaphandle kwakumasipala waseCape Winelands owaye kananjalo waqaphela ukubulala njengolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili. Iziyobisi nemigewu (*gangs*) aziqatshelwa njengezifuna ingqwalaselo ephambili, kodwa zaqatshelwe njengezifuna ingqwalaselo ephambilingexa leenkqubo zokufikelela eluntwini zeMEC kwane*Safety Barometer Study (2009/10*). IJenali yeSebe lezoKhuseleko loLuntu (1/2003) ibonisa ukuba kukho ubudlelane obusondeleyo phakathi kweziyobisi nemigewu.

### 2.2.2 IMIBA ENGOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Imiba yokunikezelwa kweenkonzo ibandakanya ukufaneleka kwezibonelelo zoncedo ekujonganeni nolwaphulo-mthetho, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, iinkonzo ekubonelelwa ngazo kwiZiko leeNkonzo zoLuntu (*Community Service Centre*) (CSC), iinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi, inkqubo yokukhuselwa kwamangqina, ukubonakala kwamapolisa nexesha elithathwayo ukuphendula ngokunjalo negalelo elinikwa zii-CPF ekusetyenzisweni kwezibonelelo zoncedo nezicwangciso zezikhululo zamapolisa.

Isininzi sabathathi-nxaxheba baseNtshona Koloni banoluvo lokuba izixhobo zokusebenza zamapolisa azifanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwiindawo zoluntu. Imbono exhaphakileyo yeyokuba uninzi lwezikhululo zamapolisa zijongene nokunqongophala kwabasebenzi neenqwelo zokuhamba nto leyo ekhokelela kwixesha lokuphendula elicothayo kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Ii-CSC kwezinye izikhululo zichazwa njengezincinane kakhulu kwaye azilivumeli ilungelo lokuthetha khululekileyo izinto ngokusemfihlakalweni kwamaxhoba engozi. Kwiindawo ezisemaphandleni umgama omde ophakathi koluntu nezikhululo zamapolisa waqatshelwa njengowona mngeni mkhulu.

Ngokunxulumene nokusetyenziswa kwezibonelelo zoncedo ngaphezulu kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba babonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenzisa oovimba abazizibonelelo kakuhle. Umngeni ophambili boovimba abazizibonelelo ezinqongopheleyo, ezingenako ukujonganan neemfuno zoluntu. Nakuba kunjalo, kufanele kuqatshelwe ukuba abathathi-nxaxheba bakuchazile ukusetyenziswa ngokungafanelekanga kwezibonelelo ezinqongopheleyo ngamagosa asebupoliseni bezilungiselela ukuba bazuze bona ubuqu.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni aqeshwe kuMaziko eeNkonzo zoLuntu onele ngaxeshanye achubekile kwaye eluncedo eluntwini. Umngeni omkhulu oqatshelwe kwiiCSC sisithintelo seelwimi apho amagosa asasazwe kwiiCSC angakwaziyo ukunxibelelana nabamangali ngolwimi lwabo abalukhethayo.

Ngaphezu kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba babonise ukoneliseka ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Ngokubanzi abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba ngezibonelelo zoncedo ezinqopheleyo abanazo abacuphi benza konke okungcono okusemandleni abo. Eminye yemingeni eqatshelweyo ngabathathi-nxaxheba kukunqongophala kwabacuphi abanezakhono okukhokelela kuphando olungekho semgangathweni; ukungabikho kwengxelo ekubonelelwa ngayo kubamangali kunye namaxesha amade okugqiba ukwenziwa kweenkqubo zophando.

Ngokunxulumene nenkqubo yokukhuselwa kwamangqina uninzi loluntu lubonise ukuba aluyazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Abathathi-nxaxheba abakhangeleki benolwazi ngale nkqubo okanye bacinga ukuba inkqubo le ayisebenzi kakuhle.

Ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo ezo abathathi-nxaxheba bacebise ukuba kufanele ukuqhutywa iipatroli zamapolisa emini nasebusuku. Nakuba kunjalo, kufanele kuqatshelwe ukuba uninzi lwabathathi-nxaxheba banoluvo lokuba iipatroli zangeenyawo neenkqubo 'zokumiswa usetshwe' zingasebenza kakhulu. Ukuphunyezwa komsebenzi wobupolisa wamacandelo (*sector policing*) kuqatshelwe njengeqhinga elinokuqinisekisa ukusebenza kakuhle ekwenzeni umsebenzi wobupolisa.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba bayavuma ukuba amapolisa afanele ukuphendula kwimeko yolwaphulo-mthetho phakathi kwemizuzu emi-5 ukuya kweli-10, njengoko oku kuya kwandisa amathuba okuqokelela ubungqina. Oku kunganeno kwixesha lokuphendula elimiselweyo ngokomgangatho weenkonzo zeSAPS ophakathi kwemizuzu eli-15 nemizuzu engama-20. Ngokuphathelele kwii-CPF ekufakeni igalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa zeSAPS nokwabiwa kwezibonelelo zoncedo, abathathi-nxaxheba abayazi nokuba ii-CPF ziyalifaka igalelo lazo kwisicwangciso sesikhululo okanye indlela eziye ziphembelele ngayo indlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo kwizikhululo zamapolisa zabo.

### 2.2.3 UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI GWENXA

Umxholo wokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa waye wongezwa kwikhweshine kuba bobabini oorhulumente okazwelonke nabamaphondo baqaphele ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa njengokubalulekileyo. Ngaphezulu, iNtshona Koloni ibandakanya phantse nama-50% amatyala achaziweyo kuzwelonke olwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi kunyaka-mali wowe-2009/2010. Okokugqibela, ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kuthathwa njengenye yezinto ezinegalelo elikhulu kulwaphulo-mthetho.

Uninzi loluntu luyavuma ukuba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa ngumngeni kwiindawo zabo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba abanelisekanga yindlela amapolisa ajongana ngyo nayo ingxaki yokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Kukho imbono yokuba abanini beeshibhini nabashishina ngeziyobisi bayawanyoba amagosa asebupoliseni.

## 2.3 ISIQUKUMBELO

Izinto ezifuna ingqwalaselo ephambili kumsebenzi weSAPS zingqinelana nee-PNP ezichongiweyo zoluntu. Iintlobo zomsebenzi weSAPS zibanzi kakhulu kwaye azichazi ukuba zeziphi iintlobo zolwaphulo-mthetho eziya kuqwalaselwa kakhulu. Ukujongana nezenzo zolwaphulo-mthetho ezithile kuthathwa njengoxanduva lwezikhululo zamapolisa ezikufutshane.

Inqanaba lokwaneliseka yinkonzo yamapolisa liyahluka phakathi kwezikhululo zamapolisa ngoko ke kufuneka ukuba kujongwane nako kwinqanaba lesikhululo esikufutshane. Iinkonzo ekubonelelwa ngazo kwiiCSC zithathwa ngokubanzi njengezanelisayo. Eyona nto ixhalabisayo kwiphondo kukungabikho kokuthenjwa kwenkqubo yokukhusela amangqina nobuchule beSAPS bokujongana nokuthengiswa ngokungekho semthethweni kweziyobisi kwanabarhweba ngotywala.

Inyaniso yokuba izinto ezifuna ingqwalaselo ephambilinenqanaba lokwaneliseka ziinkonzo liyahluka phakathi kwezikhululo kubeka uxanduva olungaphezulu kwii-CPF ukuba zenze umsebenzi wazo wokubeka esweni inkqubo yamapolisa luluntu (*civilian oversight*) kwinqanaba lesikhululo. Olu phando, nakuba kunjalo, lubonisa ukuba uninzi lwee-CPF

## 2.4 IINGCEBISO

I) Kukuba iziphumo zale ngxelo zibandakanywe kwizicwangciso zonyaka zeSAPS kwiPhondo nakwiSAPS yasekuhlaleni kunyaka-mali ka-2011/12.

II) Kukuba iiForam ezingeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu zincedwe ukuqulunqa izalathi ukubeka esweni inqanaba lesakhiwo samapolisa esikufutshane.

III) Kukuba iSAPS iqulunqe isicwangciso sokujongana nengxaki yezixhobo nezikhali kuba ezi zinto zisetyenzisiwe ekwenzeni izinto ezigwenxa ezifuna ingqwalaselo ephambili ezinjengokubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GHB*).

IV) Kukukhuthaza nokwazisa uluntu ngeeNkqubo zokuKhuselwa kwaMangqina ukukhuthaza abantu ukuba banike ubungqina ekutshutshisweni kwabaphuli-mthetho.

V) Uqeqesho nophuhliso lwezakhono zabacuphi makuqhubeke, ngakumbi ngokuphathelele ekuphandweni kwezenzo zolwaphulo-mthetho ezinjengobundlobongela basekhaya nezenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo (*sexual offences*)

VI) Kukwandisa izakhono zabacuphi ukulungiselela ukuphucuka kokuqokelelwa nokurekhodwa kwanokusetyenziswa kobungqina ukwakha amatyala aluqilima natshutshisekayo. Oku kuya kwandisa inani lamatyala aziswa phambi kwenkundla nomyinge wokubanjwa onxulumene nawo.

VII) Kukuba umsebenzi wamapolisa wamacandelo unikwe izibonelelo ngokufanelekileyo nokukhuthaza ukubonakala kwamapolisa.

VIII) Kukuba iiNkumanda zeZikhululo zifundiswe ngokunxulumene nemfuneko yokuba ii-CPF zibandakanyeke ukwenzela ukuba kufumaneke igalelo lazo kwisikhululo eso nakwizicwangciso zokusetyenziswa kwezibonelelo kwizikhululo zamapolisa ezichaphazelekayo.

IX) Iqhinga lokuncitshiswa kokuthengiswa kweziyobisi ezingekho semthethweni lifanele ukuqulunqwa liphunyezwe yi-SAPS ngoncedo lwabanye abalingane.

X) Indima yamaqumrhu ezolwaphulo-mthetho ahlanganeyo (*organized crime syndicates*) nemigewu engabaqhubi bolwaphulo-mthetho, ngokukodwa ulwaphulo-mthetho olubandakanya ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Ngokufanelekileyo kuyimfuneko kuzo zonke ii-arhente ukugxila kweyona ndlela ingcono yokwethisa amandla okanye ukunciphisa amandla olwaphulo-mthetho oluhlangeneyo nemigewu.

## 3.1 INTSHAYELELO NOMGAQO OQINGQIWEYO

ISebe leeNkonzo zamaPolisa laseMzantsi Afrika (*South African Police Service*) (*SAPS*) linesigunyaziso somgaqo-siseko esiphathelele kukhuseleko loluntu. Oku kubandakanya ukulwa, ukuthintela nokuphanda ulwaphulo-mthetho. Ngokubhekiselele kwesi sigunyaziso uluntu lunezinto oluzilindeleyo ezithile ezivela kwiSAPS nakwezinye ii-arhente zokunyanzeliswa komthetho. Ezi zinto zilindelekileyo zoluntu ngokubhekiselele kwimisebenzi yobupolisa zibizwa ngokuba ziiMfuno zoMsebenzi woBupolisa nokuBalulekileyo (*Policing Needs and Priorities*). Le ngxelo ibonisa iziphumo zamaqela eengxoxo ekugxilwe kuzo okwakuqhutywe nemibutho yeForam yeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu (*Community Police Forum*) (*CPF*) kummandla wolawulo lwezikhululo zamapolisa ezisebenza ngokupheleleyo ezili-149 kwiPhondo laseNtshona Koloni, ukwenzela ukuba kuqatshelwe iiMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili (*Policing Needs and Priorities*) (*PNPs*), le ngxelo iya kuchaza ngamafutshane ingcaciso enika imvelaphi kuvavanyo, ichaze ukuba inika ingcaciso iyokuphela ndawoni – ibandakanya inkqubo yomgaqo oqingqiweyo (*methodological approach*) – ize ibonelele ngeziphumo zayo. Okokugqibela, ngokulandela amanye amavandlakanya okuqukumbela, le ngxelo iya kubonelela ngeengcebiso ezithile.

ISebe lithi, phakathi kwezinye izinto, lijongane nokucazulula iimpawu eziphambili zolwaphulo-mthetho neemo ezichongweluluntu nokuphucula ubudlelane bamapolisa noluntu. Njengenxenye yale nkqubo UKHUSELEKO LOLUNTU liya kuqhuba uphando malunga neePNP zoluntu lweendawo ezahlukeneyo lize liqulunqe ingxelo edibeneyo.

Nje ukuba ingxelo edibeneyo igqitywe ize ivunywe nguMphathiswa wePhondo wezoKhuseleko loLuntu, iya kungeniswa kuMkomishinala wePhondo weSAPS ukwenzela ukuba ibandakanywe kwiSicwangciso seNtsebenzo soNyaka seSAPS (*SAPS Annual Performance Plan*) sonyaka-mali wowe-2011/12. Ukuphunyezwa kweziphumo zengxelo yeePNP kuya kubekwa esweni liSebe ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yeSAPS iphendula kwiimfuno zoluntu zomsebenzi wobupolisa. Ngokubanzi, iiPNP ziya kunceda iSAPS ekwenzeni ngendlela entsha umsebenzi wobupolisa eNtshona Koloni, nokuphucula umsebenzi wokubeka esweni inkqubo yamapolisa luluntu (*civilian oversight*) yeSebe kwanoluntu.

## 3.2 UMGAQO-SIKHOKELO WESIWISI-MTHETHO

ICandelo 206(1) loMgaqo-siseko weRiphablikhi yaseMzantsi Afrika, uMthetho 108 wowe-1996, sikhankanya ukuba uMphathiswa weKhabhinethi onoxanduva lomsebenzi wobupolisa ufanele ukugqiba malunga nomgaqo-nkqubo kazwelonke emva kokuthetha-thethana noorhulumente bamaphondo, eqwalasela iimfuno zomsebenzi wobupolisa nokubalulekileyo njengoko ziqatshelweyo zizigqeba zolawulo zamaphondo. Le ngxelo iya kwazisa isigqeba solawulo sephondo ngeemfuno nezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili eNtshona Koloni.

Ngaphezulu, uMgaqo-nkqubo osaXoxwayo wokuTshintsha kwezokuNikezelwa kweeNkonzo (uMgaqo-nkqubo osaXoxwayo omalunga naBantu Phambili[3]) (*White Paper on Transforming Service Delivery: Department of Public Service and Administration* (*Batho Pele White Paper,*) ubonisa ukuba abemi kufanele ukuthetha-thethwana nabo ngenqanaba nomgangatho weenkonzo zikarhulumente abazifumanayo, kwaye naphi apho kunokwenzeka khona bafanele ukuvunyelwa bakhethe kwiinkonzo ababonelelwa ngazo. Ngelokungqinelana nomgaqo we*Batho Pele*, uluntu kwathetha-thethwana nalo ukugqiba ngee-PNP zalo.

Njalo, kulindeleke ukuba le ngxelo ngee-PNP iya kunceda iSAPS iphendule ngaphezulu kwiimfuno zomsebenzi wobupolisa zoluntu.

Ngokufanayo, iCandelo 10.1.4 se*Community Police Forum Uniform Constitution: Western Cape*, ichaza ukuba intlanganiso kawonkewonke yonyaka "... le foram iya kwamkela, ixoxe ize yamkele iSicwangciso soKhuselelo loLuntu (*Community Safety Plan*). ISicwangciso soKhuseleko loLuntu siya kuphenjelelwa zii-PNP njengoko zisaziwa ngabantu. Ukuza kuthi ga ngoku, le ngxelo inikwa ngendlela apha ebonisa ii-PNP kwisikhululo samapolisa ngasinye, nekufanele ukuba iququzelele ukubandakanywa kweziphumo zayo kwiziCwangciso zoKhuselelo loLuntu.

Ukongeza, iOfisi kaSosiba woKhuselo noKhuseleko weSebe lezoKhuseleko loLuntu – ejongene nokuBekwa eSweni koMsebenzi woBupolisa luLuntu: uMgaqo-sikhokelo ongokuPhendula ngoKwenzayo (*Department of Community Safety's Secretariat for Safety and Security – Civilian Oversight: Accountability Framework* ) waqaphela ii-PNP njengenye inkalo emakuphandwe ngayo ukomeleza indima yokubeka esweni umsebenzi wamapolisa luluntu. Ii-PNP ezichongiweyo ziya kusetyenziswa njengesixhobo sokulinganisa ubuchule nokusebenza ngempumelelo komsebenzi wobupolisa eNtshona Koloni[4].

Okokugqibela, ukuqatshelwa kwee-PNP kugunyaziswa liCandelo 18.1(c) loMthetho weNkonzo yamaPolisa waseMzantsi Afrika, No. 68 wowe-1995, elichaza ukuba enye yeenjongo zeForam engeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu (*Community Police Forum*) (*CPF*) kukukhuthaza "intsebenziswano phakathi kwenkonzo noluntu ekuzalisekiseni iimfuno zoluntu eziphathelele kumsebenzi wobupolisa". Ngokwenjenjalo, amapolisa afanele ukuqinisekisa ukuba iinkonzo ezinikezelwayo zisekuhleni kwaye ziyangqinelana nee-PNP ezichongiweyo.

## 3.3 IINJONGO ZENGXELO ZEE-PNP

Ezona njongo zibalulekileyo zale ngxelo zezi:

i) kukwazisa uMphathiswa wePhondo wezoKhuseleko loLuntu ngokuphathelele kwii-PNP kwiPhondo laseNtshona Koloni;
ii) kukukhokela ukuqulunqwa komgaqo-nkqubo womsebenzi wobupolisa kwinqanaba likazwelonke nelephondo, kunye
iii) nokuncedisa ii-CPF ekwenzeni umsebenzi wokubeka esweni umsebenzi wobupolisa luluntu ngokuqaphela ii-PNP kwiindawo zabo.

Iimfuno zomsebenzi wobupolisa zizo, nakuba kunjalo, ezisekelwe kwimeko yentlalo nezopolitiko zoluntu. Ukugxila okuphambili kwale ngxelo kuya kuba kulwaphulo-mthetho, imiba yokunikezelwa kweenkonzo kwanegalelo lee-CPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa. Amapolisa anoxanduva lokubonelela ngeenkonzo kumaqela entlalo noqoqosho ahlukeneyo oluntu.

Amaqela oluntu angahlwempuzekanga anokubonelela ngezokhuseleko lwabucala lo gama uluntu oluhlwempuzekileyo luphantsi kweemfefe zabaphuli-mthetho. Ezinye iindawo zixinene kakhulu kwaye zinezibonelelo zoncedo neziseko zophuhliso ezincinane lo gama ezinye iindawo zigqagqene ngabantu.

Ngokubanzi, isiphumo ekujoliswe kuso sokuqatshelwa kweePNP kukukhuthaza ukuphendula ngokwenzayo okulandela inkqubo yedemokrasi, ukwenziwa kweenkonzo nokubekwa esweni kwenkqubo yamapolisa luluntu kwiphondo.

4 Modernising the Secretariat for Safety and Security, Department of Community Safety, 2010

## 3.4 INKQUBO EQINGQIWEYO ESETYENZISWAYO

Ubume beeMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili bufuna ukuba kusetyenziswe inkqubo exutyiweyo yokusebenza, apho uphando olugxile kwisicwangciso sophando olunzulu (*quantitative and qualitative research*) esibonelela ngengqiqo ebingenakufumaneka ukuba bekusetyenziswe esinye kuphela kwezi zicwangciso. Ukusampula okwakujolise kokuthile kwasetyenziswa kuphando olwalujoliswe kumalungu eCPF ngesikhululo samapolisa ngasinye kwezili-149 ezisebenza ngokupheleleyo kwiPhondo.

I-CPF yasetyenziswa njengeyunithi yokwenza ucazululo kolu phando ngezizathu ezithathu. Okokuqala, bamele imibutho yoluntu eyahlukeneyo ejongene nomsebenzi ongaphaya kowobupolisa. Okwesibini, umhlaba weprojekthi nexesha eliqingqiweyo lalinyanzelisa ukuba i-CPF isetyenziswe njengeqela elilawulekayo labathathi-nxaxheba ukufumana iidatha ngeemfuno zomsebenzi wobupolisa kwanokubalulekileyo koluntu olwahlukeneyo. Okwesithathu, ii-CPF zithathwa njengamalungu onyuliweyo oluntu okuqhagamshelana neSAPS kwiimfuno zomsebenzi wobupolisa nokubalulekileyo koluntu[5].

Ikhweshine ekubhalwe kuyo ingcaciso ozizalisela ngokwakho[6] (*self-completion questionnaire*) yasetyenziswa ukuqokelela iidatha. Zizonke ziikhweshine ezili-1340 ezazaliswayo. Amalungu e-CPF ahlanganiswa atyelelwa kwindawo ahlala kuzo eluntwini, ubukhulu becala ngokuhlwa. Injongo yolu phando babeyicaciselwa ngamagosa. Lo msebenzi wenziwa ngokwemo yamaqela eengxoxo ekugxilwe kuwo (*focus group discussions*).

Idatha yekhweshine yafakwa ekhompyutheni yaze yacuzululwa kusetyenziswa i-*analytical software package*) o.k.t. i-*Statistical Package for Social Sciences version 18 (SPSS)*. Ukucazululwa kweenkcukacha-manani okunika inkcazo (ukuphindaphinda) (*frequencies*), ukubhalwa kwengcaciso kwiithebhile ngokudibeneyo (*cross tabulation*) yenziwa kusetyenziswa i*SPPS statistical base software*. Imibuzo ephangaleleleyo (*open ended questions*) yacazululwa kusetyenziswa i*SPPS text analytics*). Inkqubo yokucazulula yenza uthelekiso phakathi kokuphindaphindwa kweempendulo neengcaciso ezahlukeneyo (*variables*). Ukuphindaphindwa kweengcaciso ezahlukeneyo ezisetyenzisiweyo kwenziwa kwinqanaba lephondo, umasipala wesithili namanqanaba eeklasta zamapolisa ukuqaphela iimpawu neemo zokuphendula kwizenzo zolwaphulo-mthetho. Ezi ziphumo zazithelekiswa neenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho zaseburhulumenteni zeSAPS zephondo kwithuba lowe-2009/2010. Iziphumo zabhalwa ngokohlobo lweegrafu neethebhile.

Kuba iprojekthi yee-PNP isenziwa ityeli lesibini kwiphondo, kwenziwa amalinge okucazulula ngokuthelekisayo iingcaciso ezahlukeneyo ezithile. Ngaphezulu, iziphumo zophando zadityaniswa zabhalwa kusetyenziswa iindlela yokubhalwa kwengcaciso ngokudibeneyo (*triangulation*) kunye neencwadi ezifumenakayo ngemisebenzi yophando enjenge*Victim Survey (2007),* ne*SAPS Western Cape Performance Plan (2010/2011)* kwaye okubalulekileyo ngaphezulu kukuba, iingxelo ezingamaphulo eMEC okufikelela eluntwini (iimbizo) zasetyenziswa.

5 Icandelo 18 soMthetho-sihlomelo weeNkonzo zamaPolisa waaseMzantsi Afrika, iSAPS, 1995

6 Funda iikhweshine zeePNP eziqhotyoshelweyo njengeSihlomelo A

## 4.1 UKUBHALWA KWEEDATHA

Iidatha zibhalwe ngendlela esebenzisa iintlobo ngeentlobo zengcaciso eyahlukeneyo (*different variables*) ezibandakanywe kwikhweshine. Ezi ngcaciso zahlukeneyo zibandakanya izenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili, imiba yokwenziwa kweenkonzo, igalelo leeCPF kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa, ekusetyenzisweni kweziyobisi gwenxa namanye amavandlakanya enziweyo ngokuphathelele kumsebenzi wobupolisa. Ezi datha zabhalwa ngoncedo lweegrafu neethebhile ukwenzela ukuba umfundi aqonde iimpawu ngokubanzi zeePNP ngaphakathi kwiPhondo, koomasipala besithili abachaphazelekayo, kwiiklasta zamapolisa nakwizikhululo zamapolisa. Icandelo eliza kulandela libonelela ngesishwankathelo sephondo ngokubanzi, sibandakanya isishwankathelo sephondo ngokubanzi, kubandakanya isishwankathelo soomasipala bezithili, iiklasta zamapolisa, izikhululo zamapolisa, iziphumo eziphambili neengcebiso.

## 4.2 ISISHWANKATHELO SEPHONDO LENTSHONA KOLONI

Ngokwesaveyi eyenziwe eluntwini yeStatsSA 2007, iPhondo leNtshona Koloni linenani labantu abaqikelelwa kuma-5.30 ezigidi[7] kubo abangama-64% bahlala kwindawo kamasipala ombaxa (weSixeko saseKapa) nakoomasipala bezithili abahlanu (eCape Winelands, eCentral Karoo, eEden, eOverberg naseWest Coast). Umasipala omnye ombaxa noomasipala bezithili abahlanu babandakanya oomasipala abakufutshane abangama-24 (funda kwiSihlomelo B). NgokweStatsSA, kuBalo-bantu lowe-2001, iNtshona Koloni lelona phondo likwindawo yesibini “ngabantu abazizityebi” apho kukho khona abantu abaqikelelwa kwisigidi esingu-1.8 abathathwa “njengabasengozini”.

IPhondo leNtshona Koloni linezakhiwo zamapolisa ezili-149 (funda iSihlomelo B, ezinokucalulwa njengesinokuba zezasedolophini[8] (59) okanye ezasemaphandleni[9] (90). Izikhululo zamapolisa zidityanisiwe ngaphezulu zaziiklasta zamapolisa ezingama-25, ezithathwa njengokwandiswa kweOfisi yePhondo[10] .

## 4.3 ISISHWANKATHELO SOLWAPHULO-MTHETHO KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI

Ngaphezulu, ulwaphulo-mthetho olwenziwa kumaxhoba ngabalaziyo ixhoba (*contact crime*) lwehle nge-6% kwiPhondo ngezantsi nje kwethagethi kazwelonke yokuhlisa ulwaphulo-mthetho olwenziwa kumaxhoba ngabalaziyo ixhoba ngesi-7-10%, ukubulala (ngesi-3.1%), ukuzama ukubulala (ngesi-3.3%) kwaza ukukhuthuza okumasikizi (*robbery with aggravating circumstances* (kwangu-1.3%. Izenzo eziphakame kakhulu zazo zonke izenzo ezachazwayo zokuxhaphaza ngokwezesondo (li-180.7%) ezarekhodwa eNtshona Koloni[11]. IPhondo leNtshona ~~Koloni lirekhode ezona zenzo ziphakame kakhulu zokubetha okuqhelekileyo ukulandela emva~~ kwephondo leFreyistata apha eZweni.

IPhondo leNtshona Koloni liqhubeka ngokuba liphondo elichatshazelwa kakhulu ziziyobisi. Iinkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho zephondo zibonisa ukuba iNtshona Koloni yarekhoda izenzo zolwaphulo-mthetho ezingama-60,409 ezinxulumene neziyobisi phakathi koApreli 2009 noMatshi 2010. Iphondo lifumene ukwanda nge-14% kwizenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi xa kuthelekiswa nethuba elidlulileyo langoApreli 2008-Matshi 2009. La manani awaphinda kathathu amanani arekhodwe ngethuba likaApreli 2003-Matshi 2004. Xa kuthelekiswa amanani angoku aseNtshona Koloni nakazwelonke, siyabona ukuba phantse isiqingatha solwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi sarekhodwa kweli phondo.

7 StatsSA 2007 Community Survey, www.statssa.gov.za

8 Police precincts falling within the Cape metropolitan municipal boundaries are regarded as urban police precincts 9

Ubuhlwempu, intswela-ngqesho, ukwanda kweeshibhini, ukuyeka esithubeni kwabantwana bengagqibanga kwizikolo eziphakamileyo, inani eliphezulu lokugxalathelana ukungena abantu kweli phondo, ukunqongophala komanyano kwezentlalo, iimeko zokusingqongileyo neendawo ekuhlala kuzo abantu ezixinene kakhulu zonke zifaka igalelo kulwaphulo-mthetho kweli phondo. Ezi meko ubukhulu becala zifumaneka kwiindawo zoluntu oluhlwempuzekileyo xa zidibene zenza ukuba abahlali babe sesichengeni solwaphulo-mthetho[12].

Uphando[13] olwenziwa liSebe lezoKhuseleko kubundlobongela bokubukulwa kwabemi bamanye amazwe (*xenophobic violence*) ngethuba leNdebe yeSoka yeHlabathi yowe-2010, lwaqaphela ubundlobongela obunxulumene nolwaphulo-mthetho kwiindawo ezili-12 ubuncinane. Ezi ndawo yiCeres, De Doorns, Genadendal, Houtbay, Milnerton/Du Noon, Khayelitsha, Knysna, Kraaifontein, Nyanga (Samora Machel, Brown's Farm), Ocean View (Masiphumelele), Mbekweni naseWellington[14]. Ngaphezulu, ukugxalathelana kwabemi bamazwe angaphandle kungunobangela wokungazinzi kwiilokishi ezikweli phondo. Iimbono ezikubemi baseMzantsi Afrika abakwiindawo ezihlwempuzekileyo zezokuba bakhuphisana ngezibonelelo zoncedo ezinqongopheleyo nabemi bamazwe angaphandle.

## 4.3.1 OKUBALULEKILEYO KWIMISEBENZI YE-SAPS YEPHONDO

Okubalulekileyo kakhulu kwiiNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika eNtshona Koloni zowe-2010/2001 kubandakanya phakathi kwezinye izinto, ukuthintelwa kolwaphulo-mthetho lwazo zonke iintlobo, iimbono ngokulawulwa kolwaphulo-mthetho, ukulwa urhwaphilizo, ukuphanda ulwaphulo-mthetho, ukuphunyezwa komsebenzi wamapolisa wokusebenza ngokwamacandelo amancinane, ulwaphulo-mthetho olucwangcisiweyo nokuvumela umsebenzi nokuphucula umsebenzi wophando weenkonzo zokucupha.

Okubalulekileyo kumsebenzi wephondo leNtshona Koloni akuzange kucacise ukuba zeziphi iintlobo zolwaphulo-mthetho ezenziwa kumaxhoba aziwayo ngabenzi eziya kuqwalaselwa kakhulu. Kufanele kuqatshelwe ukuba izinto ezifuna ingqwalaselo ephambili ziphangalele, oko kwenze ukuthelekisa kube nzima.

## 4.3.2 IIMFUNO EZICHONGIWEYO ZOMSEBENZI WOBUPOLISA NEZINTO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

### 4.3.2.1 IINTLOBO EZICHONGIWEYO ZOLWAPHULO-MTHETHO OLUPHEZULU OLUFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI KWIPHONDO

Igrafu 1 ibonisa ukuphindaphindwa kolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili olwaqatshelwa luluntu phantsi kolwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala ngokubaluleka. Ngokwee-PNP ezichongiweyo zoluntu eli phondo lijonge kakhulu nolwaphulo-mthetho olwenziwa ngabaphuli-mthetho abawaziyo amaxhoba. Ulwaphulo-mthetho olwenziwa ngabaphuli-mthetho abawaziyo amaxhoba lusisoyikiso esiyingozi kakhulu eMzantsi Afrika ngaphezu kolwaphulo-mthetho ngokubanzi. Olu hlobo lolwaphulo-mthetho luya kusoloko lunesiphumo esibi kakhulu kunezinye iintlobo zolwaphulo-mthetho[15].


12 Department of Community Safety, Provincial Crime Overview, 2010/11, unpublished

13 Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence" in the Western Cape, 8 July 2010

14 Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence" in the Western Cape, 8 July 2010

15 South African Police Service Annual performance report, SAPS, 2009/10

**IGRAFU 1: IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI (II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)**




Izenzo zolwaphulo-mthetho ezintlanu eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambilikwiphondo njengoko kuqatshelweyo luluntu lwaseNtshona Koloni zibandakanya **ukubethwa ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, ukubetha okuqhelekileyo, ukukhuthuza okuqhelekileyo, nobundlobongela basekhaya**.

Ngokuthelekisa kunyaka-mali odlulileyo wowe-2009/10 ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GHB*) nokukhuthuza okuqhelekileyo nobundlobongela basekhaya buthathe indawo yezenzo zokuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, izenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene neziyobisi nokubulala zaqatshelwa njengolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili kunyaka-mali odlulileyo (2009/10).

## I) UKUBETHA NGENJONGO YOKONZAKALISA (*ASSAULT GHB*)

NgokweePNP ezichongiweyo zoluntu eli phondo lijongene kakhulu nolwaphulo-mthetho olwenziwa ngumenzi olaziyo ixhoba[16], ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*) ngamadoda nabalingane bamaxhoba, utywala nokusetyenziswa kotywala gwenxa kwanobundlobongela basekhaya. Uninzi lwabenzi besenzo sokubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*) ngamadoda nabalingane bamaxhoba, kukho utywala nokusetyenziswa kotywala gwenxa okufaka igalelo kwezi zenzo zolwaphulo-mthetho. NgokweNgxelo yoNyaka yeSAPS yowe-2009/10, uninzi lwezenzo zokubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*) lubandakanya amaxhoba nabalingane abazanayo (nokuba ngamalungu osapho, abahlobo, abantu obaqhelileyo okanye amahlakani).

Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa kuvamise ukuqhubeka emakhaya, kwiiklabhu, kwiithaveni, kwiindawo zengqesho nakwezinye iindawo zeendibano zentlalo. Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa kuvamise ukubangela ukonzakala ngokwasemzimbeni, engqondweni nasekonzakaleni ngokwasemzimbeni kumaxhoba, kushiya amanxeba angapheliyo engqondweni yoluntu lwaseMzantsi Afrika nakwintlalo-ntle yezoqoqosho lwelizwe. Oku kufuna ukuba uluntu lutshintshe indlela oluphila ngayo.

Uphando lwakutshanje ngobundlobongela[17], luveze ukuba uninzi lwezenzo zokubetha nokubulala zenziwa kusetyenziswa iimela nezikhali. Urhulumente kufuneka aze nesicwangciso sokujongana nezixhobo kwanezikhali ezisetyenziswayo kwizenzo zobundlobongela ezinjalo.

## II) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO ZOKUXHAPHAZA NGOKWEZESONDO

Ngokwee-PNP ezichongweluluntu, izenzo zolwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo zibangela kwakhona inkxalabo. Iinkcukacha-manani zezenzo zolwaphulo-mthetho zokuxhaphaza ngokwezesondo zivamise ukudala impikiswano ngenxa yemeko yezo zenzo zolwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo. Abantu baba mathidala ukuchaza ezi zenzo zolwaphulo-mthetho, ezikhokelela kwiimeko zokungachazwa kakhulu kwala matyala olwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo. Utywala nokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kunxulunyaniswa nezenzo zolwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo. Abantu abaphantsi kwempembelelo yotywala neziyobisi bathathwa njengabantu abathandana nabantu abaninzi nabasengozini yempatho-mbi ngokwezesondo. Abenzi bezenzo zolwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo bavamise ubukhulu becala ukuba ngumlingane, umntu othandana naye okanye lowo utshate nexhoba, okanye, kwezinye iimeko, abo uzalana nabo kakhulu. Abantu abachatshazelwa zizenzo zolwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo bavamise ukuba ngamabhinqa nabantwana. Kubalulekile ukufundisa uluntu ngokusetyenziswa ngobunono kotywala nokuqinisa idabi lokulwa ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Kukho imfuneko yokudala imeko apho amaxhoba olwaphulo-mthetho lokuxhaphaza ngokwezesondo aziva ekhuselekile khona.

## III) UKUBETHA OKUQHELEKILEYO

Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho zeSAPS kwiphondo ukubetha okuqhelekileyo kwande ngesi-8.6%. Ukubetha okuqhelekileyo sisenzo sezentlalo esenzeka phakathi kwabantu abazanayo bekwindawo yabucala emakhayeni abo. Olu hlobo lolwaphulo-mthetho alunakuqwalaselwa ngumsebenzi wobupolisa osesikweni olubeka uxanduva ebantwini ukuba batshintshe iindlela zokuphila zabo ukuthintela ukuba ngamaxhoba olwaphulo-mthetho[19].

## IV) UKUKHUTHUZA OKUQHELEKILEYO

Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho ezichaziweyo zowe-2009/10, ukukhuthuza okuqhelekileyo kwandile kwiphondo nge-12.3%. NgokweePNP ezichongiweyo zoluntu, ukukhuthuza okuqhelekileyo kwakhona kusele kungowona mngeni kweli phondo. Ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa, ngokukodwa ukusetyenziswa kotywala gwenxa, kuye kwaqatshelwa qho njengokuphambili okubangela ulwaphulo-mthetho, ngokukodwa ulwaphulo-mthetho lobundlobongela kwiphondo. Iinkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho ngowe-2009/2010 zangqina ukuba phantse sisiqingatha (45%) sezenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi elizweni ezarekhodwa eNtshona Koloni. Ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi lwande nge-14.5% xa kuthelekiswa namanani wowe-2008/2009. Ngokukhamnqisayo, la manani wowe-2009/2010 aphawula i-200% ukusuka kumanani wowe-2003/2004 olwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi. Ngaphezulu, eli phondo liqapheleka ngokukhawuleza kokurhatyela emaxesheni ebusika, oko kwenza ukuba abakhweli babe sengozini yokukhuthuzwa okuqhelekileyo ukuya nokubuya emsebenzini.

## V) UBUNDLOBONGELA BASEKHAYA

Uluntu luqaphele ubundlobongela basekhaya njengomba oxhalabisayo kwiphondo. Okuvamileyo kukuba, abantu abahlalisanayo ngokwezobudlelane basekhaya banyamezela impatho-mbi engapheliyo kwinqanaba elithile okanye kwelinye inqanaba. Kufanele kuqatshelwe ukuba iSAPS ayibudwelisi ubundlobongela basekhaya njengenye yeendidi zolwaphulo-mthetho. Izehlo zobundlobongela basekhaya zirekhodwa kwirejista yobundlobongela basekhaya ezimeleyo. Ukuchazwa kobundlobongela basekhaya kweli

phondo kwandile. [20]

Amapolisa akanahlobo lolwaphulo-mthetho lobundlobongela basekhaya luzimeleyo kwaye kubalulekile ukwenza olu hlobo ukuphucula ukunika ingxelo ngobundlobongela basekhaya eluntwini. Ukusombulula ingxaki yobundlobongela basekhaya, iinkqubo zongenelelo loncedo mazenziwe kakhulu.

18 SA Crime Quarterly, no 22, Institute for Security Studies, December 2007

19 South African Police Service Annual Plan, 2010/11

20 In Loco inspection report, Department of Community Safety, unpublished.

### [redacted]
### EZICHONGIWEYO YI-*BUSINESS FRATERNITY* (BACWC)


Ngokwe-BACWC izenzo zolwaphulo-mthetho ezintlanu ezifuna ingqwalaselo ephambili **kukukhuthuza kuxhotyiwe (ukukhuthuza kwiindawo ekungahlali bantu kuzo), ukuqhekeza kwiindawo zamashishini, urhwaphilizo (ulwaphulo-mthetho kumashishini), ukuxhomisa (ukuxhomisa iitrakhi) nokubiwa kweemoto.** Akukho mfano zikhoyo phakathi kwezenzo zolwaphulo-mthetho oluphezulu ezichongiweyo ezifuna ingqwalaselo ephambili ezichongiweyo ngoosomashishini neziseko zemibutho yoluntu (*community-based structures*) (*CPFs*). Oosomashishini baxhalabe kakhulu ngezenzo zolwaphulo-mthetho nezokukhuthuza ezimasikizi (*aggravated robbies*).

Ngowe-2007/8 ukukhuthuza kwiindawo ekungahlali bantu kuzo (ukukhuthuza kuxhotyiwe) kunyuke nge-166% ukusuka kumatyala angama-635 ukuya kumatyala ali-1,058 achazwe ngowe-2008/09. Ngowe-2009/10 amatyala achaziweyo okukhuthuza kwiindawo ekungahlali bantu kuzo azinza ngamatyala ali-1,058 achaziweyo ngo-2009/10 afanayo nenani elifanayo lamatyala achazwe kunyaka odlulileyo (2008/9). Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho ezichaziweyo zowe-2009/10 ulwaphulo-mthetho kumashishini lunyuke ngo-2.9% xa kuthelekiswa nowe-2008/9. Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho ezichaziweyo ngowe-2009/10 ukubiwa kweemoto nokuxhonyiswa kweetrakha kunciphe kwiphondo ngesi-7.2% nama-52% ngokulandelelanayo. Nangona ezi zenzo zolwaphulo-mthetho zanciphayo imbono yeBACWC isekukuba ezi ndidi zolwaphulo-mthetho kufuneka ziqwalaselwe kakhulu.

### 4.3.2.2 IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIKHANKANYWA QHO

Ngokwee-PNP ezichongiweyo zoluntu, lintlobo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili ezintlanu ezikhankanywa qho **yayikukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, ubundlobongela basekhaya, ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo**[21] **nokubetha okuqhelekileyo.** Phantse zonke izenzo zolwaphulo-mthetho ezichongiweyo ezifuna ingqwalaselo ephambilizikhankanywe qho kunyaka-mali wowe-2009/10 luluntu ngaphandle **kokubetha okuqhelekileyo** okuthatha indawo yezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene neziyobisi. Ukusetyenziswa kweziyobisi kuya kuxoxwa ngako kwicandelo elilodwa.

**IGRAFU 2: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO OLUFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIKHANKANYWA QHO KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI (II-PNP EZICHONGIWEYO ZOLUNTU)**



## I) UKUQHEKEZA KWIINDAWO EKUHLALA KUZO ABANTU

Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu kuqatshelwe njengezinye zezenzo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywa qho kwiphondo. Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho zowe-2009/10 zephondo, ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu kunyuke ngo-0.9%. Nangona ukwanda kumatyala okuqhekeza kukuncinane iziphumo ngokwasengqondweni kumaxhoba zibi kakhulu. Kunyaka-mali odlulileyo wowe-2009/10 uluntu lwaqaphela intswela-ngqesho nokuhlwempuzeka, ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa nokuncipha kokubonakala kwamapolisa njengezinto ezinegalelo kakhulu kulwaphulo-mthetho kweli phondo. Iingcamango zobungcali ezahlukeneyo zikhona ngokuphathelele kwimpembelelo yemeko yezentlalo noqoqosho kulwaphulo-mthetho. Abanye banoluvo lokuba akukho kunxulumana phakathi kwentswela-ngqesho nolwaphulo-mthetho njengoko uninzi lwabantu abangaqeshwanga behlala kubuhlwempu kwaye bengenzi lwaphulo-mthetho. Kuboniswa ukuba oonobangela bolwaphulo-mthetho bafumaneka engqondweni yomntu[22]. Ukongeza kwingqondo eneengcinga zolwaphulo-mthetho ezi zizathu zidala ithuba lokwenza ulwaphulo-mthetho.

## II) UBUGEWU

"Uninzi lwemigewu kwiilokishi zaseCape Flats lubandakanyeka ekuthengisweni kweziyobisi ngandlela ithile. Intengiso yeziyobisi eyenziwa yimigewu iyahluka ukusuka kwiintengiso zasesitratweni ukuya kwintengiso eyenziwa ngamashishini eziyobisi amakhulu." (icatshulwe kwi*Monitor* iphepha 29). Imbono ngokubanzi ekhoyo yeyokuba iMigewu neZiyobisi zinxulumene kakhulu. Isininzi sabathathi-nxaxheba baqaphele iziyobisi njengengxaki, kodwa, ngokubanzi, abathathi-nxaxheba abazange baqaphele imigewu njengengxaki yolwaphulo-mthetho. Ngethuba leenkqubo zokufikelela kuluntu zika-MEC weSebe lezoKhuseleko loLuntu umxholo ongobugewu uqapheleka ngokucacileyo kwimibuzo eyayibuzwa ngabantu. Ubugewu buvamise ukuqwalaselwa xa umntu othile efumana ukubulawa kwindawo ethile. Ubundlobongela bemigewu bunxulumene neemalike zeziyobisi. Xa kungekho senzo sobundlobongela senziweyo, iintshukumo zemigewu ezinjengokushishina ngeziyobisi ziqhubeka phantse ngokungaqatshelwanga. Ukungabikho kobundlobongela obunxulumene nemigewu akuthethi ukuba akukho ntshukumo zemigewu zikhoyo kwezi ndawo zoluntu. Ukusetyenziswa kweziyobisi ezingekho semthethweni eluntwini kungabonisa ubukho bentshukumo yemigewu.


Ngethuba leePNP (2009/10) ubugewu kwakhona zange buqatshelwe njengolwaphulo-mthetho, kodwa bathathwa njengabanye oonobangela bolwaphulo-mthetho. Ukungakwazi koluntu ukuqaphela "ubugewu" (*"gangsterism"*) njengesenzo solwaphulo-mthetho kungabonisa ngokucace gca ukuswela ukuqonda okanye ukungabi nalwazi "ngoMthetho wokuThintela uLwaphulo-mthetho oluCwangcisiweyo" (*"Prevention of Organise Crime Act*) oluthatha njengabaphula umthetho abantu abaququzelela bakhuthaze intshukumo yemigewu. Lo mthetho ngokubanzi uthathwa njengosetyenziselwa ukuthintela intshukumo yemigewu.

22 Economic adversity on crime trends and issues in crime and criminal justice no 40, Australian Institute of Criminology, D Weatherburn.

### 4.3.2.3 IMIBA ENGOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Uqhagamshelwano loluntu neSAPS lwenzeka ubukhulu becala ngeCSC, xa uluntu lufuna iinkonzo zeSAPS naxa lufuna ukukhuseleka. Kwabo bantu baye baluchaze ulwaphulo-mthetho okanye bangamangqina kwityala lolwaphulo-mthetho, inkqubo yokukhuselwa kwamangqina ibalulekile. Inqanaba lokwaneliseka koluntu zezi nkonzo libalulekile ekwenziweni komsebenzi wamapolisa kakuhle. Ezi nkonzo, nakuba kunjalo, ziphenjelelwa kukwabiwa nakukusetyenziswa kwezibonelelo yiSAPS. Le grafu ingezantsi icacisa amanqanaba azo zonke ezi ndidi zinxulumene nokwenziwa kweenkonzo zikhankanywe apha ngasentla.

IGRAFU 3: IMIBA YEZOKWENZIWA KWEENKONZO KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI




### I) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZOLUNTU

Amashumi asixhenxe eepesenti (70%) abathathi-nxaxheba anoluvo lokuba amapolisa akaxhotyiswa ngokwaneleyo ukulawula ulwaphulo-mthetho kwiindawo zoluntu zabo abangama-30% baqaphela ukuba izibonelelo azikufanelanga ukujongana nezenzo zolwaphulo-mthetho kwiindawo zoluntu zabo. Eyona mingeni iqatshelweyo yezibonelelo ibandakanya ukunqongophala kweemoto zamapolisa namagosa asebupoliseni, ukunqongophala kokubonakala kwamapolisa, ubungakanani besikhululo samapolisa namacandelo amancinane azo kwanamaxesha athathwayo okuphendula acothayo ukujongana nezikhalazo. Amashumi amathathu eepesenti (30%) abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba amapolisa enza ngcono kangangoko anako xa kuqatshelwa oovimba abazizibonelelo zawo ezinqongophelayo. Uluntu lucebisa ukuba makubonelelwe ngamagosa asebupoliseni nezithuthi ezingaphezulu zifanele ukuba kubonelelwe ngazo kwizikhululo zamapolisa zabo ukuphucula ukwenziwa kwenkonzo.

## II) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amashumi amahlanu eepesenti (55%) abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni asebenzisa oovimba abazizibonelelo zawo kakuhle, kanti ama-45% anoluvo lokuba amapolisa akenjenjalo. Uninzi lwabantu banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni asebenzisa kakubi iimoto zamapolisa ukwenzela eyawo inzuzo kwaye ngenxa yoku ubukhulu bexesha iimoto azisebenzi. Xa uluntu lubiza uncedo luxelelwa ukuba iimoto azifumaneki.

Xa kubuzwa, "Yintoni enokwenziwa ukuphucula ukwabiwa koovimba abazizibonelelo nokusetyenziswa kwazo kwiindawo ezichaphazelekayo", ama-68% oluntu abonise ukuba kufanele ukuba kuqeshwe amapolisa akhuthele ngaphezulu, ama-57% anoluvo lokuba inani lezithuthi zamapolisa lifanele ukongezwa, baza abangama-50% babe noluvo lokuba inani lezithuthi zamapolisa lifanele ukuthunyelwa kwiCSC. Ezinye iingcebiso ezinikiweyo yayikukuqalisa ngeepatroli zeeyunithi ezinja; ukukhuthaza ukuphuhliswa kwezakhono zokusetyenziswa kweelwimi zoluntu ezibonisa ngcono uluntu olo amagosa asebenza kulo, nokuqeqesha amagosa ekusebenzisaneni ngentlonipho noluntu ngolwimi lwabo lweenkobe.

Ngokunxulumene nemiba yokwenziwa kweenkonzo, i-BACWC yabonisa ukuba izibonelelo ekubonelelwe ngazo kwiSAPS azifanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho oluchaphazela amashishini. Izibonelelo zabasebenzi zizonke azanelanga ukuqhuba inkonzo yomsebenzi ochanekileyo wamapolisa wamacandelo. Oovimba abazizibonelelo zichazwa njengezingafikeleliyo koosomashishini kwizikhululo zamapolisa ngaphandle kuphela kweeForam zokuLwa uLwaphulo-mthetho (*Crime Forums*) okanye iiForam ezingeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu (*Community Police Forums*). Ngokubhekiselele ekusetyenzisweni kwezibonelelo zoncedo icandelo loosomashishini linoluvo lokuba izibonelelo azisetyenziswa kakuhle. Uninzi lweemoto zamapolisa zibonwa zisiya zibuya kumakhaya eentsapho nakubahlobo njengabakhweli. Amaxesha okuphendula kwizikhalazo kwiimeko ezithile akamkelekanga.

## III) IZIKO LENKONZO YOLUNTU (*COMMUNITY SERVICE CENTRE*) (CSC))

Kulo mbuzo, "Ngaba kukho amapolisa oneleyo anceda abantu kwiZiko leNkonzo yoLuntu", abathathi-nxaxheba abangama-58% banoluvo lokuba kukho amagosa asebupoliseni oneleyo anceda abantu kwiCSC lo gama ama-42% anoluvo lokuba akanelanga.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Amashumi asixhenxe anesine eepesenti (74%) abathathi-nxaxheba ayavumelana ukuba ngaphandle kokunqongophala koovimba abazizibonelelo kwanabasebenzi, loo magosa obupolisa asebenza kwii-CSC achubekile eluncedo lo gama ama-26% ephikisana noko.

Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa ubani eqwalasela ukubaluleka ngokweziko kwezakhono ezithambileyo ekuqhubeleni phambili ukwenziwa kweenkonzo ngempumelelo[23]. Xa umntu ephathwa ngesidima kuvamile ukuba baseke intsebenziswano yokuyithemba inkonzo yamapolisa akufutshane.

23 Dutton, Eli; Nickson, Dennis; Warhurst, Chris. (2005) "The importance of attitude and appearance in the service encounter in retail and hospitality". Managing Service Quality, 15: 2 (195 – 208).

Uluntu lwacebisa ukuba izikhululo zamapolisa ezinkulu nezinobubele kakhulu zifanele ukwakhiwa ukunika indawo yabucala kumaxhoba engozi. Kwakhona, ukusasaza amagosa asebupoliseni aqeqeshwe ngaphezulu nazinikeleyo kwi-CSC anokuthetha nabamangali ngolwimi lweenkobe lwabo ngokwenjenjalo ukuqeqeshwa kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC kwizakhono zonxibelelwano ziyacetyiswa.

## IV) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Kunzima ukunika umfanekiso ochanekileyo wolwaneliseko ngeenkonzo ekubonelelwa ngazo kwiimeko apho isiphumo semisebenzi yophando inokuphembelela imbono yoluntu ekwenziweni ngempumelelo komsebenzi. Nakuba kunjalo, le grafu ibonisa ukuba ama-65% oluntu onelisekile ngeenkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi kwindawo yabo baze abangama-44% baphendula ngendlela ephikisayo.

Eminye yemingeni eqatshelweyo luluntu ibandakanya ukunqongophala kwabaphandi, ukunqongophala kwengxelo enikwa ngabacuphi kubamangali, ukungabikho kokuphandwa ngokukuko kwamatyala, ukunqongophala kobuchule namaxesha aqingqiweyo amade achithwa ekuphandeni nasekuqukumbeleni amatyala.

Bakubuzwa ukuba "Yintoni enokwenziwa ukuphucula iinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwindawo yakho", ama-61% oluntu ayavuma ukuba kukho imfuneko yokugaya abacuphi abanezakhono ngaphezulu, lo gama ama-55% enoluvo lokuba abacuphi bafanele ukuba baqeqeshwe, ama-47% avakalelwa ukuba oovimba abazizibonelelo ezingaphezulu zifanele ukuba kubonelelwe ngazo aze ama-39% babe noluvo lokuba umthwalo womsebenzi wamapolisa ufanele ukuncitshiswa. Abacuphi bafanele ukufikelela ngaphezulu kwizithuthi, kwizixhobo zonxibelelwano, nendawo esembindini ukwenzela ukuba bakwazi ukujongana neemfuno zoluntu.

Oosomashishini be-BACWC babonise ukuba iinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi azanelisi njengoko inqanaba lamava abo liphantsi kakhulu. Ekuphuculeni iinkonzo abacuphi abanezakhono ngaphezulu kufanele ukuba bagaywe, uqeqesho olungaphezulu kufanele ukuba kubonelelwe ngalo – kuncitshiswe umthwalo womsebenzi wabo, kuze kubonelelwe abacuphi ngezibonelelo zoncedo ezingaphezulu kubuyiselwe kwakhona icandelo labaseyunifomini abanika ingcaciso (*uniform inquiry branch)* ukujongana namatyala amancinane.

## V) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Igrafu 3 ibonisa ukuqhawuka konxibelelwano nenkqubo exhaswa ngamapolisa yokukhusela amangqina. Amashumi amane eepesenti (49%) abathathi-nxaxheba abazi ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile lo gama ama-29% anoluvo lokuba akhuselekile aze ama-22% enoluvo lokuba amangqina akakhuselekanga.

Inkqubo yokukhusela amangqina ibonelela ngesithuba kumagosa amapolisa okuqhuba inkqubo evelela zonke iinkalo (*holistic method*) ekujonganeni nolwaphulo-mthetho nobume bezolwaphulo-mthetho eluntwini. Ngenxa yokunqongophala kweenkqubo zokukhusela amangqina, ukutshutshiswa ngempumelelo akukwazi kwenzeka.

Iimpendulo kwinkqubo yemibuzo evulelekileyo (*open-ended response*) abathathi-nxaxheba baqaphele imfundo, amanyathelo okulwa urhwaphilizo, nokwandiswa kwenkqubo yokukhuselwa kwamangqina njengemixholo emikhulu emithathu yokuphucula inkqubo yokukhuseleka kwamangqina. Uninzi lwabantu abawuphendulayo lo mbuzo uphendulwa ngokuzikhethela bagxila koko kwakuveliswe kwimibuzo engaphambili ukuba kwakukho ukunqongophala okucace gca kolwazi ngale nkqubo. Eminye imixholo iphathelele ekungathembakalini kwamapolisa ngokuphathelele ekukhuselekeni kwamangqina emehlweni oluntu.

## VI) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

**ITHEBHILE 2: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI**

| No | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji[24] |
|---|---|---|---|
| 1. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini | 444 | 33 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli ebusuku | 494 | 37 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni enza iipatroli emini nasebusuku | 914 | 68 |
| 4. | Imisebenzi yokumisa kusetshwe kwindawo leyo | 751 | 56 |
| 5. | Ukuphunyezwa komsebenzi wamapolisa owenziwa ngokwamacandelo kwindawo leyo | 677 | 50 |
| 6. | Okunye | 86 | 6 |
| 7. | Abanganikanga mpendulo | 37 | 3 |

Xa babebuzwa ukuba bacinge ngendlela abebenokunceda ngayo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa eluntwini, abathathi-nxaxheba ubukhulu becala bathanda ukhetho olwalubandakanya ukwanda kokubonakala kwamagosa asebupoliseni esenza imisebenzi 'enjengokumiswa kusetshwe'. Amashumi amathandathu anesibhozo eepesenti (68%) wabathathi-nxaxheba banoluvo lokuba imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' ifanele ukuqhutywa kweli phondo.

Amashumi amahlanu eepesenti (50%) abathathi-nxaxheba kwakhona anoluvo lokuba ukwenziwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa wamacandelo amancinane ufanele ukuqhutywa. Iipatroli zamapolisa zifanele ukuqhutywa kwiindawo zamashishini amatyeli amaninzi ngemini. Iipatroli zamapolisa ezininzi ngethuba lasemini nasebusuku, imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' engaphezulu ifanele kananjalo iqhutywe.

Impendulo edibeneyo neSebe lezamaPolisa kaMasipala oMbaxa/ eSebe lezoThutho/ egunya lokunyanzeliswa koMthetho woomasipala (*Metro Police/ Traffice Department/ Law enforcement*) neenkampani zezokhuselo zabucala zifanele ukuqhutywa. Ukubuyiswa ~~kwe*flying squad*, ukuba ijongane nezimangalo ezinobuzaza, kufanele ukwenziwa~~ ngokukhawuleza.

24 Abanye babathathi-nxaxheba bakhetha udidi lokwenziwa kweenkonzo olungaphezulu kunolunye into ethetha ukuba itotali yeepesenteji ayisayi kudibana yenze i-100%.

## VII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAXEKA

| ITHEBHILE 3: IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA KWIPHONDO | | | |
|---|---|---|---|
| | Ixesha lempendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenti enyanisekileyo |
| Enyanisekileyo | 5-10 imizuzu | 955 | 74 |
| | 10-15 imizuzu | 218 | 17 |
| | 15-20 imizuzu | 74 | 6 |
| | 20-30 imizuzu | 28 | 2 |
| | 30-60 imizuzu | 21 | 1 |
| | IYONKE | 1296 | 100 |

Njengoko kubonakalisiwe kuninzi lwezinye iimpendulo, uluntu lunomnqweno wenkonzo yamapolisa ukubandakanya ukusebenzisana noluntu ngendlela echubekileyo ephawuleka ngonxibelelwano olukhawulezileyo. Ixesha elilindelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zongxamiseko yimizuzu emi-5 ukuya kweli-10. Amashumi asixhenxe anesine (74%) abathathi-nxaxheba abagungqi kuluvo lokuba amapolisa afanele ukuphendula kwikhwelo longxamiseko ingadlulanga imizuzu emi-5-10 ukwandisa amathuba okuqokelela ubungqina kwakhona nokukhusela indawo ebekuqhubekele kuyo ulwaphulo-mthetho. Nakuba kunjalo, makuqatshelwe ukuba ixesha eliqingqwe ngokufanayo lokuphendula leSAPS kwiimeko zolwaphulo-mthetho yimizuzu eli-15 lemizuzu[25].


Kwimpendulo ephathelele kokunokwenziwa ukuphucula ixesha lokuphendula lamapolisa kumakhwelo okucela uncedo, ama-57% eeForam zeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu lwakhetha ukwanda kwiipatroli zamapolisa nakwiipatroli. Abathathi-nxaxheba (iiForam zeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu (*Community Police Forums*) banoluvo kananjalo lokuba kufanele ukuba kubekho ukwandiswa kwabasebenzi beSAPS, ukusebenza ngempumelelo kakhulu kwamaZiko eNkonzo yoLuntu (*Community Service Centres*) kwaye bakhuthaza ukwenziwa kweenkqubo zokuthintela ulwaphulo-mthetho entlalweni (*neighbourhood watch programmes*).

## VIII) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

~~Ukusekwa kwee-CPF kwakujolise ekuphuculeni ubudlelane phakathi kwamapolisa noluntu~~ nokwenza ukuba amapolisa aphendule ngaphezulu kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, ii-CPF kufuneka zibonelele ngegalelo kwisicwangciso samapolisa nakulwabiwo lwezibonelelo zeSAPS. Ukuhlola ubudlelane phakathi kwamapolisa noluntu abathathi-nxaxheba bacelwa ukuba bachaze ukuba ngaba ii-CPF zifaka igalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa nendlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa.

25 SAPS Performance Plan, Year of Community Centres, SAPS, 2010-11.

**IGRAFU 4: UBUDLELANE BAMAPOLISA NOLUNTU KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI**




Kukho isalathiso sokuba unxibelelwano, imfundo nokwenza izinto ekuhleni ziinkalo ezifuna ingqwalaselo ekhawulezileyo. Amashumi amane anesibini eepesenti (42%) abathathi-nxaxheba abanalwazi ngenyaniso yokuba ii-CPF ifaka igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwindawo leyo", kuyaxhalabisa ukuba phantsi ipesenteji efanayo ayinalwazi lokuba le ngxoxo iyaqhubeka okanye ngaba inempembelelo kwisiphumo sezigqibo. Phantse ibe yipesenteji efanayo yabathathi-nxaxheba bachaza ukuba babonelela ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo nakulwabiwo lwezibonelelo zoncedo. Kungakhangeleka ngathi isenzo sokubonelela ngegalelo sixhomekeke kokuthandwa sisikhululo esifutshane. Kukhangeleka ngathi inkqubo yokubonelela ngegalelo ixhomekeke kokukhethwa sisikhululo esikufutshane. Amalungu e-CPF neeNkumanda zeZikhululo kufuneka baziswe ngalo mba.

Ngokwe-BACWC amapolisa akaboneleli ngeengxelo malunga nendlela oovimba abazizibonelelo ezisetyenziswa ngayo kwaye engabaniki thuba lokunika igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa okanye kwindlela izibonelelo ezabiwa ngayo njengoko bangagunyaziswanga ukuba benjenjalo. Nakuba kunjalo, amapolisa abonelela ngengcaciso ngolwaphulo-mthetho kwanemiba yokwenziwa komsebenzi wamapolisa kwiintlanganiso zecandelo lamashishini. Ukuphucula ukuphendula kwamapolisa ngakwenzayo, eli qumrhu licebisa ukuba i-CPF ifanele ukudlala indima yokubekwa esweni luluntu ngokubhekiselele kuhlahlo lwabiwo-mali nolwaphulo-mthetho kwinqanaba lesikhululo samapolisa. Eli qumrhu aliyonxalenye yeBhodi yeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu yePhondo (*Provincial Community Police Board*) kwaye ayihambi zintlanganiso zabo. Kwacetyiswa ukuba umanyano lobuchule phakathi kwe-BACWC neSAPS mayiphuculwe.

### 4.3.2.4 UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI GWENXA


Ngokweenkcukacha-manani ezichaziweyo zonyaka-mali wowe-2009/10 phantse ibe sisiqingatha seenkcukacha-manani ezichaziweyo "zolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi" olwachazwa eNtshona Koloni. Xa kuqatshelisiswa inani labantu abacela uncedo

kumaziko okubuyisela ekuziphatheni ngendlela (*rehabilitation centres*) lanyuka ngokuphindwe kabini. Oku kuhamba nenyaniso yokuba urhulumente kaZwelonke nowaseNtshona Koloni wabeka phambili ukulwa nokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa, kwanokuba ukusetyenziswa kweziyobi notywala gwenxa kuthathwa njengezimbini kwizinto ezincedisana nolwaphulo-mthetho, le ngxelo izama ukufaka igalelo

kuvimba wolwazi ukuqonda iingcamango ngcono ngokweemfuno zomsebenzi wamapolisa nokubalulekileyo.

Amashumi asibhozo anesibhozo eepesenti (88%) oluntu ayaqonda ukuba ukuvela kwengxaki kazwelonke yokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kuxhaphakile kwiindawo zoluntu lwabo. Ukuqonda ukuba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa yingxaki enokukhokelela ekuqondeni ngcono impembelelo yazo kulwaphulo-mthetho eluntwini yingxaki kwaye kungakhokelela kuluntu oluhlakaniphileyo ngaphezulu olukwaziyo ukuba luqaphele iinkalo ezikhuthaza ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa luchaze malunga nalo.

**IGRAFU 5: INGXAKI YOKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI GWENXA KWIPHONDO**




Ngokweenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho, ulwaphulo-mthetho olwaluxhomekeke kwinyathelo lamapolisa ukulucupha, lwanda nge-15.3% ukusuka kuma-67 836 ngo-2008/2009 ukuya kuma-78 234 ngo-2009/2010, apho uninzi lwalo ilulwaphulo-mthetho olunxulumene nolwaphulo-mthetho. Ngokufanayo, ulwaphulo-mthetho olwenziwa kumaxhoba ngabantu ababaziyo kwiphondo lunyuke ngesi-6% ukusuka kuma-88 818 ngo-2008/2009 ukuya kuma-94 146 ngo-2009/2010).

ENtshona Koloni, ukwanda kulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi lubonisa umngeni wokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. INtshona Koloni ibonakalisa malunga nama-45% olwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi kuzwelonke kwaye oko kubangela inkxalabo. Uninzi lwemisebenzi yophando yangqina ukunxulumana phakathi kolwaphulo-mthetho nokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa; kungoko, ukwanda kwizenzo zokubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), izenzo zokukhuthuza, nolwaphulo-mthetho olunxulumene nezesondo kuxhaphakile ukuba lungasisiphumo sokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa[26]. Ngenxa yoko, kukho imfuneko yokuba iSAPS iqulunqe isicwangciso esiphangaleleyo sokubonelela ngokuncitshiswa kweziyobisi, nekufuneka ukuba sibekwe esweni qho ngekota.

---

Abo bawuphendulayo umbuzo olapha ngasentla babuzwa kamva ukuba ngaba bonelisekile okanye hayi yindlela amapolisa awusingatha ngayo umcimbi weeshibhini ezingekho semthethweni neendawo ezishishina ngeziyobisi. Kubantu abangama-88% abaqondayo ukuba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kuyingxaki yoluntu abanganeno kwisiqingatha (44%) babonelisekile

ngamanyathelo amapolisa okunciphisa le ngxaki. Oku kubonisa uluvo lwabantu abasisininzi lokuba nangona ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kuthathwa ngokubanzi njengengxaki nesizathu solwaphulo-mthetho ngamapolisa naluluntu, iindawo ekuqhubekela kuzo kakhulu ezo zenzo zitshabalalisayo zivamise ukungaqatshelwa.

26 Department of Community Safety, Provincial Crime Overview, 2010/11, unpublished



Uluntu lwandulula ukuba:

- Iishibhini ezingekho semthethweni zigqogqwe qho hayi nje kuphela ngeempela-veki nabanini beeshibhini babanjwe bahlawuliswe qatha bafumane izohlwayo ezingqwabalala.

- Umasipala nguye ongumnini wezindlu ezisetyenziswa ngabanini boshishino lweziyobis kwimisebenzi yabo kufanele ukuba zohluthwe ngumasipala.

- Amacandelo anobungcali bokujongana neendawo ezishishina ngeziyobisi notywala zifanele ukusekwa.

- Amaxesha okuvala kweeshibhini ezingekho semthethweni kufanele ukubekwa esweni.

- Amapolisa afanele ukusebenza ngentsebenziswano neenkokeli zoluntu, imibutho yoluntu noomasipala ekujonganeni nengxaki yokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa lo gama kugcinwe ukwenziwa kwezinto ekuhleni.

- Njengamanyathelo okuthintela, iinkqubo zokuqesha nokuxhobisa ngolwazi ngobungozi bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi zifanele ukuqaliswa kuluntu ukukhuthaza intsebenziswano yezizukulwana ezitsha.

- Ukulwa urhwaphilizo kufanele ukwenziwa njengoko kuchaphazela uluntu neenzame zamapolisa zokulwa ulwaphulo-mthetho.

Okubaluleke ngaphezu kwazo zonke iziphene ngokuphathelele kwiinzame zeNtshona Koloni zokulwa iziyobisi, zizityholo ezithe mbende zorhwaphilizo lwamapolisa ekwamkeleni izenzo zokunyotywa ngabanini bamashishini eziyobisi nangabanini beeshibhini ukwabelana ngengcaciso ngexesha izenzo zokugqogqa eziya kwenziwa ngalo. Urhwaphilizo lutshabalalisa ukuthembana phakathi kwamapolisa noluntu, kwaye lutyhafisa amalinge okunciphisa ushishino lweziyobisi. Ngaphandle kwendlela enyanisekileyo amapolisa aseKapa aye alusingatha ngayo ushishino lweziyobisi kule minyaka isandula ukugqitha, iimbono ezichongiweyo zokurhwaphiliza kwamapolisa nokusebenzisana nabezoshishino lweziyobisi kushiyeke kusekwiqondo eliphezulu.

### 4.3.2.5 AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KUMSEBENZI WOBUPOLISA

Uluntu lwacelwa ukuba lwenze amavandlakanya ngemiba oluyibona njengengakhange iqatshelwe kuphando. Imiba ephambili eyaqatshelwayo ibandakanya le mixhobo ibanzi ilandelayo:

## I) UKUTSHINTSHWA KWENKANGELEKO YENKONZO YAMAPOLISA

Amagosa asebupoliseni afanele ukuzinikela, abe nobubele, kwaye aphathe uluntu ngentlonipho kunye nesidima. Inkangeleko yamapolisa kufuneka iphuculwe njengoko amagosa asebupoliseni athile arhwaphilizayo agqwalisa inkangeleko yenkonzo. Abaphathi beSAPS kufanele ukuba babe ngqwabalala ekujonganeni namagosa arhwaphilizayo kwaye bagaye amagosa ancedisayo (*reservists*) amaninzi.

## II) INKQUBO EDIBENEYO

Amapolisa akufuneki asebenze ngokuzimeleyo – abathathi-nxaxheba abaninzi abanjengemibutho yezenkolo, imibutho engekho phantsi kukarhulumente, namasebe karhulumente afanele ukubandakanywa adlale indima ekulweni ulwaphulo-mthetho. Intsebenziswano phakathi kwamapolisa neCPF kufuneka iphuculwe kwaye iiCPF zifanele ukuqwalaselwa njengabathathi-nxaxheba ababalulekileyo ekuthinteleni ulwaphulo-mthetho. Ukuthatha inxaxheba koluntu ngokubanzi kufanele ukukhuthazwa kusetyenziswa amanyathelo okuthintela ulwaphulo-mthetho afumana ukuphunyezwa eluntwini.

## III) UKUBANDAKANYEKA KWABAPHATHI BE-SAPS KWANONXIBELELWANO NOLUNTU

Uluntu lunoluvo lokuba xa iiNkumanda zeZikhululo ezitsha ziqeshwa zifanele ukwaziswa kwiinkokeli zoluntu nakwi-CPF. Oku kusengakhokelela kwintsebenziswano nobudlelane bamapolisa noluntu obuphucukileyo. Amagosa asebupoliseni akwinqanaba labaphathi akufanelekanga ukuba atshintshwe ngokukhawuleza njengoko oku kananjalo kuchaphazela ukwenziwa kweenkonzo. Uluntu lwasentlalweni ngokubanzi lufanele ukwaziswa ngeendidi ngokubanzi zamajelo opapasho malunga nokwenzekayo kwizikhululo zamapolisa zawo nganye. Uluntu lunoluvo lokuba ipolisa liphendule kulo ngolukwenzayo ukuqinisekisa ukwenzeka kwezinto ngokusekuhleni.

## IV) IZIBONELELO EZIFUNYANWA NGAMAGOSA ASEBUPOLISENI ENZA KAKUHLE UMSEBENZI

Amagosa asebupoliseni enza kakuhle umsebenzi wawo afanele ukuwongwa ngezibonelelo njengendlela yokuwakhuthaza ekusebenzeni kwawo. Amagosa asebupoliseni asebenza buthathaka bafanele ukucetyiswa bakhuthazwe ukunyusa inkuthalo yawo.

## 4.4 ISISHWANKATHELO SEZIPHUMO ZOOMASIPALA BEZITHILI NABAMBAXA

Eli candela lilandelayo libonelela ngokucazululwa kweedatha eziphathelele kwiiprofayili zentlalo noqoqosho, ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili, imiba yokwenziwa kweenkonzo neengcebiso kumasipala wesithili ngamnye.

### 4.4.1 UMASIPALA WESITHILI WASE-CAPE WINELANDS


UMasipala weSithili wase-Cape Winelands (*the Cape Winelands District Municipality*) (*CWDM*) ufumaneka kumbindi wePhondo leNtshona Koloni, ubandakanya indawo engama-22 289 km$^2$. Esi sithili sikwindawo yesibini ngabona bantu baninzi eNtshona Koloni emva kweSixeko saseKapa. Phakathi kowe-2001 nowe-2006 iqondo lokukhula koluntu lweCWDM olukungumndilili ngonyaka yayingu-0,6 yeepesenti[27]. Uluntu lulonke lwaseCape Winelands ngama-712 418. Intswela-ngqesho iphezulu kwiindawo ezinkulu zasemaphandleni, njengakwindawo yaseStellenbosch.

Ngaphezulu, kuqikelelwa ukuba umndilili wokukhula koluntu ngonyaka ungacotha uyokutsho ku-0,3 pesenti phakathi kowe-2006 nowe-2008[28], nowe-2010 uyokufikelela kuluntu oluqikelelwayo lwama-656 902 ngowe-2010. Ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa nobundlobongela obujoliswe kumabhinqa nasebantwaneni yimingeni ekule ndawo[29]. UMasipala weSithili uneeklasta zamapolisa ezi-4, eziyiCeres, iStellenbosch, iPaarl neWorcester.

#### 4.4.1.1 ISISHWANKATHELO SEE-PNP EZICHONGIWEYO KUMASIPALA WASE-CAPE WINELANDS

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

IGRAFU 6: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI E-CAPE WINELA (KWIIPNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)




2 www.capegateway.gov.za, Socio-economic profiles, Cape Winelands, Western Cape Treasury Department

2 www.capegateway.gov.za, Socio-economic profiles, Cape Winelands, Western Cape Treasury Department


2 IDP, Cape Winelands, 2007-2011

Le grafu ingasentla  ibonakalisa izenzo zolwaphulo-mthetho oluphambili oluchongwe ngabathathi-nxaxheba boluntu olukhonzwa zizikhululo zamapolisa eziwa ngaphantsi komasipala wesithili waseCape Winelands.

Izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili kwesi sithili zezi: ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, ukubetha okuqhelekileyo, ubundlobongela basekhaya, ukubulala nokukhuthuza okuqhelekileyo.

## II) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIVAMISE UKUKHANKANYWA QHO

IGRAFU 7: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIVAMISE UKUKHANKANYWA QHO ZASECAPE WINELANDS (II-PNP EZICHONGWELULUNTU)





Izenzo zolwaphulo-mthetho ezintlanu ezikhankanywa qho kakhulu eCape Winelands **bubundlobongela basekhaya, ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo** kunye **nokubetha okuqhelekileyo**. Zonke izenzo zolwaphulo-mthetho ezivamise ukukhankanywa qho zaqatshelwa kuphando lonyaka-mali odlulileyo kungabandakanywa zenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi.

## III) IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Imiba yokunikezelwa kweenkonzo inxulumene nalo miba iphembelela ukunqongophala kokwenziwa kweenkonzo yi-SAPS. Imiba iqulathe imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zamapolisa ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa asebupoliseni kwi-CSC, intsebenziswano yamapolisa e-SAPS noluntu, iinkonzo zabacuphi nenkqubo yokukhuselwa kwamangqina ngokunjalo nokubonakala kwamapolisa kwanexesha elithathwa ngamapolisa ukuphendula kwiimeko zongxamiseko.

Le grafu ingasezantsi ibonisa amanqanaba acingelwayo kwezintandathu zokuqala Iintlobo zokwenziwa kweenkonzo ezikhankanywe apha ngasentla kwaye nengxoxo ngezi zinto ilandela le grafu.

**IGRAFU 8: IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO KUMASIPALA WESITHILI WASECAPE WINELANDS**




## IV) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Le grafu ibonisa ukuba uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) lwaqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zazingafanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kuluntu, lo gama kuphela ngama-36% abathathi-nxaxheba abaqaphela ukuba ezi zibonelelo zoncedo zifanelekile.

## V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uluntu lwabuzwa ukuba ngaba oovimba abazizibonelelo zisetyenziswa kakuhle na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) lwavuma ukuba ezi zibonelelo zazisetyenziswa kakuhle. Kuphela ngabangama-42% kubathathi-nxaxheba ababonisa ukuba ezi zibonelelo zoncedo azisetyenziswa kakuhle.

## VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU (*COMMUNITY SERVICE CENTRE*)

Ngokuphathelele ekubeni ngaba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo na ekuncedeni abantu kwiZiko leNkonzo yoLuntu (*Community Service Centre*) (*CSC*), uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) lwachaza ukuba bona abavumelani noko.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Kule grafu ingentla, kungabonakala ukuba uninzi lwabathathi-nxaxheba (abavumelanayo abangama-75%), babonisa ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwiCSC achubekile ekwaluncedo kuluntu kwiCSC.

Oku akubandakanyi kunqongophala kwoovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqatshelwa indlela iinkonzo zamapolisa ekubonelelwa ngazo ngayo kuluntu nasekudaleni umoya wobudlelane obunokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58) bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Kukho umlinganiselo othile wobunzima ekucazululeni ngokuchanekileyo indlela abathathi-nxaxheba abaneliseke ngayo ziinkonzo kuba basenokuphenjelelwa ziziphumo zamatyala. Ezinye iingcebiso, umzekelo, malunga nekufanele ukwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, yayikukuba makuqeshwe abacuphi abanobuchule kakhulu nokuba oovimba abazizibonelelo ezingaphezulu kufanele ukubonelelwa ngazo kubacuphi ukuphucula umsebenzi wezophando lwabo.

### VIII) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Kuyacaca ukuba ama-31% abathathi-nxaxheba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Nakuba kunjalo, ama-44% abanalwazi lokuba ngaba amangqina afumana ukukhuselwa na ngamapolisa, lo gama ama-25% abathathi-nxaxheba acinga ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina konke. Oku kwahlukana ekuqondeni inkonzo yokukhusela amapolisa kubonelela ngako kumangqina kuthetha ukuba kusenokwenzeka ukuba kukho ukunqongophala kokuthemba ukuchazwa kwezenzo zolwaphulo-mthetho kwindawo yokuqala kwakhona nokunqongophala kokulindela ukunikwa inkxaso, ukulandelelwa kunye nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe eluntwini.

Ukungabi nalwazi ngokhuseleko olubonelelwa ngamapolisa ngomnye umba abathathi-nxaxheba abaphendule ukuba abawazi kodwa eminye, kwimiba engekho ntle nangaphezulu, ichaza ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ukuba amapolisa akathembakalanga okanye anengqondo yokungakhathali ngokubhekiselele kumangqina.

### IX) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

**ITHEBHILE 4: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA KUMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS**

| Inqni | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji |
|---|---|---|---|
| 1. | Amagosa asebupoliseni awenza iipatroli emini | 116 | 43 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli ebusuku | 119 | 44 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 190 | 70 |
| 4. | Iinkqubo zokumisa kusetshwe kwindawo le | 160 | 59 |
| 5. | Ukuphunyezwa komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kwindawo leyo | 139 | 51 |
| 6. | Abangakhange baphendule | 6 | 2 |

IThebhile 4 engentla icacisa ngeempendulo zoluntu xa babebuzwe ngokunokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwiindawo zabo. Uninzi (70%) lwaqaphela ukuba ukwandiswa kweepatroli zasemini nasebusuku kwakunokwandisa ukubonakala kwamapolisa. Amashumi amane anesithathu eepesenti (43%) aqaphela ukwanda kweepatroli zamapolisa emini ezaziya kukhokelela ekwandeni kokubonakala kwamapolisa, baze abangama-44% baqaphela ukuba ukwandisa kuphela iipatroli zasebusuku kwakunokunika isiphumo esifanayo. Amashumi amahlanu anesithoba (59%) abathathi-nxaxheba babonisa ukuba imisebenzi engaphezulu 'yokumiswa kusetshwe' baze abangama-51% bachaza ukuphunyezwa ngokupheleleyo kweemfuno zomsebenzi wamapolisa wamacandelo njengonokuthathwa njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

30 Inxenye yabathathi-nxaxheba yakhetha udidi lokwenziwa kweenkonzo olungaphezulu kwisinye oko kuthetha ukuba xa zizionke iipesenteji azisayi kudityaniswa zenze i-100%.

## X) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

ITHEBHILE 5: IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA KWIIMEKO ZOLWAPHULO-MTHETHO KWISITHILI SASECAPE WINELANDS


| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji |
|---|---|---|---|
| 1. | 5-10 imizuzu | 150 | 68 |
| 2. | 10-15 imizuzu | 42 | 19 |
| 3. | 15-20 imizuzu | 17 | 8 |
| 4. | 20-30 imizuzu | 5 | 2 |
| 5. | 30-60 imizuzu | 7 | 3 |
| Lilonke | | 615 | 100 |

Ukunceda kwezongxamiseko, isininzi esicacileyo (68%) soluntu sachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo elinokuthathwa ngamapolisa ekuphenduleni kwimeko yezongxamiseko. Iingcebiso zexesha lokuphendula elingcono zazibandakanya ukwandisa inani lezithuthi zamapolisa, ukwandisa ukubonakala kwamapolisa, amaziko eefoni nabasebenzi bazo abangcono, ukwandisa amapolisa nokuphunyenzwa kweenkqubo zokubeka esweni indawo zabo abahlala kuzo.

## XI) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Ukusekwa kweeCPF kwakujoliswe ekuphuculeni ubudlelane bamapolisa noluntu nokwenza amapolisa aphendule ngaphezulu kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolu luntu kufuneka ibe negalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekubonelelweni ngezibonelelo zoncedo zazo yi-SAPS.

IGRAFU 9: IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA KWISITHILI SASECAPE WINELANDS



Bathi bakubuzwa ukuba i-CPF yendawo yabo yabonelela ngegalelo na kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, ama-32% abonakalisa ukuba yaye yenjenjalo lo gama ama-55% baphendula ukuba abazi. Babuzwa malunga nokuba ngaba i-CPF yanika igalelo na kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa, uninzi lwamalungu (54%) lwachaza ukuba alwazi, lo gama ama-31% achaza ukuba yenjenjalo.

## 4.4.3 UMASIPALA WESITHILI SASECENTRAL KAROO (CKDM)

UMasipala weSithili saseCentral Karoo (CKDM) zezinye zezithili ezintlanu ezifumaneka ngaphakathi kwiPhondo leNtshona Koloni. Isithili esi siqulathe ooMasipala Basekhaya abathathu, abangaba, iBeaufort West, iPrince Albert, iLaingsburg, ngokunjalo ne-DMA, iMurraysburg. Kuluntu olungama-62,331, iCentral Karoo sesona sithili sincinane kakhulu kwiPhondo mhlawumbi nakuzwelonke, ngokobubanzi bendawo iSithili esi sikhulu kakhulu sibandakanya zizonke ama-38,853 ezikwere zeekhilomitha oko kunike isithili esi ingxinano yoluntu luka-1.6 kungeso sizathu silolona luntu luncinane kakhulu elizweni. ICentral Karoo sesona sithili sikhulu kwiPhondo leNtshona Koloni; ngokungaguqu-guqukiyo, oku kuthetha ukuba imigama phakathi kweendawo ekuhlala kuzo abantu mikhulu.

ILaingsburg imalunga nama-200 km ukusuka eBeaufort West, lo gama iPrince Albert ili-170 km[31]. Ulwimi olongameleyo eCentral Karoo yiAfrikansi. ICentral Karoo inomyinge wentswela-ngqesho wama-20.5%. Amashumi amathathu anesihlanu (35%) emizi ingenisa nganeno kwama-R9 600 ngonyaka ngamnye, kwaye baphila kumgangatho onganeno wobuhlwempu.

### 4.4.2.1 IMIBA YEZOLWAPHULO-MTHETHO

I-CKDM ineklasta yamapolisa enye, oko kukuthi, eyiBeaufort West. Ngo-2005 i-CSIR Crime Prevention Centre (CPC) yanikwa umsebenzi wokuba iqulunqe isicwangciso, ize ikhokele ukuphunyezwa kwesi sicwangciso. Injongo yayikukukhusela utyalo-mali lwangoku nolwexesha elizayo olwalwenziwe ngabalingane beIntegrated Sustainable Rural Development Programme (ISRDP) (iSicwangciso esiMbaxa soPhuhliso lwaseMaphandleni oLuzinzileyo) ngokunjalo nokusombulula oonobangela bolwaphulo-mthetho. Ezona ziphumo ziphambili zesi sifundo zibonisa ukuba ukusetyenziswa kotywala gwenxa, iishibhini ezingekho semthethweni, abantwana abangakhathalelwanga nenqanaba elisezantsi lokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu. Ukusetyenziswa kotywala gwenxa ngenxa yenani leeshibhini ezingekho semthethweni kwisithili yeyona nto ixhalabisayo kwiCentral Karoo[32].

---

Amanani aphezulu abantwana abangakhathalelwanga abashiyeka bengekho phantsi kweliso baphela bengqiba ezitratweni, besebenzisa iziyobisi, bebutha ezishibhini nakwiivenkile zemidlalo, ngenxa yokunqongophala kwezibonelelo zokuzonwabisa. Ukuthengisa ngomzimba kwindawo leyo, njengoko kuchaziweyo, kunxulumene kakhulu nemisebenzi kahola wendlela wesizwe u-N1[33].

J) Central Karoo IDP, 2007 - 2011


K) Central Karoo IDP, 2007 - 2011

L) Central Karoo IDP, 2007 - 2011

NgokweePNP ezichongiweyo  zoluntu, lintlobo zolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili olukhankanywa kakhulu bubundlobongela basekhaya, ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), ukubiwa kwemfuyo, ukuqhekeza kwiindawo ezihlala abantu nokubetha okuqhelekileyo.

Imiba yezokwenziwa kweenkonzo inxulumene naloo miba iphembelela ukunqongophala kokwenziwe kweenkonzo yiSAPS. Imiba yokwenziwa kweenkonzo iqulathe imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zoncedo zamapolisa ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa asebupoliseni kwi-CSC, intsebenziswano yamapolisa noluntu, iinkonzo zabacuphi nenkqubo yokukhuselwa kwamangqina ngokunjalo nokubonakala kwamapolisa kwanexesha elichithwa ngamapolisa ekuphenduleni kwezongxamiseko. Le grafu ingezantsi ibonisa amanqanaba acingelwayo amathandathu okuqala ezi ntlobo zokunikezelwa kweenkonzo zikhankanywe ngentla kwanengxoxo ngezi zinto elandela igrafu.

**IGRAFU 12: IMIBA YEZOKWENZIWA KWEENKONZO E-CENTRAL KAROO**




## IV) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Le grafu ibonisa uninzi (62%) lwabathathi-nxaxheba abaqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa babengafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini lo gama kuphela (38%) yabathathi-nxaxheba eyaqaphela ukuba benjenjalo. Isikhululo samapolisa esaqaphela ukuba ezi zibonelelo zoncedo zazingafanelekanga kakhulu yayiyiBeaufort West; lo gama isikhululo sasePrince Albert saqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zabo zazifanelekile.

## V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ukuphendula kumbuzo wokuba ngaba oovimba abazizibonelelo zamapolisa basetyenziswa kakuhle na, uninzi lwaba (57%) lwaphendula bengangqinelani lo gama kuphela ngama-43% wabathathi-nxaxheba abaqaphela ukuba aba vimba bazizibonelelo

basetyenziswa kakuhle. Oku kubonisa ukuba ukungalingani okungumlinganiselo ophakathi phakathi kwabo babona ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa kakuhle.

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (74%) lwabonisa ukuba aluzange lujonge njengokuba kukho amagosa asebupoliseni ancedisa uluntu kwiCSC nama-26% anoluvo lokuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo kwiCSC.

### A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Le grafu ingasentla ibonisa ama-80% abathathi-nxaxheba bachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza ngaphakathi kwi-CSC abechubekile eluncedo kuluntu kwi-CSC kubekho nama-20% angavumelaniyo. Oku kuyenzeka noko kukho ukunqongophala kubasebenzi nezinye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqatshelwa indlela iinkonzo zamapolisa ekubonelelwa ngazo ngayo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (67%) lwachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi lo gama ama-33% engenjalo. Kukho ubungakanani obuthile bobunzima ekucazululeni ngokuchanekileyo amanqanaba abathathi-nxaxheba olwaneliseko ngeenkonzo njengoko kusenokuphenjelelwa ziziphumo zamatyala. Ezinye iingcebiso, umzekelo, ezingokunokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, kukuqesha abacuphi abanezakhono ezingaphezulu kwanokuba izibonelelo ngoncedo ezingaphezulu zifanele ukuba kubonelelwe ngazo kubacuphi ukuphucula imisebenzi yophando lwabo.

### VIII) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Amashumi amahlanu anesibhozo eepesenti (58%) abathathi-nxaxheba ayengazi nokuba amangqina kwizenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile, ama-27% ayecinga ukuba kunjalo, lo gama i-19 labathathi-nxaxheba babecinga ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina. Oku kungavisisani ekuqondeni inkonzo yokhuseleko amapolisa abonelela ngayo kumangqina kuthetha ukuba kusenokwenzeka ukuba kukho ukunqongophala kokuthemba ukuchazwa kanye kwezenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala kwaye ukunqongophala kokulindeleka kokunikwa inkxaso, ukulandelelwa nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziweyo eluntwini. Ukunqongophala kolwazi lokukhuseleka amapolisa abonelela ngako kumangqina ezolwaphulo-mthetho ngomnye umba obangela ukuba abathathi-nxaxheba baphendule ukuba abayazi nokuba ngaba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile na.

### IX) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

**ITHEBHILE 6: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA E-CENTRAL KAROO**

| No | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji[34] |
|---|---|---|---|
| 1. | Amagosa asebupoliseni angaphezulu enza iipatroli emini | 12 | 29 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni angaphezulu enza iipatroli ebusuku | 18 | 43 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni angaphezulu enza iipatroli emini nasebusuku | 24 | 57 |
| 4. | Imisebenzi yokumiswa kusetshwe engaphezulu kwindawo leyo | 18 | 43 |
| 5. | Ukuphumeza ngokupheleleyo ukwenziwa komsebenzi wamapolisa ngokwamacandelo kwindawo leyo | 17 | 40 |
| 6. | Okunye | 2 | 5 |
| 7. | Abanganikanga mpendulo | 1 | 2 |

Le thebhile ingentla inika iinkcukacha zeempendulo zoluntu xa lwalubuzwa ukuba, “yintoni enokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwindawo yabo.” Uninzi loluntu (57%) lwabonisa ukuba iipatroli ezininzi ngexesha lasemini nasebusuku azisokuze ziphucule kubonakala kwamapolisa kwiindawo zabo. Amashumi amane anesithathu (43%) atsho ukuba ukwandisa iipatroli ebusuku kungakwandisa ukubonakala kwamapolisa. Amashumi amane anesithathu (43%) anoluvo lokuba imisebenzi ‘yokumisa kusetshwe’ kungakwandisa ukubonakala kwamapolisa kwindawo leyo. Amashumi amane eepesenti (40%) abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo zabo.

34 Inxenye yabathathi-nxaxheba yakhetha udidi lokwenziwa kweenkonzo olungaphezulu kwisinye oko kuthetha ukuba xa zizionke iipesenteji azisayi kudityaniswa zenze i-100%

Ukusekwa kwe-CPF kwakwenzelwe ukuphucula ubudlelane phakathi kwamapolisa noluntu nokwenza ukuba amapolisa abe nenkathalo engaphezulu ngeemfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, iCPF yolo luntu kwakufuneka ibonelele ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekwabiweni kwezibonelelo zoncedo zaso yi-SAPS. Bathi bakubuzwa ukuba iC-PF yendawo yabo yabonelela na ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, ama-31% achaza ukuba yenjenjalo lo gama ama-40% baphendula ukuba iCPF ayiboneleli ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo bona abangama-29% babengazi.

Bakubuzwa ukuba ngaba i-CPF yanika igalelo ngokunxulumene nendlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa, uninzi lwabantu (41%) lwachaza ukuba abakwenzi oko, ama-31% enjenjalo baze abangama-26% ababa nalwazi lokuba ngaba i-CPF inika igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwe ngayo kwiindawo zabo.

## 4.4.3 ISIXEKO SASEKAPA

Kwiminyaka engama-20 edlulileyo, iKapa lifumene ukwanda ngokukhawulezileyo kokufudukela kwabantu edolophini, okwakhokelela ekwandeni phantse ngokuphindwe kabini koluntu lwabo bebonke ngoku abazizigidi ezi-3,5 zabantu. Okokuqala kukukhula qho ngonyaka nge-1% ngokwendlela yendalo yobume beentsapho, kuze okwesibini ibe kukufuduka okuthe rhoqo kwabantu abamalunga nama-50 000 abantu (izindlu ezili-18 000) qho ngonyaka, ngokukodwa abavela ezilalini eMpuma Koloni, ubukhulu becala bezokufuna imisebenzi.

Ukwanda koluntu kubeke uxinzelelo olungezelekileyo kwoovimba abazizibonelelo zephondo ezinjengezindlu, ukucoceka nokwenziwa komsebenzi wamapolisa. Ulwaphulo-mthetho lwaluxhaphakile kwiindawo ezinengxinano yabantu. Kwakukhuthaza ukuqaphela ukuba inani labantu abangafundanga lancipha, laze inani labo banezidanga laphantse ukuphindeka phakathi kowe-1996 nowe-2007[35]. Intswela-ngqesho yayiqikelelwa kuma-24.5% ngowe-2007, kwaye uninzi lwabo bantu babeqeshiwe babekwimisebenzi ekungafuneki zakhono kuyo. EKapa, inani lemizi ephila ngaphantsi komlinganiselo wobuhlwempu lanyuka ukusuka kowama-24.7% ngowe-1996 ukuya kowe-38.99% ngowe-2005[36].

UMasipala oMbaxa weSixeko saseKapa (*The City of Cape Town Metropolitan Municipality*) uneeklasta ezili-13, oko kukuthi, eBellville, eBishop Lavis, eKapa, eClaremont, eDelft, eKhayelitsha, eKuils River, eKraaifontein, eMilnerton, eMitchells Plain, eMuizenberg, eNyanga naseWynberg.

NgokweSaveyi yoLuntu yowe-2007, uluntu lwaseNtshona Koloni lungama-5 278 588, baze abakwiSixeko saseKapa babe zizigidi ezi-3 497 097. KwiSixeko saseKapa umyinge wokubulawa kwabantu kuma-100 000 ngama-46. Oku kuphakame ngaphezu komlinganiselo wokubulawa kwabantu wephondo ongama-44. INyanga yarekhoda elona nani liphezulu kakhulu lokubulawa kwabantu kwiSixeko saseKapa nakwiphondo[37]. Ngokwamanqaku eendaba akutshanje iKapa lelona komkhulu laseMzantsi Afrika linabona bantu baninzi bafumana ukuhlatywa ngemela basweleke qho ngonyaka ngaphezulu kwaso nasiphi na esinye isixeko soomasipala abambaxa (Cape Argus, 10 Novemba 2010)[38]. Oku kubonisa ukuba izehlo zokubulala eKapa izikhali ziyasetyenziswa.


### 4.4.3.1 IMIBA ENGEZOLWAPHULO-MTHETHO

Ulwaphulo-mthetho yenye yeenkalo eziphambili ezinxunguphalisa abemi, kunye nabatyelela eKapa. ISixeko sisebenza ngokusondeleyo neeNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika ukuqinisekisa iKapa elikhuselekileyo kuwo wonke umntu,

### 4.4.3.2 ISISHWANKATHELO SEE-PNP EZICHONGIWEYO ZII-PNP ZESIXEKO SASEKAPA

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

IGRAFU 14: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO OLUPHEZULU OLUFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI




Le thebhile ingentla ibonisa izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambiliezichongweluluntu phantsi kolwaphulo-mthetho lokuqala olufuna ingqwalaselo

Ngokwee-PNP ezichongiweyo zoluntu, Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezintlanu eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambiliezikhankanywa qho kukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, ubundlobongela basekhaya, ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault* GBH), izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, nokubetha okuqhelekileyo. Iintlobo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili ezikhankanywa qho zineemfano neeyantlukwano ezithile xa kuthelekiswa nezenzo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywe qho kunyaka-mali odlulileyo wowe-2009/10.


Iimfano zibandakanya ukuqhekeza kwiindawo zokuhlala abantu nokubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*). Iiyantlukwano zibandakanya ubundlobongela basekhaya, izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo kunye nokubetha okuqhelekileyo xa kuthelekiswa nokubiwa kweemoto, ukubiwa kwezinto ezikwizithuthi nokukhuthuza okuqhelekileyo okwakukhankanywa qho.

### III) IMIBA ENGOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Imiba yokunikezelwa kweenkonzo inxulumene naloo miba iphembelela ukunqongophala kokwenziwa kweenkonzo ngabe-SAPS. Le ibandakanya imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zoncedo ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa angamapolisa kwi-CSC, intsebenziswano ye-SAPS kwanoluntu, iinkonzo zabacuphi nenkqubo yokukhusela amangqina ngokunjalo nokubonakala kwamapolisa nexesha elichithwa ngamapolisa ukuphendula kumathuba kaxakeka.

Igrafu elapha ngezantsi ibonakalisa amanqanaba acingelwayo eendidi zokwenziwa kweenkonzo ezintandathu zokuqala ezikhankanywe apha ngentla nengxoxo engezi zinto ilandela igrafu.

**IGRAFU 16: IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO KWISIXEKO SASEKAPA**



## IV) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Le grafu ibonisa ukuba isininzi sabathathi-nxaxheba (73%) saqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zazingafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu lo gama kuphela (27%) yabathathi-nxaxheba baqaphela ukuba zifanelekile. Abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni neemoto zamapolisa azanelanga ukufezekisa iimfuno zomsebenzi wamapolisa kwizikhulo zamapolisa zawo. Ezinye izithuthi azikho kwimo yokusebenza. Oku kukhokelela ekubeni amapolisa angaphenduli ngexesha okanye angaphenduli konke xa ebizelwe ukunika uncedo kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

Kwezinye iindawo inani leemoto alikwazi kujongana neemfuno zoluntu ngenxa yobukhulu bendawo kwanamacandelo enza ukuba umsebenzi wobupolisa ube nzima ukuwuphumeza ngokupheleleyo.

Kwezinye iindawo ezingamatyotyombe namageduka iintlobo zezithuthi zamapolisa azifanelekanga kuzo ukujongana nezolwaphulo-mthetho. Idabuli-khebhu nezithuthi ezinesantya esikhulu zinokusetyenziswa ekuphuculeni ukwenziwa kweenkonzo kwiindawo ezinjalo. Indawo encinane nendawo engekho kwindawo esembindini kumalungu ezinye izikhululo zamapolisa, ziyakuchaphazela ukwenziwa kweenkonzo kwiindawo ezithile.

Ukunqongophala kwabasebenzi abasedyutini kwaqatshelwa ngokunjalo njengomngeni kwiindawo njengoko amagosa asebupoliseni avamise ukubhukishwa njengasekhefini lokugula. Kwezinye izikhululo zamapolisa kukho izithuthi ezifumanekayo kodwa kukho ukunqongophala kwabasebenzi bokuqhuba izithuthi. Ukunqongophala kokubonakala kwamapolisa ngenxa yokunqongophala kwezibonelelo zoncedo ngumngeni njengoko abenzi besenza ulwaphulo-mthetho engekho amapolisa apatrola loo ndawo.

Abathathi-nxaxheba kwiSixeko saseKapa baqaphela isithintelo seelwimi kuninzi lwezikhululo zamapolisa ezikwiindawo zoomasipala abambaxa njengomngeni omkhulu. Amagosa asebupoliseni abekwe asedyutini kwi-CSC akalwazi ulwimi oluthethwa ngabamangali. Ngaphezulu, abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba iimfuno zomsebenzi wamapolisa zoluntu lweendawo ezo zigqitha inani lezibonelelo zoncedo ezabiwe kwizikhululo zamapolisa.

### V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uluntu lwabuzwa ukuba ngaba izibonelelo zamapolisa zisetyenziswa kakuhle na. Amashumi amahlanu ananye eepesenti (51%) abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle baze abangama-49% babe noluvo lokuba kwenjenjwalo. Abathathi-nxaxheba abanoluvo lokuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni azisebenzisa kakubi izithuthi ngokusebenzisa ezi zithuthi kwiinjongo zobuqu zabo. Amanye amagosa asebupoliseni abonwa kwiindawo ezinganxulumananga nomsebenzi benabahlobo neentsapho zawo njengabakhweli. Ngenxa yokuqhutywa kakubi koninzi lwezi moto uninzi lwazo kufikelela ixesha lokuba ziyokulungiswa kwaye ngenxa yoko zipakwa zihlala zipakwe nje kwizikhululo zamapolisa.

Kwezinye iimeko oovimba abazizibonelelo zichazwa njengezingathunyelwa kwiindawo ezichanekileyo ekuxhaphake kuzo ulwaphulo-mthetho. Kwiimeko ezithile amagosa asebupoliseni achazwa njengangenalwazi kwaye bagqitha uluntu ngaphandle kokubabonelela ngoncedo olufunekayo.

Okuncomekayo, kukuba ama-49% abathathi-nxaxheba bachaza ukuba amapolisa enza konke okusemandleni abo xa kujongwe kwoovimba abazizibonelelo azabelweyo kwizikhululo zamapolisa zawo. Ezi zibonelelo zisetyenziswa kakuhle kodwa beziya kusetyenziswa kakuhle kakhulu ukuba bezinokwandiswa ngenani.

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Ukuphendula kumbuzo wokuba ngaba amagosa asebupoliseni ayabanceda abantu kwiZiko leNkonzo yoLuntu (*Community Service Centre*) (*CSC*), isininzi sabathathi-nxaxheba (64%) bachaza ukuba kwakungekho magosa amapolisa aneleyo kwi-CSC baze abangama-36% banoluvo lokuba akho.

Ezi ngcebiso zilandelayo zazicetyiswe ngabathathi-nxaxheba ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo kwiCSC,

JJJ) Makufumaneke iimoto ezininzi ukunciphisa ixesha lokulinda, ukwenzela ukuba kuyokufikwa kwindawo apho ulwaphulo-mthetho lwenzeke khona.

KKK) Ukuqesha abantu abakhuthele kakhulu abazinikeleyo emsebenzini wabo abaya kuphucula ukwenziwa kweenkonzo.

LLL) Ukudala indawo entle njengokuphucula isikhululo samapolisa esincinane ngokusibonelela ngeenkonzo ze-CSC ezaneleyo nokuphucula iikhompyutha (inkqubo yeedatha), amasango okhuseleko (iikhamera zokukhanga-khangela)

MMM) Ukuba amagosa asebupoliseni abekwe kwidesika esekuhleni kwi-CSC bafanele ukufumana uqeqesho olumalunga nendlela yokujongana noluntu kwanendlela yokunceda uluntu ngamaxa nasemva kokuqhubeka kweemeko zolwaphulo-mthetho.

NNN) Okokugqibela, abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amalungu eSAPS afanele ukuphatha uluntu ngentlonipho. Kucetyiswa ukuba kufanele ukuba kubekho amalungu amabini kwishifti nganye, omnye othetha iilwimi zontathu, isiNgesi, iAfrikansi nesiXhosa ufanele ukubekwa kwi-CSC ukujongana neelwimi zeenkobe zabamangali.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (73%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC achubekileyo eluncedo kuluntu baze abangama-27% banoluvo oluphikisanayo nolo. Oku kunjalo ngaphandle kwengcinga abanayo yokuba kukho ukunqongophala kwabasebenzi kunye nezinye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa indlela iinkonzo zamapolisa ezibonelelwa ngayo eluntwini nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Amashumi amahlanu anesithandathu eepesenti (56%) abathathi-nxaxheba bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi baze abangama-45% abanjalo. Abathathi-nxaxheba bachaza ukuba abacuphi basebenza nzima, kodwa bangenza ngcono xa benokuba nabasebenzi abangaphezulu. Abanye abacuphi bachazwa njengabanolwazi, abawenza kakuhle umsebenzi nabanempumelelo kwaye bezinikele ekusombululeni amatyala. Kwezinye iindawo abacuphi bafumana amabhaso okuwonga ngomsebenzi wenkuthalo wabo.

Kwelinye icala, ama-45% abathathi-nxaxheba abanelisekanga kuba abacuphi ababoneleli ngengxelo kubamangali, akukho phando ngononophelo luqhutywayo obelunokwandisa umyinge wokubanjwa kwabaphuli-mthetho kwaye bathatha ixesha elide kakhulu ukusombulula amatyala ngenxa yokuba semva komsebenzi.

Amacandelo abacuphi kwiindawo ezininzi achazwa njenganabasebenzi abambalwa nto ke leyo ikhokelela ekubeni semva kwamatyala angekasonjululwa. Uninzi lwabacuphi bachazwa njengabaqeqeshwanga kakuhle ukuba baqhube imisebenzi yophando kakuhle kwaye oku kukhokelela ekuchithweni kwamatyala enkundleni ngenxa yokunqongophala kobungqina. Abathathi-nxaxheba bebonke bachaza ukuba kukho ukudelela nokungabi nambeko kwabanye abacuphi kuba bekhangeleka bedidekile ngumthwalo womsebenzi nazoovimba abazizibonelelo ezincinane.

Kuchazwa ukuba abacuphi abaninzi kakhulu abazinikelanga kwaye abanalo uthando

lokwenza umsebenzi wabo babona izikhundla zabo njengomsebenzi hayi ubizo lokunceda uluntu. Ngokumalunga nokunokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo – abacuphi kufuneka baqeqeshwe kakuhle kuzo zonke iinkalo zolwaphulo-mthetho nasekuthatheni izitetimenti ngokuchanekileyo. Ukulandelela okufanelekileyo nokugcina abamangali benolwazi ngokuqhubekayo kufanele ukwenziwa. Kuphela ngabacuphi abazinikeleyo abanobuchule abafanele ukuqeshwa.

## VIII) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Isininzi (50%) sabathathi-nxaxheba abazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile, ama-30% anoluvo lokuba lo gama ama-20% anoluvo lokuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselekanga. Oku kungavisisani ekuqondeni inkonzo yokhuseleko amapolisa abonelela ngayo amangqina kuthetha ukuba kusenokuba kunqabe ukuthembela kwinkqubo ncakasana yokuchazwa kwezenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala kwaye kwakhona nokunqaba kokulindelekileyo okuluncedo, ukulandelela nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe kuluntu. Ukungabi nalwazi lokukhuseleka amapolisa abonelela ngako kumangqina olwaphulo-mthetho ngomnye umba owabangela ukuba baphendule ukuba abazi kodwa eminye imiba, engathandekiyo ngaphezulu, icebisa ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ukuba amapolisa akathembalakanga okanye banengqondo yokungawakhathaleli amangqina.

## IX) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

**ITHEBHILE 8: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA KWISIXEKO SASEKAPA**

| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji[39] |
|---|---|---|---|
| 1. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli ngexesha lasemini | 128 | 29 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli ebusuku | 147 | 33 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 310 | 69 |
| 4. | Imisebenzi yokumiswa kusetshwe kwindawo leyo | 281 | 63 |
| 5. | Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa amacandelo kwindawo leyo | 248 | 55 |
| 6. | Okunye | 59 | 13 |
| 7. | Abanganikanga mpendulo | 15 | 3 |

Le thebhile ingentla icacisa ngeempendulo zoluntu xa babebuzwa ukuba yintoni enokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwindawo leyo. Uninzi loluntu (69%) sachaza ukuba iipatroli zamapolisa ezininzi emini nasebusuku zingakuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo zabo. Amashumi amathathu eepesenti (33%) banoluvo lokuba ukwandisa iipatroli zamapolisa ebusuku lo gama ama-28% banoluvo lokuba iipatroli zamapolisa ebusuku zingakwandisa ukubonakala kwamapolisa.

Amashumi amathandathu abathathi-nxaxheba (63%) banoluvo lokuba imisebenzi ‘yokumiswa nokusetshwa’ kwindawo leyo kufuneka iqhutywe. Amashumi amahlanu anesithandathu eepesenti (56%) banoluvo lokuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa ngokwamacandelo ifanele ukwenziwa ukunciphisa ulwaphulo-mthetho kwiindawo ezo.

## X) IXESHA LOKUPHENDULA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukunceda kwezongxamiseko, isininzi esicace gca (81%) soluntu bachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo elifanele ukuthathwa ngamapolisa kwimpendulo baze abali-12% babe noluvo lokuba amapolisa afanele ukuphendula ingadlulanga imizuzu eli-15 kwiimeko zongxamiseko. Isi-7% esiseleyo saqaphela ukuba amapolisa ebenokuphendula kwimizuzu engama-20 ukuya kwiyure kwezongxamiseko zolwaphulo-mthetho.

Bathi bakubuzwa ukuba i-CPF yendawo yabo yabonelela ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, ama-24% achaza ukuba yenjenjalo lo gama ama-24% achaza ukuba i-CPF ayiboneleli ngegalelo, baza abangama-37% abayazi nokuba i-CPF yabonelela ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo konke. Bakubuzwa malunga neCPF ibonelela ngezibonelelo zoncedo ezabiwa ngamapolisa, isininzi samalungu (40%) sachaza ukuba benjenjalo, ama-28% achaza ukuba ababoneleli ngegalelo baze abangama-32% bangazi nokuba i-CPF inegalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo kwiindawo zabo.

## 4.4.4 UMASIPALA WESITHILI SASE-EDEN


Ekunye noomasipala abakufutshane kunye neNdawo yezoLawulo lweSithili yeSouth Cape (*South Cape District Management Area*) (*DMA*), uMasipala weSithili saseEden ngoyena masipala wesithili uza isibini ngobukhulu kwiPhondo leNtshona Koloni. Isithili sabelana ngemida yaso nabanye oomasipala besithili, oko kukuthi, i-Cacadu DM kwiPhondo laseMpuma Koloni, i-Overberg DM, i-Winelands DM naseCentral Karoo DM.

Ngowe-1996, i-9,6 yeepesenti yoluntu lwaseNtshona Koloni ihlala kuMasipala weSithili saseEden, olukhule lwaya kutsho kwi-10,1 leepesenti ngo-2001 kodwa kuqikelelwa ukuba luya kuhlala lungatshintshi kude kuyokuba ngo-2010. Intswela-ngqesho yingxaki kwaye iqapheleka kakhulu phakathi kwamabhinqa, abantsundu kwanolutsha, ngokukodwa eGeorge naseOudtshoorn. Iqondo lentswela-ngqesho nenani labahlali ababengangenisi mvuzo ngowe-2001 zizalathisi eziphambili zenqanaba lobuhlwempu kwiSithili sase-Eden[40]. UMasipala weSithili waseEden uneeklasta zamapolisa ezintathu, ekungabalulwa iGeorge, iGamaskop neOudtshoorn.

### 4.4.4.1 ISISHWANKATHELO SEE-PNP EZICHONGIWEYO ZIKAMASIPALA WESITHILI SASE-EDEN

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

IGRAFU 18: IZINTLU ZOLWAPHULO-MTHETHO OLUPHEZULU OLUFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI E-EDEN (II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)





Igrafu elapha ngentla ibonisa izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili ezaye zaqatshelwa luluntu eziphantsi kolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo yokuqala ngqa. Izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu kuMasipala weSithili saseEden **kukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), zizenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, kukubetha okuqhelekileyo, kukukhuthuza okuqhelekileyo nokubiwa kwezithuthi**.

40 www.capegateway.gov.za, Socio-economic profiles, Eden, Western Cape Treasury Department

## II) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIKHANKANYWA QHO E-EDEN

**IGRAFU 19: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZIZEZONA ZIKHANKANY QHO E-EDEN**
(II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)




Ngokwee-PNP ezichongiweyo zoluntu , Iintlobo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezintlanu ezizezona zikhankanywa qho kakhulu **bubundlobongela basekhaya**, **izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo**, **ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu**, **ukubetha okuqhelekileyo nokukhuthuza okuqhelekileyo**.


Nangona ukubulala kungaxhaphakanga kwesi sithili, kuye kwaqatshelwa njengezinye zezenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambilikwiindawo ezinjengeCalitsdorp, eDe Rust, KwaNonqaba, eKnysna kunye nasePacaltsdorp.

## III) IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Imiba yokunikezelwa kweenkonzo inxulumene naloo miba iphembelela ukunqongophala kokwenziwa kweenkonzo yiSAPS. Le miba ibandakanya imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zoncedo zamapolisa ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa asebupoliseni kwiCSC, intsebenziswano yeSAPS noluntu, iinkonzo zabacuphi nenkqubo yokukhuselwa kwamangqina ngokunjalo nokubonakala kwamapolisa kwanexesha elithathwa ngamapolisa ukuphendula kwezongxamiseko.

Le grafu ilapha ngezantsi ibonisa amanqanaba acingelwayo eendidi zokwenziwa kweenkonzo ezintandathu zokuqala ezikhankanywe apha ngentla kwanengxoxo yezi zinto ilandela igrafu.

IGRAFU 20: IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO E-EDEN




## IV) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZOLUNTU

Igrafu ibonakalisa ukuba uninzi lwabathathi-nxaxheba (77%) baqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zazingafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kwiindawo zoluntu lo gama kuphela (23%) abathathi-nxaxheba baqaphela ukuba ezi zibonelelo zazifanelekile. Abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba izithuthi zamapolisa azifumaneki ukunceda kwiindawo ezifunekayo kuzo. Ngenxa yomgama phakathi kwamacandelo, ixesha elithathwayo ukuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho zaqatshelwa kwakhona njengezinye zezithintelo ekwenzeni inkonzo. Ezinye iindawo namanye amacandelo zichazwa njengezinkulu kakhulu ngokunxulumene nezibonelelo ezabiweyo. Kwiindawo ezinezikhululo zamapolisa ezincinane ezixhomekeke kwizikhululo ezikhulu, kunzima kakhulu ukwenza ukuba amapolisa afike kwiimeko zolwaphulo-mthetho kwangethuba, ngenxa yokunqongophala kwezithuthi kwanabasebenzi.

## V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uluntu lwaye lwabuzwa ukuba ngaba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zisetyenziswa kakuhle na. Inani elaneleyo labathathi-nxaxheba (50%/50%) laphendula lincoma nangokungancomiyo.

Abathathi-nxaxheba abanoluvo lokuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle banoluvo lokuba amagosa asebupoliseni asebenzisa izithuthi kakubi. Amanye amagosa asebupoliseni kutyholwa ukuba afunyanwa kwiindawo ezinganxulumananga nomsebenzi kwaye akazihoyi izimangalo zoluntu. Kwezinye iindawo amagosa asebupoliseni asebenzisa amagunya awo gwenxa kwaye akrwada xa ethetha noluntu.

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uluntu lwaphendula ngokunxulumene nokuba ngaba uluntu lubona onele amagosa amagosa asebupoliseni anceda uluntu kwiZiko leNkonzo yoLuntu (*Community Service Centre*) (*CSC*). Isininzi sabathathi-nxaxheba (64%) bachaza ngokungavumelaniyo bona abangama-36% banoluvo lokuba akukho magosa amapolisa aneleyo kwiCSC.

Abathathi-nxaxheba bacebisa, phakathi kwezinye izinto, ukuba amagosa asebupoliseni afanele ukuphendula ifoni ngoko nangoko, amagosa asebupoliseni afanele ukuchubeka abe nobubele kwaye kufuneka kufakwe amapolisa angaphezulu edyutini ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo kwi-CSC.

#### A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Isininzi sabathathi-nxaxheba (73%) sachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC achubekile aluncedo kuluntu baze abangama-27% banoluvo oluphikisayo. Oku kwenzeka ngaphandle koluvo lwabo abanalo lokuba kukho ukunqongophala kubasebenzi nakwezinye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa indlela iinkonzo zamapolisa ezenzelwa ngayo uluntu nokuphumeza ukwakha ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Amashumi amahlanu anesithandathu (56%) abathathi-nxaxheba achaza ukuba onelisekile ezinikezelwa ngabacuphi abangama-44% abanelisekanga. Abathathi-nxaxheba bachaza ukuba abacuphi baphanda izenzo zolwaphulo-mthetho ngendlela eyonelisayo, nangona beqeshwe bambalwa, kodwa benza konke okusemandleni abo ukuqinisekisa ukuba izaphula-mthetho zivalelwa ngaphaya kwezitshixo. Kwelinye icala, abathathi-nxaxheba (44%) abanganelisekanga babanga ukuba abacuphi ababoneleli ngengxelo kubamangali, akukho misebenzi yophando yenziwa ngobunono ekhokelela ekunyukeni kwamaqondo okubamba abaphuli-mthetho kwaye bathatha ixesha elide kakhulu ukusombulula amatyala ngenxa yokuba semva kokwenziwa komsebenzi.


Kukho umlinganiselo othile wobunzima ekucazululeni ngokuchanekileyo indlela abathathi-nxaxheba abaneliseke ngayo ziinkonzo ekubonelelwe ngazo, kuba zinokuphenjelelwa ziziphumo zamatyala. Ezinye iingcebiso, umzekelo, ezimalunga nokunokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo zazisekunciphiseni umsebenzi othwelwe ngabacuphi, ukubonelela abacuphi ngezibonelelo zoncedo noqeqesho olungaphezulu lungaphuwucula umsebenzi wabo wezophando.

### VIII) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Isininzi (49%) sabathathi-nxaxheba abazi nokuba ngaba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile, ama-31% anoluvo lokuba bakhuselekile lo gama ama-20% enoluvo lokuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselekanga konke. Oku kuphikisana ekuqondeni inkonzo yokukhusela amapolisa abonelela ngayo kumangqina, kuthetha ukuba kusenokubakho ukunqongophala kokuthemba inkaubo ncakasana yokuchazwa kwezenzo zolwaphulo-mthetho kwindawo yokuqala kunye ngokunjalo nokunqongophala kokulindelekileyo okuyinkxaso, ukulandelela nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe kuluntu olo.

## XI) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Ukusekwa kwe-CPF kwakwenzelwe ukuphucula ubudlelane phakathi kwamapolisa noluntu nokwenza ukuba amapolisa aphendule ngaphezulu kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolo luntu kufuneka ibe negalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekwabiweni kwezibonelelo zoncedo zaso yiSAPS.





Bathi bakubuzwa ukuba i-CPF yendawo yabo yabonelela na ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, ama-30% achaza ukuba bakwenza oko lo gama ama-29% aphendula ukuba i-CPF ayikwenzi oko kwaye isininzi (41%) asazi nokuba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa.

Bathi bakubuzwa ukuba i-CPF yazenza na iingcebiso kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngawo ngamapolisa, isininzi sabantu (44%) sachaza ukuba benjenjalo, ama-29% akenjenjalo baze abangama-27% abazi nto konke.

## 4.4.5 UMASIPALA WESITHILI SASE-OVERBERG

### 4.4.5.1 ISISHWANKATHELO SEE-PNP EZICHONGIWEYO ZIKAMASIPALA WESITHILI SASE-OVERBERG


#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI




Le grafu ingentla ibonіswa izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili ezaqatshelwa luluntu phantsi kolwaphulo-mthetho olusekuqaleni oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili. Izenzo zolwaphulo-mthetho oluphezulu lukaMasipala weSithili waseOverberg **kukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*)**, **izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo**, **ukubetha okuqhelekileyo**, **ukukhuthuza okuqhelekileyo**, **nobundlobongela basekhaya**.

#### II) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZAZIKHANKANYWA QHO KAKHULU KWI-OVERBERG

IGRAFU 23: IINTLOBO ZEZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI EZAZIKHANK/ QHO KAKHULU KWI-OVERVERG (KWII-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)





NgokweePNP ezichongiweyo zoluntu, lintlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili eziphezulu ezintlanu ezizezona zikhankanywa qho **kukuqhekeza kwiindawo ezihlala abantu**, **ukubetha ngenjongo yokonzakalisa**, **ubundlobongela**

## III) IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Imiba ngezokwenziwa kweenkonzo ibhekiselele kuloo miba iphembelela ukunqongophala kokwenziwa kweenkonzo yi-SAPS. Le ibandakanya imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zoncedo zamapolisa ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa asebupoliseni kwi-CSC, intsebenziswano yeSAPS noluntu, iinkonzo zabacuphi kwanenkqubo yokukhuselwa kwamangqina ngokunjalo nokubonakala kwamapolisa kwanexesha elithathwa ngamapolisa kwezomgxamiseko.

Le grafu ingezantsi icacisa amanqanaba acingelwayo eendidi zokwenziwa kweenkonzo ezokuqala ezintandathu ezikhankanywe ngentla kwanengxoxo yezi zinto ilandela igrafu.

**IGRAFU 24: IMIBA YOKUNIKEZELWA KWEENKONZO E-OVERBERG**




## IV) UKUFANELEKA KOOVIMBA BEZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Le grafu ibonisa ukuba isininzi sabathathi-nxaxheba (62%) saqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zazingafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu lo gama ama-38% abathathi-nxaxheba baqaphela ukuba ezi zibonelelo zoncedo bezifanelekile.

## V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uluntu lwabuzwa ukuba ngaba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zisetyenziswa kakuhle na. Isininzi sabathathi-nxaxheba (60%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa kakuhle. Kuphela ngama-40% abathathi-nxaxheba abavakalise ukungahambelani noko.

## VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uluntu lwaphendula malunga nokuba ngaba amalungu acinga ukuba kufuneka kubekho

amagosa asebupoliseni aneleyo anceda abantu kwiZiko leNkonzo yoLuntu (*Community Service Centre*) (*CSC*). Isininzi esingaphezulwana sabathathi-nxaxheba (52%) savakalisa ukuba asicingi ukuba kwakukho amagosa asebupoliseni aneleyo ancedisa abantu kwi-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Kulo mhlathi ungentla, kusengabonakala ukuba isininzi sabathathi-nxaxheba (76%) kwabonisa ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwiCSC achubekile kwaye aluncedo kuluntu. Oku kuyenzeka ngaphandle kokucingela ukunqongophala kwoovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqatshelwa indlela iinkonzo zamapolisa ezibonelelwa ngayo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) INKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Isininzi sabathathi-nxaxheba (61%) sabonakalisa ukuba sanelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi.

Kukho umlinganiselo othile wobunzima ekucazululeni ngokuchanekileyo indlela abathathi-nxaxheba abaneliseke ngayo ziinkonzo kuba basenokuphenjelelwa ziziphumo zamatyala. Ezinye iingcebiso, umzekelo, malunga nokunokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, yayikukuqesha abacuphi abanobuchule ngaphezulu kwanokuba kufanele kubonelelwe ngezibonelelo zokusebenza ezingaphezulu kubacuphi ukuphucula imisebenzi yabo yophando. ISt Helena Bay yafumana amanqaku angcono ngokucingelwa ukuba sisikhululo apho abacuphi babonelela ngeenkonzo ngokwanelisayo khona.

### VIII) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Amashumi amabini anesine eepesenti abathathi-nxaxheba (24%) acinga ukuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile. Nakuba kunjalo, ama-23% ayengazi ukuba ngaba amapolisa ayawakhusela amangqina, lo gama ama-53 abathathi-nxaxheba ayecinga ukuba amapolisa akazange awakhusele amangqina konke. Oku kungangqinelani ekuqondeni inkonzo yokukhusela amapolisa abonelela ngayo kumangqina kuthetha ukuba kusenokwenzeka ukuba kukho ukunqaba kokuthembela kwindlela yokuchaza ncakasana izenzo zolwaphulo-mthetho kwindawo yokuqala ngokunjalo nokunqaba kokulindeleka kwenkxaso, ukulandelela nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthethi ezenziwe kuluntu. Ukungabi nalwazi ngokukhuseleka amapolisa abonelela ngalo kumangqina olwaphulo-mthetho ngomnye umba owabangela ukuba baphendule ukuba abazi kodwa eminye, imiba engathandekiyo ngaphezulu, kucebisa ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ukuba amapolisa akathembakalanga okanye banengqondo yokungawakhathaleli amangqina.

### IX) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

**ITHEBHILE 12: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA E-OVERBERG**

| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji[42] |
|---|---|---|---|
| 1. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini | 42 | 32 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli ebusuku | 48 | 36 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 95 | 72 |

Le thebhile ingentla icacisa ngeempendulo zoluntu xa babebuzwa ngokunokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo zabo. Isininzi (72%) saqaphela ukuba ukwandiswa kweepatroli zasemini nasebusuku ziza kwandisa ukubonakala kwamapolisa. Imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' yanikwa ingqwalaselo ngabathathi-nxaxheba abangama-58% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Amashumi amahlanu anesibhozo eepesenti (58%) baqaphela ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa owenziwa ngokwamacandelo njengenye yeendlela zokuphucula ukubonakala kwamapolisa.


## X) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji |
|---|---|---|---|
| 1. | 5-10 imizuzu | 95 | 74 |
| 2. | 10-15 imizuzu | 19 | 15 |
| 3. | 15-20 imizuzu | 12 | 9 |
| 4. | 20-30 imizuzu | 1 | 1 |
| 5. | 30-60 imizuzu | 2 | 1 |
| Iyonke | | 129 | 100 |

Ukunceda kwezongxamiseko, isininzi esicacileyo soluntu (73.6) sibonisa imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo elinokuthathwa ngamapolisa ukuphendula kwezongxamiseko baze abali-14.7% banoluvo lokuba amapolisa afanele ukuphendula kungadlulwanga kwi-15 lemizuzu kwezongxamiseko. Iingcebiso zexesha elingcono elifanele ukuthathwa ngamapolisa zazibandakanya ukwandiswa kwenani leemoto zamapolisa nokwandisa ukubonakala kwamapolisa.

## XI) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

IGRAFU 25: IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA E-OVERBERG



Ukusekwa kwe-CPF kwakwenzelwe ukuphucula ubudlelane bamapolisa noluntu nokwenza ukuba amapolisa aphendule ngaphezulu kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolo luntu mayibe negalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekwabiweni kwezibonelelo zoncedo yiSAPS.

Bathi bakubuzwa ukuba ngaba i-CPF yendawo yabo yabonelela ngegalelo kwisicwangciso sezikhululo zamapolisa, ama-62% achaza ukuba aye enjenjalo lo gama i-5% yaphendula ukuba i-CPF ayiboneleli ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo nakwisininzi (33%) asazi nto.

Bathi bakubuzwa ukuba ngaba i-CPF yafaka igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezaye zabiwa ngayo ngamapolisa, isininzi samalungu (55%) savakalisa ukuba senjenjalo, i-9% ayenjenjalo kwaye ama-36% akazi nokuba ngaba bayazi ukuba i-CPF ifaka igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngay kwiindawo zabo.


## 4.4.6 UMASIPALA WESITHILI SASE-WEST COAST

ISithili saseWest Coast sibandakanya iiklasta ezimbini, ezizezi, iVredendal neVredenburg. Ukongeza, izikhululo zamapolisa ezingama-25 eziphantsi kwesi sithili, iMalmesbury neRiebeeck West ziwa phantsi kweKlasta yePaarl nePorterville, ewa phantsi kweKlasta yeCeres. Zombini ezi klasta zijongisisiwe kucazululo lwezithili zeSithili sikaMasipala saseCape Winelands, efumaneka kwimida yeSithili saseWest Coast.

### 4.4.6.1 ISISHWANKATHELO SEE-PNP EZICHONGIWEYO ZIKAMASIPALA WASE-COAST COAST

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**IGRAFU 26: IINTLOBO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI ZASEWEST (II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU)**




Le grafu ingentla ibonisa izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambiliezaqatshelwa ngabathathi-nxaxheba boluntu abakhonzwa zizikhululo zamapolisa ezikumda wesithili sikaMasipala waseWest Coast. Izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambilikwesi sithili **kukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*), izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, ukubetha okuqhelekileyo, ubundlobongela basekhaya nokubulala.**

Imiba yokunikezelwa kweenkonzo inxulumene naloo miba iphembelela ukuncipha kokwenziwa kweenkonzo yi-SAPS. Le ibandakanya imibuzo enxulumene nokufaneleka kwezibonelelo zoncedo zamapolisa ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu, Ukusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, inani lamagosa asebupoliseni kwi-CSC, intsebenziswano ye-SAPS noluntu, iinkonzo zabacuphi nenkqubo yokukhusela amangqina ngokunjalo nokubonakala kwanexesha elithathwa ngamapolisa ukuphendula kwezongxamiseko.

Le grafu ibonisa amanqanaba acingelwayo eendidi zokwenziwa kweenkonzo ezintandathu zokuqala ezikhankanywe ngentla kwanengxoxo malunga nezi grafu zilandelayo.

### III) UKUFANELEKA KOOVIMBA BEZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Le grafu ibonisa ukuba isininzi (62%) sabathathi-nxaxheba saqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zazingafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu lo gama kuphela ingama-38% abathathi-nxaxheba abaqaphela ukuba ezi zibonelelo zoncedo zazifanelekile.

### V) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uluntu lwabuza ukuba ngaba izibonelelo zamapolisa zisetyenziswa kakuhle na. Isininzi sabathathi-nxaxheba (69%) sachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zisetyenziswa kakuhle. Kuphela ngama-31% abathathi-nxaxheba achaza ukuba ezi zibonelelo zoncedo azisetyenziswa kakuhle.

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uluntu lwaphendula ngokumalunga nokuba ngaba uluntu lucinga ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo ancedisa amapolisa kwiZiko leNkonzo yoLuntu (*Community Service Centre*) (*CSC*). Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sachaza ukuba akakho saza esinye isiqingatha (50%) sanoluvo lokuba akukho magosa amapolisa aneleyo

#### (A) UKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Kule grafu ingezantsi, kungabonakala ukuba isininzi sabathathi-nxaxheba (86%) sabonisa ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC ayechubekile eluncedo eluntwini kwi-CSC. Oku kunjalo ngaphandle kwengcamango abanayo yokunqongophala kwezibonelelo zoncedo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa indlela iinkonzo zamapolisa ezibonelelwa ngayo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

### VII) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isininzi sabathathi-nxaxheba (78%) babonisa ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Kukho umlinganiselo othile wobunzima ekucazululeni ngokuchanekileyo indlela abathathi-nxaxheba abaneliseka ngayo ziinkonzo kuba basengaphenjelelwa ziziphumo zamatyala. Ezinye iingcebiso, umzekelo, malunga nokunokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo yayikukuba kuqeshwe abacuphi abanezakhono ezingaphezulu kwanokuba oovimba abazizibonelelo kufanele kubonelelwe ngazo kubacuphi abaza kuzisebenzisa ukuphucula imisebenzi yophando yabo.

### VIII) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Kuqapheleka ukuba ama-49% abathathi-nxaxheba babengazi ukuba amangqina kwizenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile. Nakuba kunjalo, ama-44% abesazi ukuba amapolisa ayawakhusela amangqina, lo gama i-16% labathathi-nxaxheba lalicinga ukuba amapolisa akazange awakhusele amangqina.

Le mpikiswano ekuqondeni inkonzo yokukhusela amapolisa abonelela ngayo kumangqina, kuthetha ukuba kusenokubakho ukunqongophala kokuthemba inkqubo ncakasana yokuchazwa kwezenzo zolwaphulo-mthetho kwindawo yokuqala kunye ngokunjalo nokunqongophala kokulindelekileyo okuyinkxaso, ukulandelela nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe kuluntu olo. Ukungabi nalwazi ngokhuseleko amapolisa abonelela ngalo kumangqina olwaphulo ngomnye umba obangela ukuba abathathi-nxaxheba baphendula ukuba abazi, ibonisa ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ukuba amapolisa akathembakalanga okanye anengqondo engakhathaliyo ngokubhekiselele kumangqina.

## IX) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

| ITHEBHILE 14: UKUBONAKALA KWAMAPOLISA E-WEST COAST | | | |
|---|---|---|---|
| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji[43] |
| 1. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini | 54 | 29 |
| 2. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 76 | 41 |
| 3. | Amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 112 | 61 |
| 4. | Imisebenzi yokumisa kusetshwe emininzi eyenzeka kwindawo leyo | 96 | 52 |
| 5. | Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa owenziwa ngokwamacandelo kwindawo leyo | 86 | 47 |

Le thebhile ingentla apha icacisa ngeempendulo zoluntu xa lwalubuzwa ukuba “yintoni enokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwamapolisa endaweni”. Isininzi soluntu (61%), sachaza ukuba iipatroli zamapolisa ezininzi emini nasebusuku zingakuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo zabo. Amashumi amane ananye eepesenti (52%) anoluvo lokuba imisebenzi ‘yokumisa kusetshwe endaweni kufanele ukuba kwenziwe. Amashumi amane eepesenti (47%) abathathi-nxaxheba anoluvo lokuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa ngokwamacandelo ufanele ukwenziwa ukunciphisa ulwaphulo-mthetho kwiindawo zabo.

## W) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA YONGXAMISEKO

Ukunceda kwimeko yongxamiseko, isininzi esicacileyo (65%) soluntu sachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo elinokuthathwa ngamapolisa ukuphendula bona abangama-21% babe noluvo lokuba amapolisa afanele ukuphendula ingadlulanga imizuzu eli-15 kwiimeko zongxamiseko. Abashiyekileyo abali-14% bachaza ukuba amapolisa asenokuthatha ukusuka kwimizuzu engama-20 ukuya kwiyure ukuphendula kwiimeko zongxamiseko zolwaphulo-mthetho.

Abathathi-nxaxheba (82%) banoluvo lokuba ukwandisa ukubonakala kwamapolisa okanye iipatroli kwiindawo zabo nokwandisa iimoto zamapolisa (47%) kungaphucula amaxesha athathwa ngamapolisa ukuphendula kumakhwelo oncedo. Njengecebiso abo bathathi-nxaxheba bachaza iipatroli kuhanjwa ngeenyawo, ezeebhayisekile nezamahashe zingasebenza kakuhle kakhulu kuneepatroli ezenziwa ngeemoto. Ngaphezulu, amagosa asebupoliseni amaninzi neemoto zifanele ukuthunyelwa ukuba ziyokupatrola kwiindawo ekuxhaphake ulwaphulo-mthetho kakhulu, ezinjengeendlela eziya kwiishibhini, kwiindlela ezihamba izithuthi zikawonkewonke, njl. njl.


43 Inxenye yabathathi-nxaxheba yakhetha udidi lokwenziwa kweenkonzo olungaphezulu kwisinye oko kuthetha ukuba xa zizonke iipesenteji azisayi

| ITHEBHILE 15: IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA | | | |
|---|---|---|---|
| Inani | Iimpendulo | Ukuphinda-phinda | Ipesenteji |
| 1. | 5-10 imizuzu | 117 | 65 |
| 2. | 10-15 imizuzu | 37 | 21 |
| 3. | 15-20 imizuzu | 17 | 10 |
| 4. | 20-30 imizuzu | 2 | 1 |
| 5. | 30-60 imizuzu | 6 | 3 |
| Itotali | | 179 | 100 |

## XI) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Ukusekwa kwe-CPF kwakwenzelwe ukuphucula ubudlelane phakathi koluntu namapolisa nokwenza amapolisa ukuba aphendule kakhulu kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolo luntu kufuneka ibonelele ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nakulwabiwo lwezibonelelo zoncedo zayo yi-SAPS.

IGRAFU 29: IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA KUMASIPALA WESITHILI SASEWEST COAST




Bathi bakubuzwa ukuba ngaba i-CPF kwindawo yabo yabonelela ngegalelo na kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, ama-50% achaza ukuba enjenjalo, i-6% sachaza ukuba asizange senjenjalo lo gama ama-44% aphendula ukuba awazi nto. Xa babuzwa ukuba ngaba i-CPF yafaka igalelo na kwindlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa, ama-46% abathathi-nxaxheba achaza ukuba enjenjalo, i-12% yachaza ukuba ayazi baze abangama-41% athi awazi nto.

## 4.5 UKUCAZULULWA KWEE-PNP ZEEKLASTA ZAMAPOLISA

### 4.5.1 IIKLASTA ZAMAPOLISA ZASECAPE WINELANDS

#### 4.5.1.1 IKLASTA YAMAPOLISA YASECERES

IKlasta yamaPolisa aseCeres ibandakanya izikhululo zamapolisa ezithandathu, ezizezi, iCeres, iPorterville, iPrince Alfred’s Hamlet, iSaron, iTulbagh naseWolseley. Zonke ii-CPF zathatha inxaxheba kwiisaveyi zee-PNP.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 16: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASECERES (IIMBONO ZOLUNTUI)**

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **Ceres** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |
| **Prince Alfred Hamlet** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubulala | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo zamashishini |
| **Saron** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya, ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |
| **Tulbagh** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |
| **Wolseley** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubulala | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |

Iziphumo zesaveyi zeKlasta yaseCeres zichaza ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GBH*) njengolwaphulo-mthetho lokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili kwiindawo zonke zale klasta. Ukubulala kwaqatshelwa njengesinye sezenzo zolwaphulo-mthetho esibalulekileyo eCeres naseWolseley. ICeres yaqatshelwa njengenye yeendawo kwiindawo ezilishumi elinambini ekuxhaphake kakhulu kuzo izenzo zokubukulwa kwabemi bamanye amazwe (*xenophobic hotspots*)[44] kwiphondo, nakuba kunjalo, abathathi-nxaxheba abazange baqaphele izenzo zokubukulwa kwabemi bamanye amazwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

#### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA BEZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Isininzi (68%) sabathathi-nxaxheba beklasta yamapolisa aseCeres sachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zazingafanelekanga ukusombulula ulwaphulo-mthetho kuluntu, lo gama ama-32% yabathathi-nxaxheba yayivakalelwa ukuba ezi zibonelelo zoncedo zazifanelekile.

Bonke abathathi-nxaxheba basePrince Alfred Hamlet (100%) naseTulbagh (100%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zabo zazingafanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Indawo apho isininzi sabathathi-nxaxheba sachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zazifanelekile khona yiWolseley (63%).

2 Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence in the Western Cape, 8 July 2010 unpublished

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) lwachaza ukuba izibonelelo zabo zisetyenziswa kakuhle aza ama-36% abathathi-nxaxheba achaza ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa azisetyenziswa kakuhle. Bonke abathathi-nxaxheba eTulbagh (100%) bachaza ukuba izibonelelo zisetyenzisw kakuhle lo gama abathathi-nxaxheba baseWolseley (67%) bachaza okungangqinelaniyo noko.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (80%) sachaza ukuba mancinane kakhulu amagosa asebupoliseni anceda abantu kwi-CSC baza abangama-20% bachaza ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo kwiiCSC. Isininzi sabathathi-nxaxheba eTulbagh (100%) naseWolseley (89%) bachaza ukuba akukho amagosa asebupoliseni aneleyo kwii-CSC kanti eSaron isininzi (84%) sachaza ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Isininzi (91%) sabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa eCeres sachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwiCSC achubekile aluncedo baza abasi-9% bachaza ukuba amagosa asebupoliseni akachubekanga kwaye engeloncedo. Oku kunjalo ngaphandle kokuba beqonda ukunqongophala kwabasebenzi kwanezinye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa indlela iinkonzo zamapolisa ezibonelelwa ngayo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu. Isininzi sabathathi-nxaxheb kwizikhululo zamapolisa siyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwiiCSC aluncedo eluntwini.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isininzi sabathathi-nxaxheba (56%) bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi baza abangama-44% abaneliseka ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Isininzi sabathathi-nxaxheba eWolseley (88%) naseSaron (88%) bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. EPrince Alfred Hamlet (84%) isininzi sabathathi-nxaxheba bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Isininzi (41%) sabathathi-nxaxheba bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile, lo gama (40%) bachaza ukuba abazi nto baza abali-19% bacinga ukuba abakhuselekanga. Isininzi sabathathi-nxaxheba eTulbagh (100%) bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eWolseley bachaza ukuba abazi nokuba amangqina akhuselekile na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Ngokuphathelele ekubonakaleni kwamapolisa, isininzi sabathathi-nxaxheba (76%) bachaza ukuba iipatroli ezininzi zifanele ukuqhutywa emini baza abangama-56% bachaza ukuba iipatroli ezininzi zifanele ukuqhutywa emini nasebusuku. Isininzi sabathathi-nxaxheba baseTulbagh (100%) naseWolseley (89%) bacela ukuba kubekho iipatroli ezininzi emini nasebusuku. Imisebenzi emininzi 'yokumisa kusetshwe' yathathwa ngabangama-63% njengeluncedo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. ETulbagh (100%) nasePrince Alfred Hamlet (86%) abathathi-nxaxheba bachaza ukuba imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' zifanele ukuqhutywa.

Ukuphunyezwa komsebenzi wobupolisa wamacandelo kwathathwa ngama-59% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba baseTulbagh (88%) nasePrince Afred Hamlet (72%) bacebisa ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa wamacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA ELIFANELE UKUTHATHWA NGAMAPOLISA UKUPHENDULA KWIMEKO YONGXAMISEKO

Ukunceda kwimeko yongxamiseko, isininzi (60%) soluntu bachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama (29%) bavakalelwa ukuba imizuzu eli-10-15 yayamkelekile kwimeko yezongxamiseko baze abanye abali-12% bachaza ukuba imizuzu engaphezulu kwe-15-20 yamkelekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eTulbagh (100%) bachaza ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha lokuphendula kwamapolisa kulwaphulo-mthetho elamkelekileyo.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Isininzi sabathathi-nxaxheba (62%) bachaza ukuba abazi nokuba iiCPF zifaka igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama ama-25% achaza ukuba senjenjalo baza abali-13% abafaka galelo kwizicwangciso zesikhululo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eSaron (73%) sachaza ukuba sibonelela ngegalelo kwizicwangciso zesikhululo.

Isininzi sabathathi-nxaxheba (58%) sachaza ukuba asazi nokuba ii-CPF zenza igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo zawo, lo gama ama-31% achaza ukuba enjenjalo baza abali-13% bachaza ukuba akenjenjalo.

## X) AMAVANDLAKANYA ANGAPHEZULU NGOKUPHATHELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASECERES

**ECeres** abathathi-nxaxheba bachaza imfuneko yokuba i-CPF namapolisa asebenzisane ekulweni ulwaphulo-mthetho kwindawo leyo ngokunjalo nemfuneko yokuqesha igosa lamapolisa eliphezulu kwiSikhululo samaPolisa saseCeres.

Abathathi-nxaxheba **eSaron** bachaza imfuneko yokumanya imisebenzi ye-CPF neyamapolisa. Kucelwa ukuba amapolisa andise ‘ukubonakala’ nokubandakanyeka kwabo kuluntu lwabo. Ngaphezulu, ukubonelela i-CPF ngabasebenzi abaninzi kubonwa njengendlela yokuncedisa ekuthinteleni ulwaphulo-mthetho kwindawo leyo. Oovimba abazizibonelelo ziqatshelwa njengesezaphelelwa lixesha kwaye kukho imfuneko engaphezulu yamagosa asebupoliseni amaninzi kwiSikhululo samaPolisa saseSaron.

**EWolseley**, abathathi-nxaxheba baqaphela ngokukodwa ukunqongophala kwezithuthi zamapolisa, bechaza ukuba izithuthi zamapolisa zazisoloko zingafumaneki amatyeli amaninzi ukuphendula xa ebiziwe ukuba asabele nasekuphandeni izenzo zolwaphulo-mthetho. Ukongeza, ukubonakala kwamapolisa kwacelwa ukuba kwande.

Abathathi-nxaxheba **baseTulbagh** bakhankanya ukunqongophala kwezithuthi zamapolisa nesiphumo soku esinako kuthintelo lolwaphulo-mthetho. Abathathi-nxaxheba baqaphela imfuneko yokuba amapolisa abonelele uluntu ngoncedo oluninzi.

**EPrince Albert Hamlet**, abathathi-nxaxheba baqaphela ukunqongophala kwabasebenzi bamapolisa ngenxa yobukhulu bendawo isikhululo esibonelela ngenkonzo kuyo. Ngenxa yoku, amagosa asebupoliseni asoloko engafumaneki ukuba asabele ngaloo ndlela nokubonakala kwamapolisa kuncinane.

### 4.5.1.2 IKLASTA YAMAPOLISA YASEPAARL

IKlasta yamaPolisa yasePaarl yezikhululo zamapolisa ezisixhenxe, ezizezi, iMalmesbury, iMbekweni, iPaarl, iPaarl East, iPhiladelphia, iRiebeeck West neWellington. Zonke iiCPF zathatha inxaxheba kwisaveyi zeePNP.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 17: II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU ZEKLASTA YASEPAARL**

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **Mbekweni** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |
| **Paarl** | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya, ukubulala, ukukhuthuza kuxhotyiwe, ubusela bezithuthi | Ukubiwa kwezinto kwizithuthi | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, ukuba okuqhelekileyo, ukubiwa kwemfuyo |
| **Paarl East** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |
| **Philadelphia** | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ubusela obuqhelekileyo |
| **Wellington** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo, Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwezinto kwizithuthi | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |

Iziphumo zesaveyi zeKlasta yasePaarl zicacisa ukuba **ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault to do grievous bodily harm*), ukukhuthuzwa okuqhelekileyo nezenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo** lulwaphulo-mthetho lokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili kwindawo leyo. IMbekweni neWellington zaqatshelwa njengezinye zeendawo ezilishumi elinambini ekuxhaphake kakhulu kuzo ukubukulwa kwabemi bamanye amazwe[45] kwiphondo, nakuba kunjalo, abathathi-nxaxheba abaqaphelanga kubukulwa kwabemi bamanye amazwe njengolwaphulo-mthetho oluphezulu olufuna ingqwalaselo ephambili.

### II) UKUFANELEKA KWEZIBONELELO ZONCEDO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KULUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (54%) seklasta yamapolisa yasePaarl saqaphela ukuba oovimba abazizibonelelo zabo zifanelekile ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eMalmesbury (100%), nasePaarl (75%) sabonisa ukuba oovimba

abazizibonelelo zabo zifanelekile ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eMalmesbury (100%), nasePaarl (75%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azifanelekanga kwizikhululo zamapolisa zabo.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Isininzi sabathathi-nxaxheba (60%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle baza abathathi-nxaxheba abangama-40% bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zisetyenziswa kakuhle. Isininzi sabathathi-nxaxheba eMbekweni (71%), babonisa ukuba oovimba abazizibonelelo zisetyenziswa kakuhle lo gama abathathi-nxaxheba eMalmesbury (100%), ePaarl East (100%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle.

M) Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence in the Western Cape, 8 July 2010 unpublished

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (56%) sachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo anceda abantu kwi-CSC baze abangama-44% bachaza ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo kwii-CSC. Isininzi sabathathi-nxaxheba baseMbekweni (71%) bachaza ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo kwii-CSC lo gama isininzi sabathathi-nxaxheba eWellington (87%) singavumelani noko.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Isininzi (55%) sabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa yasePaarl bachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC achubekile eluncedo baza abangama-45% bachaza ukuba amagosa asebupoliseni akachubekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka ngolu hlobo kungaqatshelwanga kunqongophala kwabasebenzi kwanezibonelelo zoncedo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqatshelwa indlela iinkonzo zamapolisa ekubonelelwa ngazo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu. Isininzi sabathathi-nxaxheba basePhiladelphia (100%) nabasePaarl (75%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwiiCSC achubekile kwaye eluncedo kuluntu kodwa isininzi sabathathi-nxaxheba eMalmesbury (75%) naseMbekweni (71%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akachubekanga kwaye engeloncedo kuluntu.

## V) IINKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sachaza ukuba sanelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi saza esinye isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) asaneliseka. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePhiladelphia (100%) bachaza ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Isininzi sabathathi-nxaxheba eMalmesbury (100%) nasePaarl (75%) bachaza ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELEKA KWAMANGQINA

Isininzi (51%) sabathathi-nxaxheba bachaza ukuba abazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile na, lo gama ama-38% abathathi-nxaxheba bachaza ukuba akakhuselekanga baza abali-11% bachaza ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePhiladelphia (100%) bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina ezolwaphulo-mthetho akakhuselekanga.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Isininzi sabathathi-nxaxheba (72%) bachaza ukuba iipatroli zifanele ukuqhutywa emini nasebusuku. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePhiladelphia (100%), eMalmesbury (80%) nasePaarl East (80%) bacela iipatroli zamapolisa ezininzi emini nasebusuku. Imisebenzi ‘yokumisa kusetshwe’ ithathwa ngabathathi-nxaxheba abangama-64% njengeluncedo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePaarl East (100%) naseWellington (75%) bacela imisebenzi ‘yokumisa kusetshwe’ eyongeziweyo. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kwathathwa ngabangama-69% babathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba eRiebeeck West (86%) naseMalmesbury (80%) sacebisa ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA ELIFANELE UKUTHATHWA NGAMAPOLISA UKUPHENDULA KWIMEKO YONGXAMISEKO

Ukunceda kwimeko yongxamiseko, isininzi soluntu (62%) bachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha lokuphendula ekufaneleke ukuba amapolisa ayalithatha lo gama ama-28% achaza ukuba imizuzu eli-10-15 yayamkelekile njengexesha lokuphendula elinokuthathwa kwimeko yezongxamiseko, baza abali-10% bachaza imizuzu eli-15-20 njengexesha lokuphendula elifanelekileyo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eMalmesbury (100%), ePaarl (100%) naseMbekweni (71%) bachaza ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha lokuphendula elifanelekileyo lamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Isininzi sabathathi-nxaxheba eRiebeeck West (71%) bachaza imizuzu eli-10-15 njengexesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Isininzi (54%) sabathathi-nxaxheba bachaza ukuba abazi nokuba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa, lo gama ama-36% achaza ukuba benjenjalo i-10% laphendula ukuba aliboneleli ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePhiladelphia sachaza ukuba i-CPF ibonelela ngegalelo lo gama eRiebeeck West bonke abathathi-nxaxheba bachaza ukuba abazi nokuba i-CPF iyabonelela na ngegalelo.

Isininzi sabathathi-nxaxheba (46%) sachaza ukuba asazi nokuba ii-CPF zinika igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo zabo, lo gama ama-39% achaza ukuba benjenjalo baza abali-15% bachaza ukuba ababoneleli ngegalelo. Isininzi sabathathi-nxaxheba ePhiladelphia (100%) sachaza ukuba ii-CPF ziyalenza igalelo, lo gama abathathi-nxaxheba eMalmesbury bebanga ukungabi nalwazi ngeCPF eyenza igalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo kwindawo yabo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO ABHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEPAARL

Abahlali **baseMbekweni** bakhankanya iziyobisi njengento exhalabisa ngokukodwa kwindawo leyo. Abahlali babeneliseke kakhulu yindlela yokubonakala kwamapolisa kwindawo yabo kwaye benoluvo lokuba iipatroli zenziwa ngendlela eyamkelekileyo. Bakholelwa ekubeni ingqwalaselo yamapolisa engaphezulu ifuneka kwiCandelo (*Sector*) 3 nasematyotyombeni. Lo gama babeziqonda iintlanganiso zaqho ngenyanga zoluntu, bayikhalazela inyaniso yokuba iiCPF zazinganikwa thuba lokunika igalelo kwizicwangciso zamapolisa zokwabiwa kwezibonelelo zoncedo. Uluntu lugxininisa ukubaluleka kwelinge elidibeneyo phakathi kwamapolisa noluntu ukulwa iingxaki ezinkulu ezinjengokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa.

**EPaarl** okwakuxhalabisa ngokukodwa kukubiwa kweekhebhile. Lo gama oku kungalulwaphulo-mthetho oluvamileyo, asilulo olo lukhankanywa qho kwezinye iiklasta. Abemi banoluvo lokuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zifanele ukusetyenziswa ngcono kwaye kufuneka kubekho ukubonakala kwamapolisa okuqaphelekayo ngawo onke amaxesha ukunceda ekulweni ulwaphulo-mthetho. Kukho uvakalelo lokuba abasebenzi abakumaziko oluntu bafanele ukuba bakwazi ukuthetha iilwimi ezongamileyo zendawo abakuyo ukwenzela ukuba babakhonze ngcono abo babenzela inkonzo babo. Uluntu lunoluvo lokuba ingqwalaselo eninzi mayinikwe kumsebenzi wamapolisa akwiindawo zasefama nasekuboneleleni ngezibonelelo zoncedo kakuhle. Ngokubhekiselele kumba kweendawo zokushishina ngeziyobisi makubekho ukunyanzeliswa okuthe gqolo kakhulu kwemithetho kamasipala.

Uluntu **lwasePaarl East** lwakhankanya izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, impatho-mbi kubantwana, noshishino lwesikrephu njengeenkalo ezixhalabisayo. Banoluvo ngokunjalo lokuba izithuthi zamapolisa azingqinelaniswa kakuhle nendawo abakuyo ekufuneka beyisebenzisile ukulwa ulwaphulo-mthetho. Iingcebiso zokulungisa oku zizicwangciso zokusetyenziswa kwezithuthuthu okanye izithuthi ezihamba kwiindawo ezingezondlela. Banoluvo lokuba amapolisa akanazibonelelo zoncedo zaneleyo kwaye bengasebenzisi zibonelelo zoncedo zifumanekayo kakuhle. Uluntu lwachaza njengento ebalulekileyo ukukhankanya ukuba abalivuyeli inqanaba lenkonzo ekubonelelwa ngabo ngabacuphi kwindawo leyo. Kukho ngokunjalo umnqweno wokuba indawo yaseChicago ukuba mayilawulwe ngqongqo kakhulu. Imvumelwano yeyokuba iCPF kule ndawo ayisebenzi kwaye ingagqibelelanga ekumeleni iimfuno zoluntu.

**EPhiladelphia** abahlali bachaze ukukhula kwengxaki yokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kwiindawo ezisemaphandleni. Bachaza ukunqaba kwengqwalaselo enikwa ngamapolisa kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezincinane ezinokubonwa njengezingenabuzaza kunolwaphulo-mthetho olunjengokubulala. Ezi zenzo zolwaphulo-mthetho zingenabuzaza kwakhona zisafuna ungenelelo loncedo lwamapolisa. Banoluvo lokuba oovimba abazizibonelelo zifanelekile ukulwa ulwaphulo-mthetho lwendawo baze bacebisa ukusetyenziswa kwezithuthi ze-4x4 ukunceda ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa zisetyenziswe kakuhle kakhulu. Lo gama abahlali bonwabe kakhulu ngeenkonzo zabacuphi, bavakalelwa ukuba ukuhlala uphaphile qho kwaye ukuthatha inxaxheba kuyafuneka. Indawo yaseKlipheuwel ikhankanywa njengendawo apho ubukho bamapolisa amaninzi bufuneka kakhulu. Uluntu lunoluvo lokuba lufanele ukubandakanyeka luthathe inxaxheba kwiinkqubo eziqhubeka kwindawo ekwenziwa khona umsebenzi wobupolisa. Nabo banoluvo lokuba amapolisa afanele ukuqwalasela izenzo zolwaphulo-mthetho lwasezindleleni xa epatrola njengoko indlela u-N7 ibangela iingozi ezinkulu kukhuseleko loluntu.

Isininzi sabathathi-nxaxheba base-CPF **baseWellington** abaxolanga kungalungeli kwezinto zokusebenza nabasebenzi bebutho lamapolisa, bechaza oku njengento edidekisayo ngokukhulayo ukuphumeza ezokhuseleko loluntu. Abahlali baqaphela ukuba ukubonakala kwamapolisa kufuneka kwande kuwo onke amacandelo ngokukodwa awesi-2 nawesi-3. Lo gama kukho ukuvuma ukuba iintlanganiso ziyabanjwa, akucacanga ukuba ngaba uluntu luvakalelwa njani malunga nokuba ubudlelane phakathi kwee-CPF namapolisa ikukukhuthaza ukukhuseleka ngokuyimpumelelo. Uluntu lunoluvo lokuba unxibelelwano olungcono luyafuneka phakathi kwe-CPF neSAPS. Lo gama kwiindawo ezininzi abahlali babecinga ukuba amapolisa afanele ukuqhuba oogqogqa abaninzi beeshibhini ezingekho semthethweni, eWellington kukho uvakalelo lokuba uluntu lunoxanduva lokugcina ezi zinto zingakhiwa kwindawo yabo ngenkxaso yamapolisa.

### 4.5.1.3 IKLASTA YAMAPOLISA YASESTELLENBOSCH

IKlasta yamaPolisa yaseStellenbosch ibandakanya izikhululo zamapolisa ezintlanu, ezizezi, iCloetesville, iFranschhoek, iGroot Drakenstein, iKlapmuts naseStellenbosch. Zonke ii-CPF zathatha inxaxheba kwisaveyi yeePNP.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO OLUPHEZULU OLUFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

ITHEBHILE 18: (IIMBONO ZOLUNTU) II-PNP EZICHONGIWEYO LULUNTU ZEKLASTA YASESTELLENBOSCH

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **Cloetsville** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |
| **Franschoek** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Groot Drakenstein** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukubiwa kwezithuthi | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |
| **Klapmuts** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **Stellenbosch** | Ukubulala, ukukhuthuza okuqhelekileyo, nokubiwa kwezithuthi | Ukuba izinto kwizithuthi | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Iziphumo zesaveyi zeKlasta yaseStellenbosch zichaza ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (GBH) njengolwaphulo-mthetho lokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili kuzo zonke iinkalo, ngaphandle kwesikhululo samapolisa saseStellenbosch apho ukubulala, ukukhuthuza okuqhelekileyo nokubiwa kwezithuthi zizenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili.

## II) UKUFANELEKA KWEZIBONELELO ZONCEDO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KULUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (78%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zazingafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu lo gama kuphela (22%) abathathi-nxaxheba baqaphela ukuba ezi zibonelelo zoncedo zazifanelekile. Zonke izikhululo zamapolisa zachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zazo zazingafanelekanga.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Isininzi sabathathi-nxaxheba (79%) bachaza ukuba ezi zibonelelo zoncedo azisetyenziswa kakuhle kwaye ama-21% abathathi-nxaxheba bathetha kakuhle. Isininzi sabathathi-nxaxheba eGroot Drakenstein (100%), eCloetesville (90%), eStellenbosch (80%), eFranschhoek (67%) neKlapmuts (67%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Isininzi sabathathi-sabathathi-nxaxheba (76%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo anceda abantu kwi-CSC baza abangama-24% abathathi-nxaxheba bachaza ukuba kukho amagosa asebupoliseni aneleyo.

Isininzi sabathathi-nxaxheba eGroot Drakenstein (100%) naseKlapmuts (100%) bachaza ukuba akukho magosa aneleyo kwii-CSC. Isininzi eStellenbosch (67%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo ancedisayo kwi-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Isininzi sabathathi-nxaxheba (65%) kwiklasta yamapolisa yaseStellenbosch bachaza ukuba amagosa asebupoliseni akachubekanga engeloncedo kananjalo. Oku kunjalo ngaphandle kwengcinga abanayo yokunqongophala kwabasebenzi nezinye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa ubudlelane phakathi kwamapolisa noluntu. Isininzi sabathathi-nxaxheba eFranschhoek (83%) naseStellenbosch (80%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kuluntu lo gama isininzi sabathathi-nxaxheba eCloetesville (80%) sachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akachubekanga engeloncedo kananjalo.

## V) IINKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Isininzi sabathathi-nxaxheba (67%) sachaza ukuba asanelisekanga ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi baza abangama-33% babathathi-nxaxheba baneliseke ziinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi. Isininzi sabathathi-nxaxheba eCloetesville (100%), eGroot Drakenstein (88%) naseStellenbosch (83%) bachaza ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi. EFranschhoek isininzi sabathathi-nxaxheba (75%) bachaza ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Isininzi (44%) sabathathi-nxaxheba babengazi ukuba ngaba amangqina ezolwaphulo-mthetho akhuselekile, lo gama (31%) achaza ukuba amangqina akhuselekile baze abangama-26% bacinga ukuba abakhuselekanga. Isininzi sabathathi-nxaxheba eGroot Drakenstein (89%) bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. ECloetesville (63%), isininzi sabathathi-nxaxheba, bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselekanga lo gama isininzi sabathathi-nxaxheba bengazi ukuba ngaba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Isininzi sabathathi-nxaxheba (86%) sachaza ukuba makuqhutywe iipatroli ezininzi emini nasebusuku. Imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' yathathwa ngama-81% abathathi-nxaxheba njengabaluncedo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba eStellenbosch (67%) bachaza ukuba imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' ifanele ukwenziwa. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa ngokwamacandelo wathathwa ngama-65% abathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamabonakala. Isininzi sabathathi-nxaxheba eFranschhoek (88%) naseCloetesville (70%) bachaza ukuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa ngokwamacandelo kufanele ukwenziwa.

### VIII) IXESHA ELIFANELE UKUTHATHWA NGAMAPOLISA UKUPHENDULA KWIMEKO YONGXAMISEKO

Ukuncedisa kwimeko yongxamiseko, isininzi (70%) soluntu sachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elamkelekileyo lokuphendula kwimeko yongxamiseko. Iipesenti ezintlanu (5%) zabathathi-nxaxheba bachaza ukuba imizuzu eli-15-20 yamkelekile ukuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho baze abanye aba-5% bachaza ukuba imizuzu engama-30-60 yamkelekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eCloetesville (90%), eKlapmuts (90%), eStellenbosch (83%) naseFranschhoek (63%) bachaza ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha lokuphendula elamkelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Amashumi amathathu anesithoba abathathi-nxaxheba (39%) bachaza ukuba abazi nokuba ii-CPF aziboneleli ngegalelo kwizicwangciso zesikhululo samapolisa, lo gama ama-39% achaza ukuba ii-CPF zinika igalelo aze ama-22% achaza ukuba ii-CPF aziboneleli ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eCloetesville (60%) bachaza ukuba babonelela ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo.

Isininzi sabathathi-nxaxheba (50%) bachaza ukuba abazi nokuba ngaba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwindlela izibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo zabo, lo gama ama-31% achaza ukuba abazi nto baza abali-19% bachaza ukuba babonelela ngegalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo.

### X) AMAVANDLAKANYA ANGAPHEZULU APHATHELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASESTELLENBOSCH

Abathathi-nxaxheba **baseCloetesville** bacebisa ukuba abasebenzi nezithuthi ezininzi ziyafuneka kwanokuba amapolisa afanele ukuhlonipha kakhulu lonke uluntu. Ukongeza, uqeqesho olungcono nobunkokeli babufuneka kwisikhululo samapolisa. Kukhangeleka kukho ukunqongophala kokufumaneka kwabasebenzi. Zonke iinkalo zifuna ukubonakala ngaphezulu kwaye kwacetyiswa ukuba iipatroli ngeenyawo zenziwe kwakhona. Ukunqongophala kwengcaciso nengxelo, ukusela kwabasebenzi xa besathathe ikhefu norhwaphilizo zachazwa njengezizathu zokuba abacuphi bangaboneleli ngeenkonzo ezincomekayo. Ukwenziwa kwezinto ngokuqingqekileyo nokuziphatha kakuhle kuyacelwa kananjalo.

**EFranschhoek**, amapolisa amaninzi nentsebenziswano yoluntu yacelwa ngokunjalo nokuqeshwa kwabasebenzi abaninzi. Ukungabonakali kwamapolisa ngokwaneleyo kwachazwa njengengxaki kwiindawo ezithile ezinjengeFranschhoek North naseGroondal. Kwenziwa isicelo samapolisa amaninzi ukuba ancede kwiCSC. Kwaqatshelwa ukuba izithuthi mazilungiswe okanye zisuswe kufakwe ezinye kwanokuba akukho zibonelelo zoncedo zaneleyo kwesi sikhululo samapolisa.

**IGroot Drakenstein** yachaza ukuba amapolisa afanele ukubandakanyeka kuluntu lwawo kwaye bawuthanda kakhulu umsebenzi wabo. Ukubonakala kakhulu kwakufuneka ezifama eGroot Drakenstein nakwiindawo ezimelene nazo. Abathathi-nxaxheba bakhalaza ukuba abacuphi bathatha ixesha elide ukusombulula amatyala. Indawo eyenzelwa inkonzo sisikhululo samapolisa ibonakala inkulu kakhulu ukuba angaba nako ukuyilawula amapolisa.

**EKlapmuts** abathathi-nxaxheba baqaphela ukuba kufuneka ukuba kubekho intsebenziswano nokwanda kubasebenzi bamapolisa kwisikhululo sabo. Amapolisa kananjalo kufuneka asebenzele uluntu ngokuthe kratya. Kwakufuneka babonakale kakhulu kwinkampu yaseLa Rochelle nakwiifama ngokunjalo nakwiindawo zasemaphandleni. Abasebenzi abaninzi bayafuneka.

**EStellenbosch**, kwachazwa ukuba umyinge wokukhula koluntu lwaseKhayamandi kufuna ukuqwalaselwa ngaphezulu ngokubhekiselele ekwenziweni komsebenzi wobupolisa. Indawo leyo ibandakanywa sisikhululo ngokunjalo inkulu kakhulu kwaye abacuphi babekwe kude kakhulu kwezi ndawo. Kwaye kwacetyiswa ngokuqeqeshwa kwamapolisa ngaphezulu ukwenzela ukuba benze inkonzo engcono. Zonke iinkalo zifuna ukubonakala kwamapolisa okungaphezulu. Kufuneka abasebenzi abaninzi kunye nonxibelelwano lwamapolisa kunye noluntu.

### 4.5.1.4 IKLASTA YAMAPOLISA YASEWORCESTER

IKlasta yamaPolisa yaseWorcester ibandakanya izikhululo zamapolisa ezili-13, ezizezi, Ashton, eBarrydale, eBonnievale, eDe Doorns, eLaingsburg, eMcGregor, eMontagu, eRawsonville, eRobertson, eSuurbraak, eSwellendam, eTouws River naseWorcester. Zonke ii-CPF zathatha inxaxheba kwisaveyi yeePNP.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**TABLE 19: II-PNP EZICHONGIWEYO YIKLASTA YASEWORCESTER**

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **Ashton** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuba okuqhelekileyo |
| **Barrydale** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo zoshishino | Ukuba okuqhelekileyo |
| **Bonnievale** | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubiwa kwezithuthi | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuqhekeza kwiindawo zoshishino |
| **De Doorns** | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuqhekeza kwiindawo zoshishino |
| **McGregor** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukubetha okuqhelekileyo |

Iziphumo zesaveyi yeKlasta yaseWorcester zicacisa ukuba ukubetha ngenjongo yokonzakalisa nezenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo zikwindawo yokuqala yolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili. IDe Doorns yaqatshelwa njengenye yeendawo kwezilishumi elinesibini ekwakuxhaphake kakhulu kuyo izenzo zokubukulwa kwabemi bamanye amazwe[46] kwiphondo, nakuba kunjalo, abathathi-nxaxheba abazange baqaphele izenzo zokuthiywa kwabemi bamanye amazwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

## II) UKUFANELEKA KWEZIBONELELO ZONCEDO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KULUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (68%) beklasta yamapolisa yaseWorcester bavakalelwa ukuba oovimba abazizibonelelo azifanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kuluntu lo gama ama-32% abathathi-nxaxheba babe novakalelo lokuba ezi zibonelelo zoncedo zifanelekile. Bonke abathathi-nxaxheba eLaingsburg bachaza ukuba ezi zibonelelo zoncedo azifanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eSwellendam (89%), eTouws River (87%), bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azikufanelanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwizikhululo zamapolisa zabo. Abathathi-nxaxheba baseMcGregor (75%) naseMontagu (73%) ngabona baneliseke kakhulu ngokufaneleka kwezibonelelo zoncedo ukulwa ulwaphulo-mthetho.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Isininzi sabathathi-nxaxheba (72%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zisetyenziswa kakuhle baza abangama-28% babathathi-nxaxheba bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa azisetyenziswa kakuhle. Bonke abathathi-nxaxheba eAshton naseLaingsburg bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zisetyenziswa kakuhle lo gama abathathi-nxaxheba eRobertson (86%) nabaseDe Doorns (53%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo azisetyenziswa kakuhle.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Isininzi sabathathi-nxaxheba (56%) sachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo anceda abantu kwi-CSC baze abangama-44% bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo kwiiCSC. Isininzi sabathathi-nxaxheba eDe Doorns (71%) naseMontague (64%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo kwii-CSC. Bonke abathathi-nxaxheba baseLaingsburg (100%) naseBarrydale (72%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo okuncedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA E-CSC

Isininzi (81%) sabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa yaseWorcester bachaza ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC achubekile eluncedo baze abali-19% bachaza ukuba amagosa asebupoliseni akachubekanga kwaye engeloncedo. Bonke abathathi-nxaxheba eBarrydale, eLaingsburg, eMcGregor, eSuurbraak naseWorcester (100%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC achubekile kwaye eluncedo kuluntu. Isininzi sabathathi-nxaxheba eRobertson (75%), eAshton (56%) bachaza ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akachubekanga kwaye engeloncedo kuluntu.

## V) IINKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Isininzi sabathathi-nxaxheba (66%) bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi abangama-34% abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Bonke abathathi-nxaxheba eMcGregor (100%) naseDe Doorns (94% bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ababonelelwa ngazo ngabacuphi. Isininzi sabathathi-nxaxheba eSuurbraak (86%) naseWorcester (71%) bachaza ukuba abanelisekanga ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi.

NN) Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence in the Western Cape, 8 July 2010 unpublished

**VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA**

Isininzi sabathathi-nxaxheba (41%) bachaza ukuba abazi nokuba amangqina akhuselekile, lo gama ama-38% abathathi-nxaxheba bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina akhuselekile baze abangama-21% babathathi-nxaxheba bacinga ukuba amangqina akhuselekile baza abangama-21% bachaza ukuba abaqondi ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Bonke abathathi-nxaxheba eLaingsburg (100%) nama-72% babathathi-nxaxheba eSuurbraak bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina akhuselekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eAshton (67% bachaza ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eAshton (67%) bachaza ukuba abazi nokuba ngaba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile. EDe Doorns eyona pesenteji iphakame kakhulu ichaza ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselekanga.

**VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA**

Isininzi sabathathi-nxaxheba (62%) bachaza ukuba kufuneka kuqhubeke iipatroli ezininzi emini nasebusuku. Isininzi sabathathi-nxaxheba eDe Doorns (94%), eRobertson (89%) naseBarrydale (73%) bacela ukuba kubekho iipatroli ezininzi emini nasebusuku. Imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' yathathwa ngabathathi-nxaxheba abangama-51% njengeluncedo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamacandelo wobupolisa kwathathwa ngama-60% abathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba eDe Doorns (82%), eRobertson naseTouws River (56%) bacebisa ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamacandelo wobupolisa njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

**VIII) IXESHA ELIFANELE UKUTHATHWA NGAMAPOLISA UKUPHENDULA KWIMEKO YONGXAMISEKO**

Ukuncedisa kwimeko yongxamiseko, isininzi sabathathi-nxaxheba (67%) boluntu bachaza imizuzu 5-10 njengexesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama ama-21% aba novakalelo lokuba imizuzu eli-10-15 yayamkelekile njengexesha elifanele ukuthathwa ukuphendula kwimeko yongxamiseko. Isi-8% sachaza ukuba imizuzu eli-15-20 lixesha elifanele ukuthathwa ukuphendula.

**IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA**

Isininzi sabathathi-nxaxheba (55%) bachaza ukuba abazi nokuba ngaba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo, lo gama ama-38% achaza ukuba zenjenjalo baza abasi-7% bachaza ukuba ababoneleli ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa. Bonke abathathi-nxaxheba eBonnievale naseWorcester (87%) bachaza ukuba abazi nokuba i-CPF ibonelela ngegalelo na.

Isininzi sabathathi-nxaxheba (57%) bachaza ukuba abazi nokuba ngaba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo yabo, lo gama ama-32% achaza ukuba benjenjalo baza abali-11% bachaza ukuba ababoneleli ngegalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo. Bonke abathathi-nxaxheba eSuurbraak (100%) naseLaingsburg (90%) bachaza ukuba ii-CPF zibonelela ngegalelo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eRobertson (22%) naseSwellendam (22%) bachaza ukuba abazi nokuba ngaba i-CPF ibonelela ngegalelo kwindlela oovimba abazizibonelelo ezabiwa ngayo kwindawo yabo.

**X) AMAVANDLAKANYA ANGAPHEZULU NGOKUPHATHELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEWORCESTER**

Abahlali **baseAshton** baqaphela ukuba iziyobisi, izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, nokuqhekeza ezindlwini njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezixhalabisa ngokukodwa kwindawo yabo. Ayibavuyisi eyokuba namapolisa ambalwa kwindawo yabo, becaphula oku njengento enokuba yingcaciso yokuba kutheni amapolisa engakwaziyo ukunceda abemi ngobuchule. Nangona babedanile bubude bexesha elithathwayo ukuba amapolisa aphendule, abathathi-nxaxheba babenelisekile linqanaba lenkonzo abayifumanayo. Abathathi-nxaxheba bayavuma ukuba bangathanda ukuba nabasebenzi abangaphezulu kwi-CSC ukunceda uluntu. Nangona bengonwabanga ngumgangatho wenkonzo abayifumanayo, uluntu lunoluvo lokuba akukho bacuphi baneleyo abasebenza kwindawo **yaseAshton**.

Abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba kukho unxibelelwano olwaneleyo phakathi kwee-CPF namapolisa olunokuqatshelwa ngokunjalo ekunqongophaleni kwengcaciso eyenziwa ukuba ifumaneke kuluntu. Abahlali **baseAshton** bachaza ukuba ukongeza koogqogqa abaqhubekayo, amapolisa afanele ukunceda iishibhini ezingekho semthethweni ukuba zifumane amaphepha-mvume afanelekileyo okusebenza.

**EBarrydale** uluntu lwachaza iziyobisi neendawo ezishishina ngokungekho semthethweni ngeziyobisi njengeendawo ezixhalabisa ngokukodwa kwindawo yabo. Lo gama baqaphela inkonzo yamapolisa nezibonelelo zoncedo njengezaneleyo, babengathanda ukubona amagosa akwaziyo ukuphendula ngempumelelo nangenkathalo kwimeko yongxamiseko. Njengokuba kunjalo kwi-CSC, abathathi-nxaxheba babenelisekile linqanaba lenkonzo abayifumanayo, kodwa babe ngathanda ukubona kuqeshwa abasebenzi abaninzi ukukhawulezisa isantya senkonzo ekubonelelwa ngayo. Bathi bakubuzwa ukuba zeziphi iindawo abahlali abaziqaphela njengezifuna ukubonakala kwamapolisa amaninzi **eBarrydale**, eyona mpendulo ixhaphakileyo yayisithi ziindawo zasefama. Abemi banoluvo lokuba iintlanganiso ze-CPF mazibanjwe qho ukwenzela ukuba kubonelelwe ngenkonzo eyimpumelelo kuluntu nasekwakheni ubudlelane.

Uluntu **lwaseBonnievale** lwathi ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa ngabantu abadala nangabantwana kufuna ukuqwalaselwa ngokukodwa ngamapolisa kwindawo yabo. Bavakalisa ukuxhalaba kukunqongophala kwamagosa asebupoliseni nezithuthi zamapolisa kwindawo yabo. Lo gama abathathi-nxaxheba bavakalisa ukuba amapolisa ayabonakala, abaqinisekanga ukuba ukubonakala enyanisweni kukhokelela ekuncipheni kolwaphulo-mthetho. Banqwenela ukubona intsebenziswano engcono phakathi kwamapolisa noluntu.

**EDe Doorns** abahlali bangathanda ukubona ukubonakala kwamapolisa okungcono ukuthibaza iishibhini ezingekho semthethweni. Iingxaki zokungabonakali zenziwa nzima kukunqongophala kukufikelela kwoovimba abazizibonelelo zamapolisa ezinjengezithuthi zamapolisa, okunqanda ukuthintelwa kolwaphulo-mthetho. Uluntu luyavuma ukuba lwafumana umgangatho wenkonzo ophezulu kumatyeli ambalwa ababehambele ngawo isikhululo samapolisa kwindawo yabo. Abathathi-nxaxheba banqwenela ukufumana inkonzo ebonelelwa abenzelwa iinkonzo engcono kwi-CSC.

Iindawo zasefama zingqineke njengeendawo apho kukho ukubonakala kwamapolisa okukwinqanaba elisezantsi kwaye kufuneka ukuba zipatrolwe kakuhle kakhulu. Uluntu luthi iintlanganiso zenyanga ze-CPF zisebenza njengeqonga lokuvakalisa izinto ezibaxhalabisayo zabo emapoliseni. Ekutshatyalalisweni kweeshibhini ezingekho semthethweni, abahlali bathi kufuneka kubekho ukunyanzeliswa komthetho okungqongqo kwaye amapolisa kufuneka ayeke ukuthenga kwiindawo ezinjalo.

Abathathi-nxaxheba **baseMcGregor** baye bacela ukuba amapolisa achubeke abe nobubele ngokukodwa kwaye aluphathe lonke uluntu ngokulinganayo. Kufuneka abandakanyeke ngakumbi kuluntu.

Kufuneka amapolisa amaninzi kwi-CSC. Kukho ukunqongophala kwezithuthi zamapolisa. Ukubonakala kwamapolisa amaninzi kubonwa njengokuyimfuneko kwiifama nakwiindawo zasemaphandleni. Kwachazwa ngabathathi-nxaxheba abaliqela ukuba amapolisa enza umsebenzi omhle.

**EMontagu** kwacelwa ukuba kubekho intsebenziswano engaphezulu phakathi koluntu. Abathathi-nxaxheba baqaphela kusengakho ukubonakala kwamapolisa amaninzi kwiCandelo 1 neCandelo 3, emaphandleni kwanokuba iipatroli ngeenyawo maziqhutywe ngeeyure zoshishino edolophini.

Ingcebiso **eRobertson** yayikukudala ukugxila ekujonganeni namatyala achaphazela amabhinqa afumene impatho-mbi. Kwacelwa ukuba kubekho unxibelelwano nentsebenziswano engaphezulu kunye noluntu.

Ukubonakala kwamapolisa kakhulu kwiRobertson ekuMntla kufuneka kuphunyezwe. Kwaqatshelwa ukuba amapolisa afanele ukuba nobubele kwaye aluphathe lonke uluntu ngaloo ndlela. Kwaqatshelwa ukuba amapolisa athatha ixesha elide kakhulu ukuphendula, mhlawumbi ngenxa yokunqongophala kwabasebenzi okanye ukunqongophala kwezithuthi. Oku kwenziwa kwenkonzo ngamapolisa kubonwa njengokungamkelekanga.

Amavandlakanya ngesikhululo **saseTouws River** ayebandakanya ukuba amapolisa achubeke kakhulu kwintsebenziswano yawo noluntu kwaye makazimisele emisebenzini yawo. Imfuneko yeentlanganiso ezininzi kunye nonxibelelwano noluntu kwaphakanyiswa amatyeli ngamatyeli njengento exhalabisayo. Ukubonakala kwamapolisa kufuneka kwande kwiindawo ezisemaphandleni nakwiindawo ekuxhaphake kuzo iziyobisi. Ukuba nendawo ekunika ilungelo lobomi babucala kwabonwa njengomba obalulekileyo kwesi sikhululo samapolisa. Kwacetyiswa ukuba amalungu amapolisa amaninzi aqeshwe kwaye abekho edyutini, ngokukodwa ngempela-veki. Kwakukho ukunqongophala okwakucingelwa kwezithuthi zamapolisa kwesi sikhululo.

Iingcebiso zesikhululo samapolisa **aseWorcester** zokuphucula ukwenziwa kwenkonzo yabo kwakubandakanya ukuba amapolisa athathe amanyathelo ngokukhawuleza kwanokuba basebenzisane kakhulu noluntu. Le ndawo iyonke yayithathwa njengefuna ukubonakala kwamapolisa ngaphezulu. Kwaqatshelwa ukuba abacuphi nezithuthi zokupatrola azisoloko ziphendula kumakhwelo kwanokuba isikhululo sifuna izithuthi ezizezaso.

## 4.5.2 AMANYATHELO EZOKHUSELEKO

Amanyathelo ezokhuseleko esithili saseCape Winelands afanele ukubandakanya okulandelayo:

OOO) Ukwazi impatho-mbi kubantwana nobundlobongela obusekelwe kwisini, iZikolo eziKhuselekileyo nokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa
PPP) Ukwenziwa komsebenzi wobupolisa ngokubonakalayo nokuthintela ulwaphulo-mthetho
QQQ) Ukunika uluntu ulwazi nemfundo
RRR) Izibonelelo zokuzonwabisa zolutsha

## 4.6 UKUCAZULULWA KWEE-PNP ZEEKLASTA ZAMAPOLISA ZE-CKDM

### 4.6.1 IKLASTA YAMAPOLISA YASEBEAUFORT WEST

IKlasta yamaPolisa yaseBeaufort West ibandakanya izikhululo zamapolisa ezine, ezizezi, iBeaufort West, iLeeu-Gamka, iMurraysburg nePrince Albert. Zonke ii-CPF zathatha inxaxheba kwisaveyi yeePNP.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIPHEZULU EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Beaufort West** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela bemfuyo |
| **Leeu- Gamka** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ubusela obuqhelekileyo | Ubusela bemfuyo |
| **Murraysburg** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ubusela kwiindawo ekuhlala kuzo abantu, ukuba kwiindawo zamashishini | Ubusela bemfuyo |
| **Prince Albert** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela bemfuyo |

Iziphumo zesaveyi, ngokolwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili kwiKlasta yaseBeaufort West, zicacisa ukubetha ngenjongo yokonzakalisa njengolwaphulo-mthetho olusekuqaleni olufuna ingqwalaselo ephambili. Xa kuthelekiswa neziphumo zesaveyi zeePNP zowe-2009/10 azizange ziluqaphele ulwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili. Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa kwathathwa njengolwaphulo-mthetho olukwindawo yesithathu olufuna ingqwalaselo ephambili kwisaveyi yowe-2009/10. Uluntu lwaseLeeu-Gamka ngowe-2009/10 aluzange luqwalasele lwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili; kodwa lwaqaphela ukubetha ngenjongo yokonzakalisa njengolwaphulo-mthetho olukwindawo yesithathu olufuna ingqwalaselo ephambili. Ngowe-2009/10, uluntu lwaseMurraysburg lwaqaphela ukubetha okuqhelekileyo nokubetha ngenjongo yokonzakalisa njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili. Ngokungqinelanayo nesiphumo sesaveyi yalo nyaka, uluntu lwasePrince Albert lwaqaphela ukubetha ngenjongo yokonzakalisa njengolwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala olufuna ingqwalaselo ephambili.

#### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA BEZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba bendawo amapolisa asebenza kuyo baseLeeu-Gamka (86%) naseMurraysburg (70%) bachaza ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa azifanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Nakuba kunjalo, ama-60% abathathi-nxaxheba aseBeaufort West achaze ukuba oovimba abazizibonelelo zamapolisa ezisendaweni yabo zifanelekile ekujonganeni nolwaphulo-mthetho.

**III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO**

Bonke abathathi-nxaxheba bendawo asebenza kuyo amapolisa yaseBeaufort West bachaza ukuba ezi zibonelelo zoncedo azisetyenziswa kakuhle. Nakuba kunjalo, ama-78% abathathi-nxaxheba baseMurraysburg bathi oovimba abazizibonelelo zamapolisa kwindawo amapolisa asebenza kuyo zisetyenziswa kakuhle.

## IV) AMAZIKO ENKONZO YOLUNTU

Bonke abathathi-nxaxheba baseMurraysburg nesininzi sabathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka (86%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo ancedisa kuMaziko eNkonzo yoLuntu. Kwelinye icala, ama-67% abathathi-nxaxheba baseBeaufort West bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo ancedisa kumaZiko eNkonzo yoLuntu.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA E-CSC

Bonke abathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka noninzi lwabathathi-nxaxheba basePrince Albert (78%) nabaseBeaufort West (75%) babonise ukuba amagosa asebupoliseni akwiCSC achubekile eluncedo eluntwini.

## 23.5 IINKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseMurraysburg (80%) naseLeeu Gamka (75%) bachaze ukuba banelisekile ziinkonzo zabacuphi ekubonelelwe ngazo sisikhululo samapolisa sabo. Nakuba kunjalo, ama-75% abathathi-nxaxheba baseBeaufort West bachaza ukuba

abanelisekanga ziinkonzo ezinikezela ngabacuphi baseBeaufort West.

### V) INKQUBO YOKUKHUSELWA KWAMANGQINA

Malunga nama-71% abathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka bakhangeleka becinga ukuba amapolisa kwindawo yabo enza ngokwaneleyo ukukhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho, kanti abangama-74% babathathi-nxaxheba basePrince Albert abazi nokuba kunjalo okanye ukuba amapolisa akwindawo yabo ayawakhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho.

### VI) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumba wokubonakala kwamapolisa uninzi lwabathathi-nxaxheba baseMurraysburg (90%), abaseLeeu Gamka (88%) nabaseBeaufort West (80%) abakhangeleki becinga ukuba amagosa asebupoliseni enza iipatroli ebusuku angakuphucula ukubonakala kwamapolisa.

Ngokubanzi ama-80% abathathi-nxaxheba baseBeaufort West abacingi ukuba amagosa asebupoliseni amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku kwindawo yabo angaphucula

ukubonakala kwamapolisa. Nakuba kunjalo, ama-75% abathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka nama-70% abathathi-nxaxheba baseMurraysburg bacinga ukuba amagosa asebupoliseni enza iipatroli emini nasebusuku angaphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka (88%) nabaseBeaufort West (80%) abacingi ukuba imisebenzi 'yokumiswa kusetshwe' kwiindawo zabo kungaphucula ukubonakala kwamapolisa bona abangama-88% kubathathi-nxaxheba baseLeeu Gamka kwanama-70% babathathi-nxaxheba abavela eMurraysburg abacingi ukuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa wamacandelo ungaphucula ukubonakala kwamapolisa.

**VII) IXESHA LOKUPHENDULA NGEXESHA LIKAXAKEKA**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseBeaufort West (80%), ePrince Albert (79%) naseLeeu Gamka (75%) lwachaza ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha elamkelekileyo elinokuthathwa ukuphendula emapoliseni. Malunga nama-60% abathathi-nxaxheba baseBeaufort West bathi i-CPF yabo ayiboneleli ngegalelo kwindlela izibonelelo ezabiwa ngayo ngamapolisa eBeaufort West. Ngaphezulu, abathathi-nxaxheba bachaze ukuba ababoneleli ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa eBeaufort West. Ngokufanayo, ama-50% abathathi-nxaxheba baseMurraysburg bachaze kananjalo ukuba i-CPF yabo ayiboneleli ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa sendawo.

### VIII) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Abathathi-nxaxheba abavela eBeaufort West naseMurraysburg noninzi lwabathathi-nxaxheba abavela ePrince Albert (95%) naseLeeu Gamka (88%) bachaze ukuba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa yingxaki kwiindawo zabo. Nakuba kunjalo, uninzi lwabathathi-nxaxheba abavela kwezi ndawo ngokukodwa ePrince Albert (78%) bachaze

ukuba abanelisekanga yindlela amapolisa ajongana ngazo nazo iishibhini ezingekho semthethweni nakwiindawo ezishishina ngeziyobisi kwiindawo zabo.

**IX) AMAVANDLAKANYA ANGAPHEZULU APHATHELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEBEAUFORT WEST**

Abathathi-nxaxheba bendawo ekusebenza kuyo amapolisa **baseBeaufort West** bakholelwa ukuba amapolisa afanele ukukhuthaza uluntu ngokubanzi ukuba lube ngabalingane ekulweni ulwaphulo-mthetho. Ibutho lamapolisa kufuneka liqalise iinkqubo zokunonophela uluntu ngokwasentlalweni ezininzi. Kucelwa ukuba isikhululo samapolisa saseNelspoort sifanele ukuba sisikhululo samapolisa esipheleleyo esisebenza iiyure ezingama-24 ngosuku.

Ngokwabathathi-nxaxheba akukho malungu aneleyo kwisikhululo samapolisa **aseLeeu-Gamka** okwenza iinkonzo. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amagosa asebupoliseni angaphezulu kubandakanywa nabacuphi kufuneka agaywe.

Abathathi-nxaxheba **baseMurraysburg** bacebisa ukuba onke amasebe karhulumente nee-NGO bafanele ukuzibandakanya ekuncediseni amapolisa ekulweni ulwaphulo-mthetho nasekuncedeni ekwenzeni amaphulo okunika ulwazi. Kukho imfuneko yokuphucula isikhululo samapolisa nokwenza i-CSC ifikeleleke lula kakhulu kuluntu nokunyusa umoya wenkuthalo kumalungu. I-ofisi ifanele ukwakhelwa isebe labacuphi elikufutshane.

Isakhiwo samapolisa esitsha namagosa asebupoliseni angaphezulu afanele ukuqeshwa esikhululweni. Kufanele ukuba kubekho intsebenziswano phakathi kwamapolisa noluntu.

**EPrince Albert** abathathi-nxaxheba bachaza ukuba izakhiwo zezikhululo zamapolisa zincinane kakhulu kwaye zindala zinemibhobho eyophukileyo. Kukho imfuneko yabasebenzi bezolawulo kwisikhululo. Amagosa asebupoliseni amaninzi kufuneka aziswe kwisikhululo samapolisa saseKlaarstroom. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba isikhululo sivule iiyure ezingama-24 ngosuku kwanokuba amagosa asebenze iishifti. Kucelwa ukuba ukubonakala kwamapolisa kufanele ukwenziwa kwindlela i-N12. Ukuphucula unxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu i-intanethi isenokusetyenziswa. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba kufanele ukuba kubekho intsebenziswano engcono phakathi kukamantyi, umtshutshisi, namapolisa ukuqinisekisa ukuba uluntu lufumana ukungqina ukuba ubulungisa benziwe.

## 4.6.2 AMANYATHELO EZOKHUSELEKO

Amanye wamanyathelo ezokhuseleko anokuphunyezwa kwisithili seCentral Karoo abandakanya okulandelayo:

W) Ukuphunyezwa kwezicwangciso zokuthintela ulwaphulo-mthetho

X) Ukukhuthazwa kolwazi lokufunda nokubhala lwenkqubo yeABET

Y) Ukulondoloza kakuhle nenyathelo lokulondolozwa kweziseko zophuhliso

## 4.7. UCAZULULO LWEE-PNP ZEKLASTA YAMAPOLISA ESIXEKO SASEKAPA

### 4.7.1 IKLASTA YAMAPOLISA ASEBELLVILLE

IKlasta yamaPolisa aseBellville inezikhululo zamapolisa ezine, ezizezi: iBellville, iBothasig, iGoodwood nezikhululo zamapolisa aseParow. Zonke ii-C P F zithathe inxaxheba kwisaveyi see- P N P

IIZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA EYONA NGQWALASELO IPHAMBILI

**ITHEBHILE 21 II-P N P EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEBELLVILLE (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 1 Crime: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasea: 2 Crime: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 3 Crime: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna iningqwalasela 4 Crime: 4 | Uwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 5 Crime: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBellille** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo ukubiwa kweemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashshini | Ukhuthuzo kwiindawo zamashishini |
| **IBothasig** | Ubundlobongela basekhaya | Ukutyhuthulwa kwemoto | uqhekezo kwiindawo ezi-hlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashishini |
| **IGoodwood** | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kweemoto | Ukutyhuthulwa kweemoto | Uqhekezot kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olumalunga nokusetyenziswa kweziyobisi |
| **EParow** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashishini |

Abathathi-nxaxheba kwiklasta yaseBellville banembono yokuba ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto, ubundlobongela basekhaya, zizenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna eyona ngqwalaselo iphambili

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (77%) lweklasta yamapolisa aseBellville lube nayo into ethi oovimba abazizibonelelo abakhange bafaneleke ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho eluntwini, ekubeni yona i-23% yabathathi-nxaxheba ibabone aba vimba befanelekile. Isikhululo samapolisa esibone ukuba oovimba babo bafaneleke ngokungephi, ibe yiBothasig, ekubeni sona isikhululo saseGoodwood sibabone oovimba baso befanelekile.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu oluntu aye abuzwa ukuba oovimba abazizibonelelo basebupoliseni basetyenziswa ngokufezekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (92%) ibonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-8% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba basebupoliseni abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Bonke abathathi-nxaxheba baseParow naseGoodwood babonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Yi -13% kuphela yabathathi-nxaxheba yaseBothasig ne-10% yaseBellville eye yabonisa ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

**IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU**

Uninzi lwabathathi –nxaxheba (80%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni ebonele ekuncediseni abantu kwi-C S C, yaza i-20% yabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-C S C.

IGoodwood neParow ifumene amanqaku aphezulu kweli candelo, bonke abathathi-nxaxheba babonise ukuba ebonele amapolisa ancedisa kwii-CSC, lo gama yona isisiqingatha sabathathi-nxaxheba baseBothasig baye babona ukuba ebengonelanga amapolisa ancedisa kwi-C S C.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-C S C

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (92%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-C S C ebezithobile kwaye eluncedo kumalungu oluntu, yaza i-8% yona yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo.Oku akuyonxalenye yembono abanayo malunga nokunqaba kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ukuba lonelisekile ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi, ne-45% nayo yonelisekile ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (82%) eBellville alukhange lonwabe malunga neenkonzo ezinikezelwe ngamapolisa, ekubeni lona uninzi lwabathathi-nxaxheba eParow (75%) naseBothasig (67%) lonelisekile.

Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo kwindlela abathathi-nxaxheba ababonisa ngayo ukoneliseka malunga nokunikezelwa kweenkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala. Kwakhona nanjengokuba ebemnye jwi umntu othe waphendula lo mbuzo eGoodwood, oku kusenokunganiki mbono uchanekileyo wokuba babenokubona njani abanye abathathi-nxaxheba ukuba nabo babephendule kulo mbuzo.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (56%) lwabathathi-nxaxheba belungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na ngamapolisa , i-28% icinge ukuba bebekhuselwe, yaza yona i-16% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville (64%**)** neBothasig (50%) ibonise **ukuba abazi nokuba amapolisa ayabakhusela na amangqina olwaphulo-mthetho**

### (V11) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabaphenduleyo (73%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku kufuneka kuqhutywe. EParow bonke abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa ajikeleze ngakumbi emini nasebusuku, kulandele abathathi-nxaxheba baseBothasig (78%) naseBellville (64%). Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' aye aqwalaselwa yi-62% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-42% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngethuba likaxakeka, uninzi olucacileyo (81%) lwamalungu asekuhlaleni luyibone imizuzu emi-5 ukuya kweyi-10 njengelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-12% ibone ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 yamkelekile njengexesha lempendulo ngethuba likaxakeka. Abanye abathathi-nxaxheba (8%) babone ukuba imizuzu eli-15 kwengama-20 yamkelekile.

Imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville (82%) lulandelwa yiParow (80%) neBothasig ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha lempendulo eyamkelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LWEE-C P F KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise ukuba i-C P F iyalinika igalelo kwisicwangciso sesikhululo, lo gama yona i-25% ibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa, yaza enye i-25% ayinalwazi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) baseBothasig, babonise ukuba bayalinika igalelo, lo gama into engaphaya kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba (55%) eBellville, ibonise ukuba akukho likhe lanikwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba i-C P F ilunikile igalelo malunga nendlela oovimba abazizibonelelo ababiwe ngayo ngamapolisa kwizicwangciso zezikhululo kwiingingqi zabo lo gama i-24% ibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa, yaza i-16% ayabi nalo ulwazi loko. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eParow, lubonise ukuba bayalinika igalelo, lo gama phantse isiqingatha sabathathi-nxaxheba (45%) eBellville sibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa. Inkoliso yabathathi-nxaxheba eBothasigbabonise ukuba abazi nokuba i- C P F inike igalelo ngendlela oovimba ababiwe ngayo

## (X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEBELLVILLE

Abathathi-nxaxheba baseBellville banengcinga yokuba kufuneka kuqeshwe inani elithe kratya lamagosa ancedisa amapolisa. Ulawulo olungcono loovimba abazizibonelelo, lufuna ingqwalaselo ephambili. Makuqinisekiswe ukuba i'Morpho Touch' ifumaneka rhoqo, lize ilungu elinobuchule liyiqhube. Le ngingqi ifune ukuba amapolisa abonakale ngakumbi, inani elithe kratya lamalungu anobuchule kunye nezithuthi ezingaphezulu. Ngokwembono yabathathi-nxaxheba, eyona ngxaki inkulu kukungabikho komsebenzi odibanisa ukwenziwa kwenkonzo ye-S A P namapolisa eMetro. Kucetyiswa amaPolisa eMetro asoloko ekho ukugada ukugcinwa kwemimiselo. Inkonzo ye-S A P kufunekayenze kubekho ukusetyenziswa okungcono kobudlelwane malunga nezoshishino nemibutho yophuhliso lwezentlalo. Bonke abantu abadlala indima nabafanelekileyo, kufuneka babandakanywe ekulweni ulwaphulo-mthetho, oko kukuthi, iNkonzo ye-S A P, amagosa esixeko saseKapa, iSebe leemicimbi yaseKhaya noPhuhliso lwezeNtlalo .

EBothasig kukho ingxaki yolwimi apho amagosa asebuPoliseni athathwe kwezinye iindawo kwisikhululo, engakwazi ukuthetha ulwimi lwabantu abanezikhalazo. Ikhona imfuneko yokuqeqeshwa ngokwaneleyo kwamalungu ekubeni athethe isiNgesi, aphucuke xa ethetha efowunini nokunxiba ngendlela efanelekileyo ekuhlaleni. Isikhululo samapolisa kufuneka sandiswe.

Oovimba abathe kratya abazizibonelelo njengamagosa asebupoliseni kunye nezithuthi, bayacelwa.

EGoodwood i-CPF inembono ethi isikhululo samapolisa kufuneka sibe necandelo lokuthintelwa kolwaphulo-mthetho.

EParow ulwimi lusoloko luyingxaki. Kwingingqi apho isiAfrikansi sisetyenziswa kakhulu, amagosa asebupoliseni avela kwezinye iindawo akwi- CSC kufuneka akwazi ukudlelana noluntu ngolwimi oluthe ngco kubantu abanezikhalazo. Uqeqesho olusisiseko kwiindawo zonakekelo lwabathengi kunye nemicimbi yezoshishino nabaxhasi lubalulekile kumagosa asebupoliseni. Kucelwa ukuba inani elithe kratya lamaphulo asebupoliseni nobandakanyo loluntu lusetyenziswe. Iinkqubo ezithe kratya zokugada ebumelwaneni nokugada ngokwebloko,mazenziwe. Makubekho ubudlelwane obulungileyo phakathi kwamapolisa noluntu

**IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU**

Amalungu oluntu aphendule ekubeni awabona onele na amagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwiZiko leeNkonzo zoLuntu ( CSC). Uninzi lwabathathi-nxaxheba (69%) lwalathe ukuba alukhange luwabone onele amagosa ancedisa abantu kwi-CSC. Esona sikhululo esichaphazelekayo ibe yiBishop Lavis ( 100%), ize esona sichaphazeleka kancinci ibe sisikhululo sakwaLanga ( 50%)

Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 60%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC ebethobekile kwaye eluncedo kumalungu oluntu kwi-CSC. Oku akuyonxalenye yembono abanayo malunga nokunqaba kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Esona sikhululo esithe soneliseka ibeyiBishop Lavis ( 83%), saza esona sikhululo esiye soneliseka ngokungephi yayiElsies River ( 100%)

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba alukhange loneliseke ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi. Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo kwindlela abathathi-nxaxheba ababonisa ngayo ukoneliseka malunga nokunikezelwa kweenkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala.Esona sikhululo sichaphazelekayo, ibe yiElsies River (100%), yaza esona sikhululo sichaphazeleka ngokungephi yayiBishop Lavis ( 100%). Ezinye iingcebiso, umzekelo, zokufuna ukuqonda ngento enokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, ibe kukuqesha abecuphi aanezakhono ezithe kratya, nokuba kunikezelwe oovimba abazizibonelelo kubecuphi, babe nokusebenza ngabo ukuphucula iindlela zabo zokuphanda

### VI) IINKQUBO ZOKUKHUSELA AMANGQINA

Iyaxela into yokuba i-38% yabathathi-nxaxheba ayazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselwe na. I-19% yona ibicinga ukuba ebekhuselwe, lo gama i-44% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amapoisa akawakhuseli amangqina.Olu cazululo lokuqonda ngenkonzo yokhuselo olunikezelwa ngamapolisa kumangqina, lungabalelwa kunqongophalo lokuzithemba ekunikeni ingxelo eyiyo yezenzo zolwaphulo-mthetho ezithe zenziwa eluntwini.Ukusilela kolwazi malunga nokhuselo olunikwa ngamapolisa kumangqina olwaphulo-mthetho, ngowona mba udala ukuba abathathi-nxaxheba baphendule ngelithi abazi, kodwa eminye imiba exhalabisa ngakumbi,ibonisa ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni amapolisa akathembakalanga okanye abonisa icala lokungabi nankathalo kumangqina.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwamalungu oluntu ( 63%) lubonise ukujikeleza kwamapolisa okuthe chatha emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa kwiingingqi zawo akuzo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba e-Elsies River ( 100%) nakwaLanga (71%) lucela amapolisa abe ngathi ayajikeleza emini nasebusuku. Amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ athe chatha acingelwe yi-58% njengento ebalulekileyo ukwandisa ukbonakala kwamapolisa

E-Elsies River (100%) nakwaLanga (57%) uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo ‘okumiswa usetshwe’makaqhutywe.Ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-68% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba e-Elsies River (100%) nakwaLanga (71%) lubonise ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukunceda ngexesha likaxakeka, uninzi olucacileyo (88%) lwamalungu oluntu, lubonise ukuba,

imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-12% ivakalise ukuba into engaphaya kwemizuzu eli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba aba kuzo zonke izikhululo bayavuma into yokuba imizuzu eyi-5 ukuya kweli-10, lixesha elifanelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwezo ngingqi zawo

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO EZENZIWA KWIZIKHULULO ZAMAPOLISA

Xa kubuzwa ukuba i-CPF yengigqi yabo ilinikile na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, i-43% ivumile ukuba oko kwenzile, iekubeni i-50% yona iphendule ngelithi ayinalwazi loko. I-Elsies River ( 67%) ibe sesona sikhululo sichaphazelekayo; ukanti iBishop Lavis ( 80%) yayifudula isesona sikhululo sichaphazelekayo, uLanga yena wayechaphazeleka ngokungephi.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEBISHOP LAVIS

Kuyacelwa ukuba iNHWes isebenzisane namapolisa ajikelezayo imini nobusuku eBishop Lavis.Ukugcinwa konxulumano olufanelekileyo nemibutho yasekuhlaleni ngamapolisa kubalulekile kakhulu ekulweni ulwaphulo-mthetho

Ngexesha leprojekthi yeBharometha yoKhuseleko.loLuntu ngowe-2008/9, abathathi-nxaxheba bachonga izenzo zokukhuthaza, zokubulala nezokudubula njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezixhomisa amehlo. Ubonelelo malunga namancedo okuzonwabisa nemisebenzi ekhuthaza ulutsha, ukugxothwa kwemigewu kwiindawo zawo zasekuhlaleni, ukuphuhliswa kwendima yokubekwa kweliso ebumelwaneni, ukumiselwa kwamagosa asebupoliseni avela ngaphandle ukuza kulwa ulwaphulo-mthetho nokubandakanya amapolisa akwaMetro ekubeni abeliliso ekuhlaleni, ibe zezinye zezinto zongenelelo urhulumente athe waziqulungqa ekujonganeni nemingeni yolwaphulo-mthetho eBishop Lavis

KwaLanga kuyacelwa ukuba amapolisa kufuneka atyelele rhoqo, kwaye kufuneka asetshe abafundi ngamaxesha ekhefu, nanjengoko ngamanye amaxesha baye babhaqwe benentsangu neemela.Kufuneka amapolisa abonakale kwiindawo ezimbombo-ne zokumisa kweemoto nanjengoko abaqhubi-zimoto beba ngamaxhoba okuxuthelwa izinto zabo. Ukujikeleza kwamapolisa makube yinto yemihla ngemihla. Izikolo azisezizo iindawo zokhuseleko, kwaye kufuneka amapolisa asetshe abafundi ngamaxesha abo ekhefu.Ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa nokubonakala kwawo kwiindawo ezimbombo-ne zokumisa kweemoto nanjengoko izikrelemnqa zifumana khona ithuba lokuxhomisa abaqhubi-zimoto abanobungozi

E-Elsies River kuyacelwa ukuba amagosa asebupoliseni makafundiswe indlela yokunika inkonzo ephum'izandla. Ukujikeleza ngeenyawo okuthe kratya kwamapolisa nokubeka iliso elibukhali kwizimokolo. Mazijikeleze rhoqo izithuthi zamapolisa, utshintshwa-tshintsho lwamaxesha okusebenza kwamapolisa maluhlengahlengiswe kakuhle. Izicelo zamapolisa ekugqaleni ulwaphulo-mthetho lwabantwana abaselula nokubuyiselwa esikolweni kwabantwana abasekwixabiso lokuhamba isikolo. Amapolisa makaziphathe ngokulinganayo iindawo zabahlali..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lube nayo into ethi oovimba abazizibonelelo abakhange bakulungele ukuqwalasela ulwaphulo-mthetho ekuhlaleni, ekubeni yona i-37% yabathathi- nxaxheba ibabonile aba vimba befanelekile. Isikhululo samapolisa esiye sabona ukuba aba vimba abazizibonelelo benomfaneleko ongephi, ibeyiCamps Bay neTable Bay Harbour, izikhululo zoMbindi-Kapa neKensington zona zibabone befanelekile aba vimba.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu asekuhlaleni aye abuzwa ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa basetyenziswa ngokufanelekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 57%) lufumanise ukuba aba vimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Yi-31% kuphela yabathathi-nxaxheba evakalise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Isikhululo samaPolisi saseWoodstock esifumene awona manqaku aphezulu apho i-83% yabathathi-nxaxheba ikholelwa ekubeni aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo

Umntu omnye jwi othe waphendula lo mbuzo egameni lesikhululo samaPolisa saseCamps Bay, uye wabonisa ukuba aba vimba abakhange babasebenzise ngokufezekileyo, nto ke leyo ethe yadala ukuba isikhululo samaPolisa aseCamps Bay sifumane awona manqaku awakha aba sezantsi kwindlela yokusetyenziswa koovimba ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Amalungu asekuhlaleni aphendule kumbuzo othi, ingaba bawabone onele amagosa asebupoliseni ekuncedeni abantu kwiziko leenkonzo loLuntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 46%) luvakalise ukuba amagosa asebupoliseni bawabone onele ekuncedeni abantu kwiZiko leeNkonzo loLuntu, lo gama i-44% icinge ukuba ebengonelanga. Isikhululo saseSea Point siye safumana awona manqaku aphezulu kulo mba, lo gama abathathi-nxaxheba baseCamps Bay naseTable Bay baye bafumana amanqaku asezantsi njengoko ezi zikhululo zingenamagosa asebupoliseni oneleyo anokuthi ancedise kumaZiko azo eenkonzo zoLuntu.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KUMAZIKO EENKONZO ZOLUNTU ( CSC)

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza ngaphakathi kumaZiko eeNkonzo zoLuntu. Nangona nje ingenakusithela into yokuba bebona ukunqongophala okuthile lwabaqeshwa kunye nabanye oovimba ababonelelayo

Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingelwa indlela emazinikezelwe ngayo iinkonzo zasebupoliseni eluntwini, ndawonye nokudala unxulumano oluthembakeleyo phakathi kwamapolisa noluntu. Kwakhona iCamps Bay ibe sisikhululo samapolisa apho amapolisa ebecingelwa njengabantu ababonakalise uncedo nobuhlobo obungephi, lo gama isikhululo saseTable Bay Habour, phezu kokuba abathathi-nxaxheba bekholelwa ekubeni sinoovimba kunye nabaqeshwa abangephi abanceda kumaZiko eeNkonzo zoLuntu, siye safumana amanqaku aphezulu, kwangathi besinamapolisa anika uncedo kumaZiko azo eeNkonzo zoLuntu

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 52%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi. Kwizikhululo zaseCamps Bay naseSea Point, abathathi-nxaxheba beboneliseke ngakumbi ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi, lo gama iMaitland ibisisikhululo apho abathathi-nxaxheba babonise ukoneliseka okungephi malunga neenkonzo zabecuphi. I-75% yabathathi-nxaxheba iziva yonelisekile ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi.

Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo, bokufumana ukuba kutheni abathathi-nxaxheba bonelisekile nje ziinkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpendulo zeziphumo zamatyala.Ezinye iingcebiso, umzekelo, into enokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, bekunokuqeshwa abecuphi abanezakhono ezithe kratya, kongezwe noovimba bokusebenzaukuze kuxhotyisweabecuphi, babe nokusebenza ekuphuculeni iindlela zabo zophando.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Iyaxela into yokuba i-74% yabathathi-nxaxheba ibingazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile na. Yi-17% kuphela ebicinga ukuba ebekhuselekile, lo gama i-6% yathathi-nxaxheba ibicinga ukuba amapolisa ebengawakhuseli amangqina. Izikhululo zaseCamps Bay, eSea Point nezaseWoodstock, zonke zifumanise ngokulinganayo ukuba abathathi-nxaxheba abazi nokuba amapolisa ayalunika na ukhuselo kumangqina amatyala olwaphulo-mthetho

Yi-38% kuphela yabathathi-nxaxheba yesikhululo sasePinelands ethe amapolisa alunikile ukhuselo, itsho loo nto yenze ukuba esi sikhululo samapolisa sizuze awona manqaku aphezulu malunga nabathathi-nxaxheba abakholelwa ekubeni amapolisa ayalunika ukhuselo kumangqina amatyala olwaphulo-mthetho. Isikhululo samapolisa saseTable Bay Harbour sifumene awona manqaku asezantsi, itsho ke loo nto yenze ukuba i-25% yabathathi-nxaxheba bacinge ukuba amapolisa akakhange alunike ukhuselo kumangqina..

Ucazululo malunga nokuqonda ngenkonzo yokhuselo enikezelwa ngamapolisa kumangqina, luthetha ukuba kusenokunqongophala ukuzithemba kwindlela eyiyo yokunika ingxelo yezenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala nokunqaba kweendlela ezilindelekileyo zenkxaso, ukulandelwa nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziweyo eluntwini. Ukunqongophala kolwazi malunga nokhuselo olunikwa ngamapolisa kumangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho, ngunobangela wokuba abathathi-nxaxheba baphendule ngelithi abazi, kodwa eminye imiba emininzi exhalabisayo, ithetha ukuba aba bathathi-nxaxheba banenkolelo yokuba amapolisa akathembakalanga okanye akabonakalisi nkathalo kumangqina.

Apha ngezantsi sijonga imiba echaphazela imbono yabathathi-nxaxheba malunga nokunikezelwa kweenkonzo zamapolisa kwimimandla yabo:

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

I-25% yabathathi-nxaxheba ibonisa ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku kunokuyiphucula indlela yokubonakala kwamapolisa kwiingingqi zabo abakuzo. Phofu ke yi-11.7% kuphela ebona ngathi ukwanda kokujikeleza kwamapolisa emini kungenza kwande ukubonakala kwamapolisa, yona i-12.5% ibona ngathi ukwanda kokujikeleza kwamapolisa ebusuku kungenza kwande ukubonakala kwamapolisa engingqini. Amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ ebekhe acingwa yi-25% yabantu nokuqhutywa ngokupheleleyo womsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwacingwa yi-23.4% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAXAKEKA

Ukuncedisa ngethuba likaxakeka, uninzi olucacileyo lwamalungu asekuhlaleni ( 92.6%) luyibone imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 njengelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-5.6% ibona ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 iye yamkeleka njengexesha lokuphendula malunga nethuba likaxakeka

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Ukumiselwa kwe-CPF yayikukuphucula unxulumano lwamapolisa noluntu nokwenza amapolisa ukuba aphendule ngakumbi kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yoluntu olo kufuneka inike igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nakulwabiwo loovimba bokubonelela olwenziwa ngamaPolisa oMzantsi Afrika ( SAPs)

Xa bebuzwa ukuba i-CPF yengingqi yabo ilinikile na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, i-43%, ithe ewe ilinikile lo gama yona i-35% iphendule ngelithi ayazi. Xa bebuzwa ukuba i-CPF ilinikile na igalelo kwindlela amapolisa abababa ngayo oovimba, uninzi lwamalungu (46%) lubonise ukuba ilinikile igalelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKAPA

Abathathi-nxaxheba baseCamps Bay bavumile ukuba uqeqesho oluphuculweyo, ubundwalutho babantu abatsha oluphuculweyo, iinqobo ezisesikweni zomsebenzi ezingcono, indlela yokuhlangabezana nenkonzo, izixhobo zokusebenza ezingcono ezifanele indawo engqongileyo, indlela engcono yokusebenzisa nokumiselwa koovimba kufuneka ziqwalaselwe ngeliso elibukhali.

Kumbindi-Kapa, i-CPF inembono yokuba makangeniswe ngakumbi amagosa aza kuncedisa amapolisa aze abonelelwe ngentlawulo. Inani lamapolisa ajikeleza ngeenyawo nangamahashe malandiswe emini nasebusuku. Uqeqesho lwamagosa asebupoliseni, ukuqinisekisa ukuba izithuthi zamapolisa (SAPs) zikulungele ukuhamba endleleni kwaye zisoloko zisebenza kunye ngokupheleleyo, zinxibelelana ngqo noluntu ukudibana nokwazi amagosa asebupoliseni kwindawo ohlala kuyo, konke oku makwenziwe. Amapolisa oMzantsi Afrika (SAPs) kufuneka axhotyiswe ngeemeko zomsebenzi ezingcono, izixhobo zokusebenza, uqeqesho nenkxaso engcono .

Amapolisa kufuneka aqeqeshelwe ukuba nobubele obugqithisileyo kwakunye nobuchule bokusingatha umsebenzi. Umthetho othi, “Dubula ubulale,” kufuneka uphinde uqwalaselwe nanjengoko abantu abamsulwa bebulawa xa kudutyulwana. Ukuthengiselwa kwabantwana imipu yokudlala, kukhuthaza isimo sobundlobongela, kwaye kufuneka kupheliswe. Iimpawu zentsulungeko (values) nemithetho siseko (principles) efanelekileyo mayibethelelwe ezingqondweni zolutsha olusakhulayo, ukuthengiswa kwemipu neelayisenisi makupheliswe. Abacuphi neeyunithi zamagosa ophando mazizisiwe kumaqela amacandelo ukuze kuqinisekiswe

Ukusebenza kwelungu ngalinye le-SAP kufuneka lijongwe ngeliso elibukhali mihla le. Iyafuneka into yokuba abathengisi beziyobisi ezingekho mthethweni babekwe esweni ngolona hlobo, abaphuli-mthetho bangahlekelwa nakancinci, kwaye kusetyenziswe bonke oovimba abaluncedo, kubandakanywe nemithetho yokulwa ulwaphulo-mthetho.

Ukunamathelana kwabahlali kufuneka kuqiniswe; unxulumano lwamapolisa asekuhlaleni kufuneka kuphuculwe, ukusekwa kwezixhobo zokuzonwabisa ngenjongo yokuqoqosha ulutsha olungaqeqeshwanga, ukunqaba kwengcina-sifuba kudala iingxaki. Bonke abantu ababandakanyekayo ekunikeni uncedo kuqukwa nabahlali kufuneka babuyele kwizinto ezisisiseko. Iyafuneka into yokuba kubonakaliswe uthando xa kusiliwa ulwaphulo-mthetho kuzo zonke iingingqi, nokuzuza intlonipho. Kuqinisekiswe ukuba amaqela amacandelo ayagcinwa, amagosa asebupoliseni angaphoswa ngapha nangapha.

EKensington abathathi-nxaxheba banembono yokuba abahlali abagade ucwangco mabangathi banikwa ingqwalasela enkulu. Amapolisa makazame ukuzuza ukuthenjwa ngabahlali. Uluntu lucela ukuba ifowuni yecandelo elithile mayiphendulwe ngalo lonke ixesha.

EMaitland kufuneka longezwe inani lamagosa asebupoliseni neeveni zamapolisa.

EPinelands kufuneka longezwe inani lamagosa asebupoliseni, izithuthi namapolisa ajikelezayo ecandelo malandiswe. Malingathi liyenyuka inani labasebenzi abaqeqeshiweyo nabaxhotyiswe ngendlela eyakhayo yokujongana noluntu. I-CPF ifuna kubekho oonomathotholo abaneeswitshi ezinokusetyenziswa nezinye endlwini enye..

Isebe lezoKhuseleko loLuntu liyacelwa ukuba lincedise i-CPF ngoovimba abaluncedo,ezifana noonomathotholo abaneeswitshi ezinokusetyenziswa nezinye endlwini enye. Isebe kufuneka lifumane ingcaciso malunga nendima eliyidlalayo ekulawuleni i-CPF. Makuphuculwe unxibelelwano phakathi kwamapolisa neemfuno zoluntu. Amagosa asebupoliseni, akwi-CSC athathwe kwezinye iindawo makaxhotyiswe ukuze abe nakho ukuphendula ifowuni ngendlela ephucukileyo xa esingathe izikhalazo zoluntu. Sisicelo into yokuba amalungu afumene uqeqesho olungcono noluchanekileyo. Amalungu makaqeqeshwe ukuze aphathane ngokufanelekileyo noluntu. Indlela yokubonakala kwamapolisa ekuhlaleni mayiphuculwe, ukusuka nokuya kwizikhululo zikaloliwe.

ESea Point umba wemisebenzi engekho mthethweni efana nokuthengiswa kwemizimba (ukuhenyuza), ukulalana kwamadoda, nezibhadubhadu, kufuneka zonke ezo zinto ziqwalaselwe kuba amapolisa akazihoyi ezi ngxaki. Abaphathi bamacandelo kufuneka babe neelephthophu (laptops). Amalungu e-SAPS kufuneka afumane izibonelelo zokuwakhuthaza ukuze aphumeze umsebenzi wawo ngokufezekileyo. Kufuneka kubekho ubudlelwane nokuthembana phakathi kwamapolisa asekuhlaleni nabahlali baloo ndawo. KwiTable Bay habour



Kuyacelwa eCamps Bay ukuba uqeqesho lwamapolisa kufuneka luqhutywe ukuphucula ukungeniswa kwesininzi sabantu abatsha, iinqobo ezisesikweni zemisebenzi ezingcono nendlela yokukhawulelana neenkonzo, izixhobo zokusebenza ezifanele indawo esingqongileyo, ukusetyenziswa nokumiselwa ngendlela engcono koovimba abazizibonelelo.

EWoodstock abathathi-nxaxheba banembono yokuba isikhululo samapolisa asikho kwimeko eyamkelekileyo. Kukho ingcebiso yokuba isikhululo kufuneka simiswe kufutshane necandelo 1 apho kukho khona ulwaphulo-mthetho oluthe kratya. Abaphathi becandelo kufuneka babe neqela elibika kukubo, kwaye eli qela kufuneka liqhelane necandelo.Okwangoku amaqela abika kubaphathi abazishifu (shift managers) abangengabo abona Bantu abasebenza okanye abaqhuba lo msebenzi wokujongana nolwaphulo-mthetho. Abaphathi ziishifu kufuneka bamiselwe ngokutsha ezitalatweni nakumacandelo ukuze ibengabo abayila into ngaphezu kokuba basabele kwimeko ethile. Amagosa amakhulu afuneka ngobuninzi bawo kwiqela labaphathi. Amapolisa ongameleyo kwicandelo kufuneka abenovimba wengqokelela ecwangcisiweyo (database) yezinto ezimalunga nabaphuli-mthetho abaziwayo eluntwini. EWoodstock amapolisa kufuneka athobele ikhowudi yemithetho ecwangcisiweyo yendlela yokuziphatha (code of conduct)

Abathathi-nxaxheba baseMaitland bacela isikhululo samapolisa esingathi sikhulwana.

## 4.7.4 IKLASTA YAMAPOLISA ASECLAREMONT

IKlasta yamaPolisa aseClaremont anezikhululo ezithathu zamapolisa, ezizezi: izikhululo zamapolisa zaseClaremont, Mowbray naseRondebosch. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 24:II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASECLAREMONT (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **EClaremontt** | Ukuphangwa uhamba ngesiththi | Ukubiwa | Ukutyhuthulwa | Uqhekezo | Ukhuthuzo |
| | | kwemoto | kwemoto | kwiindawo ezihlala abantu | kwiindawo ezihlala abantu |
| **EMowbray** | Uhlaselo ngeenjongo | Ukubiwa | Ukutyhuthulwa | Uqhekezo | Ukhuthuzo |
| | zokonzakalisa emzimbeni, ukhuthuzo oluqhekekileyo, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | kwemoto | kwemoto | kwiindawo ezihlala abantu | wiindawo ezihlala abantu |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **E-Rondebosch** | Uhlaselo ngeenjongoBH, zokonzakalisa emzimbeni, ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uhlaselo oluqhelekileyo, Ukuphangwa uhamba ngesithuthi | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu, ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zaphandwa kwisaveyi, ngokolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwiKlasta yaseClaremont, zibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho eziwelela kwiingigqi ezahlukeneyo. Ukuphangwa uhamba ngesithuthi, ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu kunye nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwiingozi ezahlukeneyo.

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUKHAWULELANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) lubonise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo babefanelekile eluntwini, lo gama i-42% yabathathi-nxaxheba ivakalisa ukuba aba vimba bebonele ngokungephi ibe yiClaremont (89%) , lo gama isikhululo isikhululo Mowbray (89%) nesaseRondebosch (83%) sibonise ukuba oovimba babo babefanelekile

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswe ngokufezekileyo, ize yona i-39% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseRondebosch (100%) naseMowbray (78%) libonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseClaremont (78%) bebonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo..

### IV) IZIKO LWEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, yaza yona i-30% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRodebosch (100%) naseMowbray (78%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi eClaremont (56%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Inkoliso yabathathi-nxaxheba (73%) kwiklasta yamapolisa aseClaremont ibonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka naphantsi kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi kunye noovimba abathile. Le yingqokelela-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini, nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMowbray (100%) naseRondebosch (100%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba baseClaremont (75%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%), sibonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (50%) sabonisa ukungoneliseki ziinkonzo ngabecuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRondebosch (100%) naseMowbray (83%), lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. EClaremont, uninzi lwabathathi-nxaxheba (89%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngamapolisa. . .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-13% iye yabonisa ukuba amapolisa ayawakhusela amangqina, yaza i-8% yanengcinga yokuba amangqina akakhuselwanga.

Uninzi lwabathatEhi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa ezithathu, lubonise ukuba alwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (63%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa kufuneka kuqhutywe emini nasebusuku. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (67%) naseMowbray (67%) lucele ukuba ukujikeleza kwamapolisa okuthe kratya makuqhutywe emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' aye asiwa iso

Yi-67% yabathathi-nxaxheba, njengento ebalulekileyo ekubonakaleni kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (78%) naseMowbray (67%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘ okumiswa usetshwe, ’kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kuye kwaqatshelwa yi-54% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (78%) neKlawer Rondebosch (67%) lubonise ukuba makuqhutywe ngokupheleleyo ukugcinwa kocwangco.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa kwixesha likaxakeka, uninzi (92%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-8% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (46%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo zaso, lo gama i-27% ibonise ukuba ayinalwazi loko, yaza i-27% yaphendula ngelithi abaliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRondebosch (67%) lubonise ukuba igalelo bayalinika kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eClaremont (56%) uninzi lubonise ukuba i-CPF ayiliniki igalelo..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65%) lubonise ukuba ii-CPF zinika igalelo ngokwendlela amapolisa ababa ngayo oovimba abazizibonelelo kwimimandla yabo, lo gama i-18% ibonise ukuba abaliniki igalelo, yaza i-17% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na uncedo ngokwendlela ovimba ababiwa ngayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMowbray naseRondebosch (60%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo..

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASECLAREMONT

EClaremont kucelwe ukuba unxibelelwano nawo onke amaqela afana ne-CPF, abalawuli bamacandelo, amalungu agadayo ebumelwaneni (NHW) ,njl njl, maluphuculwe. Inkonzo yamapolisa kwi-CSC mayinikezelwe ngamagosa asebupoliseni. Eminye imibandela ephakanyiswe eClaremont, ibandakanya abasebenzi abafundileyo, ukugcinwa emgangathweni kwezithuthi , ukuphendulwa kweemfonomfono, ijelo lonxibelelwano lokuba uluntu luzityande igila kwaye lukwazi ukuyimela into oluyithethayo, ukuba nobuchulexa uphethe umicimbi yamaxhoba, ukufaka engqondweni ingcinga yokuzingca ingeyiyo eyobunganga, ukukhuthaza ukuzibandakanya noluntu nokuba ngumzekelo.  .

**Abathathi-nxaxheba baseMowbray bacele ukuba uqeqesho oluthe kratya lokusempangelweni luyafuneka ukuzama ukufikelela nokugcina imigangatho eyiyo yempumelelo. Kukho isicelo sokuba kubekho uvumelwano olungatshintshiyo nabaPhathi besikhululo abamana ukumiselwa kwisikhululo. Amapolisa kufuneka ababambe abahlala ngokungekho mthethweni kwizindlu ezingasahlali bantu.**.

Kukho iingxaki ezinkulu kulo mmandla zokuphazanyiswa yintswela-ntlonelo edalwa ngabaqhubi beteksi-ukuvela umise nje ngokungekho mthethweni, ukuqhuba ngesantya esiphezulu nokupopoza ngendlela engekho similweni, zezona ngxaki zingamandla ezi. Ezi ndlela zokuziphatha zinegalelo kwintlalo yentswela-mthetho efuna ingqwalaselo. Makumanyanwe ngamandla noluntu. .

Abathathi-nxaxheba eRondebosch bathe ukuze ukuqhubeka kwezinto kube nozinzo, kufuneka amagosa aphetheyo avunyelwe ukuba ahlale ixesha elide kwisikhululo ukuze abe nokwenza iinguqu ezifanelekileyo. Amagosa aphetheyo asoloko efuduswa xa kanye aqalisa ukwenza umahluko kwisikhululo. Abafundi nabasebenzi abaselula basalufuna uqeqesho oluthe kratya lokuthatha iinkcazelo nokunxibelelana ngemfonomfono

## 4.7.5 IKLASTA YAMAPOLISA ASEDELFT

IKlasta yamaPolisa aseDelft inezikhululo ezine zamapolisa, ezi zezi: Belhair, Bellville South, Delft neRavensmead. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBelhar** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| **IBellville South** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IDelft** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto |
| **IRavensmead** | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ukuthathela umthetho ezandleni |

Izinto ezithe zafunyaniswa kwisaveyi yeKlasta yaseDelft, zibonisa ukuba uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni nohlaselo oluqhelekileyo, zezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO EZIHLALA ABANTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (83%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa abafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-17% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba oovimba bebefaneleke ngokungephi..

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo,yaza i-41% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (75%) neRavensmead (63%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eBellville South (55%) babonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LWEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, lo gama i-45% yathathi-nxaxheba yabonakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville South (75%) naseRavensmead (63%) libonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseDelft (78%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

**(A INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSCS**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) kwiklasta yamapolisa aseClaremont lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo yaza i-45% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.Oku kwenzeka naphantsi kokuba bebone ukunqongophala kwabasebenzi kunye noovimba abathile. Le yingqokelela-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (75%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo.  .

**V)  IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI**

Abathathi-nxaxheba abangaphezu kwesiqingatha (54%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (46%) asoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ERavensmead uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%).lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

**VI)  INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (38%) alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, lo gama i-35% ibonise ukuba amangqina akhuselwe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (44%) lubonise ukuba lucinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe, saza esinye isiqingatha asabi nalo ulwazi lokuba amangqina akhuselwe na.

**VII)  UKUBONAKALA KWAMAPOLISA**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa kufuneka kuqhutywe emini nasebusuku. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) naseRavensmead (63%) lucela ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya ‘okumisa usetshwe’ aqatshelwe yi-72% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (88%) naseDelft (78%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo, kuye kwaqatshelwa yi-41% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (63%) naseDelft (56%) lubonise ukuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kwamacandelo makuqhutywe.

**VIII)  IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA**

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (64%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 ukuba lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-21% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile ngexesha likaxakeka. I-11% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kwengama-20 yamkelekile ukuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (63%) lubonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile ekubeni amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho. .

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (44%) lubonise ukuba alwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa, ekubeni i-41% yona ibonise ukuba akukho galelo linikwayo, i-15% iyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (63%) lubonise ukuba akukho galelo linikwayo kwizicwangciso zezikhululo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) lubonise ukuba alwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwindlela ekwabiwa ngayo oovimba abaluncedo ngamapolisa kwimimandla yabo, ekubeni i-31% yona iye yabonisa ukuba akukho galelo linikwayo, i-19% yona ibonise ukuba liyanikwa igalelo kwindlela emkwabiwa ngayo oovimba abaluncedo..

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEDELFT

EBelhar abathathi-nxaxheba babonise ukuba isikhululo samapolisa sincinci kwaye asinakho ukubonelela iimfuno zoluntu. Amapolisa ayacelwa ukuba aziqhelanise nemibutho yasekuhlaleni. Uqeqesho olumalunga nezakhono zokunxibelelana lwabasebenzi abakwizikhundla eziphambili maluqhutywe, ukuqinisekisa ukuba amagosa asebupoliseni afikeleleka ngakumbi eluntwini. Kukho isicelo sokuba xa kuqeshwa amagosa amatsha asebupoliseni, umphathi wesikhululo samapolisa makabazise kwiinkokeli zabahlali. Amagosa asebupoliseni asebenza kakuhle makaqwalaselwe, ize indlela etenxileyo obuqhutywa ngayo ubupolisa isiwe ngaphambili. Amanye amagosa asebupoliseni asebenzisa iziyobisi aze azithenge kwalapha kubahlali. Lo mkhuba ubeka ibala elibi kwisidima samapolisa. Inkqubo yovavanyo lokubona amagosa awufaneleyo lo msebenzi, malwenziwe, kwaye kufuneka kuthatyathwe amanuathelo kwabo abophula umthetho. Amapolisa ayacelwa asuse imiqobo eyenza ukuba basebenze bengoozimelegeqe, angabi ngoozwilakhe, abonise ukungazigwagwisi, kwaye alungele ukubiza imibutho xa kukho ingxuba-kaxa.

EBellville South, amagosa asebupoliseni abonwa njengabantu abanyotywayo ngabanini bezimokolo kunye nabathengisi beziyobisi, kwaye amagosa afana nala, kufuneka atshutshiswe. Amapolisa ayacelwa ukuba asebenzisane ne-CPF, aze ancedise apho kukho imfuneko nanjengokuba ingenazo ii-ofisi noovimba abaluncedo. I-CPF icela ukumenywa kwiintlanganiso zolawulo. Kukho isicelo sokuba ulawulo lwe SAPS malubonakale ngakumbi eluntwini. Amapolisa kufuneka aphucule unxulumano loluntu xa esebenza nabahlali. Amaxesha okuphendula kwiimeko ezidibene nolwaphulo-mthetho kufuneka ziphuculwe. Uqeqesho lwamalungu namajoni angamalalela lubalulekile. Isikhululo masiwachwethele ngaphandle amagosa asebupoliseni anobuqhopholoIo, siqeshe amagosa asebupoliseni azinikezeleyo emsebenzini.

ERavensmead abathathi-nxaxheba banembono yokuba i-SAPS kufuneka yazise i-CPF. Ukubonakala okungaphezulu kwamapolisa kubalulekile kwaye iintlanganiso zoluntu kufuneka ziqhutywe .

Ngokwabathathi-nxaxheba, iDelft ineyantlukwano ngokwenkcubeko nangokobuhlanga kwaye kufuneka kunikwe ingqwalasela kumba weyantlukwano. Imfuneko yokugcina uluntu ngokwamacandelo angawalo, kwaye kufuneka kuqhutywe iintlanganiso ezingaphezulu zika-NHW. Amatyala obundlobongela abikwe njengezinto ezingaphathwanga ngokufanelekileyo. Kukho amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ emmandleni. Iivenkile zabaphambukeli abavela kwamanye amazwe ezivula kude kube sebusuku, ziyaluchaphazela ukhuselo loluntu. Kukho isicelo sokuba abanini beeshibhini abangawathobeliyo amaxesha okuvala kufuneka baqondiswe, ngobubi besi senzo baze bathiwe nka ngentlawulo eqatha.

Ngexesha le-Community Safety barometer project 2008/09, abathathi-nxaxheba baye baqaphela uqhekezo lwezindlu, ukubiwa kweemoto, ukubulala, ukhuthuzo, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukuphangwa uqhuba imoto, ukuxhatshazwa ngokwesondo, impatho-mbi ebantwaneni, njengezona zenzo zoyikekayo zolwaphulo-mthetho eDelf. Abathathi-nxaxheba benze isindululo sokuba urhulumente kufuneka abonelele ngezixhobo zokonwabisa nemisebenzi eyenziwa lulutsha nokunciphisa ukufumaneka kotywala neziyobisi. Umba wamaqela abophuli-mthetho (gangs) eluntwini kufuneka uhlangatyezwe ngurhulumente

Izinto ezithe zavezwa luphando malunga nezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo engunombolo 1 kwiKlasta yaseKhayelitsha, zalatha iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 ezinabele kwimimandla eyahlukeneyo. Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ubundlobongela basekhaya, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, uhlaselo ngenjongo yokonzakalisa emzimbeni, ukubiwa kwemoto, zixelwe njengezenzo ezifuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. IKhayelitsha ichongwe njengenye yeendawo ezigqugqise ngokubukulwa kwezinye iintlanga kwiphondo, phofu abathathi-nxaxheba abakhange bakubone oku kubukulwa kwezinye iintlanga njengesenzo solwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo.

2 Isebe lezoKhuselo loLuntu, iPhepha

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Abathathi-nxaxheba (66%) bavakalise ukuba oovimba abaluncedo ebupoliseni bebengafanelekanga ekukhawuleleni ulwaphulo-mthetho eluntwini, ekubeni yona i-29% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba abazizibonelelo bebefanelekile. Isikhululo samapolisa esivakalise ukuba oovimba bebefaneleke ngokungephi ibiyiHarare, ekubeni isikhululo saseMacassar sivakalise ukuba oovimba babo bebefanelekile.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu asekuhlaleni abuziwe ukuba oovimba ababonelelayo basetyenziswa ngokufanelekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) lufumanise ukuba oovimba ababonelelayo abakhange basetyenziswe ngokufanelekileyo. I-43%.yabathathi-nxaxheba ithe aba vimba basetyenziswe ngokufanelekileyo. Izikhululo zaseHarare naseGordons Bay zivakalise ngazwinye ukuba oovimba babo basetyenziswe ngokufezekileyo, sona isikhululo samaPolisa aseMacassar sibonise ukuba kulapho khona abathathi-nxaxheba abaninzi bacinga ukuba oovimba abakhange basetyenziswe ngokufezekileyo.

## IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Amalungu asekuhlaleni aye aphendula kumbuzo ofuna ukuqonda ukuba ingaba amalungu abona onele na amagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwiziko leenkonzo zoluntu (CSC). Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba aluboni kwanela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, apho khona iGordons Bay iye yazuza awona manqaku aphezulu. IMacassar sisikhululo samapolisa apho kuye kwakho ingcinga engephi ngokonela kwamagosa asebupoliseni, ancedisa kwi-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba, 50% lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC, ebengathobekanga kwaye engeloncedo kumalungu asekuhlaleni.kwi-CSC. Ngokuqinisekileyo i-47% yabathathi-nxaxheba kulo mbuzo iye yavakalisa ukuba amapolisa athobekile kwaye eluncedo. Isikhululo saseHarare sifumene awona manqaku aphantsi nanjengoko abathathi-nxaxheba babengathobekanga kwaye bengeloncedo, lo gama iGordons Bay iye yafumana amanqaku ancomekayo nanjengokuba abathathi-nxaxheba bayo baye babonisa ukuba amapolisa kwisikhululo sabo ebeluncedo kwaye enobubele.

## V) IINKONZO EZINIKWA NGABACUPHI.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ILwandle ibisisikhululo esoneliseke ngokungephi ziinkonzo zabo, lo gama iGordons Bay kwakhona iye yafumana amanqaku ancomekayo kuba bonke abantu abathe baphendula kulo mbuzo, ngokuvakalisa ukuba abacuphi baye banikezela iinkonzo ezanelisayo.

Kukho nje ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo bokuba kutheni abathathi-nxaxheba beziva bonelisekile ziinkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala.Ezinye iingcebiso., umzekelo, zokuba kunokwenziwa ntoni ukuphucula ezi nkonzo, kukuqesha abacuphi abanezakhono ezithe chatha kwaye kufuneka abacuphi banikwe oovimba abaninzi abazizibonelelo abazakusebenza ngabo ukuphucula iindlela zabo zokuphanda .

**VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA**

I-38% yabathathi-nxaxheba ayikhange yazi nokuba amangqina akhuselwe na. I-31% yona iye yanengcinga yokuba akhuselwe, yaza i-21% yabathathi-nxaxheba yanengcinga yokuba amapolisa akawakhuselanga amangqina. Umntu omnye othe waphendula kulo mbuzo uthe iGordons Bay iye yawakhusela amangqina, kodwa ne-90% yabathathi-nxaxheba kulo mbuzo, ithe isikhululo samaPolisa aseHarare sithe amapolisa awakhusele amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho. ILwandle ifumene awona manqaku aphezulu nanjengoko iyindawo apho uninzi lwabathathi-nxaxheba beSomerset West bengakhange bazi nokuba amapolisa awakhusele na amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho.

Olu cazululo lokuqonda ngenkonzo yokukhusela enikezelwa ngamapolisa kumangqina, luthetha ukuba kusenokubakho ukusilela kokuzithemba malunga nendlela eyiyo yokuxela izenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala, kwakhona nokusilela kwezinto ezilindelekileyo kwinkxaso, yokulandelela kunye nokufumana isiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe ekuhlaleni.

Apha ngasezantsi sijonga kweminye imiba echaphazela imbono yabathathi-nxaxheba malunga nokubonelela kwamapolisa ngeenkonzo kwimimandla yabo.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokujikeleza kwamapolisa ngokwamacandelo, kubonwe yi-28% yabantu abathe baphendula, njengeyona ndlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa eluntwini. A,aphulo athe chatha 'okumiswa usetshwe' abonwe yi-23.8% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Kubathathi-nxaxheba, i-26% ibonise ukuba ukujikeleza okuthe chatha kwamapolisa emini nasebusuku kunokuphucula ukubonakala kwamapolisa kwimimandla yabo abakuyo, yaza i-11.2% yavakalisa ukuba ukwandiswa kweenkqubo zokujikeleza kwamapolisa ebusuku, loo nto ingakwandisa ukubonakala kwamapolisa. I-10.5% ivakalisa ukuba ukwandiswa kokujikeleza emini kungakwandisa ukubonakala kwamapolisa emmandleni.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi oluthe gca (60%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-21% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwixesha likaxakeka.

### IX) IGALELO LE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Ukumiselwa kwe-CPF kwakusenzelwa ukuphucula unxulumano lwamapolisa noluntu nokwenza ukuba amapolisa abe ngathi amapolisa athe kratya ukuphendula kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolo luntu kufuneka ibe negalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekwabiweni koovimba abazizibonelelo ngu-SAPS.

Xa kubuzwa ukuba u-CPF wommandla wabo ubenalo na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa i-41% ithe libekho igalelo, lo gama i-28% iphendule yathi ayinalwazi loko. Xa kubuzwa ukuba i-CPF ilunikile na igalelo ngendlela ekwabiwa ngayo oovimba abazizibonelelo, i-50% ibonise ukuba linikiwe igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YASEKHAYELITSHA

Abathathi-nxaxheba baseGordons Bay babonise ukuba abantwana abahlala ezitalatweni, izibhadubhadu nabantu abahamba becela amalizo, ukhuphiswano lokubaleka ezitalatweni (ngooLwezihlanu nangemiGqibelo), ukupakwa kweemoto ekungekho mthethweni ngababukeli, iibhari ezivula emva kwentsimbi yesibini kusasa, zingumngeni omkhulu ofuna ukukhawulelwa ngamapolisa emmandleni. Ukhuseleko nolawulo kwiipropati zoluntu, umz: i-'caravan park' neKoggel Bay kufuneka ziphuculwe. Ukubiwa kweeKheyibhile zemibane kungxamele ukuba yingxaki eqhubeka rhoqo. Ubukho besithuthi samapolisa esinye kuphela ndawonye nommandla oneendlela ezininzi ezingenazibane, loo nto yenza ukuba kubenzima ukukhawulelana nengxaki.

.

EHarare abathathi-nxaxheba banembono yokuba amapolisa kufuneka agade umimandla yawo kwaye anxibelelane namalungu asekuhlaleni. Ukujikeleza ngeenyawo kwamalungu asebupoliseni kufuneka kuqhutywe.

Ngexesha lokutyelela koMphathiswa wezoKhuselo eHarare, amalungu asekuhlaleni aphakamisa imiba yokunikezelwa kweenkonzo, ezibandakanya oku kulandelayo:

N) Ukusilela kwentsebenziswano ngakwicala le-SAPS,
O) Ii-SAPS engajikeleziyo ngeenyawo,esuka ijikeleze ikhwele izithuthi, kucelwa iithotshi neebhatyi
P) Ukwanda kokuthengiswa kweziyobisi: ukuvuza kwenkcazelo, malunga nabathengisi-ziyobisi xa kuthe kwabikwa kwi-SAPS, abantu abajikelezayo bafumana ukonzakala xa bejikeleza emmandleni,
Q) I-SAPS ihlasela abantu ngaphandle kwesizathu xa beqhuba inkqubo yabo yokujikeleza naxa besenza usetsho.
R) Ukusilela kwemiba yokunikezelwa kweenkonzo( ukubonakala kwe'Flying Squad yeSAPS, ukusetyenziswa kwekwefowuni ngendlela ephucukileyo,ixesha lokuphendula) noku-
S) silela konxibelelwano namaqela oluntu .

Abathathi-nxaxheba baseLwandle bacebisa ukuba amalungu e-CPF namalungu e-NHW kufuneka asebenze ngokubambeneyo namapolisa xa kusenziwa inkqubo yokujikeleza. Amagosa asebupoliseni ancedisayo makaqeshwe.I-CPF kufuneka ibe neethegi zamagama kwaye iSebe lezokhuselo loLuntukufuneka lutyelele amalungu e-CPF kube kanye ngenyanga ubuncinane. Amapolisa ayacelwa , elelezwa ukuba angaseli ngexesha lomsebenzi. Amapolisa makajikeleze ummandla ne-CPF, ne-NHWes. Ngempela-veki kufuneka bazivale iishibhini. Ezo shibhini, zinamaphepha-mvume kufuneka zibekwe esweni ukuvumelana namaxesha okuvula.

Kukho isicelo eLwandle sokuba i i-CPF mayirejistarishwe. I-CPF ne-NHWes kufuneka babonelelwe ngamancedo ukuze bakhuthazeke kumsebenzi wabo. Okokugqibela, amalungu e-CPF kufuneka abenonxulumano oluluqilima ne-SAPS. Angajikeleza namapolisa no-SANCO, neekomiti zezitalato kufuneka zinikezele ingxelo ku-CPF, aze no-CPF anikezele ingxelo emapoliseni.

Abathathi-nxaxheba baseSomerset West banembono yokuba amapolisa kufuneka ahlangabezane nengxaki yabantu abazizibhadu-bhadu emmandleni. Siyazi ukuba aba bantu bazenza ngokungathi bajonga abaphuli-mthetho. Ngokuma kwamanani abemi baseSomerset West nokucingela inani eliphakamileyo lezenzo zokhuthuzo, iqela lamapolisa elijikeleza nezinja neqela lamapolisa ajikeleza ngamahashe libaluleke ngokugqithisileyo. Amapolisa kufuneka anike inkxaso nolwazi lokuqhubekayo kwiqela loluntu okanye iinkokheli zoluntu, asebenza nazo ukubaqondisa ngakumbi ngemiba ukuze bakwazi uklugcina uluntu luhlale lukwazi okuqhubekayo'

**Abathathi-nxaxheba baseMacassar bacebise ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka achubeke, azinikele, abe ngqongqo kwaye azingce ngokuba ngamalungu e-SAPS. Ukuziphatha ngokuphucukileyo nangesidima kuyancomeka. Abalingane ngokwasemsebenzini namalungu asekuhlaleni kufuneka bahlonelane. Amapolisa kufuneka abonise intsingiselo eyakhayo kwigama elithi, I-S.A.P.S. Ukufumana inkonzo engcono yamapolisa, isikhululo kufuneka siwachwethele ngaphandle amagosa asebupoliseni anobuqhopholo. I-SAPS kufuneka ifumane amagosa asebupoliseni athembakeleyo nasebenza ngokukhuthala. Amapolisa ayacelwa ukuba aphendule ngokukhawuleza xa athe abizwa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Amapolisa kufuneka enze izicwangciso kunye nezikolo nezinye iidawo zoluntu ukuthintela oonobangela abaziingcambu zezifo ezinganyamezelekiyo ezifana neziyobisi. Uluntu lugcwele ngabantu abantetho yabo isisiAfrkansi, ngoko ke amagosa asebupoliseni antetho yabo isisiAfrikansi makaqeshwe kwisikhululo samapolisa aseMacassar**

Abathathi-nxaxheba baseStrand baphakamise ukuba amagosa asebupoliseni ancedisayo makangeniswe emsebenzini, aze anikwe uqeqesho oluchanekileyo.

Abathathi-nxaxheba baseLingelethu West baceba ukujikeleza okuthe kratya

kwamapolisa,ingakumbi ngeempela-veki, makuqhutywe kwiindawo zokuhlala ezingamiselwanga ngokusesikweni ezifana neMonwabisi Park nezikufuphi neendlela zoololiwe. Makutyelelwe izikolo ukuphakamisa ulwazi malunga nokusetyenzisa iziyobisi, utywala nokuxhaphaza ngokwesondo. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba izikhululo zibe neentolongo ezahlukeneyo zabaphuli-mthetho abaselula nabadala. Amapolisa makazame ukuzenza idini eluntwini. Amagosa asebupoliseni angaziphathanga kakuhle kumalungu asekuhlaleni, kufuneka ahambe ucweyo (workshops) ukuphucula iindlela zokunxulumana noluntu.

## 4.7.7 IKLASTA YAMAPOLISA ASEKRAAIFONTEIN

IKlasta yamaPolisa aseKraaifontein inezikhululo zamapolisa ezithathu, ezizezi :-iBrakenfell, iDurbanville neKraaifontein. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi ye-PNP.

### I) IZENZO ZPLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| IsiKhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBrakenfell** | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zoshishino, ubusela obuqhelekileyo |
| **IDurbanville** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ukubulala, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukutyhuthulwa kwemoto, ukubulala, nokhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **EKraaifontein** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Undlobongela basekhaya, ukuphangwa uqhuba imoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zafunyaniswa kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseKraaifontein, zibonise iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho, ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1, kwimimandla eyahlukeneyo. Ubundlobongela basekhaya, ukhuthuzo oluqhelekileyo nokuhlasela ngeenjongo zokulimaza emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo kunombolo 1, kwimimandla eyahlukeneyo. IKraaifontein ichongwe njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga (xenophobia) ephondweni, phofu ke abathathi-nxaxheba bonke khange bakuchonge ukubukulwa kwezinye iintlanga njengelona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (84%) lweklasta yesikhululo saseBellville, sivakalise ukuba oovimba abazizibonelelo bebengafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-16% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bebefanelekile. Zonke ii-CPF, iBrakenfell (100%) , Kraaifontein (86%) neDurbanville (67%) zibonise ukuba oovimba babo bebengafanelekanga ukukhawulela ulwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

---

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) babonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama i-47% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBrakenfell (83%) naseKraaifontein (60%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama uninzi lwaseDurbanville lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo kwimimandla yabo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni abonele ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-21% yabonakalisa ukuba ebengonelanga amagosa asebupoliseni kwi-CSC. ZONKE ii-CPF, i-Durbanville (100%), iKraaifontein (71%) neBrackenfell (67%) zizuze amanqaku aphezulu kweli candelo apho bonke abathathi-nxaxheba baye babonakalisa ukuba ebonele amapolisa ancedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC ebethobekile kwaye eluncedo, yaza i-21% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni ebengathobekanga kwaye engeloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Ii-CPF eBrakenfell (100%), eKraaifontein (71%) naseDurbaville, zibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni .

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi, yaza i-47% ayoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (100%) eDurbanville naseKraaifontein (75%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi, lo gama bonke abathathi-nxaxheba (100%) eBrakenfell abonelisekanga.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (40%) alukhange lwazi nokuba amangqina abophuli-mthetho akhuselwe na, i-30% ibe nengcinga yokuba akhuselwe, lo gama i-30% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina olwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBrakenfell (67%) lubonise ukuba amangqina akhuselwe, lo gama uninzi (67%) lwaseDurbanville luvakalise ukuba amangqina akakhuselwa, saza isiqingatha sabathathi-nxaxheba(50%) eKraaifontein sabonisa ukuba asazi nokuba amapolisa ayawakhusela na amangqina olwaphulo-mthetho .

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (67%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku, kufuneka kuqhutywe. EDurbanville uninzi (71%) yabathathi-nxaxheba icela ukuba kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini, lo gama eKraaifontein kucelwa ukuba amapolisa abe ngathi ayajikeleza ebusuku, eBrakenfell, uninzi (67%) lucele ukuba kujikelezwe emini nasebusuku.

Amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ aboniswe yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EBrakenfell (100%) bonke abathathi-nxaxheba babonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ makaqhutywe. Ukuqhutywa ngokwaneleyo kokubanjwa kocwangco kumacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-71% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. EKraaifontein bonke abathathi-nxaxheba bacebise ukuba kuqhutywe ngokwaneleyo ukubanjwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi olucace gca lwamalungu asekuhlaleni (80%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-10% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkeleke njengelona xesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKraaifontein (86%), lilandelwa yiBrakenfell (83%) neDurbanville (71%), babonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%).lubonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-29% ibonise ukungabi nalwazi loku, yaza i-24% yabonisa ukuba ziyalunika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Isiqingatha sabathathi-nxaxheba eBrakenfell naseKraaifontein sibonise ukuba aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo malunga nendlela ababiwa ngayo ngamapolisa oovimba abazizibonelelo kwimimandla yazo, lo gama i-25% iye yabonisa ukuba ayinanto iyaziyo, yaza i-20% yaphendula ngelithi i-CPF iyalinika igalelo malunga malunga nendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) eDurbanville ibonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) eKraaifontein ithe alinikwa igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBothasig libonise ukuba alunalwazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo ngendlela ebabiwa ngayo oovimba abazizibonelelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKRAAIFONTEIN.

EBrakenfell abathathi-nxaxheba babonise ukuba kukho umqobo olulwimi ndawonye nokunqongophala kwamalungu okuncedisa uluntu kwiingxaki nakumaxesha kaxakeka. Kukwakho nokungoneli kwezithuth ezijongana nolwaphulo-mthetho. Amagosa asebupoliseni ayatyholeka ngokungaphucuki xa ethetha efowunini. Afuna ukuqeqeshwa malunga nendlela yokunxibelelana ngokufezekileyo namalungu asekuhlaleni. Isikhululo samapolisa siyagxekeka ngokunabasebenzi abambalwa. Ubuqhophololo bamapolisa kunye namalungu abandakanyeka kwimisebenzi yolwaphulo-mthetho, kufuneka bugrunjwe neengcambu zabo.

EDurbanville abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa ukulungiselela abasebenzi indawo nokunikezela iinkonzo eluntwini. Ivakele into yokuba amapolisa angumtya nethunga nabanini bezirhoxo nezeeshibhini Ayanyotywa nokunyotywa ngabanini beziyobisi. Ukukwazi ukuyimela inkqubo ye-SAPS malunga neemfuno zoluntu kufuneka kuphuculwe. Amapolisa kufuneka ayithathele ingqalelo engamandla into yokufumana amaphepha-mvume koonoshibhini.

EKraaifontein abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amatyala ezinkundleni afuna ukuphononongwa ukuqinisekisa ukuba akulubeki esichengeni uluntu. Kuyacelwa ukuba amapolisa kufuneka abe ngathi ayazimela izenzo zawo kuluntu..

## 4.7.8 IKLASTA YAMAPOLISA ASEKUILSRIVER

Iklasta yamaPolisa aseKuilsriver inezikhululo zamapolisa ezithathu, ezizezi:- iKleinvlei, iKuils River noMfuleni. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi ye-NPN.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELA EPHAMBILI

**ITHEBHILE 28: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEKUILSRIVER (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhulo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 4 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **EKleinvlei** | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela Basekhaya, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu kwanezo zoshishino | Ubusela obuqhelekileyo nokubiwa kwemfuyo |
| **EKuilsriver** | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzalkalisa emzimbeni, ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |
| **EMfuleni** | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, Ukuhlasela okuqhelekileyo | Ukubulala | Ukuphangwa uqhuba imoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |

Izinto ezithe zafunyanwa kuphando malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili olungunombolo 1 kwiKlasta yaseKuilsriver, lubonisa iintlobo ngeentlobo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili ekunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Ubundlobongela basekhaya, uhlaselo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto nokuhlasela ngenjongo zokonzakalisa emzimbeni,zibikwe njengolona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (82%) lweKlasta yamapolisa aseBellville, ivakalise ukuba oovimba abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-18% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bebefanelekile.Zonke ii-CPF, eKuilsriver (100%), eMfuleni (80%) naseKleinvlei (75%) zibonise ukuba aba vimba bebengafanelekanga ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo .

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (56%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-44% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKleinvlei (75%) naseKraaifontein (75%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama bonke abathathi-nxaxheba baseKuilsriver (100%) bebonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (94%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-6% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC, Zonke ii-CPF, eKleinvlei (100%) naseMfuleni (75%) zifumene amanqaku aphezulu kweli candela apho abathathi-nxaxheba babonise ukonela kwamapolisa ancedisa kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65% lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-35% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.

Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba. Olu qokelelo-manani lubalulekile xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nase kudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Ii-CPF eKuilsriver (100%) naseMfuleni (60%) zibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (94%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-6% yabonisa ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba(100%) eKuilsriver (100%,) eMfuleni (100%) naseKleinvlei (88%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

I-44% yabathathi-nxaxheba ayikhange yazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, enye i-44% ibonise ukuba amangqina akakhuselwangangamapolisa, yaza i-12% yanengcinga yokuba amangqina akhuselwe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMfuleni (80%) lubonise ukuba amangqina akakhuselwanga, lo gama uninzi (63%) eKleinvlei lubonise ukungazi nokuba amangqina akhuselwe na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (72%) lwabathathi-nxaxheba lubonise imfuneko yokuqhutywa kokujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. EKuilsriver (80%) eMfuleni (80%) naseKleinvlei (67%) abathathi-nxaxheba bacela ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' aye aqwalaselwa yi-61% yabathathi-nxaxheba ukwandisa ukubonakala kwamapolisa. EKuilsriver (80%) naseKleinvlei (63%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokoneleyo kokubanjwa koncwangco kumacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-71% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. EKleinvlei (63%) naseKuilsriver (60%) abathathi-nxaxheba bacebise ukuqhutywa ngokwaneleyo ukubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi lwamalungu asekuhlaleni (61%) lubonise ukuba imizuzuemi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-17% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Enye i-17% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yamkelekile. Intsalela yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu engama-20 ukuya kuma-30 isekwamkelekile ekubeni amapolisa aphendule ngamaxesha kaxakeka kulwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuyo yonke imimandla eKleinvlei (63%), Kuilsriver (60%) naseMfuleni (60%) lubonise ukba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lelona xesha lamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. .

### IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (41%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-35% ibonise ukuba ii-CPF azikhange zinike galelo, yaza i-24% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKleinvlei (63%) belungazi nto ngegalelo lwe-CPF, lo gama i-60% eKuilsriver, uninzi lubonise ukuba i-CPF ayikhange inike galelo kwizikhululo zamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%) lubonise ukuba belungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-29% ibonise ukuba akhange linikwe igalelo.

Yaza i-24% yabonisa ukuba ziyalinika igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (75%) eMfuleni, lubonise ukungazi nokuba liyanikwa na igalelo, lo gama i-60% yabathathi-nxaxheba eKuilsriver iye yabonisa ukuba liyanikwa igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKUILSRIVER

EKleinvlei abathathi-nxaxheba babonise ukuba kukho ukuphakama komgangatho wobuqhophololo kwaye amapolisa abandakanyekayo kufuneka atshutshiswe nanjengoko lo mkhuba ukhokelela ekungathembaneni phakathi kwamapolisa namalungu asekuhlaleni. Kucelwa ukuba ukujikeleza kwamapolisa ngeebhayisekile makusetyenziswe kwimimandla ezichatshazelwa ngokoyikekayo zizenzo zolwaphulo-mthetho. Kukho isicelo sokuncitshiswa kwamacandelo ukuze ummandla ulawuleke ngakumbi.

EKuilsriver abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amaxhoba odlwengulo makanikwe uncedo olukhawulezileyo (abalekiselwe esibhedlele). Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amalungu e-SAPS anobuqhophololo makujonganwe nawo. I-SAPS mayigqale kwinkqubo yokugcinwa kocwangco kumacandelo, kwaye kufuneka inamathele kumyalelo wesizwe omalunga nokugcinwa kocwangco kumacandelo. Ii-CPF kufuneka zidlale indima enkulu njengoko zigunyaziswe luwiso-mthetho. Amagosa asebupoliseni kufuneka aqeqeshwe kwaye axhotyiswe kanobom..

EMfuleni abathathi-nxaxheba banembono yokuba iziyobisi ziyeyona mgxaki ekufuneka kujongwane nayo. Amalungu asekuhlaleni anqwenela ukusibanga ngamandla esawo isikhululo samapolisa, kwaye acela ukuba sandiswe. Baninzi abantu abangaqeqeshwanga. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba amagosa asebupoliseni angcono kunye nesikhululo samapolisa asisebenzise ngcono..

## 4.7.9 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMILNERTON

IKlasta yamaPolisa aseMilnerton inezikhululo zamapolisa ezine, ezizezi: IAtlantis, iMelkbosstrand, iMilnerton neTable View. Zonke izikhululo zamapolisa ziyithathile inxaxheba kwisaveyi

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 29: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEMILNERTON (IMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhuluo samapolisa | Ulwaphulo-mtetho Olufuna ingqwalaselo: 1 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 2 | PUlwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo; 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IAtlantis** | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IMelkbosstrand** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi |
| **IMilnerton** | Uhlaselo ngokonzakalisa emzimbeni, uxhaphazo ngokwesondo nokutyhuthulwa kwemoto | Ukubulala ukhuthuzo oluqhelekileyo noqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **ITable View** | Uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni, ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi |

Izinto ezithe zafunyanwa kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseMilnerton, zibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Uhlaselo oluqhelekileyo, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ukutyhuthulwa kwemoto, ukubiwa kwemoto nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. IMilnerton ichongwe njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga kwiphondo, nakubeni abathathi-nxaxheba bengakhange bayichonge le ngxaki njengolona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili..

### II) UKUFANELEKA KOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (75%) luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwiKlasta yamapolisa aseMilnerton. Ezona zikhululo zichaphazeleka ngamandla ngokwabathathi-nxaxheba yiAtlantis (88%), iMilnerton (80%) neMelkbosstrand (75%). Esona sikhululo esichaphazeleka ngokungephi yiTable View (50%)

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

I-52% yabathathi-nxaxheba, ibonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo. Esona sikhululo sichaphazelekayo yiAtlantis (89%), size esona sikhululo sichaphazeleka ngokungephi yiTable View (50%)

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) kwiklasta yaseMilnerton ibonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kumaziko eeNkonzo zoLuntu. IAtlantis (89%) sesona sikhululo sichaphazelekayo, ize iMilnerton yona (75%) ibe yeyona ichaphazeleka ngokungephi (100%)

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Phantse i-58% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amagosa saebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni. Ezona zikhululo zanelisekileyo yiMelkbosstrand (75%) neTable View (75%). Esona sikhululo soneliseke ngokungephi yi-Atlantis (33%)

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (62%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwimimandla yabo. IAtlantis (89%) ibe ngowona mmandla uchaphazelekileyo, yaza iMelkbosstrand (100%) ayatsho tu ukuchaphazeleka.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (46%) abazanga nokuba amapolisa enza ngokwaneleyo ukukhusela amangqina kunatyala olwaphulo-mthetho. I-42% yabathathi-nxaxheba abanayo ingcinga yokuba amapolisa ayawakhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho. Owona mmandla uchaphazelekileyo ibe yiAtlantis (100%) yaza iMelkbosstrand yabonakala ichaphazeleka ngokungephi.

SSS) ISebe lezokhuseleko loLuntu, iPhepha lamaxesha athile elimalunga neSebe lezokhuselo loLuntu ekuhlangabezaneni nemingeni yokubukula ezinye iintlanga eNtshona Koloni, ngomhla we-8 kuJulayi 2010 alikhange lipapashwe

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumbuzo omalunga nokubonakala kwamapolisa, i-69% yabathathi-nxaxheba ayinayo ingcinga yokuba amagosa asebupoliseni ongezelelweyo ngexesha lasemini angayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. Ukongeza koku, i-54% yabathathi-nxaxheba ayinayo ingcinga yokuba amagosa asebupoliseni ongezelelweyo ngexesha lasebusuku anagayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. I-81% yabathathi-nxaxheba iye yacinga ukuba amagosa asebupoliseni ajikeleza ngokwangezelekileyo imini nobusuku kwimimandla yabo ingayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa, i-77% yabo iye yacinga ukuba amaphulo 'okumiswa usetshwe' kwimimandla yabo, angayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa, yaza i-58% yacinga ukuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo, oko kunokuyiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, i-81% yabathathi-nxaxheba ayibanga nakho ukucinga eminye imiqathango ngaphandle kwale ikhankanywe ngasentla.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Xa sinokuyibeka dlakadlaka, i-85% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. IAtlantis (100%) ibonakala iyeyabonakala yonelisekile koku.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

I-44% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF zabo aziliniki igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo.IAtlantis (78%) ibe yeyona ndawo ichaphazelekileyo, yaza iMilnerton (60%) yayeyona ndawo ichaphazeleka ngokungephi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60% luthe ii-CPF zabo ziyalinika igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa kwimimandla eyeyabo. IAtlantis (89%) ibe yeyona ndawo yanelisekileyo, yaza iMilnerton (40%) yayeyona yaneliseki ngokungephi.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEMILNERTON

Abathathi-nxaxheba baseAtlantis bacebise ukuba iSebe lezoKhuselo loLuntu kufuneka longamele ii-CPF. Banoluvo lokuba kuza kubakho ungqzulwano ngumdla ukuba i-SAPS iluthathela kulo olu xanduva. Kucetyiswa ukuba ookhala (whisle-blower) kufuneka bebonelelwe. Inkqubo ezingaphezulu zolwazi olumalunga neziyobisi maziphunyezwe ukujongana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi eAtlantis. Iziganeko ezingaphezulu zentlalo maziqhubeke kwiintlanganiso zamacandelo ezine-SAPS noluntu kubekanye okanye kabini enyangeni. Ubandakanyo loluntu maluphuculwe phakathi kwe-SAPS noluntu.. .

Izinto ezithe zavela kuphando lweCommunity Safety Barometer project 2008/09, zezokuba uluntu loyika kakhulu ukukhuthuzwa, ukubulawa, ukudlwengulwa nokudutyulwa. Ukubonelelwa ngezixhobo zokuzonwabisa nemisebenzi eyenziwa lulutsha, uphuhliso lwezakhono, ukudalwa kwemisebenzi ukulungiselela amalungu asekuhlaleni, imithetho ethande ukuba ngqongqo, nezohlwayo ezithande ukutsala ixesha elide kubaphuli-mthetho, ukugcinwa kocwangco ngokuthe gqolo nokuphononongwa kwemisebenzi yamapolisa. Ukwandiswa kwendima yokubonakala kwamapolisa emmandleni, ukuphuculwa kwentsebenziswano nokuphefumlelana phakathi kwamapolisa namalungu aqhelekileyo, njengemiqathango ebalulekileyo emayithathwe ngurhulumente ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho emmandleni.

EMelkbosstrand abathathi-nxaxheba bacela ukuba ubundlobongela basekhaya nolwaphulo-mthetho olwenzeka kubantu basetyhini nasebantwaneni makujongwane nabo ngokungenalusini kwaye kungabikho kulibazisa. Kukho ii-CPF ezingabonakalisi kuzithemba ngenxa yokungafumani nkxaso eyiyo. Amaphulo anefuthe elinamandla agxile ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi notywala kufuneka aphunyezwe ngamapolisa..

EMilnerton abasebenzi abangaphezulu abajikeleza ngeenyawo mabamiselwe ukuthintela izenzo zokudibana ngolwaphulo-mthetho. Kuyimfuneko ukuqwalasela intsebenziswano phakathi koluntu namapolisa. Kucelwa ukuba i-SAPS ingaphazamisani nokutshekishwa kwemithetho kamasipala. Amapolisa kaMetro makabandakanywe ekuphunyezweni kwemithetho.  .

ETable View kukho isicelo sokuba amalungu asebupoliseni makagcinwe kakuhle ngokuthi asebenze phantsi kweemeko eziphuculweyo zeenkonzo, nanjengoko oku kuya kuphazamisa izinga lokuziphatha ngendlela ephucukileyo, nto ke leyo eya kuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Kungoku nje, amagosa asebupoliseni abonakala esenza umsebenzi omhle, kungoko kufuneka ebonelelwe okanye anconywe ngomsebenzi omhle. Ikhona imfuneko yokuba kuxhaswe abasebenzi abasakhasayo ekuthatheni iinkcazo; indlela yokuthatha inkcazo ngokuchanekileyo nokuphepha iimposiso zopelo

### 4.7.10 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMITCHELLS PLAIN

IKlasta yaseMitchells Plain inezikhululo ezibini zamapolisa ezizezi:- Mitchells Plain neStrandfontein. Le klasta yeyona incinane kuzo zomke iiKlasta zePhondo leNtshona Koloni. Zombini ezi zikhululo zithathe inxaxheba kwisaveyi.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

ITHEBHILE 30: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEMITCHELLS PLAIN (IIMBONO ZOLUNTU)

| IsiKhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olfuna Ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| IMitchel'ls Plain | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala Abantu, Ubusela obuqhelekileyo |
| IStrandfontein | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo | Urhwaphilizo |

Iziphumo zophando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwiKlasta yaseMitchell's Plain zibonise ukuba amatyala okuxhaphaza ngokwesondo nokuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo

Ngexesha le-Community Safety Barometer project 2008/09, abathathi-nxaxheba baye baqaphela uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo oluqhelekileyo, njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho bazoyikayo eMitchell's Plain. Ezinye zezi zenzo zolwaphulo-mthetho kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo oluqhelekileyo nobusela obuqhelekileyo, zenzeka ngexesha elinye nezenzo zolwaphulo-mthetho ezithe zaqatshelwa kolu fundo lweprojekthi.

#### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (95%) luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwiKlasta yaseMitchell's Plain. Ezona zikhululo zichaphazelekayo yi-Mitchell's Plain (100%), lo gama iStrandfontein (90%) ichatshazelwa ngokungephi.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Malunga ne-58% yabathathi-nxaxheba, babonise ukuba aba vimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo. Esona sikhululo sichaphazelekayo yiStrandfontein (78%), ize sona isikhululo saseMitchell's Plain (40%) sibe sesona sichaphazeleka ngokungephi.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba luvakalise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni amaZiko eeNkonzo zoLuntu. IMitchell's Plain ( 67%) sesona sikhululo esichaphazelekayo, ize yona iStrandfontein ( 60%) ichaphazeleke ngokungephi..

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Phantse i-64% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni. Esona sikhululo sanelisekileyo yiStrandfontein (90%), ize yona iMitchell's Plain (42%) yoneliseke ngokungephi.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) babonise ukwaneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwimimandla yabo. IStrandfontein (78%) ibe sesona sikhululo sanelisekayo, lo gama iMitchell's Plain (30%) yaneliseke ngokungephi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65%) ayikhange yazi nokuba amapolisa, kummandla wabo, uwakhusele ngokwaneleyo amangqina kwizenzo zplwaphulo-mthetho, lo gama i-29% yabathathi-nxaxheba ingakhange iyicinge into yokuba amapolisa, kwimimandla yabo, ayawakhusela amangqina kwizenzo zolwaphulo-mthetho. Yi-6% kuphela yabathathi-nxaxheba ebonise ukuba ayakhuselwa amangqina. Owona mmandla uchaphazelekayo ibe yiMitchell's Plain (70%). Owona mmandla uchaphazeleka ngokungephi ibe yiStrandfontein (57%)

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumbuzo omalunga nokubonakala kwamapolisa, i-64% yabathathi-nxaxheba ayikhange iyicinge into yokuba amagosa asebupoliseni ongezelekileyo ajikeleza emini, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) alukhange luyicinge into yokuba amagosa asebupoliseni ongezelekileyo ajikeleza ebusuku, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Malunga ne-68% yabathathi-nxaxheba icinge ukuba amagosa asebupoliseni ajikeleza emini nasebusuku kwimimandla yabo, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa, yaza i-68% yabo yacinga ukuba amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe'kwimimandla yabo ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Phofu ke, i-68% ayikhange iyicinge into yokuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, i-91% yabathathi-nxaxheba ayikhange icinge nayiphi na eminye imiqathango ngaphandle kwaleyo ikhankanywe ngasentla.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuyibeka dlakadlaka, i-81% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. IStrandfontein (100%) ibonakale iyeyona yanelisekile koku.

## IX) IGALELO LE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Malunga ne-50% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF zinika igalelo ngendlela amapolisa aba ngayo oovimba abazizibonelo kwimimandla yawo. IMitchell's Plain (67%) ibe yeyona yanelisekayo, lo gama iStrandfontein (33%) yaneliseke ngokungephi.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) bathe ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo samapolisa kwimimandla eyeyawo. IMitchell's Plain (78%) ibe yeyona yanelisekileyo, lo gama iStrandfontein (44%) siye soneliseka ngokungephi.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEMITCHELL'S PLAIN

EMitchell's Plain amapolisa ayacelwa ukuba abekho xa uluntu lubafunayo, abe nobubele kwaye ahloniphe amalungu asekuhlaleni. Amagosa e-SAPS ayacelwa ukuba anike uncedo olukhawulezileyo kumaxhoba olwaphulo-mthetho. Kubikwe ukuba kukho amaqela afana namavolontiya eenkqubo zokuxhasa amaxhoba akhoyo, nangona nje engasetyenziswa ngokufanelekileyo..

Kukho isicelo sokuba isikhululo sesathelayithi yaseTafelsig kufuneka siqhutyelwe phambili kwaye namagosa asebupoliseni aqeqeshwe ngaphezulu kufuneka amiselwe ukuze asebenze noluntu.Kukho isicelo sokuba amasango kwisikhululo samapolisa kufuneka avulwe.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eMitchell's Plain imiba ethe yaphakanyiswa ngokubhekiselele kwimithetho edibene noTywala, umlo ophakathi kwamaqela e-CPF kunye neenkxalabo zoluntu akukhange kujongwane nazo. Njengongenelelo lo mba uye wasiwa kwiSebe ( Community Liason) ukuze liwuhlafune kwaye kusonjululwe nongquzulwano olukhoyo. Senziwe isicelo sokuba ukunyanzeliswa komthetho kufuneka kujongane nomba wendlu ethile ethengisa izinto ezibiweyo

Ukulungiselelwa kweenkqubo ezijolise ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi, ukulungiselelwa kwezinto zokuzonwabisa nezolutsha, uphuhliso lwezakhono nokudalwa kwemisebenzi, ukuvalwa kweeshibhini ezingekho mthethweni, zezinye zezinto ezinokuba yimiqathango ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kummandla. .

EStrandfontein kukho isicelo sokuba abasebenzi abazinikeleyo nabaqeqeshekileyo namapolisa angaphezulu, kufuneka amiselwe kwisikhululo. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba abonelele abantu abadala nabakhubazekileyo.Ukugcinwa okungaphezulu kocwangco kuyacetyiswa ukuze kuthintelwe uqhekezo kummandla..

## 4.7.11 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMUIZENBERG

IKlasta yamaPolisa aseMuizenberg inezikhululo zamapolisa ezihlanu, ezizezi:- Fish Hoek, iHout Bay, iMuizenberg, Ocean View neSimonstown. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IFish Hoek** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala Abantu | Ukhuthuzo kwiindawot ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IHout Bay** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **EMuizenberg** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukutyhuthulwa kwemoto, Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IOcean View** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **ESimonstown** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uhlaselo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Iziphumo zophando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseMuizenberg, zibonisa ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, njengezenzo zolwaphulo- mthetho ezifuna ingqwalaselo kunombolo 1. IHout Bay iqatshelwe njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili elishumi elinesibini, ezinezenzo zokubukula ezinye iintlanga kwiphondo, nangona nje abathathi-nxaxheba bengakhange baliqaphele ubukulo kwezinye iintlanga njengesona senzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili..

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi (83%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseMuizenberg ivakalise ukungafaneleki koovimba ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-17% yabathe baphendula ivakalise ukuba aba vimba bebonele. Uniinzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%) naseSimonstown (83%), lubonise ukuba oovimba bebengafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Mnye qha ummandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba (56%) bathe babonisa ukufaneleka koovimba abazizibonelelo, yiOcean View.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukungasetyenziswa koovimba ngokufezekileyo, yaza i-47% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukusetyenziswa ngokufezekileyo koovimba bamapolisa.Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHout Bay (83%) eMuizenberg (83%) naseFish Hoek

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, yaza i-43% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba iSimonstown (100%), eFish Hoek (71%) naseMuizenberg (67%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC Uninzi lwaseHout Bay (88%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ancedisa kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (91%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-9% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi noovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olu olubalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nokudala unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Abathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%), eOcean View (100%) , eSimonstown (100%) naseMuizenberg (67%), babonise ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (50%) asoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHout Bay (88%), eMuizenberg (67%) naseFish Hoek lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. EOcean View (78%) naseSimonstown (83%) uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina akhuselwe na, lo gama i-18% ibonise ukuba amangqina akhuselwe ngamapolisa, yaza i-15% yacinga ukuba akakhuselwanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek ( 83%), eSimonstown ( 83%) naseHout Bay ( 75%) lubonise ukungazi nokuba amangqina akhuselwe na

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi ( 78%) lwabantu abaphenduleyo, lubonise ukuba ukujikeleza kwamapolisa okungaphambili emini nasebusuku makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMuizenberg ( 100%), eHout Bay (88%) naseSimonstown ( 83%) abathathi-nxaxheba bacela ukujikeleza kwamapolisa okungaphezulu emini nasebusuku. Amaphulo angaphezulu ‘okumiswa usetshwe’ aqwalaselwe yi-64% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EMuizenberg ( 100%), eFish Hoek (71%) naseHout Bay (63%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kuqwalaselwe yi-53% njengento yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (86%) neMuizenberg (67%) lucebise ukuba kubekho ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi(75%) lwamalungu asekuhlaleni abonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-17% ivakalise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-40 iye yamkeleka njengexesha elamkelekileyo lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-6% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yamkelekile. I-3% yabathathi-nxaxheba ibonise imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%), eHout Bay (88%), eSimonstown (83%) naseOcean View (67%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho .

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (47%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-38% iye yabonisa ukungazi, yaza i-15% yathi alinikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabaphenduleyo eMuizenberg (100%), Ocean View (89%) neSimonstown (67%) ibonise ukuba liyanikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eFish Hoek (86%) uninzi lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%) lubonise ii-CPF ziyalinika igalelo malunga nendlela oovimba ababiwa ngazo ngamapolisa kwimimandla eyeyabo, lo gama i-38% iye yabonisa ukuba ayinalwazi loko, yaza i-15% yabonisa ukuba alinikwa igalelo ngeendlela oovimba ababiwa ngayo .

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA

EFish Hoek abathathi-nxaxheba bacebise ukuba amapolisa kufuneka asebenze kunye namalungu agade ucwangco ebumelwaneni. Ukujikeleza ngeenyawo kwamagosa aneliso elibukhali kwiindawo ezivalekileyo ezineevenkile ezininzi (shopping malls) nemimandla ye-CBD, kufuneka kuqhutywe. Kuye kwabikwa ukuba kukho ukunqongophala kwabasebenzi kwizikhululo zamapolisa, nto leyo echaphazela ukubpnakala kwamapolisa nokujikeleza kwawo ekufuneka kwandiswe.

Abathathi-nxaxheba baseHout Bay bacebisa ukuba uqeqesho lonxibelelwano kwiindlela zokuphatha uluntu olungamaqela alwimi-ntathu, kufuneka lwenzelwe amagosa asebupoliseni. Ukugcinwa kocwangco okungaphezulu kwiindlela eziyingozi ezifana nendlela yamazibuko eenqanawa, kubalulekile ekuthinteleni ingxaki yabantu abaqhuba ngesantya esiphakame kakhulu

Abathathi-nxaxheba baseSimonstown banembono yokuba i-CPF inoovimba abazizibonelelo bunyiniwe (limited) ekuncedeni uluntu ne-SAPS..

EMuizenberg abathathi-nxaxheba banembono yokuba amapolisa makaqhube amacweyo (workshops) okuqeqesha abantu ngoxanduva abanalo eluntwini, iimeko zolwaphulo-mthetho emmandleni, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi nobundlobongela basekhaya. Unxibelelwano olungcono loluntu nokubandakanya uluntu kuyafuneka. Ukubanjwa kocwangco makuphunyezwe ngokupheleleyo emmandleni. Ukujikeleza rhoqo ngokuhlwa kunye 'nokumiswa usetshwe', kufuneka kuqhutywe ngeenjongo zokuphucula unikezelo lweenkonzo emmandleni. Amaphulo okujikeleza ngeenyawo kucetyswa ukuba abekho, nanjengoko abonakalisa ukusebenza kakuhle ngaphezu kwala ajikeleza ngezithuthi.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuseleko, eSeawinds kubekho ukuxhalaba malunga nento yokungathi iyavalwa iSeawinds NHW, ukusilela kwentsebenziswano ne-SAPS malunga nokujikeleza emmandleni, ukungabikho kwamagosa asebupoliseni axhwarhele ukwabelwa kubo, amabhinqa ajikeleza kakhulu, nto leyo ewabeka esichengeni sengozi, konke oku kuphakanyisiwe. Uceba wommandla ube nengxaki neekhonteyina ezikhutshwe njengesipho yiPrimiya ngethuba ebenguSodolophu. Impahla yeNHW iye yabiwa. Intsebenziswano neSAPS iye yacelwa.

IKlasta yamapolisa aseNyanga ibonakala inamava okuthwaxwa kakhulu lulwaphulo-mthetho lobundlobongela obufana nokubulala, uhlaselo oluxhomisa ngemipu nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni. Kumanqaku emidiya asandul'ukuvakala, iGugulethu ibekwe kweyona ndawo isemehlweni emva kokuba imodeli yaseSweden yathi yabulawa iye kuzipholela emva komtshato wayo ngexesha lokuphangwa kwayo okurhanelekayo. Idatha esezandleni zeSouth African Institute of Race Relations ibonisa ukuba bangaphezu kwama-700 abantu abathe babulawa eGugulethu ukususela ku-2005. Ngexesha lokunikwa kwengxelo ukuya kuMatshi 2010, itotali yezenzo ezili-110 yenzekile kummandla wamapolisa waseGugulethu.

Ukuthatyathwa kwamanyathelo okulumkisa abantu ngeengozi zokuhamba kwiindawo ezingaqhelekanga emva korhatya, kufuneka kuqhutywe liziko loshishino lezoKhenketho.ngeenjongo zokuxhobisa abakhenkethi abatyelela kwiilokishi, ukuze bahlale bephaphile. Izinto ezithe zaphandwa ngeCommunity Safety Barometer project 2009/10, ziveze ukuba abathathi-nxaxheba baseNyanga bazibona izenzo zokusebenzisa iziyobisi, ukhuthuzo, udlwengulo noqhekezo kwiindawo ezihlala abantu njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezoyikekayo.

**INyanga yaqatshelwa njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga ephondweni, phofu ke bona abathathi-nxaxheba abakhange oko njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili**

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa aseNyanga (75%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo abafanelekanga ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho emmandleni. Kwabo bathathi-nxaxheba, i-100% ivela kwiPhillipi East, i-96% isuka kummandla wamapolisa aseNyanga, i-83% eAthlone neLandsdowne, ne-70% esuka eGugulethu. I-90% yabathathi-nxaxheba baseManenberg ibonise ukuba oovimba bamapolisa kummandla wabo ufanelekile ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ngokunxulumene nemiba yokunikezelwa kwenkonzo, i-86% yabathathi-nxaxheba abasuka eNyanga, i-80% esuka eGugulethu ne-64% esuka eLandsdowne ibonise ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufezekileyo. Kodwa ke, bonke abathathi-nxaxheba abasuka ePhillipi East (100%) ne-70% yabathathi-nxaxheba abasuka eManenberg baye baqaphela ukuba oovimba bamapolisa kummandla wabo wamapolisa, basetyenziswa ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Bonke abathathi-nxaxheba kwiPhillipi East (100%) kunye nesininzi sabathathi-nxaxheba saseNyanga ( 74%) naseGugulethu (60%) sibonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni amaZiko eeNkonzo zoLuntu. Kwelinye icala uninzi lwabathathi-nxaxheba eManenberg (70%) naseLandsdowne (67%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kumaZiko eeNkonzo zoLuntu.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA E-CSC

Phantse i-75% yabathathi-nxaxheba abasuka ePhillipi East naseNyanga (64%), ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC, akathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni, ekubeni yona i-87% yabathathi-nxaxheba baseGugulethu ne-83% yaseAthlone naseLandsdowne, ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni. .

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Bonke abathathi-nxaxheba baseGugulethu (100%) ne-86% yabathathi-nxaxheba baseNyanga babonise ukungoneli ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwisikhululo sabo samapolisa. Phofu ke, i-75% yabathathi-nxaxheba baseManenberg nabasePhillipiEast babonise ukoneleseka kwabo ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi..

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Bamalunga ne-67% abathathi-nxaxheba baseGugulethu abacinga ukuba amapolisa akenzi ngokwaneleyo ukukhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho, lo gama i-75% yabathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East ingazi nokuba amapolisa emimandleni yabo ayawakhusela na nokuba akawakhuseli amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Ukuphendula kumbuzo othi, kungenziwa ntoni ukuphucula umba wokubonakala kwamapolisa, bonke abathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East baye bacinga ukuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikelezayo emini, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Ngokwetotali, i-79% yabo bonke abathathi-nxaxheba ayikhange ibonakale iyicinga into yokuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikeleza emini, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Bonke abathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East abayicingi into yokuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikeleza ebusuku, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Ngokuthekelekelela, i-83% yabathathi-nxaxheba baseAthlone naseNyanga babonise ukuba ukujikeleza kwamagosa angaphezulu asebupoliseni, emini nasebusuku, oko kungakuphucula ukujikeleza kwamapolisa. Phantse i-92% yabathathi-nxaxheba baseLandsdowne icinge ukuba amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' kummandla wabo kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa, ekubeni, i-80% yabathathi-nxaxheba baseManenberg ne-71% basePhillipi bacinge ukuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, abanye babathathi-nxaxheba bacinge ukuba kungathathwa eminye imiqathango ukuphucula ukubonakala kwamapolisa,kodwa abakhange bacacise ukuba yeyiphi loo miqathango.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (95%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-5% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha lokuphendula elichanekileyo apho amapolisa anokuphendula khona kwiimeko zolwaphulo-mthetho..

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

I-36% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-35% ibonise ukuba akwenzeki oko, yaza i-29% ayabi nalwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso sesikhululo. Uninzi lwabaphenduleyo eManenberg (100%) neLandsdowne lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eNyanga (70%) abathathi-nxaxheba babonise ukuba akukho galelo linikwayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba basePhillipi (72%) lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo kwisicwangciso sesikhululo..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (41%) babonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba kwimimandla yabo, lo gama i-36% ibonise ukuba kuyenziwa oko, yaza i-23% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eManenberg (100%) lubonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayongamapolisa, lo gama uninzi lwaseNyanga (70%) lubonise ukuba igalelo alinikwa ngendlela oovimba ababiwa ngayo.

1

## 74 AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASENYANGA

EAthlone kucetyiswa ukuba kubekho unxulumano oluthene nca nolusebenzayo phakathi kwe-SAPS neForum yamaPolisa oLuntu. Ukuphuculwa komfanekiso omhle we-CPF namapolisa kubalulekile. Abacuphi kufuneka banxibelelane ngakumbi nabantu abanezikhalazo kwaye umthetho omalunga ne-inshorensi engezibonelelo zokufa, kufuneka iqwalaselwe. Ii-NHW azisasebenzi ngenxa yezehlo zokufa emsebenzini. AmaSebe ahlukeneyo kufuneka ancedise amapolisa ukuze enze umsebenzi wokugcina ucwangco, ingeyiyo imiba yezentlalo. Kucetyiswa ukuba amapolisa namanye amasebe emikhosi yelizwe, kufuneka aphumeze amaphulo adibeneyo.

Abathathi-nxaxheba eAthlone bacela ukuba amagosa asebupoliseni angaphezulu kwizikhululo zamapolisa, amiselwe. Amagosa asebupoliseni asebenza ithuba elide, kufuneka ukuzingca kwabo kubuyekezwe ngokuthi, asiwe kwizikhululo ezingaphezulu..

Njengesindululo sokuphuculwa ukunikezelwa kwenkonzo kwi-CSC, amagosa asebupoliseni makabonelelwe ngoqeqesho lonxibelelwano nolwe’desktop’. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba i- CPF namapolisa kufuneka asebenze ngokwahlukeneyo ukuphucula ixesha lokuphendula eluntwini. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba azinikezele ngakumbi kumsebenzi wawo kwaye abonakalise ububele kumalungu asekuhlaleni. .

Njengesindululo sokuphucula ukunikezelwa kwenkonzo kwi-CSC, amagosa asebupoliseni makabonelelwe ngoqeqesho lonxibelelwano nolwe’desktop’. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba i-CPF namapolisa kufuneka asebenze ngokwahlukeneyo ukuphucula ixesha lokuphendula eluntwini. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba azinikezele ngakumbi kumsebenzi wawo kwaye abonakalise ububele kumalungu asekuhlaleni.

Abathathi-nxaxheba baseGugulethu babonise ukuba abarhwaphilizi bazidakasela nje ngaphandle kokuthityazwa kwaye amalungu asekuhlaleni alahlakelwa yimivuzo yawo emikhulu ayisebenzele nzima, kwimikhuthuzo eqhubeka kwiimashini zokukhupha imali (ATM) Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba kumiswe indlela efihlakeleyo yokugada lo mkhuba wolwaphulo-mthetho. Amagosa asebupoliseni afanelekileyo nanobuchule ndawonye nezithuthi zomsebenzi zamapolisa ezisemgangathweni, zingakuphucula ukunikezelwa kweenkonzo emapoliseni. Abathathi-nxaxheba bacebise ukuba i-SAPS ehamba iintlanganiso zoluntu imeme namalungu e-CPF. Ukugcinwa kocwangco kufuneka kukhuthazwe.

Kucelwa ukuba iSebe lezoKhuselo loLuntu luncede i-SAPS ngokunikezela ingxowa-mali kwiiprojekthi zokhuselo kwiindawo zabahlali khon’ukuze i-SAPS ikwazi ukusebenza kwaye ibonakale ngawo onke amaxesha eluntwini. Ngaphezulu i-CPF icela ukuba iSebe lilungiselele amacweyo (workshops) msinyane nje emva kweNtlanganiso Jikelele zoNyaka. Amagosa amaSebe acetyiswa ukuba izinto angazenzi ngendlela ekholeke kuwo, engakhange abonisane noluntu, kwaye engakhange afumane nkxaso kwi-CPF kwizinto ezinefuthe kukhuselo lwawo.

ELandsdowne abathathi-nxaxheba benze isindululo sokuba amapolisa kufuneka azibandakanye ngakumbi kwaye anxibelelane ngakumbi noluntu khon'ukuze abazi abantu emmandleni. Ulawulo kumgangatho wesikhululo lufuna ukuphuculwa. Ukubonakala ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku kuyafuneka Ukwazi ngakumbi ngemiba yolwaphulo-mthetho nokubanjwa kocwangco makuqhutywe. Amagosa asebupoliseni anobuqhophololo, awamkela izinyobo, makohlwaye.

Amagosa asebupoliseni asemsebenzini kufuneka ayiyeke into yokuhlekisa ngeengxaki zabantu abanezikhalazo. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba uMphathi wesiKhululo atshintshwe njengoko kungekho mkhondo okanye ubunkokheli obunikwayo kwisikhululo samapolisa. Ukutshintshwa kwamagosa asebupoliseni benzeka futhi-futhi.

EManenberg kucelwa ukuba iintlanganiso zokuphakamisa ulwazi olumalunga nolwaphulo-mthetho eluntwini, maziqhutywe. Amalungu e-CSC makaqeqeshwe ukuphucula indlela yokunxibelelana namalungu asekuhlaleni. Amalungu e-SAPS kufuneka abenolwazi oluphangaleleyo malunga nazo aonke iilwimi zabemi bommandla.Amagosa asebupoliseni awamkela izinyobo ezivela kubathengisi beziyobisi namaqela olwaphulo-mthetho, makohlwaywe. Makwakhiwe unxulumano olungcono phakathi kwamapolisa noluntu; ukuthembeka nentlonipho kubalulekile kunxulumano oluphuculweyo loluntu namapolisa. Amaxesha okuphendula akhawuleza ngakumbi kwiimeko zolwaphulo-mthetho, ayafuneka ekuphuculeni ukunikezelwa kweenkonzo emmandleni

ENyanga kucelwa ukuba ubungonyama bamapolisa bupheliswe, nanjengoko amagosa amaninzi asebupoliseni abikwe njengabantu ababetha abarhanelwa. Amapolisa makabaphathe ngembeko abantu. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba ayeke ukwamkela izinyobo ngendleko yoluntu. Amapolisa asebenzisana noluntu, linyathelo elibalulekileyo lokulwa ulwaphulo-mthetho. Kucelwa amaxesha akhawulezayo okuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

ESamora Machel kukho isicelo sokuba uMphathi wesiKhululo atyelele uluntu ngeenjongo zokumamela imiba yolwaphulo-mthetho yoluntu, oko kukuthi, amaphepha-mvume okuthengiswa kotywala, intswela-mbeko kumapolisa asebenza emmandleni. Izicelo zoluntu zokuphuculwa kwamaxesha okuphendula nempatho elinganayo kuwo onke amalunguasekuhlaleni, enikwa ngamapolisa. Makuphuculwe indlela amapolisa athetha ngayo nabantu. Kufuneka zonke iishibhini kujongwane nazo. Urhulumente wePhondo okanye imisebenzi yoluntu kufuneka ikhulule umhlaba ukuze kwakhiwe isikhululo samapolisa eSamora Machel. Amapolisa kufuneka asebenze ngokuthe nca ne-CPF ukulwa ulwaphulo-mthetho. Iiprojecthi ezithe kratya maziqhutywe ukunceda uluntu. Makuqhutywe ukjikeleza ngeenyawo kusetyenziswana ne-CPF namalungu e-NHW, yonke imihla nasebusuku.

EBrown's Farm kucelwa ukuba amalungu aqeqeshiweyo e-NHW namagosa ancedisayo asebupoliseni kufuneka amiselwe ezikolweni.Urhulumente uceliwe ukuba anxibelelane nawo onke amagosa asebupoliseni.kwaye ancedise abantu aphila nabo kwaye ayeke ukubathumela kwezinye izikhululo zamapolisa ngenxa yemida esikelwe amapolisa. Amapolisa ayacelwa ukuba awenze ngendlela eyiyo umsebenzi wawo, kwaye ayeke ukubamba abantu abamsulwa. .

Amapolisa kufuneka awavale amatheko ingakumbi ngexesha lemisitho kuba abantu bayabulawa kula matheko. Ukujikeleza kwamapolisa nokusetshwa makuqhutywe ebusuku ukuthintela ukuqhutywa kolwaphulo-mthetho. Iindawo ezingqonge isikolo kufuneka zisetshwe kuba abafundi baphela bengamaxhoba eziyobisi

Kuko konke okuqulathwe ngummandla wamapolisa aseNyanga, abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa axhotyiswe ngezakhono ezingaphezulu, nanjengokuba amagosa asebupoliseni engakwazi ukjongana neengxaki zamalungu asekuhlaleni. Amapolisa makayeke ukuba krwada kwaye kufuneka abonise umdla kwiimfuno zabantu.

Njengoko kuphakanyiswe, imiqathango emayithathwe ngurhulumente, uluntu kufuneka lusebenzisane namapolisa,, isohlwayo esiqatha kubaphuli-mthetho kufuneka sisetyenziswe, kwaye amalungu oLuntu kufuneka abe noxanduva aluthathayo malunga nokuthintela ulwaphulo-mthetho. Abanini beeteksi kufuneka bagadwe ngeliso elibukhali, ingakumbi indlela abaqhuba ngayo. Isibonelelo malunga nezixhobo zokuzonwabisa kolutsha, kufuneka lwenziwe. Ukuphuhliswa kwezakhono nokudalwa kwemisebenzi yamalungu asekuhlaleni kufuneka kujongwe eluntwini.

EPhillp East amapolisa ayacelwa ukuba agade abantu abathengisa iimpahla ezibiweyo ezifana neeseli-fowuni kufuphi nesikhululo samapolisa. ISebe lezokhuselo loLuntu liyacelwa ukuba libonelele  ngengxowa-mali kwiiprojecthi zoluntu, nanjengoko ulutsha nabantwana bajika bophule umthetho ngenxa yokukruquka kukungenzi nto. Kucelwa ukuba umantyi angayiniki ibheyile kubantu ababanjelwe ukubulala, ukukhuthuza okuxhomisa mgemipu,njl njl, kwaye ubulungisa kufuneka kusondezwe ebantwini. I-CPF icela into yokubathutha xa besiya naxa bevela ezintlanganisweni, Kufuneka ukuzinikezela nonxulumano lokusebenza ngempumelelo phakathi kwabantu basekuhlaleni namapolisa kubandakanywe neSebe lezoKhuselo loLuntu namanye amasebe aseburhulumenteni.

Kucelwa ukuba longezwe inani lamagosa asebupoliseni nezithuthi ePhillipi. I-CPF icela ukubandakanywa nokusoloko isaziswa ngokuqhubekayo ngezisungulo ze-SAPS eziqhutywayo ukulwa ulwaphulo-mthetho. Kukho imiqobo ekhoyo yolwimi njengoko uninzi lwamagosa asebupoliseni amiselwayo esikhululweni engenakho ukunxibelelana ngolwimi olukholeke kubantu abenza izikhalazo, nto ke leyo efunisa ukuba kumiselwe abagqatswa abaqeqeshelwe ukuthetha olo lwimi.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eHanover Park, amalungu asekuhlaleni aphakamise le miba ilandelayo enefuthe kunikezelo lweenkonzo.

- ISAPS ikrwada kwaye ayinambeko kuluntu
- Abafundi abayekileyo esikolweni, abajika babandakanyeke kumaqela olwaphulo-mthetho
- Iishibhini nezindlu ezithengisa iziyobisi ngokungekho mthethweni
- Amaqela olwaphulo-mthetho kufuneka ashenxiswe emmandleni

Ngokwabathathi-nxaxheba, isimilo esikrwada samalungu e-SAPS masinganyanyezelwa kwaye kufuneka amalungu asekuhlaleni asibike isimilo sobukrwada kucingo lwefowuni yezikhalazo lweSebe lezoKhuselo loLuntu. Ukuphunyezwa koMthetho weNtengiso –tywala kufuneka uncedise amalungu e-SAPS ukujongana neeshibhini ezingekho semthethweni. Ukuphakanyiswa kolwazi eluntwini lokukhuthaza abantu bangazithengi iziyobisi notywala, kufuneka kuqhutywe. Iindlela zobuchule ezethuba elide zokujongana namaqela olwaphulo-mthetho, kufuneka ziqhutywe..

### 4.7.13 IKLASTA YAMAPOLISA ASEWYNBERG

IKlasta yamaPolisa aseWynberg inezikhululo zamapolisa ezintlanu, ezizezi :- iDiep River, iGrassy Park ,iKirstenhof, iSteenberg neWynberg. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi ye-PNP

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **IDiepriver** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IGrassy Park** | Uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa | Uhlaselo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IKirstenhof** | Ukhuthuzo olukhatshwa yimipu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **ISteenberg** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya, ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zoshishino, urhwaphilizo |
| **IWynberg** | Ubundlobongela basekhaya, Ukhuthuzo oluqhelekileyo ukutyhuthulwa kwemoto | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo zoshishino | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zafumaneka kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1, kwiKlasta yaseWynberg, zibonisa ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukutyhuthulwa kwemoto, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo kunye nohlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni, njengezona zenzo zifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1

#### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (72%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseWynberg bavakalise ukuba oovimba bebengafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-28% yabantu abathe baphendula ivakalise ukufaneleka kwaba vimba. Abathathi-nxaxheba baseSteenberg (100%) , eDiepriver (91%) eKirstenhof (80%) naseGrassy Pakr (60%), lubonise ukungafaneleki koovimba abazizibonelelo ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Mnye kuphela ummandla apho abathathi-nxaxheba (67%) babonise ukuba aba vimba bafanelekile, yiWynberg.

#### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (77%) libonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-23% yabathathi-nxaxheba yabonisa oovimba abazizibonelelo bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGrassy Park (100%) , eSteenberg (100%), iKirtenhof (75%) naseDiepriver (70%) babonise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseWynberg (75%) babonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (52%) lubonise ukwanela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-48% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKirstenhof (100%) naseWynberg (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseSteenberg (80%) , Grassy Park (71%) neDiepriver (56%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC.

### (A) UKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-30% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kwembono yabo emalunga nokunqongophala kwabasebenzi kunye nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcazo-manai ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababanikezela ngayo oovimba abazizibonelelo eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Abathathi-nxaxheba baseDiepriver (100%), eKirstenhof (100%) naseWynberg (100%), babonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC, athobekile kwaye aluncedo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eSteenberg (75%) naseGrassy Park (70%) babonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC abathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-36% yabonakalisa ukoneliseka koku. Bonke abathathi-nxaxheba (100%) eGrassy Park babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (80%) khange bazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-13% iye yabonisa ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-7% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba Kirstenhof (100%) , eGrassy Park (90%) , eWynberg (80%) naseDiepriver (73%) lubonise ukungazi nokuba amangqina ayakhuselwa okanye akunjalo.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabantu abathe baphendula (85%), lubonise ukuba ukujikeleza ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku, makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver (100%), eKirstenhof (88%), eWynberg (83%) naseGrassy Park (80%), bacela ukuba kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' athe acingwa yi-70% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EDiepriver (91%), iGrassy Park (90%) neWynberg (67%), uninzi lwabathathi-nxaxheba, lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe', makaqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-65% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver (91%), eWynberg (67%), eSteenberg (60%) naseGrassy Park (60%) lucebise ukuphunyezwa kokugcinwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi lwamalungu asekuhlaleni (83%), lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-15% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-3% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver(90%), eGrassy Park (90%), eSteenberg (80%), lubonise imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (59%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-28% ibonise ukuba liyanikwa, yaza i-13% yabonisa ukuba abaliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathe baphendula eKirstenhof (88%) alazi nto, lo gama eDiepriver (64%) naseWynberg (60%), uninzi lubonise ukuba akukho galelo linikwayo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-28% ibonise ukuba liyanikwa igalelo, yaza i-13% yabonisa ukuba ii-CPF aziliniki igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEWYNBERG

EDiepriver abathathi-nxaxheba bacela ukuba izithuthi zamapolisa, abasebenzi nezixhobo zokusebenza zongezwe ukuncedisa ekunciphiseni ulwaphulo-mthetho emmandleni. Amacandelo akhoyo kufuneka ahlaziywe kwaye kucelwa amacandelo amabini ongezelelweyo anoovimba abazizibonelelo. Uqeqesho lwamagosa asebupoliseni maliqhutywe ukuphuculwa kokunikezelwa kweenkonzo emmandleni. Izithuthi ezingaphezulu kunye nokujikeleza kwamapolisa kufuneka kwenziwe emmandleni. Kufuneka kuphuculwe unxibelelwano olungcono phakathi kwe-CPF, amalungu agade ubumelwane, uluntu ngokubanzi ne-SAPS. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba i-CPF ibingafanelanga ukuba inika ingxelo kwi-SAPS, kufuneka iyinike iSebe lezoKhuselo loLuntu.

EGrassy Park, uluntu lucela ukuba amalungu e-SAPS aqatsele ukuba nobubele kumalungu asekuhlaleni. Amapolisa acelwa ukuba azibandakanye namalungu agada ebumelwaneni kumaphulo okujikeleza kwawo. Unxibelelwano oluthe kratya maluqhubeke phakathi kwe-SAPS,i-CPF namalungu e-NHW.

Kucetyiswa ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka aqeqeshwe ngakwicala lezakhono zokunxibelelana ukuze abe nacho ukuwenza ukuwenza ngokufezekileyo umsebenzi wawo. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' nokubonakala okuthe kratya kwamapolisa mawaqhutywe.

Ummandla waseKirstenhof ucebisa ukubonelelwa ngemivuzo kumagosa asebupoliseni nokukhutshwa kwemali yokubonelelwa amavolontiya. Kufuneka kuphunyezwe ukuphakamisa umoya wabo wentumekelelo. Abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa nanjengoko eso sikhoyo kubikwa ukungafaneleki kwaso kwaye imeko yaso inobuhesheheshe. Kufuneka amagosa angaphezulu asebupoliseni aqeqeshiweyo. Ukuphuculwa kwenkqubo yobulungisa yolwaphulo-mthetho, kuyafuneka, nto ke leyo eza kukhokelela kwizigwebo ezingaphezulu.

ESteenberg kucetyiswa ukuba izikolo zibeyinxalenye zokugcinwa kocwangco kwaye kufuneka kubanjwe amacweyo ( workshops) ukudala umdla oza kwenza ukuba ulutsha lujoyine inkonzo yamapolisa. Ingcebiso yeyokuba ulawulo olukhoyo lwamapolisa kufuneka indawo yalo ithathwe ngamagosa amatsha asebupoliseni.

Amapolisa ayacelwa ukuba asebenzise amalungu e-NHW kwaye kufuneka kufunyanwe amagosa angaphezulu amatsha, akhutheleyo, aselula nawanobubele. Amagosa asebupoliseni kufuneka axhotyiswe ngendlela yokujongana nobundlobongela bamaqela olwaphulo-mthetho emmandleni. Makubekho ukuziqhelanisa nendlela ekhululekileyo yokufikeleleka ebantwini, ingakumbi kwidesika yokuqala yamapolisa. Ukubonakala ngaphezulu kwamapolisa kuyafuneka emmandleni.

EWynberg kuyacelwa ukuba inkquboyobulungisa yolwaphulo-mthetho eya kukhokelela kwizigwemo ezingaphezulu, iphuculwe. Kukho ingxaki yolwimi emmandleni nanjengoko amapolisa athile egqwidiza ekuthetheni isiNgesi, nto ke leyo enyanzelisa ukuba kuphuculwe izakhono zokunxibelelana zamagosa asebupoliseni

Ngokujonga imeko jikelele, imimandla yekomkhulu yesiXeko saseKapa ijongene nokunqongophala koovimba abazizibonelelo kwizikhululo, imiqobo yolwimi kumagosa asebupoliseni amiselwe kwii-CSC, ukungachubeki kokuziphatha kwamagosa asebupoliseni.

### 4.7.13 IMIQATHANGO YEZOKHUSELO

Izinto ezithe zafumaneka kuphando, ziveza ukuba iiklasta zamapolisa kwisiXeko saseKapa zijongene nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene nokudibana kwabantu nokonakaliswa kwepropati. Imimandla eyingxaki ibandakanya uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ubundlobongela basekhaya, uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu nezoshishino, ukhuthuzo oluqhelekileyo nobusela obuqhelekileyo. Iziyobisi, ukuthengisa ngemizimba neemeko ezingqonge iivenkile ezithengisa utywala neeshibhini, ezo zinto ziyingxaki kwaye ayonwabanga yile mimandla, kodwa lunembono ethi alunakwenza nantoni na ngazo.

Ingxaki yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ngenxa yeeshibhini ezingekho mthethweni nezirhoxo zeziyobisi zibonakala zinegalelo elikhulu kwinkoliso yezi zenzo zolwaphulo-mthetho. Lukho unxunguphalo eluntwini, nanjengokuba kumaxa amaninzi, amalungu asekuhlaleni ayayazi indawo ekuthengiswa iziyobisi. Kukaninzi kuhlatywa amakhwelo malunga nokuphuculwa kokubonakala kwamapolisa eluntwini, kugxilwe ngokukodwa kwiishibhini neziyobisi. Iinkqubo zokungenelela ezinempumelelo maziphunyezwe.

Abathathi-nxaxheba beKlasta yaseDa Gamaskop banembono yokuba uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni, nokutyhuthulwa kweemoto zezona zenzo zifuna ingqwalaselo ephambili. Elokuqukumbela, iklasta yamapolisa aseDa Gamaskop ibonwa ijongene kakhulu namatyala okudibana afana namatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ubundlobongela basekhaya nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene nokonakaliswa kwepropati. Okubalulekileyo kukuba kuqwalaselwe imimandla efana neDa Gamaskop neStilbaai ezithe zachonga isenzo sokubulala njengesenzo esifuna ingqwalaselo ephambili kwimimandla yabo.

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (85%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseDa Gamaskop livakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-15% yabantu abathe baphendula, ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukungafaneleki koovimba babo ukhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-34% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (100%), eStilbaai (100%) naseMosselbay (77%) lubonise ukuba aba vimba basetyenziswe ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (58%) babonise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (68%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ukuncedisa abantu kwi-CSC, yaza i-32% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStillBay (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (100%), eGroot Brakrivier (92%), kwaNonqaba (75%) neDa Gamaskop (70%) babonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (85%) kwiKlasta yamapolisa aseDa Gamaskop lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-15% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseniakathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela ezinikezelwa ngayo iinkonzo zamapolisa eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) lubonise ukuba luyoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-42% ayoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStill Bay (100%), eMossel Bay (85%) naseAlbertinia (70%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (83%), eRiversdale (63%) naseDa Gamaskop (60%) lubonise ukngoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (57%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-40% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba icinga ukuba ayakhuselwa, yaza i-9% yabonisa ukuba ayiqondi ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eAlbertinia (67%) lubonise ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStill Bay (88%)naseMosselbay (73%) ukuba amangqina akakhuselwa.

## (vii) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (75%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (100%), eHeidelberg (100%), eStill Bay (88%), eMossel Bay (79%) naseAlbertinia (70%), bacela ukuba amapolisa ajikeleze ngakumbi emini nasebusuku. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' athe kratya, acingwe kuphela yi-27% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kucingwe yi-52% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwaNonqaba (100%) naseStill Bay (75%) lucebise ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (76%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-13% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. I-9% ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20, yamkelekile, yaza i-3% yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kwengama-30 lixesha elichanekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (50%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-34% ibonise ukungazi, yaza i-16% yabonisa ukuba akukho galelo linikwayo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula eStil Bay (100%) naseGroot Brakrivier (86%), lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eRiversdale (67%) uninzi lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (43%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngokwendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-38% ibonise ukuba alinikwa igalelo, yaza i-20% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngokwendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (63%) naseAlbertinia (63%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEDA GAMASKOP

EAlbertia abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa eGouritsmond. Umgama phakathi kweAlbertinia neGouritsmond usisiphazamiso kunikezelo olufezekileyo lweenkonzo. Amalungu azincutshe nazinikezeleyo kunye nezithuthi zamapolisa ezingcono, kuyacelwa ukuba zibe kho. Kufuneka kuqhutywe uthungelwano olungaphezulu phakathi kwe-SAPS namalungu nje aqhelekileyo asekuhlaleni njengokuthabatha kunye inxaxheba kwiiprojekthi nokunika ulwazi malunga nokuthintelwa kolwaphulo-mthetho

EDa Gamaskop, abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa asingathe amatyala ngendlela engcono kwaye kufuneka kunikwe eyona ngqwalasela kuluntu. I-'National Prosecuting Authority' kufuneka izijonge ngeliso elibukhali izenzo zolwaphulo-mthetho ezichaphazela abasetyhini nabantwana nanjengokuba ngamaxesha athile ikhe ingabonakalisi nkathalo. Amagosa asebupoliseni nezithuthi zamapolisa ezingaphezulu ziyafuneka.

EGroot Brak River abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba kufuneka kujongwane nokunqongophala kwabasebenzi. Abathathi-nxaxheba eHeidelberg bacebisa ukuba kufuneka iikhompyutha ezicothayo kwisikhululo samapolisa, zenziwe zibesemgangathweni wala maxesha sikuwo. Oovimba abazizibonelelo abangaphezulu kumacandelo mababiwe. Amagosa asebupoliseni abazinikezelayo emsebenzini mabamiselwe emsebenzini. I-CPF kufuneka iqeqeshwe. Kuneka kujongwane nokungaqeqeshwa kwabantu. Ngaphezulu , kwakucetyiswe ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka abandakanyeke kuphuculo lwezentlalo eluntwini, ingabi kuphela nje qha ngexesha leeyure zokusebenza, kodwa nangexesha labo okanye ngeentsuku zabo zekhefu.

KwaNonqaba, abathathi-nxaxheba bacela ukuba kwakhiwe isikhululo samapolisa esiza kusetyenziswa endaweni yeekhonteyina ezisetyenziswayo. Amagosa angaphezulu asbupoliseni athobela umthetho wendlela yokuziphatha ayafuneka. Amagosa asebupoliseni kufuneka asebenzisane ne-CPF.

EMossel Bay kuphakanyiswa ukuba amalungu angaphezulu makamiselwe ukusebenza ngamaxesha okujikeleza. Ulwawulo lwe-SAPS kufuneka luqinisekise ukuba amagosa asebupoliseni akulungele ukwenza imisebenzi yawo, ngokuthi aqhube uphononongo lwekota lawo onke amagosa asebupoliseni.

Abathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni uluntu kufuneka lwaziswe ngakumbi malungu nokuqhubekayo kummandla wabo, umz: amaphephandaba, amaphetshana aneendaba zamapolisa anikezelwe kwizindlu ngezindlu zasekuhlaleni. Amaphulo okudlulisela ulwazi ebantwini makaqhutywe ukwazisa nokufundisa amalungu asekuhlaleni. Kufuneka kungabikho mida eyahlula amapolisa noluntu, unxulumano kufuneka lubethelelwe lube luqilima. Amapolisa angabaxhwarhi kufuneka ayeke ukuhlasela abangabaphuli-mthetho.

ERiversdale abathathi-nxaxheba bacela ukuba amagosa angaphezulu asebupoliseni kufuneka amiselwe kwaye kufuneka kulungiswe izithuthi ngokuthi kumiselwe isikhululo sokukhanda iimoto. Inkqubo yezobulungisa kufuneka ixhase amapolisa ngenxa yokunxunguphala kwamagosa asebupoliseni xa abaphuli-mthetho bengagwetywanga. Iinkqubo ezingaphezulu zokunika ulwazi oluthe vetshe malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kunye nokuxhaphaza ngokwesondo kufuneka ziqhutywe nolutsha,

Abathathi-nxaxheba eStilbaai bacebisa ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka amiselwe ukuphucula ukubonakala kwamapolisa nokuphucula unikezelo lweenkonzo

EMosselbay kukho unqongophalo lwamagosa asebupoliseni ekuphumezeni ukugcinwa kocwangco kummandla

## 4.8.2 IKLASTA YAMAPOLISA ASE-GEORGE

IKlasta yamaPolisa aseGeorge inezikhululo ezisibhozo, zezizezi : IConvile, iGeorge, iKnysna, kwaNokuthula, ePacalsdorp, ePlattenberg Bay, eThembalethu naseUniondale. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| IsiKhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo Ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo Ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo Ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IConvile** | Uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza esondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubulala | Uqhekezo lweendawo ezihlala abantu |
| **IGeorge** | Uhlaselo luneenjongo zokonxakalisa emzimbeni | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukkhuthuzo oluqhelekileyo, ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu kwiindawoezihlala abantu |
| **IKnysna** | Uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu uqhekezo kwiindawo zoshishino | Ubusela obuqhelekileyo |
| **Kwa Nokuthula** | Uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IPacalsdorp** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu ukubiwa kwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| **IPlattenberg Bay** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo nokhuthuzo, oluqhelekileyo, uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu kunye nezoshishino | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IThembalethu** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuphangwa uqhuba imoto, Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlalal abantu uqhekezo kwiindawo zoshishino | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IUniondale** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhzphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ubusela obuqhelekileyo, Ukubiwa kwemfuyo |

Abathathi-nxaxheba beklasta yaseGeorge balubone ukhuthuzo oluqhelekileyo namatyala okuxhaphaza ngokwesondo njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kwimimandla yabo yezikhululo zamapolisa. Iklasta yaseGeorge ibonwa njengendawo echatshazelwa zizenzo zolwaphulo-mthetho zokudibana kwabantu nokonakalisa kweepropati. Isenzo sokubulala sichongwe njengesinye sezenzo zolwaphulo-

mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili KwaNokuthula. IKnysna ichongwe njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini, ezinkqenkqeza phambili ephondweni ekubukuleni ezinye iintlanga, phofu ke bona abathathi-nxaxheba abakhange bakuchonge ukubukulwa kwezinye iintlanga njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

2 Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence in the Western Cape, 8 July 2010 unpublished

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (80%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseGeorge, luvakalise ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-20% yabanye abathe baphendula bababone befanelekile aba vimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwizikhululo zonke zamapolisa, zibonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, yaza i-40% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eConville (85%), eGeorge(94%) naseKnysna (77%), lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba basePlattenberb Bay (96%) bebonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni akonelanga ukuncedisa abantu kwi-CSC, yaza i-34% yabonisa ukonela kwamagosa asebupolisenii kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eThembalethu (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC, lo gama uninzi lwaseGeorge (94%), ePacalsdorp (89%), eUniondale (88%) naseConville (88%) bebonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni ii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa eGeorge lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-32% yabonisa ukungathobeki nokungabi loncedo kwamagosa asebupoliseni. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa ziyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukwaneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-40% yabonisa ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (100%), ePlattenberg Bay(81%) naseUniondale (63%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eThembalethu (100%), eKnysna (97%) naKwaNokuthula (71%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (69%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-28% yabathathi-nxaxheba iye yabonisa ukuba ayakhuselwa, yaza i-20% yacinga ukuba amangqina akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eAlbertinia (72%) lubonise ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzodorp (81%) lucinga ukuba amangqina akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (88%), eStill Bay (88%) naseThembalethu (86%), lubonise ukuba alwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselwa konke konke na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza kwamapolisa okuthe kratya emini nasebusuku kuza kuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (94%), eThembalethu (86%), ePlattenberg Bay (76%) naseConville (74%), lucela ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku.

Amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' acingwe kuphela yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo yokwandisa ukubonakala kwamapolisa. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-45% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (94%) nasePlattenberg Bay (66%) lucebise ukuba makubekho ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco. IThembalethu (100%) neKnysna asihambiselani nalengcebiso.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (76%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-16% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yemkelekileyo njengexesha lokuphendula kwimeko yexesha likaxakeka, i-1% ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile, yaza i-8% yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kwengama-30 lixesha elichanekileyo lokuphendula. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (51%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-21% ibonise ukungazi nto, yaza i-28% yavakalisa ukuba aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula ePlattenberg Bay (93%), iThembalethu (86%) neKwaNokuthula (71%) ibonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eConville (48%), uninzi lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (51%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo malunga nendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-28% ibonise ukuba alinikwa igalelo, yaza i-21% yabonisa ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ePlattenberg Bay (93%) naKwaNokuthla (77%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA

Abathathi-nxaxheba eConville bacela amagosa asebupoliseni anezakhono ezithe kratya kwaye nabo babunikeleyo ubomi babo eluntwini mabamiselwe kwisikhululo samapolisa. Abaphuli-mthetho bayakhululwa, kwaye bayifumana lula ibheyile, kwaye iSebe lezoBulungisa kufuneka lifundise uluntu malunga nenkqubo elandelwayo. Amagosa asebupoliseni. Amagosa asebupoliseni, ukujikeleza kwamapolisa nokubonakala kwawo, amaphulo 'okumiswa usetshwe', zonke ezi zinto ziqhutywe.

Iishibhini ezingekho mthethweni nezirhoxo zeziyobisi mazivalwe. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba abemi abahleli ngokungekho mthethweni emmandleni abaxhaphaza amantombazana ngokwesondo makagxothwe. Ukumiswa kwezikhululo zamapolisa ezizisathelayithi, kunganceda ekulweni ulwaphulo-mthetho emmandleni. Unxulumano olungcono phakathi kwe-SAPS ne-CPF kuye kwacetyiswa ukuba lubekho.

EGeorge abathathi-nxaxheba babonise ukuba abaxhasi boluntu kufuneka bancedise ekulweni ulwaphulo-mthetho ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Kucelwa ukuba kubekho izithuthi zamapolisa nokujikeleza kwamapolisa.

Izibhadubhadu ezisoloko zingongqikana ezivenkileni zabo, zihlupha abantu ngokumana zicela imali emimandleni efana neDana Bay, kufuneka zityhalelwe kude.

Abathathi-nxaxheba eKnysna zibonise ukuba kukho imfuneko yokwakhiwa kwesikhululo esisisigxina esinezisele eSedgefield. Kufuneka inikwe uqeqesho olungcono i-SAPS olumalunga noMthetho omtsha wezoBulungisa wokuTshutshisa ulutsha (new Juvenile Justice Act), makwenziwe iinzame zokuphucula isidima samapolisa ngenxa yokubandakanyeka kwizenzo zolwaphulo-mthetho nokuwasebenzisa kakubi amagunya. Amapolisa makayiyeke into yokugrgrisa abenzi bobubi njengobuchule wokuqhuba umsebenzi wawo.

EKnysna kucetyiswe ukuba i-CPF ibandakanyeke kanobom ekuphononongeni zonke iimeko zokugcinwa kocwangco kunye nokusebenza okungcono. Amagosa asebupoliseni axhwarhelwe ukubizwa naini na, makasetyenziswe ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo ze-CSC. Amavolontiya angaphezulu, enza unikelo lweenkonzo kufuneka amiselwe, aze aqeqeshwe. Oovimba abazizibonelelo zabantu babonelele abagqatswa abafanelekileyo abaza kuqhuba umsebenzi wothungelwano lweemfonomfono. Amagosa asebupoliseni aXhwarhele ukubizwa nanini na, kufuneka aqeqeshwe ngokupheleleyo ekuphatheni izixhobo, ukuncedisa amalungu azizigxina.

T) Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eKnysna (eSedgeField), kuye kwaphakanyiswa le miba ilandelayo :-Ingxaki malunga neenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho; ubuninzi bamapolisa-akanakuba nezithuthi ezi-2 kuphela zokujikeleza
U) Umba we-CPF yaseSedgefield ekufuneka ibeyi-CPF evuthwe ngokupheleleyo. Ukuphelisa ulwaphulo-mthetho eluntwini, kufuneka zingathengwa iimpahla ezibiweyo. Ingxaki namapolisa aseDam-se-Bos, i-NHWyaqalwa khona, kwaye amapolisa athi i-NHW ithatha umsebenzi wawo.
V) Azikho izisele zokugcina zokugcina amabanjwa eSedgefield. Xa kuthuthwa amabanjwa esisiwa eKnysna, akukho lunikezelo lweenkonzo oluqhubekayo kwiyure enye enesiqingatha ukuya nokubuya eKnysna, izisele zifuneka ngamandla eSedgefield. Amapolisa ayagxekwa ngokugrwangxula amaSomali xa eyokubika izikhalazo zawo naxa eyokumangala kwisikhululo samapolisa. Kukho isicelo sokuba kubekho amaSomali aza kuba ziitoliki kwisikhululo samapolisa.

Abathathi-nxaxheba baKwaNokuthula bacebisa ukuba amapolisa makazibandakanye kwaye baphelise abathengisi beziyobisi nabaphuli-mthetho. Amapolisa ayacelwa ukuba xa ejikeleza makasebenzise iimoto ezizezawo ingakumbi xa efuna ukubamba abaphuli-mthetho. Isikhululo samapolisa sibikwe njengento engekho semgangathweni. Amapolisa ayacelwa ukuba ajikeleze, ehamba ngeenyawo eqhogene namavolontiya asekuhlaleni; angajikelezi ngezithuthi kuphela. Kwenziwa isicelo sokuba kuphuculwe u-10111 abe semgangathweni kwisikhululo saKwaNokuthula njengoko amalungu asekuhlaleni kufuneka ahambe aye kudlula kwisikhululo sasePlattenberg Bay. Isikhululo samapolisa esisemgangathweni esinamagosa asebupoliseni aqeqeshiweyo, kufuneka sakhelwe amalungu asekuhlaleni aKwaNokuthula.

Abathathi-nxaxheba basePacaltsdorp bacebisa ukuba kubekho amagosa angaphezulu asebupoliseni, izithuthi, ukwakhiwa kwesikhululo esitsha samapolisa, amaxesha akhawulezayo okuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Kucelwa ukubaamagosa asebupoliseni ahleli kwidesika engaphambili abe nobubele kwaye athethe ngolwimi olufanelekileyo loluntu ukwenzela ukuba isikhululo siqheleke ebantwini. Izikhululo ezitshintsha-tshintshwayo (mobile) kufuneka zibuyiselwe endaweni yazo nanjengoko isikhululo samapolisa isesoluntu.

Ngenxa yemimandla emikhulu kumahlathi emveli, kubalulekile ukuba kubekho inja efanelekileyo yamapolisa ebekwe yasisigxina ePlattenberg Bay. Kucelwa ukuba kufakelwe iiKhamera ze-CCTV kuyo yonke imimandla.

Ngethuba lokutyelela koMphathiswa wezoKhuseleko loLuntu kunye nabaxhasi benkqubela boluntu ePlattenberg Bay, kuphakanyiswe ezi zinto zixhalabisayo zilandelayo :

OO) Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, nto ke leyo ewugqibe wonke ummandla wasePlattenberg Bay

PP) Iinkqubo nenkxaso-mali kwimibutho enokuncedisa iyafuneka ekunyangeni amaxhoba azingedle zeziyobisi.

QQ) Kukho ingxaki yolwaphulo-mthetho kwizikolo zasekuhlaleni, apho abafundi bahlabanayo khona.

RR) Ingxaki yokudlwengula-apho kufuneka kulindelwe uncedo oluvela eGeorge xa kusenziwa uphando

SS) Isikhululo samapolisa sikwimeko engaxolisiyo kwaye kubikwe ukuba umgangatho wokuziphatha kwamapolisa ngendlela efanelekileyo uphantsi

TT) I-CPF ifuna ukwakha iqela lamavolontiya e-NHW; bafuna uncedo ekuthengweni kwee-uniform ze-NHW.

UU) Kukho urhano malunga nentlondi ekhoyo xa kuqhutywa uphando apho, kuthi noxa nje baziwayo abantu abathengisa iziyobisi luluntu, namapolisa ngenkqu, ufumanise ukuba akukho nto yenziwayo ukuthintela le ngxaki

VV) Ukusilela kolwazi olumele ukunikwa liSebe lezobuLungisa okanye iiJaji zelizwe jikelele mayela nenkqubo yebheyile.

EThembalethu abathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni amalungu asekuhlaleni kufuneka asebenzisane namapolisa ekulweni ulwaphulo-mthetho ngokuthi axhotyiswe ngolwazi olusemgangathweni ngokuphathelele kwimisebenzi engahambisani nomthetho. Amapolisa afuna ukuxhaswa ngolwazi.

EUniondale abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa ajikeleze rhoqo ezilokishini ukuthintela abantu ekwenzeni izenzo zolwaphulo-mthetho. Amapolisa noluntu kufuneka babe yimbumba yamanyama ekulweni ulwaphulo-mthetho. Amaxesha okuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho, kufuneka aphuculwe ngokuthi kumiselwe amagosa angaphezulu asebupoliseni, aphangela nangeempelaveki. Amapolisa makaxhotyiswe ngoovimba abazizibonelelo abathe kratya, abafana neekhompyutha, nomatshini wokufeksa ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Amalungu e-SAPS makanikwe uqeqesho olugxile kakhulu kuvelwano abayakuthi balubonakalise kumaxhoba. Bonke abantu abanezikhalazo mabaphathwe ngokufanayo kwaye bangacalucalulwa ngokwebala.

KwaNokuthula, abathathi-nxaxheba babonise ukuba ukugcinwa kocwangco ngendlela efezekileyo kufuna ukuba bonke abantu abaneendima ezibalulekileyo namasebe aseburhulumenteni bazibandakanye ekulweni ulwaphulo-mthetho.

### 4.8.3 IKLASTA YAMAPOLISA ASE-OUDTSHOORN

IKlasta yamapolisa ase-Oudtshoorn inezikhululo zamapolisa ezihlanu, ezizezi iCalitzdorp, DeRust, iDysselsdorp, iLadismith neOudtshoorn. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP.

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 36: IIPNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEOUDTSHOORN (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samapolisa | Ulwaohulo-mthetho olufuna ingqwalelo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili:4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili:5 |
|---|---|---|---|---|---|
| ICalitzdorp | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| IDe Rust | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |
| IDysselsdorp | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| ILadismith | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo zoshishino |
| IOudtshoorn | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya, Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Abathathi-nxaxheba beklasta yaseOudtshoorn balubona uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili kwisikhululo samapolisa. Iklasta yamapolisa aseOudtshoorn izibona ichatshazelwa zizenzo zolwaphulo-mthetho ezigxile ekudibaneni kwabantu nokonakaliswa kwepropati. Into ebalulekileyo kukuqatshelwa womba wokubulala njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili eDe Rust, eDysselsdorp naseCalitzdorp.

#### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseOudtshoorn, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kuluntu, lo gama i-33% yabantu abathe baphendula ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. EDe Rust (87%), eDysseldorp (92%), eCalitzdorp (89%), eOudtshoorn (80%) naseLadismith (75%) abathathi-nxaxheba babonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ngokubhekiselele kumbuzo omalunga nokusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (54%) lubonise ukuba abakhange basetyenziswe ngokufezekileyo, yaza i-46% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba basetyenziswe ngokufezekileyo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzdorp (77%) lubonise ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eDe Rust (77%) bebonise ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufezekileyo.

5.3 Ummandla wamapolisa aseOudtshoorn ubandakanya i-CDB yase-Oudtshoorn, iBongolethu nezikhululo zamapolisa aseBridgton.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Malunga nokonela kwamagosa asebupoliseni ukuncedisa i-CSC, uninzi (57%) luvakalise ukuba amagosa asebupoliseni onele, lo gama i-43% iye yabonakalisa ukuba akonelanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDe Rust (93%), eDysselsdorp (92%) naseCalitzdorp (71%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC, lo gama eLadismith (100%) naseOudtshoorn (73%) kuye kwabonakala kuchaswa oku.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (75%) lwabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa aseOudtshoorn lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-25% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababa ngayo aba vimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLadismith (100%), eDe Rust (93%) naseCalitzdorp (90%), lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni  Izikhululo ziyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (62%) lubonise ukba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo konke konke kumalungu asekuhlaleni.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabantu abathe baphendula (64%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-36% ayoneliseka ziinkonzo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (100%), iLadismith (100%) neCalitzdorp (84%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Xa kubuzwayo ukuba bacinga ukuba amangqina ayakhuselwa na yi-SAPS, uninzi lwabantu abaphenduleyo (60%) lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, lo gama i-30% yabathathi-nxaxheba icinge ukuba ayakhuselwa, yaza i-9% yabonisa ukuba ayiyicingi into yokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzdorp (81%) lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (66%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLadismith (92%), eCalitzdorp (90%) naseOudtshoorn (77%) lucela ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' acingwe yi-56% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa.

Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kuye kwacingwa yi-59% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseDe Rust (87%) naseCalitzdorp (71%) lucebise ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (73%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-24% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka, yaza i-2% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuy kuma-20 emizuzu lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-15 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho ngaphandle kweDysselsdorp apho uninzi (83%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa

### IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (59%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-23% ibonise ukuba liyanikwa igalelo. I-19% ibonise ukuba alinikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula eCalitzdorp lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (51%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapokisa kwimimandla yabo, lo gama i-34% ibonise ukuba aziliniki igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba, yaza i-15% yabonisa ukuba ayinalwazi lokuba i-CPF kufuneka ilinike na igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (92%) naseDe Rust (77%) lubonise ukuba ii-CPF liyanikwa igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba kummandla wabo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YASEOUDTSHOORN

**EDe Rust kucelwa amagosa asebupoliseni angaphezulu ndawonye nalawo alindele ukubizwa nanini na. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba ayeke ukusebenzisa izithuthi zasebupoliseni ngendlela egwenxa, ngeenjongo zokukholisa iimfuno ezizezabo.**

Abathathi-nxaxheba baseDysselsdorp bakholelwa ekubeni uluntu lufuna isikhululo samapolisa esingathi sikhulwana. Iintlanganiso zoluntu kufuneka zibanjwe namalungu asekuhlaleni ukwakha ubudlelwane ukuze kudaleke uluntu olungcono.

ECalitzdorp iinkqubo ezithe kratya zokuxhobisa abantu ngolwazi lolwaphulo-mthetho nokubamba ucwangco kufuneka ziqhutywe kwaye amapolisa kufuneka azibandakanye kanobom namalungu asekuhlaleni kwiintlanganiso.

Amagosa angaphezulu asebupoliseni makaqeshwe eLadismith.

## 4.9 UCAZULULO LWEE-PNP KWIKLASTA YAMAPOLISA KAMASIPALA WESITHILI SASE-OVERBERG

### 4.9.1 IKLASTA YAMAPOLISA ASECALEDON

IKlasta yamaPolisa aseCaledon inezikhululo zamapolisa ezizezi :- iCaledon, iGenadendal, iGrabouw, iRiviersonderend neVillersdorp. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphu-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **ICaledon** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala ezihlala abantu, Ubusela obuqhelekileyo |
| **IGenadendala** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo, ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu kunye nobusela obuqhelekileyo |
| **IGrabouw** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesndo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu nobusela obuqhelekileyo |
| **IRiviersonderend** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni namatyala okuxhaza ngokwesondo | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | ukutyhuthulwa kwemoto nokubiwa kwemfuyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu norhwaphilizo |
| **IVillersdorp** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukubulala | Ukubulala, ukhuthuzo oluqhelekileyo nokuphangwa | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |

Abathathi-nxaxheba kwiKlasta yaseCaledon balubona uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni namatyala okuxhaphaza ngokwesondo njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili. Kwinto yonke, iklasta yamapolisa aseCaledon ijongene kakhulu nolwaphulo-mthetho olufana namatyala okuxhaphaza ngokwesondo,ubundlobongela basekhaya, nezenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene nokonakaliswa kwepropati. Okubalulekileyo nomakuqwalaselwe kukuba iVillersdorp ikuqwalasela ukubulala njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili. IGenadendale yachongwa njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini, ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlangaephondweni, phofu ke abathathi-nxaxheba abakhange balubone ubukulo lwezinye iintlanga njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili.

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ELUNTWINI

Uninzi (58%) lwabantu abathe kwiKlasta yaseCaledon, luvakalise ukufaneleka koovimba ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-42% ivakalise ukuba aba vimba abafanelekanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eVillersdorp (86%), eRiviersonderend (83%) naseCaledon (75%) lubonise ukuba oovimba babo bafanelekile ukuhlangabezana nolwaphlo-mthetho kwimimandla yabo. Kwimimandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungafaneleki koovimba, ibeyiGrabouw (78%) neGenadendale (63%)

TTT) lSebe lezoKhuselo loLuntu, iPhepha lamaxesha athile lendima yeSebe lezoKhuselo loLuntu lokuhlangabezana nemingeni yokubukulwa kwezinye iintlanga eNtshona Koloni, nge-8Julayi 2010 alikapapashwa`=

## II) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Xa kubuzwa malunga noovimba abazizibonelelo abathe basetyenziswa ngokufezekileyo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) babenoluvo oluthi oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama i-34% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseRiviersonderend (83%), iCaledon (75%) neGenadendaal (71%), lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama eGrabouw (57%) ibonise ukukuchasa oku.

## III) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-39% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCaledon (63%) naseGanadendale (56%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi eRiviersonderend (100%) naseVillersdorp (88%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ancedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (85%) lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa aseCaledon, lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-15% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela ababiwa ngayo oovimba ngamapolisa eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu, Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula kumbuzo omalunga neenkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabo, yaza i-45% ayoneliseka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGenadendale (78%), eVillersdorp (75%) naseGrabouw (60%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, lo gama iRiviersonderend, bonke abathathi-nxaxheba (100%) babonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (55%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-32% ibonise ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-28% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabantu abathe baphendula eGenadendale (56%) lubonise ukuba aluyicingi into yokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) lubonise ukungazi konke konke nokuba amangqina ayakhuselwa na.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku, kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Bonke abathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%), i-80% eGrabouw ne-78% eGenadendale, bacela ukujikeleza ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' acingwe yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) naseGrabouw (80%)

lubonise ukuba amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' makaqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-38% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamaplisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRviersonderend (100%) naseGrabouw (60%) lucebise ukuba ukuphunyezwa okupheleleyo kokugcinwa kocwangco kuyakuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (70%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-18% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka, yaza enye i-5% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yabonisa ukwamkeleka kweli xesha. I-3% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kuma-30 yamkelekile, yaza i-5% yabonisa ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%), eGrabouw (90%) naseVillersdorp (75%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Xa kubuzwa ukuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, impendulo ihambe ngolu hlobo lulandelayo :-i-57% yabathathi-nxaxheba ibonise ukungazi, i-24% ibonise ukwazi, lo gama i-19% ithe ii-CPF aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathe baphendula eCaledon (86%) lubonise ukuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eRiviersonderend (100%), eDoringbaai (86%) babonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

The majority of participants (56%) indicated that they do not know whether CPFs provide input in the way resources are allocated by the police in their areas, while 36% indicated that they do and 8% indicated that they do not. The majority of participants in Riviersonderend (100%), Doringbaai (86%) indicated that the CPFs provide input.

EGenandendale bonke abaphenduleyo (100%) naseVillersdorp (86%) babonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO KWIKLASTA YAMAPOLISA ASECALEDON

Ngaphaya kweKlasta yonke yaseCaledon kubekho isikhalo sokuba makubekho unxibelelwano olufaneleke ngokuthe kratya phakathi kwamagosa asebupoliseni noluntu. Abathathi-nxaxheba besikhululo saseCaledon babike ukuba noxa nje ukubonakala kwamapolisa kukwizinga eliphezulu, badanile ukubona ukuba amapolisa ayasilela ekusebenzeni noluntu. Babhaqe ukubakukho imiqobo yolwimi kunye nenkxamleko engabalulekanga ethathwa ngamapolisa kwinkqubo yawo yokubamba abaphuli-mthetho njengezizathu ezinokwenziwa kukuqhawuka konxulumano phakathi koluntu namagosa asebupoliseni.

EGenadendale, abahlali banenkxalabo malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ezingekho mthethweni. Babike ukuba ulutsha luqhogana nesi simo sokuziphatha esithoba umgangatho woluntu. Esinye seziphakamiso esiziswe ngaphambili, kukwandiswa kwenani lezithuthi zamapolisa.

EGrabouw, abathathi-nxaxheba bavakalise inkxalabo yabo malunga nemeko engaginyisi-mathe yezithuthi zamapolisa emimandleni. Bakwayikhankanyile nento yokuba kufuneka kuthiwe gqolo ukulandela kwamapolisa emva kokuba isenzo solwaphulo-mthetho sibikiwe.

Abathathi-nxaxheba kwiklasta yaseHermanus balubone uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni, uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu nokutyhuthulwa kwemoto njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kwimimandla eyeyawo yesikhululo samapolisa. Iklasta yaseHermanus ibonwa njengendawo echatshazelwe zizenzo zolwaphulo-mthetho ezimalunga nohlaselo lwabantu nokonakaliswa kweepropati. Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo nobundlobongela basekhaya ziyaqatshelwa njengezenzo ezibini zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili eStanford naseNapier ngokulinganayo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUKHAWULELANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi (76%) lwabantu abathe baphendula kwiklasta yamapolisa aseHermanus, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-24% yabaphenduleyo ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBradasdorp (100%), eKleinmond (100%) eNapier (100%) naseStruisbaai (71%), lubonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Ummandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba babonise khona ukuba oovimba bafanelekle, yiStanford (67%)

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ukuphendula malunga nombuzo ongqamene nokusetyenziswa koovimba, uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) babonise ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama i-43% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo. EStanford (100%), eKleinmond (91%) naseGansbaai (75%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama, abathathi-nxaxheba eNapier (100%) naseBredasdorp (67%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni akonelanga ekuncedeni abantu kwi-CSC, yaza i-49% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (87%) naseStruisbaai (78%) lubonise ukonela kwamagosa asebupokiseni kwii-CSC. Uninzi eNapier (100%), eGaansbaai (78%) naseKleinmond (70%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) kwiklasta yamapolisa aseHermanus, lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo lo gama i-29% iye yakuphika oko. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba kubonwa ukunqongophala kwabasebenzi kunye nabanye oovimba.  Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa abababa ngayo aba vimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxhebakuzo zonke izikhululo , luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akoloncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula kulo mbuzo, uninzi lwabathe baphendula (63%), lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, lo gama i-37% ingakhange yoneliseke ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eNapier (100%), eStanford (100%), eHermanus (88%), eKleinmond (70%) lubonise ukoneliseka, kwaza eBredasdorp, bonke abathathi-nxaxheba (100%) babika ukungoneliseki kwabo.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (55%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina ayakhuselwa na, lo gama i-32% ibonise ukuba amangqina akakhuselwa ngamapolisa, yaza i-28% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGenadendale (56%) lubonise ukuba lucinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) lubonise ukungazi nokuba amangqina ayakhuselwa na.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumba wokubonakala kwamapolisa, uninzi (75%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba kufuneka amapolisa ajikeleze ngakumbi, emini nasebusuku, oku kubhekiswa kuzo zonke izikhululo zamapolisa. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' acingwe yi-58% yabathathi-nxaxheba njengenye yezinto ezibalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%), eNapier (100%) naseKleinmond (92%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe', kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-63% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%) naseNapier (89%) nalo lucebise ukuphunyezwa okupheleleyo kokubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (75%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukubs imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-14% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-11% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20, yabonisa ukuba yamkelekile. Bonke abathathi-nxaxheba eBredasdorp, eNapier, eStanford ndawonye ne-83% eKleinmond, yabonakalisa ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 , lixesha elibalulekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-28% iye yabonisa ukungabi nalwazi, yaza i-5% yalandula. Ikakhulu, abantu abathe baphendula (100%), eBredasdorp (93%), naseGaansbaai (88%) uninzi lubonise ukuba bayalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eNapier (89%) uninzi lubonise ukuba alwazi nokuba igalelo liyanikwa na yi-CPF.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (72%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo kwimimandla yabo, lo gama i-24% ibonise ukungabinalwazi loko, yaza i-4% yabonisa ukuba abaliniki igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%), eGaansbaai (89%), eStanford (89%) naseKleinmond (82%), lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eNapier (100%) naseStruisbaai (63%) lubonakalise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba kwimimandla yabo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEHERMANUS

Abathath-nxaxheba baseBredasdorp banengcinga yokuba ukusebenzisa iziyobisi gwenxa ngowona mba ungundoqo ekufuneka kujongwane nawo. Banembono yokuba ummandla wabo mkhulu gqitha ukuba ungalawulwa ngokwaneleyo ngamapolisa.

Ulwaphulo-mthetho kwaye kudla ngokuba nzima ukunxibelelana nawo ngenxa yokusilela kwezixhobo zokunxibelelana. Kwinto yonke kwababakho ukudana malunga nomsebenzi wamagosa asebupoliseni ophuma izandla ekulandeleni kwawo amatyala athe abikwa.

EGaansbaai abathathi-nxaxheba bakhankanye ingxaki ekhoyo ylkubakho kwezibhadu-bhadu ezibandakanyeka kwizenzo zolwaphulo-mthetho kummandla wabo. Banembono yokuba unxibelelwano oluthe kratya nolwazi oluphangaleleyo malunga nemisebenzi yobupolisa, loo nto ingalicutha izinga lokudibana nezenzo zolwaphulo-mthetho. Bayikhankanyile iPearly Beach njengommandla ekunqabileyo kuwo ukubonakala kwamapolisa nokungahambi ngokufanelekileyo kwezinto, lo gama bonelisekile ngumgangatho wentsebenziswano phakathi kwee-CPF namapolisa, banembono yokuba ukwandiswa kwabasebenzi basebupoliseni bekunokuba lulutho olukhulu.

EHermanus, abathathi-nxaxheba baqaphele ukuba umgangatho wokubonakala kwamapolisa uphantsi kakhulu, batsho bayichaphazela nento yokuba sinye kuphela isithuthi samapolisa esijikelezayo kwindawo enkulu ehlala abantu baseZwelihle, nto ke leyo ebonisa ukusilela okoyikekayo. Ingcebiso enye ibe yeyokuba abantu abagadayo ebumelwaneni, mabaxhotyiswe ngeevesti ekungagqobhozi zimbumbulu kuzo ukukhuthaza intatho-nxaxheba yoluntu kuthintelo lolwaphulo-mthetho.

Abathathi-nxaxheba eKleinmond bakhankanye ukuqundana ndaweninye nokuzulazula kwezikrelemnqa, njengezinto ezibaxhalabisayo nezingangakhange kujongwane nazo kuluhlu lwemibuzo. Banembono yokuba ipolisa elinye kummandla omkhulu wasemaphandleni, uvumela ukungena kwamandla olwaphulo-mthetho kuluntu olunezibhadubhadu ezenza izinto ezigwenxa. Banengcinga yokuba xa kwandiswe abasebenzi ndawonye nonxibelelwano namalungu asekuhlaleni, loo nto inganceda ukuthintela ulwaphulo-mthetho kummandla wabo.

Abahlali bommandla waseNapier baxhalatyiswa kukuqhekezwa kwezindlu nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene norhwaphilizo olwenziwa kubantu abadala. Bakwanayo imbono yokubaizithuthi zamapolisa  azonelanga kwaye le nto inobunzima obukhulu ngohlobo lokuba isikhululo samapolisa sikude kakhulu kwindawo abahlala kuzo abantu. Bayikhankanye iPlakkersKamp njengommandla apho izinga lokubonakala kwamapolisa liphantsi. Baxakanisekile malunga nokusilela kokuzibandakanya kwee-CPF, batsho bebika nokuba iintlanganiso zoluntu zinqabe okwezinyo, lenkukhu. Banoluvo lokuba ukwandiswa kwentsebenziswano noluntu ngokuthi kubanjwe iinlanganiso ezixhobisa ngolwazi, loo nto ingayiphucula imeko. Abahlali bachulumancile yindlela amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwa ngayo ngamapolisa.

EStanford, baxhalatyiswa kwimimandla yabo, zizenzo eziphazamisa uxolo, amaziko anikezela ngeziyobisi ezingekho mthethweni, nokuminca ezivenkileni. Nangona bevuyiswa lixesha lokuphendula kwamapolisa, amalungu asekuhlaleni angathanda kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa. Bakwanayo nembono yokuba ayonelanga iyantlukwano ngobuhlanga nangokwenkcubeko kubasebenzi basebupoliseni.  .

Bawubona umhlaba omncinane weelwimi njengengxaki. Bakwawubona ummandla njengento efuna ukusoloko ijongwe ngakumbi ngamapolisa.

Lo gama amalungu asekuhlaleni eStruisbaai onelisekile ngandlela zonke zeenkonzo zamapolisa, angathanda ukubona izithuthi zamapolisa zikumgangatho ongcono kwaye zisetyenziswa ngakumbi.

ISuidganstrand ikhankanywe njengommandla oyingxaki apho ubukho bamapolisa kufuneka bandisiwe. Banembono yokuba kufuneka kuqwalaselwe ngamandla ukuziphatha kwamapolisa ngondiliseko ekuhlaleni.

| | ngokwesondo | ngokwesondo | oludibene neziyobisi |
|---|---|---|---|

Izinto ezithe zafunyaniswa kuphando, ngokubhekiselele kulwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiklasta yaseVredendal, zibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Ubundlobongela basekhaya, ukubulala okuqhelekileyo, ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto kunye nokuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula kwiklasta yamapolisa aseVredendal, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-33% yabaphenduleyo ivakalise ukufaneleka kwaba vimba. Uninzi lwabantu abathe baphendula eDoringbaai (100%), eKlavier (100%) , eLutzville (90%), eVan Rhynsdorp (88%) naseClanwilliam (70%) lubonise ukungafaneleki koovimba babo, lo gama eLambertsbaai (64%) naseNumerus (63%), abathathi-nxaxheba bebonise ukufaneleka koovimba.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Kumbuzo omalunga nokusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-29% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufanelekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%), eKlavier (100%), eLambertsbaai (100%), eGraafwater (75%), eNuwerus (75%) naseVan Rhnynsdorp (75%) babe noluvo lokuba abavimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseCitrusdal (100%) naseElandsbaai (75%) bebonise ukukuphikisa oku.

### IV) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise okonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, saza esinye isiqingatha (50%) sabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseLambertsbaai (73%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseCitrusdaal (71%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (94%) lwabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa aseVredendal lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-6% yakuphikisa oku. Okukwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababa ngayo oovimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa bayavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu oluntu.
-*

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula umbuzo omalunga nokunikezelwa kweenkonzo ngabacuphi, uninzi lwabantu abathe baphendula, (88%) lubonise ukonela ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-12% ayoneliseka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%), eKlavier (100%), eLambertsbaai (100%), eClanwilliam (91%), eGraafwater (91%), eVredendaal (89%) naseNuwerus (88%), bonke babonise ukonekiseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ECitrusdal (60%) babe ngaphezu kwesiqingatha abantu abathe boneliseka.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (47%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-40% ibonise ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-13% yacinga ukuba akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseVanrhynsdorp (88%) lubonise ukucinga amangqina ayakhuselwa, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eNuwerus (86%) naseCitrusdal (75%) lubonise ukungabi nalwazi malunga nalo mba.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (65%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba kufuneka libe ngathi lithi xhaxhe inani lamapolisa ajikelezayo emini, yaza i-56% yabonisa ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseGraafwater (75%) lucele ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini, makuqhutywe, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eLambertsbaai (82%) naseLutzville (80%) lucele ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku.

Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' acimgwe yi-49% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Evan Rhynsdorp (100%), eLutzville (90%), eKlavier (78%) naseVredendal (67%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe', kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokubanjwa kocwangco ngamapolisa kucingwe yi-53% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa, yimbono le ekwanjalo naseLutzville (70%) naseKlavier (67%)

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (74%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-11% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15, lixesha elichanekileyo lokuphendula amapolisa ngexesha likaxakeka, yaza enye i-7% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. I-6% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho, ngaphandle nje kweNumerus apho uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) baye babonisa ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa

## IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Isiqingatha sabantu abathe baphendula sibonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-46% ibonise ukuba ziyalinika igalelo, yaza i-4% yayiphikisa into yokuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. EDoringbaai (86%) naseLutzville (80%) uninzi lwabathe baphendula lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama iVredendal (78%) neGraafwater (67%) uninzi luye lwabonisa ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na uncedo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (45%) lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-43% ibonise ukubaziyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLutzville (90%), eDoringbaai (86%) naseVanrhynsdorp (71%) lubonise ukba ii-CPF ziyalinika igalelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEVREDENDAL

Ezinye iingcebiso eCitrusdal ibe zezokuba amagosa asebupoliseni kufuneka abe ngathi azinikela ngakumbi kwaye oovimba abazizibonelelo kufuneka basetyenziswe ngembeko. Ikhe yakhankanywa into yokuba amalungu athile eluntwini anengcinga yokuba amapolisa enza ubuqhophololo. Amalungu aye aqaphela ukuba kukho ukusilela kokubonakala kwamapolisa ezifama, kwiindawo ezingasemilanjeni apho kulahlwa khona inkukuma, kwiindawo ezinamatyotyombe/kwimimandla ehlelelekileyo, nakwiBhulorho yaseHexriver ngaphandle kwedolophu.

Bekukho isikhalazo sokungabonakali kwaphela kwamapolisa. Abantu ngabantu baqahela ukuba kukho imfuneko yokuqeshwa ngaphezulu amapolisa kwisikhululo sabo, kwaye kufuneka ingcina-sifuba ingathathwa njengento yokudlala. Ikwavakalisiwe nento yokuba amapolisa akakwazi ukuya kwiindawo abizelwa kuzo, akhokelisa isizathu sokuba kukho ukungoneli kweeveni zamapolisa.

Abathathi-nxaxheba baseClanwilliam baqaphele ukuba ukunikezelwa kweenkonzo kufuneka kukhulisiwe. Linye ikhwiniba elisoloko likhalazelwa lelokuba ulwimi lingumqobo ekuphumezeni izinto, kwaye kufuneka abasebenzi abakwaziyo ukuyimela into, abazinikezeleyo nabaqeqeshiweyo ukuqhubeka nolawulo olungcono. Iye yachatshazelwa into yokuba amapolisa 'angafundanga' kufuneka aphononongwe imeko yawo ngokuya lihamba ixesha, iphinde ke loo nto ibonise ukuba uqeqesho olusemgangathweni luyafuneka. Kuyacingwa ukuba ukuziphatha kwamagosa asebupoliseni ngendlela ephucukileyo kukwandiswa kweeseshoni zokuphicothwa kwemibuzo nokunika iingcebiso. Kuyacetyiswa kwakhona ukuba ukwabelana kwamapolisa ngolwazi kuluntu kubonwe njengengxaki. Ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa kumabala okudlalela, ezikolweni, ezifama nakwimimandla yezoshishino, kuyacelwa. Kukwaphakanyiswe into yokuba amapolisa ambalwa kakhulu ndawonye nezithuthi zawo, kodwa ke kuye kwacetyiswa ukuba amanye amasebe ayalunika uncedo kangangoko anakho kwi-SAPS ukuphungula umthwalo.

EDoringbaai kuboniswe ukongeneli kwabasebenzi noovimba abazizibonelelo. Ukuphucula indlela yokukwazi ukumela into ngakwicala lamapolisa, kuphakanyiswe ukuba kufuneka kuthi chatha ukubekwa kwezinto elubala phakathi kwamapolisa noluntu.

I-Elandsbaai iqaphele ukuba ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa kuyafuneka ezifama, eGereeld Caravan Park nakwizindlu apho kuchithelwa khona iiholide nakwimimandla yasemaphandleni. Kuphakanyiswe ukuba amapolisa kufuneka ajikeleze rhoqo kwimimandla yoluntu ukufumanisa ukuba kwenzeka ntoni na nokuba yintoni na enokuthi yenzeke. Oku kunokuwanceda amapolisa xa ebona ukuba kukho undonakele othile.Ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo, kuye kwaphakanyiswa ukuba amapolisa kufuneka axhotyiswe ngezixhobo ezisemgangathweni zokusebenza nokuthi amapolisa asabele ngokukhawuleza okukhulu nangokufanelekileyo kumatyala aziswe ngaphambili. Kuye kwakho imfuneko yokwandiswa kwenani lamapolisa,kwaye kuye kwafunyaniswa ukuba isikhululo sikwimeko ebalekisa umzimba apho abantu baqaphele ukuba abanayo indawo eyimfihlakalo apho banokuphalaza khona iimbilini zabo. Kuye kwacelwa kwakhona ukuba kuphuculwe unxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu, lo gama kuye kwaphakanyiswa ukuba amapolisa akazihoyi izenzo zolwaphulo-mthetho ngenxa yokunyotywa kwaye abantu abawathembanga amapolisa. Amapolisa makakwazi ukuyimela into kwaye kufuneka asebenzele ukuzuza intlonipho eluntwini ngaphezu kokufuna ukunyanzelisa. Izithuthi ezizi-4x4 ziyafuneka xa amapolisa esiya kwiindawo zaselwandle.

**IGraafwater iphakamise ukuba malande inani lamapolisa asemsebenzini kwaye kufuneka abengathi ayazibandakanya mihla le ekuqhubeni imisebenzi yesikhululo samapolisa. Makabe ngathi ayabonakala ezifama nakwimimandla engqongileyo. Uqeqesho olusemgangathweni malunikwe ukuze kunikezelwe iinkonzo ezingcono, kodwa ke bezikwakho neentetho ezihlomlayo ezivakalisa ukuchwayita koluntu malunga nendlela yokusebenza kwamapolisa.**

Abathathi-nxaxheba baseKlawer baphakamise ukuba amagosa asebupoliseni makabe ngathi ayongezwa kwisikhululo sabo, kwaye kufuneka ubunkokheli obungcono. Ukuphunyezwa kokubekwa kweliso ebumelwaneni bubonwe njengomqathango obalulekileyo kwaye kufuneka uluntu lusebenzisane namapolisa. Indlela kazwelonke, ka-N7, iifama nemimandla abathanda ukuhambahamba kuyo abakhenkethi, kufuneka abonakale ngamandla kuyo amapolisa. Kuye kwaqatshelwa ukuba ummandla okhavarisha isikhululo samapolisa mkhulu kakhulu kwaye kufuneka kubekho izithuthi zamapolisa eziza kusetyenziswa kwakule ndawo.

**Abathathi-nxaxheba baseLambertsbaai bakhankanye ukuba kufuneka amagosa athe kratya asebupolisenni kwanokuba ulwimi nonxibelelwano lunika inkxalabo. Kuphakanyiswe ukuba umsebenzi wamapolisa obandakanya uluntu ofana nabasebenzi anyanzelisa umthetho kwanokusetwa kwamaphulo okumiswa kwezithuthi endleleni zisetshwe (road blocks), ezo zinto ziphucula ukubonakala kwamapolisa. Amapolisa makangalindeli ukuba abahlali bade bakhalaze phambi kokuba bajongane nolwaphulo-mthetho. Isenzo nje esinye solwaphulo-mthetho ekufuneke kujongwane naso, kukwenza ingeniso kanamvuna (cray fish) ngokungekho mthethweni. Makabengathi ayongezwa amapolisa azakujikeleza isikhululo seenqanawa kwakunye neHarmony Park, imimandla yoluntu neziko lezoshishino.**

**ELutzville ukusilela konxibelelwano oludalwa yimiqobo yolwimi ibonwe njengengxaki, ndawonye nokungoneli kwabasebenzi nezixhobo zokusebenza. Kufuneka kubekho intsebenziswano nonxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu. Ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa ezifama, e-Ebenezzar, eKoekenaap, eLutzville, eLutzvlle-West Uitlyk, kwaye kufuneka kusetwe amaphulo okumiswa kwezithuthi endleleni zisetshwe. Kufuneka kunyuswe inani lezithuthi, amalungu asebupoliseni nezixhobo zokusebenza ukuze amapolisa aphendule ngokukhawuleza kwizikhalazo ezingxamisekileyo. Ummandla okhavarishwa sisikhululo samapolisa, ubonwa umkhulu kakhulu.**

**Abathathi-nxaxheba baseNuwerus babone ukungoneli kwabasebenzi. Ibisoloko ikhankanywa into yokuba kufuneka abe ngathi ayabonakala amapolisa eKliprand ngeempelaveki, ingakumbi ngemigqibelo. Intsebenziswano phakathi koluntu namapolisa iye yaphakanyiswa ukwandisa ingcinga yokukwazi ukyimela into. Kwakhona umgama wokuya kwisikhululo samapolisa ubonwa njengengxaki.**

Abathathi-nxaxheba baseVanrynsdorp bacebise ukuba amapolisa makanikwe izibonelelo zenkuthazo ezingcono. Amapolisa azikhawulezele izenzo ezincinane zolwaphulo-mthetho ngalo mzuzu adibana nazo esitalatweni kwaye kufuneka abe yimizekelo. Baye baqaphela ukuba ukugcinwa kocwangco kwisikhululo akuhambi kakuhle eHopland naseMaskamsig, imimandla emithathu ifuna amapolisa abe ngathi ayajikeleza. Unxibelelwano olusemgangathweni nokupheliswa kwezenzo zolwaphulo-mthetho ezidibene nokusetyenziswa kweziyobisi kwakunye nongeniso-nzuzo lweziyobisi liphakanyiswe njengezinto ekufuneka amapolisa kulo mmandla, aziphucule.

EVredendal kuphakanyiswe ingqwalaselo malunga nonxibelelwano olusemgangathweni lwamapolisa, kupheliswe imiqobo yolwimi nobuhlobo obubonakaliswa ngamapolisa eluntwini. Iifama neCandelo 1 neVredendal North zifuna amapolisa abonakale ngakumbi ndawonye ne-CBD ngeempelaveki.

## 4.7. UCAZULULO LWEE-PNP ZEKLASTA YAMAPOLISA ESIXEKO SASEKAPA

### 4.7.1 IKLASTA YAMAPOLISA ASEBELLVILLE

IKlasta yamaPolisa aseBellville inezikhululo zamapolisa ezine, ezizezi: iBellville, iBothasig, iGoodwood nezikhululo zamapolisa aseParow. Zonke ii-C P F zithathe inxaxheba kwisaveyi see- P N P

**IIZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA EYONA NGQWALASELO IPHAMBILI**

**ITHEBHILE 21 II-P N P EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEBELLVILLE (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 1 Crime: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasea: 2 Crime: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 3 Crime: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna iningqwalasela 4 Crime: 4 | Uwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela: 5 Crime: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBellille** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo ukubiwa kweemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashshini | Ukhuthuzo kwiindawo zamashishini |
| **IBothasig** | Ubundlobongela basekhaya | Ukutyhuthulwa kwemoto | uqhekezo kwiindawo ezi-hlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashishini |
| **IGoodwood** | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kweemoto | Ukutyhuthulwa kweemoto | Uqhekezot kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olumalunga nokusetyenziswa kweziyobisi |
| **EParow** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zamashishini |

Abathathi-nxaxheba kwiklasta yaseBellville banembono yokuba ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto, ubundlobongela basekhaya, zizenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna eyona ngqwalaselo iphambili

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (77%) lweklasta yamapolisa aseBellville lube nayo into ethi oovimba abazizibonelelo abakhange bafaneleke ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho eluntwini, ekubeni yona i-23% yabathathi-nxaxheba ibabone aba vimba befanelekile. Isikhululo samapolisa esibone ukuba oovimba babo bafaneleke ngokungephi, ibe yiBothasig, ekubeni sona isikhululo saseGoodwood sibabone oovimba baso befanelekile.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu oluntu aye abuzwa ukuba oovimba abazizibonelelo basebupoliseni basetyenziswa ngokufezekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (92%) ibonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-8% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba basebupoliseni abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Bonke abathathi-nxaxheba baseParow naseGoodwood babonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Yi -13% kuphela yabathathi-nxaxheba yaseBothasig ne-10% yaseBellville eye yabonisa ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

**IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU**

Uninzi lwabathathi –nxaxheba (80%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni ebonele ekuncediseni abantu kwi-C S C, yaza i-20% yabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-C S C.

IGoodwood neParow ifumene amanqaku aphezulu kweli candelo, bonke abathathi-nxaxheba babonise ukuba ebonele amapolisa ancedisa kwii-CSC, lo gama yona isisiqingatha sabathathi-nxaxheba baseBothasig baye babona ukuba ebengonelanga amapolisa ancedisa kwi-C S C.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-C S C

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (92%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-C S C ebezithobile kwaye eluncedo kumalungu oluntu, yaza i-8% yona yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo.Oku akuyonxalenye yembono abanayo malunga nokunqaba kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ukuba lonelisekile ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi, ne-45% nayo yonelisekile ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (82%) eBellville alukhange lonwabe malunga neenkonzo ezinikezelwe ngamapolisa, ekubeni lona uninzi lwabathathi-nxaxheba eParow (75%) naseBothasig (67%) lonelisekile.

Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo kwindlela abathathi-nxaxheba ababonisa ngayo ukoneliseka malunga nokunikezelwa kweenkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala. Kwakhona nanjengokuba ebemnye jwi umntu othe waphendula lo mbuzo eGoodwood, oku kusenokunganiki mbono uchanekileyo wokuba babenokubona njani abanye abathathi-nxaxheba ukuba nabo babephendule kulo mbuzo.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (56%) lwabathathi-nxaxheba belungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na ngamapolisa , i-28% icinge ukuba bebekhuselwe, yaza yona i-16% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville (64%**)** neBothasig (50%) ibonise **ukuba abazi nokuba amapolisa ayabakhusela na amangqina olwaphulo-mthetho**

### (V11) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabaphenduleyo (73%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku kufuneka kuqhutywe. EParow bonke abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa ajikeleze ngakumbi emini nasebusuku, kulandele abathathi-nxaxheba baseBothasig (78%) naseBellville (64%). Amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ aye aqwalaselwa yi-62% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-42% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngethuba likaxakeka, uninzi olucacileyo (81%) lwamalungu asekuhlaleni luyibone imizuzu emi-5 ukuya kweyi-10 njengelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-12% ibone ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 yamkelekile njengexesha lempendulo ngethuba likaxakeka. Abanye abathathi-nxaxheba (8%) babone ukuba imizuzu eli-15 kwengama-20 yamkelekile.

Imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville (82%) lulandelwa yiParow (80%) neBothasig ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha lempendulo eyamkelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LWEE-C P F KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise ukuba i-C P F iyalinika igalelo kwisicwangciso sesikhululo, lo gama yona i-25% ibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa, yaza enye i-25% ayinalwazi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) baseBothasig, babonise ukuba bayalinika igalelo, lo gama into engaphaya kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba (55%) eBellville, ibonise ukuba akukho likhe lanikwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba i-C P F ilunikile igalelo malunga nendlela oovimba abazizibonelelo ababiwe ngayo ngamapolisa kwizicwangciso zezikhululo kwiingingqi zabo lo gama i-24% ibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa, yaza i-16% ayabi nalo ulwazi loko. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eParow, lubonise ukuba bayalinika igalelo, lo gama phantse isiqingatha sabathathi-nxaxheba (45%) eBellville sibonise ukuba akukho galelo likhe lanikwa. Inkoliso yabathathi-nxaxheba eBothasigbabonise ukuba abazi nokuba i- C P F inike igalelo ngendlela oovimba ababiwe ngayo

## (X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEBELLVILLE

Abathathi-nxaxheba baseBellville banengcinga yokuba kufuneka kuqeshwe inani elithe kratya lamagosa ancedisa amapolisa. Ulawulo olungcono loovimba abazizibonelelo, lufuna ingqwalaselo ephambili. Makuqinisekiswe ukuba i'Morpho Touch' ifumaneka rhoqo, lize ilungu elinobuchule liyiqhube. Le ngingqi ifune ukuba amapolisa abonakale ngakumbi, inani elithe kratya lamalungu anobuchule kunye nezithuthi ezingaphezulu. Ngokwembono yabathathi-nxaxheba, eyona ngxaki inkulu kukungabikho komsebenzi odibanisa ukwenziwa kwenkonzo ye-S A P namapolisa eMetro. Kucetyiswa amaPolisa eMetro asoloko ekho ukugada ukugcinwa kwemimiselo. Inkonzo ye-S A P kufunekayenze kubekho ukusetyenziswa okungcono kobudlelwane malunga nezoshishino nemibutho yophuhliso lwezentlalo. Bonke abantu abadlala indima nabafanelekileyo, kufuneka babandakanywe ekulweni ulwaphulo-mthetho, oko kukuthi, iNkonzo ye-S A P, amagosa esixeko saseKapa, iSebe leemicimbi yaseKhaya noPhuhliso lwezeNtlalo .

EBothasig kukho ingxaki yolwimi apho amagosa asebuPoliseni athathwe kwezinye iindawo kwisikhululo, engakwazi ukuthetha ulwimi lwabantu abanezikhalazo. Ikhona imfuneko yokuqeqeshwa ngokwaneleyo kwamalungu ekubeni athethe isiNgesi, aphucuke xa ethetha efowunini nokunxiba ngendlela efanelekileyo ekuhlaleni. Isikhululo samapolisa kufuneka sandiswe.

Oovimba abathe kratya abazizibonelelo njengamagosa asebupoliseni kunye nezithuthi, bayacelwa.

EGoodwood i-CPF inembono ethi isikhululo samapolisa kufuneka sibe necandelo lokuthintelwa kolwaphulo-mthetho.

EParow ulwimi lusoloko luyingxaki. Kwingingqi apho isiAfrikansi sisetyenziswa kakhulu, amagosa asebupoliseni avela kwezinye iindawo akwi- CSC kufuneka akwazi ukudlelana noluntu ngolwimi oluthe ngco kubantu abanezikhalazo. Uqeqesho olusisiseko kwiindawo zonakekelo lwabathengi kunye nemicimbi yezoshishino nabaxhasi lubalulekile kumagosa asebupoliseni. Kucelwa ukuba inani elithe kratya lamaphulo asebupoliseni nobandakanyo loluntu lusetyenziswe. Iinkqubo ezithe kratya zokugada ebumelwaneni nokugada ngokwebloko,mazenziwe. Makubekho ubudlelwane obulungileyo phakathi kwamapolisa noluntu

**IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU**

Amalungu oluntu aphendule ekubeni awabona onele na amagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwiZiko leeNkonzo zoLuntu ( CSC). Uninzi lwabathathi-nxaxheba (69%) lwalathe ukuba alukhange luwabone onele amagosa ancedisa abantu kwi-CSC. Esona sikhululo esichaphazelekayo ibe yiBishop Lavis ( 100%), ize esona sichaphazeleka kancinci ibe sisikhululo sakwaLanga ( 50%)

Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 60%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC ebethobekile kwaye eluncedo kumalungu oluntu kwi-CSC. Oku akuyonxalenye yembono abanayo malunga nokunqaba kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Esona sikhululo esithe soneliseka ibeyiBishop Lavis ( 83%), saza esona sikhululo esiye soneliseka ngokungephi yayiElsies River ( 100%)

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba alukhange loneliseke ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi. Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo kwindlela abathathi-nxaxheba ababonisa ngayo ukoneliseka malunga nokunikezelwa kweenkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala.Esona sikhululo sichaphazelekayo, ibe yiElsies River (100%), yaza esona sikhululo sichaphazeleka ngokungephi yayiBishop Lavis ( 100%). Ezinye iingcebiso, umzekelo, zokufuna ukuqonda ngento enokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, ibe kukuqesha abecuphi aanezakhono ezithe kratya, nokuba kunikezelwe oovimba abazizibonelelo kubecuphi, babe nokusebenza ngabo ukuphucula iindlela zabo zokuphanda

### VI) IINKQUBO ZOKUKHUSELA AMANGQINA

Iyaxela into yokuba i-38% yabathathi-nxaxheba ayazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselwe na. I-19% yona ibicinga ukuba ebekhuselwe, lo gama i-44% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amapoisa akawakhuseli amangqina.Olu cazululo lokuqonda ngenkonzo yokhuselo olunikezelwa ngamapolisa kumangqina, lungabalelwa kunqongophalo lokuzithemba ekunikeni ingxelo eyiyo yezenzo zolwaphulo-mthetho ezithe zenziwa eluntwini.Ukusilela kolwazi malunga nokhuselo olunikwa ngamapolisa kumangqina olwaphulo-mthetho, ngowona mba udala ukuba abathathi-nxaxheba baphendule ngelithi abazi, kodwa eminye imiba exhalabisa ngakumbi,ibonisa ukuba aba bathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni amapolisa akathembakalanga okanye abonisa icala lokungabi nankathalo kumangqina.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwamalungu oluntu ( 63%) lubonise ukujikeleza kwamapolisa okuthe chatha emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa kwiingingqi zawo akuzo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba e-Elsies River ( 100%) nakwaLanga (71%) lucela amapolisa abe ngathi ayajikeleza emini nasebusuku. Amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ athe chatha acingelwe yi-58% njengento ebalulekileyo ukwandisa ukbonakala kwamapolisa

E-Elsies River (100%) nakwaLanga (57%) uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo ‘okumiswa usetshwe’makaqhutywe.Ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-68% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba e-Elsies River (100%) nakwaLanga (71%) lubonise ukuqhutywa ngokupheleleyo komsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAXAKEKA

Ukunceda ngexesha likaxakeka, uninzi olucacileyo (88%) lwamalungu oluntu, lubonise ukuba,

imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-12% ivakalise ukuba into engaphaya kwemizuzu eli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba aba kuzo zonke izikhululo bayavuma into yokuba imizuzu eyi-5 ukuya kweli-10, lixesha elifanelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwezo ngingqi zawo

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO EZENZIWA KWIZIKHULULO ZAMAPOLISA

Xa kubuzwa ukuba i-CPF yengigqi yabo ilinikile na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, i-43% ivumile ukuba oko kwenzile, iekubeni i-50% yona iphendule ngelithi ayinalwazi loko. I-Elsies River ( 67%) ibe sesona sikhululo sichaphazelekayo; ukanti iBishop Lavis ( 80%) yayifudula isesona sikhululo sichaphazelekayo, uLanga yena wayechaphazeleka ngokungephi.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEBISHOP LAVIS

Kuyacelwa ukuba iNHWes isebenzisane namapolisa ajikelezayo imini nobusuku eBishop Lavis.Ukugcinwa konxulumano olufanelekileyo nemibutho yasekuhlaleni ngamapolisa kubalulekile kakhulu ekulweni ulwaphulo-mthetho

Ngexesha leprojekthi yeBharometha yoKhuseleko.loLuntu ngowe-2008/9, abathathi-nxaxheba bachonga izenzo zokukhuthaza, zokubulala nezokudubula njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezixhomisa amehlo. Ubonelelo malunga namancedo okuzonwabisa nemisebenzi ekhuthaza ulutsha, ukugxothwa kwemigewu kwiindawo zawo zasekuhlaleni, ukuphuhliswa kwendima yokubekwa kweliso ebumelwaneni, ukumiselwa kwamagosa asebupoliseni avela ngaphandle ukuza kulwa ulwaphulo-mthetho nokubandakanya amapolisa akwaMetro ekubeni abeliliso ekuhlaleni, ibe zezinye zezinto zongenelelo urhulumente athe waziqulungqa ekujonganeni nemingeni yolwaphulo-mthetho eBishop Lavis

KwaLanga kuyacelwa ukuba amapolisa kufuneka atyelele rhoqo, kwaye kufuneka asetshe abafundi ngamaxesha ekhefu, nanjengoko ngamanye amaxesha baye babhaqwe benentsangu neemela.Kufuneka amapolisa abonakale kwiindawo ezimbombo-ne zokumisa kweemoto nanjengoko abaqhubi-zimoto beba ngamaxhoba okuxuthelwa izinto zabo. Ukujikeleza kwamapolisa makube yinto yemihla ngemihla. Izikolo azisezizo iindawo zokhuseleko, kwaye kufuneka amapolisa asetshe abafundi ngamaxesha abo ekhefu.Ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa nokubonakala kwawo kwiindawo ezimbombo-ne zokumisa kweemoto nanjengoko izikrelemnqa zifumana khona ithuba lokuxhomisa abaqhubi-zimoto abanobungozi

E-Elsies River kuyacelwa ukuba amagosa asebupoliseni makafundiswe indlela yokunika inkonzo ephum’izandla. Ukujikeleza ngeenyawo okuthe kratya kwamapolisa nokubeka iliso elibukhali kwizimokolo. Mazijikeleze rhoqo izithuthi zamapolisa, utshintshwa-tshintsho lwamaxesha okusebenza kwamapolisa maluhlengahlengiswe kakuhle. Izicelo zamapolisa ekugqaleni ulwaphulo-mthetho lwabantwana abaselula nokubuyiselwa esikolweni kwabantwana abasekwixabiso lokuhamba isikolo. Amapolisa makaziphathe ngokulinganayo iindawo zabahlali..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lube nayo into ethi oovimba abazizibonelelo abakhange bakulungele ukuqwalasela ulwaphulo-mthetho ekuhlaleni, ekubeni yona i-37% yabathathi- nxaxheba ibabonile aba vimba befanelekile. Isikhululo samapolisa esiye sabona ukuba aba vimba abazizibonelelo benomfaneleko ongephi, ibeyiCamps Bay neTable Bay Harbour, izikhululo zoMbindi-Kapa neKensington zona zibabone befanelekile aba vimba.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu asekuhlaleni aye abuzwa ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa basetyenziswa ngokufanelekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 57%) lufumanise ukuba aba vimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Yi-31% kuphela yabathathi-nxaxheba evakalise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Isikhululo samaPolisi saseWoodstock esifumene awona manqaku aphezulu apho i-83% yabathathi-nxaxheba ikholelwa ekubeni aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo

Umntu omnye jwi othe waphendula lo mbuzo egameni lesikhululo samaPolisa saseCamps Bay, uye wabonisa ukuba aba vimba abakhange babasebenzise ngokufezekileyo, nto ke leyo ethe yadala ukuba isikhululo samaPolisa aseCamps Bay sifumane awona manqaku awakha aba sezantsi kwindlela yokusetyenziswa koovimba ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Amalungu asekuhlaleni aphendule kumbuzo othi, ingaba bawabone onele amagosa asebupoliseni ekuncedeni abantu kwiziko leenkonzo loLuntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 46%) luvakalise ukuba amagosa asebupoliseni bawabone onele ekuncedeni abantu kwiZiko leeNkonzo loLuntu, lo gama i-44% icinge ukuba ebengonelanga. Isikhululo saseSea Point siye safumana awona manqaku aphezulu kulo mba, lo gama abathathi-nxaxheba baseCamps Bay naseTable Bay baye bafumana amanqaku asezantsi njengoko ezi zikhululo zingenamagosa asebupoliseni oneleyo anokuthi ancedise kumaZiko azo eenkonzo zoLuntu.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KUMAZIKO EENKONZO ZOLUNTU ( CSC)

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza ngaphakathi kumaZiko eeNkonzo zoLuntu. Nangona nje ingenakusithela into yokuba bebona ukunqongophala okuthile lwabaqeshwa kunye nabanye oovimba ababonelelayo

Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingelwa indlela emazinikezelwe ngayo iinkonzo zasebupoliseni eluntwini, ndawonye nokudala unxulumano oluthembakeleyo phakathi kwamapolisa noluntu. Kwakhona iCamps Bay ibe sisikhululo samapolisa apho amapolisa ebecingelwa njengabantu ababonakalise uncedo nobuhlobo obungephi, lo gama isikhululo saseTable Bay Habour, phezu kokuba abathathi-nxaxheba bekholelwa ekubeni sinoovimba kunye nabaqeshwa abangephi abanceda kumaZiko eeNkonzo zoLuntu, siye safumana amanqaku aphezulu, kwangathi  besinamapolisa anika uncedo kumaZiko azo eeNkonzo zoLuntu

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba ( 52%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi. Kwizikhululo zaseCamps Bay naseSea Point, abathathi-nxaxheba beboneliseke ngakumbi ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi, lo gama iMaitland ibisisikhululo apho abathathi-nxaxheba babonise ukoneliseka okungephi malunga neenkonzo zabecuphi. I-75% yabathathi-nxaxheba iziva yonelisekile ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi.

Kukho ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo, bokufumana ukuba kutheni abathathi-nxaxheba bonelisekile nje ziinkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpendulo zeziphumo zamatyala.Ezinye iingcebiso, umzekelo, into enokwenziwa ukuphucula ezi nkonzo, bekunokuqeshwa abecuphi abanezakhono ezithe kratya, kongezwe noovimba bokusebenzaukuze kuxhotyisweabecuphi, babe nokusebenza ekuphuculeni iindlela zabo zophando.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Iyaxela into yokuba i-74% yabathathi-nxaxheba ibingazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile na. Yi-17% kuphela ebicinga ukuba ebekhuselekile, lo gama i-6% yathathi-nxaxheba ibicinga ukuba amapolisa ebengawakhuseli amangqina. Izikhululo zaseCamps Bay, eSea Point nezaseWoodstock, zonke zifumanise ngokulinganayo ukuba abathathi-nxaxheba abazi nokuba amapolisa ayalunika na ukhuselo kumangqina amatyala olwaphulo-mthetho

Yi-38% kuphela yabathathi-nxaxheba yesikhululo sasePinelands ethe amapolisa alunikile ukhuselo, itsho loo nto yenze ukuba esi sikhululo samapolisa sizuze awona manqaku aphezulu malunga nabathathi-nxaxheba abakholelwa ekubeni amapolisa ayalunika ukhuselo kumangqina amatyala olwaphulo-mthetho. Isikhululo samapolisa saseTable Bay Harbour sifumene awona manqaku asezantsi, itsho ke loo nto yenze ukuba i-25% yabathathi-nxaxheba bacinge ukuba amapolisa akakhange alunike ukhuselo kumangqina..

Ucazululo malunga nokuqonda ngenkonzo yokhuselo enikezelwa ngamapolisa kumangqina, luthetha ukuba kusenokunqongophala ukuzithemba kwindlela eyiyo yokunika ingxelo yezenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala nokunqaba kweendlela ezilindelekileyo zenkxaso, ukulandelwa nesiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziweyo eluntwini. Ukunqongophala kolwazi malunga nokhuselo olunikwa ngamapolisa kumangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho, ngunobangela wokuba abathathi-nxaxheba baphendule ngelithi abazi, kodwa eminye imiba emininzi exhalabisayo, ithetha ukuba aba bathathi-nxaxheba banenkolelo yokuba amapolisa akathembakalanga okanye akabonakalisi nkathalo kumangqina.

Apha ngezantsi sijonga imiba echaphazela imbono yabathathi-nxaxheba malunga nokunikezelwa kweenkonzo zamapolisa kwimimandla yabo:

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

I-25% yabathathi-nxaxheba ibonisa ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku kunokuyiphucula indlela yokubonakala kwamapolisa kwiingingqi zabo abakuzo. Phofu ke yi-11.7% kuphela ebona ngathi ukwanda kokujikeleza kwamapolisa emini kungenza kwande ukubonakala kwamapolisa, yona i-12.5% ibona ngathi ukwanda kokujikeleza kwamapolisa ebusuku kungenza kwande ukubonakala kwamapolisa engingqini. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' ebekhe acingwa yi-25% yabantu nokuqhutywa ngokupheleleyo womsebenzi wobupolisa ngokwamacandelo kuye kwacingwa yi-23.4% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAXAKEKA

Ukuncedisa ngethuba likaxakeka, uninzi olucacileyo lwamalungu asekuhlaleni ( 92.6%) luyibone imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 njengelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-5.6% ibona ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 iye yamkeleka njengexesha lokuphendula malunga nethuba likaxakeka

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Ukumiselwa kwe-CPF yayikukuphucula unxulumano lwamapolisa noluntu nokwenza amapolisa ukuba aphendule ngakumbi kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yoluntu olo kufuneka inike igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nakulwabiwo loovimba bokubonelela olwenziwa ngamaPolisa oMzantsi Afrika ( SAPs)

Xa bebuzwa ukuba i-CPF yengingqi yabo ilinikile na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa, i-43%, ithe ewe ilinikile lo gama yona i-35% iphendule ngelithi ayazi. Xa bebuzwa ukuba i-CPF ilinikile na igalelo kwindlela amapolisa abababa ngayo oovimba, uninzi lwamalungu (46%) lubonise ukuba ilinikile igalelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKAPA

Abathathi-nxaxheba baseCamps Bay bavumile ukuba uqeqesho oluphuculweyo, ubundwalutho babantu abatsha oluphuculweyo, iinqobo ezisesikweni zomsebenzi ezingcono, indlela yokuhlangabezana nenkonzo, izixhobo zokusebenza ezingcono ezifanele indawo engqongileyo, indlela engcono yokusebenzisa nokumiselwa koovimba kufuneka ziqwalaselwe ngeliso elibukhali.

Kumbindi-Kapa, i-CPF inembono yokuba makangeniswe ngakumbi amagosa aza kuncedisa amapolisa aze abonelelwe ngentlawulo. Inani lamapolisa ajikeleza ngeenyawo nangamahashe malandiswe emini nasebusuku. Uqeqesho lwamagosa asebupoliseni, ukuqinisekisa ukuba izithuthi zamapolisa (SAPs) zikulungele ukuhamba endleleni kwaye zisoloko zisebenza kunye ngokupheleleyo, zinxibelelana ngqo noluntu ukudibana nokwazi amagosa asebupoliseni kwindawo ohlala kuyo, konke oku makwenziwe. Amapolisa oMzantsi Afrika (SAPs) kufuneka axhotyiswe ngeemeko zomsebenzi ezingcono, izixhobo zokusebenza, uqeqesho nenkxaso engcono .

Amapolisa kufuneka aqeqeshelwe ukuba nobubele obugqithisileyo kwakunye nobuchule bokusingatha umsebenzi. Umthetho othi, “Dubula ubulale,” kufuneka uphinde uqwalaselwe nanjengoko abantu abamsulwa bebulawa xa kudutyulwana. Ukuthengiselwa kwabantwana imipu yokudlala, kukhuthaza isimo sobundlobongela, kwaye kufuneka kupheliswe. Iimpawu zentsulungeko (values) nemithetho siseko (principles) efanelekileyo mayibethelelwe ezingqondweni zolutsha olusakhulayo, ukuthengiswa kwemipu neelayisenisi makupheliswe. Abacuphi neeyunithi zamagosa ophando mazizistwe kumaqela amacandelo ukuze kuqinisekiswe

Ukusebenza kwelungu ngalinye le-SAP kufuneka lijongwe ngeliso elibukhali mihla le. Iyafuneka into yokuba abathengisi beziyobisi ezingekho mthethweni babekwe esweni ngolona hlobo, abaphuli-mthetho bangahlekelwa nakancinci, kwaye kusetyenziswe bonke oovimba abaluncedo, kubandakanywe nemithetho yokulwa ulwaphulo-mthetho.

Ukunamathelana kwabahlali kufuneka kuqiniswe; unxulumano lwamapolisa asekuhlaleni kufuneka kuphuculwe, ukusekwa kwezixhobo zokuzonwabisa ngenjongo yokuqoqosha ulutsha olungaqeqeshwanga, ukunqaba kwengcina-sifuba kudala iingxaki. Bonke abantu ababandakanyekayo ekunikeni uncedo kuqukwa nabahlali kufuneka babuyele kwizinto ezisisiseko. Iyafuneka into yokuba kubonakaliswe uthando xa kusiliwa ulwaphulo-mthetho kuzo zonke iingingqi, nokuzuza intlonipho. Kuqinisekiswe ukuba amaqela amacandelo ayagcinwa, amagosa asebupoliseni angaphoswa ngapha nangapha.

EKensington abathathi-nxaxheba banembono yokuba abahlali abagade ucwangco mabangathi banikwa ingqwalasela enkulu. Amapolisa makazame ukuzuza ukuthenjwa ngabahlali. Uluntu lucela ukuba ifowuni yecandelo elithile mayiphendulwe ngalo lonke ixesha.

EMaitland kufuneka longezwe inani lamagosa asebupoliseni neeveni zamapolisa.

EPinelands kufuneka longezwe inani lamagosa asebupoliseni, izithuthi namapolisa ajikelezayo ecandelo malandiswe. Malingathi liyenyuka inani labasebenzi abaqeqeshiweyo nabaxhotyiswe ngendlela eyakhayo yokujongana noluntu. I-CPF ifuna kubekho oonomathotholo abaneeswitshi ezinokusetyenziswa nezinye endlwini enye..

Isebe lezoKhuseleko loLuntu liyacelwa ukuba lincedise i-CPF ngoovimba abaluncedo,ezifana noonomathotholo abaneeswitshi ezinokusetyenziswa nezinye endlwini enye. Isebe kufuneka lifumane ingcaciso malunga nendima eliyidlalayo ekulawuleni i-CPF. Makuphuculwe unxibelelwano phakathi kwamapolisa neemfuno zoluntu. Amagosa asebupoliseni, akwi-CSC athathwe kwezinye iindawo makaxhotyiswe ukuze abe nakho ukuphendula ifowuni ngendlela ephucukileyo xa esingathe izikhalazo zoluntu. Sisicelo into yokuba amalungu afumene uqeqesho olungcono noluchanekileyo. Amalungu makaqeqeshwe ukuze aphathane ngokufanelekileyo noluntu. Indlela yokubonakala kwamapolisa ekuhlaleni mayiphuculwe, ukusuka nokuya kwizikhululo zikaloliwe.

ESea Point umba wemisebenzi engekho mthethweni efana nokuthengiswa kwemizimba (ukuhenyuza), ukulalana kwamadoda, nezibhadubhadu, kufuneka zonke ezo zinto ziqwalaselwe kuba amapolisa akazihoyi ezi ngxaki. Abaphathi bamacandelo kufuneka babe neelephthophu (laptops). Amalungu e-SAPS kufuneka afumane izibonelelo zokuwakhuthaza ukuze aphumeze umsebenzi wawo ngokufezekileyo. Kufuneka kubekho ubudlelwane nokuthembana phakathi kwamapolisa asekuhlaleni nabahlali baloo ndawo. KwiTable Bay habour



Kuyacelwa eCamps Bay ukuba uqeqesho lwamapolisa kufuneka luqhutywe ukuphucula ukungeniswa kwesininzi sabantu abatsha, iinqobo ezisesikweni zemisebenzi ezingcono nendlela yokukhawulelana neenkonzo, izixhobo zokusebenza ezifanele indawo esingqongileyo, ukusetyenziswa nokumiselwa ngendlela engcono koovimba abazizibonelelo.

EWoodstock abathathi-nxaxheba banembono yokuba isikhululo samapolisa asikho kwimeko eyamkelekileyo. Kukho ingcebiso yokuba isikhululo kufuneka simiswe kufutshane necandelo 1 apho kukho khona ulwaphulo-mthetho oluthe kratya. Abaphathi becandelo kufuneka babe neqela elibika kukubo, kwaye eli qela kufuneka liqhelane necandelo.Okwangoku amaqela abika kubaphathi abazishifu (shift managers) abangengabo abona Bantu abasebenza okanye abaqhuba lo msebenzi wokujongana  nolwaphulo-mthetho. Abaphathi ziishifu kufuneka bamiselwe ngokutsha ezitalatweni nakumacandelo ukuze ibengabo abayila into ngaphezu kokuba basabele kwimeko ethile. Amagosa amakhulu afuneka ngobuninzi bawo kwiqela labaphathi. Amapolisa ongameleyo kwicandelo kufuneka abenovimba wengqokelela ecwangcisiweyo (database) yezinto ezimalunga nabaphuli-mthetho abaziwayo eluntwini. EWoodstock amapolisa kufuneka athobele ikhowudi yemithetho ecwangcisiweyo yendlela yokuziphatha (code of conduct)

Abathathi-nxaxheba baseMaitland bacela isikhululo samapolisa esingathi sikhulwana.

## 4.7.4 IKLASTA YAMAPOLISA ASECLAREMONT

IKlasta yamaPolisa aseClaremont anezikhululo ezithathu zamapolisa, ezizezi: izikhululo zamapolisa zaseClaremont, Mowbray naseRondebosch. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 24:II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASECLAREMONT (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **EClaremontt** | Ukuphangwa uhamba ngesiththi | Ukubiwa | Ukutyhuthulwa | Uqhekezo | Ukhuthuzo |
| **EMowbray** | Uhlaselo ngeenjongo | kwemoto<br><br>Ukubiwa | kwemoto<br><br>Ukutyhuthulwa | kwiindawo ezihlala abantu<br><br>Uqhekezo | kwiindawo ezihlala abantu<br><br>Ukhuthuzo |
| | zokonzakalisa emzimbeni, ukhuthuzo oluqhekekileyo, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | kwemoto | kwemoto | kwiindawo<br><br>ezihlala abantu | wiindawo<br><br>ezihlala abantu |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **E-Rondebosch** | Uhlaselo ngeenjongoBH, zokonzakalisa emzimbeni, ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uhlaselo oluqhelekileyo, Ukuphangwa uhamba ngesithuthi | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu, ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zaphandwa kwisaveyi, ngokolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwiKlasta yaseClaremont, zibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho eziwelela kwiingigqi ezahlukeneyo. Ukuphangwa uhamba ngesithuthi, ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu kunye nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwiingozi ezahlukeneyo.

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUKHAWULELANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) lubonise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo babefanelekile eluntwini, lo gama i-42% yabathathi-nxaxheba ivakalisa ukuba aba vimba bebonele ngokungephi ibe yiClaremont (89%) , lo gama isikhululo isikhululo Mowbray (89%) nesaseRondebosch (83%) sibonise ukuba oovimba babo babefanelekile

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswe ngokufezekileyo, ize yona i-39% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseRondebosch (100%) naseMowbray (78%) libonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseClaremont (78%) bebonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo..

### IV) IZIKO LWEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, yaza yona i-30% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRodebosch (100%) naseMowbray (78%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi eClaremont (56%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Inkoliso yabathathi-nxaxheba (73%) kwiklasta yamapolisa aseClaremont ibonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka naphantsi kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi kunye noovimba abathile. Le yingqokelela-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini, nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMowbray (100%) naseRondebosch (100%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba baseClaremont (75%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%), sibonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (50%) sabonisa ukungoneliseki ziinkonzo ngabecuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRondebosch (100%) naseMowbray (83%), lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. EClaremont, uninzi lwabathathi-nxaxheba (89%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngamapolisa. . .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-13% iye yabonisa ukuba amapolisa ayawakhusela amangqina, yaza i-8% yanengcinga yokuba amangqina akakhuselwanga.

Uninzi lwabathatEhi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa ezithathu, lubonise ukuba alwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (63%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa kufuneka kuqhutywe emini nasebusuku. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (67%) naseMowbray (67%) lucele ukuba ukujikeleza kwamapolisa okuthe kratya makuqhutywe emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' aye asiwa iso

Yi-67% yabathathi-nxaxheba, njengento ebalulekileyo ekubonakaleni kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (78%) naseMowbray (67%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘ okumiswa usetshwe, ’kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kuye kwaqatshelwa yi-54% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eClaremont (78%) neKlawer Rondebosch (67%) lubonise ukuba makuqhutywe ngokupheleleyo ukugcinwa kocwangco.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa kwixesha likaxakeka, uninzi (92%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-8% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (46%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo zaso, lo gama i-27% ibonise ukuba ayinalwazi loko, yaza i-27% yaphendula ngelithi abaliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRondebosch (67%) lubonise ukuba igalelo bayalinika kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eClaremont (56%) uninzi lubonise ukuba i-CPF ayiliniki igalelo..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65%) lubonise ukuba ii-CPF zinika igalelo ngokwendlela amapolisa ababa ngayo oovimba abazizibonelelo kwimimandla yabo, lo gama i-18% ibonise ukuba abaliniki igalelo, yaza i-17% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na uncedo ngokwendlela ovimba ababiwa ngayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMowbray naseRondebosch (60%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo..

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASECLAREMONT

EClaremont kucelwe ukuba unxibelelwano nawo onke amaqela afana ne-CPF, abalawuli bamacandelo, amalungu agadayo ebumelwaneni (NHW) ,njl njl, maluphuculwe. Inkonzo yamapolisa kwi-CSC mayinikezelwe ngamagosa asebupoliseni. Eminye imibandela ephakanyiswe eClaremont, ibandakanya abasebenzi abafundileyo, ukugcinwa emgangathweni kwezithuthi , ukuphendulwa kweemfonomfono, ijelo lonxibelelwano lokuba uluntu luzityande igila kwaye lukwazi ukuyimela into oluyithethayo, ukuba nobuchulexa uphethe umicimbi yamaxhoba, ukufaka engqondweni ingcinga yokuzingca ingeyiyo eyobunganga, ukukhuthaza ukuzibandakanya noluntu nokuba ngumzekelo. .

**Abathathi-nxaxheba baseMowbray bacele ukuba uqeqesho oluthe kratya lokusempangelweni luyafuneka ukuzama ukufikelela nokugcina imigangatho eyiyo yempumelelo. Kukho isicelo sokuba kubekho uvumelwano olungatshintshiyo nabaPhathi besikhululo abamana ukumiselwa kwisikhululo. Amapolisa kufuneka ababambe abahlala ngokungekho mthethweni kwizindlu ezingasahlali bantu.**.

Kukho iingxaki ezinkulu kulo mmandla zokuphazanyiswa yintswela-ntlonelo edalwa ngabaqhubi beteksi-ukuvela umise nje ngokungekho mthethweni, ukuqhuba ngesantya esiphezulu nokupopoza ngendlela engekho similweni, zezona ngxaki zingamandla ezi. Ezi ndlela zokuziphatha zinegalelo kwintlalo yentswela-mthetho efuna ingqwalaselo. Makumanyanwe ngamandla noluntu. .

Abathathi-nxaxheba eRondebosch bathe ukuze ukuqhubeka kwezinto kube nozinzo, kufuneka amagosa aphetheyo avunyelwe ukuba ahlale ixesha elide kwisikhululo ukuze abe nokwenza iinguqu ezifanelekileyo. Amagosa aphetheyo asoloko efuduswa xa kanye aqalisa ukwenza umahluko kwisikhululo. Abafundi nabasebenzi abaselula basalufuna uqeqesho oluthe kratya lokuthatha iinkcazelo nokunxibelelana ngemfonomfono

## 4.7.5 IKLASTA YAMAPOLISA ASEDELFT

IKlasta yamaPolisa aseDelft inezikhululo ezine zamapolisa, ezi zezi: Belhair, Bellville South, Delft neRavensmead. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBelhar** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| **IBellville South** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IDelft** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto |
| **IRavensmead** | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ukuthathela umthetho ezandleni |

Izinto ezithe zafunyaniswa kwisaveyi yeKlasta yaseDelft, zibonisa ukuba uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni nohlaselo oluqhelekileyo, zezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO EZIHLALA ABANTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (83%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa abafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-17% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba oovimba bebefaneleke ngokungephi..

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo,yaza i-41% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (75%) neRavensmead (63%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eBellville South (55%) babonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LWEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, lo gama i-45% yathathi-nxaxheba yabonakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBellville South (75%) naseRavensmead (63%) libonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseDelft (78%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

**(A INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSCS**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) kwiklasta yamapolisa aseClaremont lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo yaza i-45% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.Oku kwenzeka naphantsi kokuba bebone ukunqongophala kwabasebenzi kunye noovimba abathile. Le yingqokelela-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (75%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo. .

**V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI**

Abathathi-nxaxheba abangaphezu kwesiqingatha (54%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (46%) asoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ERavensmead uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%).lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

**VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (38%) alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, lo gama i-35% ibonise ukuba amangqina akhuselwe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (44%) lubonise ukuba lucinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe, saza esinye isiqingatha asabi nalo ulwazi lokuba amangqina akhuselwe na.

**VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA**

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa kufuneka kuqhutywe emini nasebusuku. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (78%) naseRavensmead (63%) lucela ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya ‘okumisa usetshwe’ aqatshelwe yi-72% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (88%) naseDelft (78%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo, kuye kwaqatshelwa yi-41% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (63%) naseDelft (56%) lubonise ukuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kwamacandelo makuqhutywe.

**VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA**

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (64%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 ukuba lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-21% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile ngexesha likaxakeka. I-11% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kwengama-20 yamkelekile ukuba amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRavensmead (63%) lubonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile ekubeni amapolisa aphendule kwiimeko zolwaphulo-mthetho. .

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZEZIKHULULO ZAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (44%) lubonise ukuba alwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa, ekubeni i-41% yona ibonise ukuba akukho galelo linikwayo, i-15% iyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDelft (63%) lubonise ukuba akukho galelo linikwayo kwizicwangciso zezikhululo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) lubonise ukuba alwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwindlela ekwabiwa ngayo oovimba abaluncedo ngamapolisa kwimimandla yabo, ekubeni i-31% yona iye yabonisa ukuba akukho galelo linikwayo, i-19% yona ibonise ukuba liyanikwa igalelo kwindlela emkwabiwa ngayo oovimba abaluncedo..

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEDELFT

EBelhar abathathi-nxaxheba babonise ukuba isikhululo samapolisa sincinci kwaye asinakho ukubonelela iimfuno zoluntu. Amapolisa ayacelwa ukuba aziqhelanise nemibutho yasekuhlaleni. Uqeqesho olumalunga nezakhono zokunxibelelana lwabasebenzi abakwizikhundla eziphambili maluqhutywe, ukuqinisekisa ukuba amagosa asebupoliseni afikeleleka ngakumbi eluntwini. Kukho isicelo sokuba xa kuqeshwa amagosa amatsha asebupoliseni, umphathi wesikhululo samapolisa makabazise kwiinkokeli zabahlali. Amagosa asebupoliseni asebenza kakuhle makaqwalaselwe, ize indlela etenxileyo obuqhutywa ngayo ubupolisa isiwe ngaphambili. Amanye amagosa asebupoliseni asebenzisa iziyobisi aze azithenge kwalapha kubahlali. Lo mkhuba ubeka ibala elibi kwisidima samapolisa. Inkqubo yovavanyo lokubona amagosa awufaneleyo lo msebenzi, malwenziwe, kwaye kufuneka kuthatyathwe amanuathelo kwabo abophula umthetho. Amapolisa ayacelwa asuse imiqobo eyenza ukuba basebenze bengoozimelegeqe, angabi ngoozwilakhe, abonise ukungazigwagwisi, kwaye alungele ukubiza imibutho xa kukho ingxuba-kaxa.

EBellville South, amagosa asebupoliseni abonwa njengabantu abanyotywayo ngabanini bezimokolo kunye nabathengisi beziyobisi, kwaye amagosa afana nala, kufuneka atshutshiswe. Amapolisa ayacelwa ukuba asebenzisane ne-CPF, aze ancedise apho kukho imfuneko nanjengokuba ingenazo ii-ofisi noovimba abaluncedo. I-CPF icela ukumenywa kwiintlanganiso zolawulo. Kukho isicelo sokuba ulawulo lwe SAPS malubonakale ngakumbi eluntwini. Amapolisa kufuneka aphucule unxulumano loluntu xa esebenza nabahlali. Amaxesha okuphendula kwiimeko ezidibene nolwaphulo-mthetho kufuneka ziphuculwe. Uqeqesho lwamalungu namajoni angamalalela lubalulekile. Isikhululo masiwachwethele ngaphandle amagosa asebupoliseni anobuqhopholololo, siqeshe amagosa asebupoliseni azinikezeleyo emsebenzini.

ERavensmead abathathi-nxaxheba banembono yokuba i-SAPS kufuneka yazise i-CPF. Ukubonakala okungaphezulu kwamapolisa kubalulekile kwaye iintlanganiso zoluntu kufuneka ziqhutywe .

Ngokwabathathi-nxaxheba, iDelft ineyantlukwano ngokwenkcubeko nangokobuhlanga kwaye kufuneka kunikwe ingqwalasela kumba weyantlukwano. Imfuneko yokugcina uluntu ngokwamacandelo angawalo, kwaye kufuneka kuqhutywe iintlanganiso ezingaphezulu zika-NHW. Amatyala obundlobongela abikwe njengezinto ezingaphathwanga ngokufanelekileyo. Kukho amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ emmandleni. Iivenkile zabaphambukeli abavela kwamanye amazwe ezivula kude kube sebusuku, ziyaluchaphazela ukhuselo loluntu. Kukho isicelo sokuba abanini beeshibhini abangawathobeliyo amaxesha okuvala kufuneka baqondiswe, ngobubi besi senzo baze bathiwe nka ngentlawulo eqatha.

Ngexesha le-Community Safety barometer project 2008/09, abathathi-nxaxheba baye baqaphela uqhekezo lwezindlu, ukubiwa kweemoto, ukubulala, ukhuthuzo, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukuphangwa uqhuba imoto, ukuxhatshazwa ngokwesondo, impatho-mbi ebantwaneni, njengezona zenzo zoyikekayo zolwaphulo-mthetho eDelf. Abathathi-nxaxheba benze isindululo sokuba urhulumente kufuneka abonelele ngezixhobo zokonwabisa nemisebenzi eyenziwa lulutsha nokunciphisa ukufumaneka kotywala neziyobisi. Umba wamaqela abophuli-mthetho (gangs) eluntwini kufuneka uhlangatyezwe ngurhulumente

Izinto ezithe zavezwa luphando malunga nezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo engunombolo 1 kwiKlasta yaseKhayelitsha, zalatha iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 ezinabele kwimimandla eyahlukeneyo. Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ubundlobongela basekhaya, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, uhlaselo ngenjongo yokonzakalisa emzimbeni, ukubiwa kwemoto, zixelwe njengezenzo ezifuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. IKhayelitsha ichongwe njengenye yeendawo ezigqugqise ngokubukulwa kwezinye iintlanga kwiphondo, phofu abathathi-nxaxheba abakhange bakubone oku kubukulwa kwezinye iintlanga njengesenzo solwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Abathathi-nxaxheba (66%) bavakalise ukuba oovimba abaluncedo ebupoliseni bebengafanelekanga ekukhawuleleni ulwaphulo-mthetho eluntwini, ekubeni yona i-29% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba abazizibonelelo bebefanelekile. Isikhululo samapolisa esivakalise ukuba oovimba bebefaneleke ngokungephi ibiyiHarare, ekubeni isikhululo saseMacassar sivakalise ukuba oovimba babo bebefanelekile.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Amalungu asekuhlaleni abuziwe ukuba oovimba ababonelelayo basetyenziswa ngokufanelekileyo na. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) lufumanise ukuba oovimba ababonelelayo abakhange basetyenziswe ngokufanelekileyo. I-43%.yabathathi-nxaxheba ithe aba vimba basetyenziswe ngokufanelekileyo. Izikhululo zaseHarare naseGordons Bay zivakalise ngazwinye ukuba oovimba babo basetyenziswe ngokufezekileyo, sona isikhululo samaPolisa aseMacassar sibonise ukuba kulapho khona abathathi-nxaxheba abaninzi bacinga ukuba oovimba abakhange basetyenziswe ngokufezekileyo.

## IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Amalungu asekuhlaleni aye aphendula kumbuzo ofuna ukuqonda ukuba ingaba amalungu abona onele na amagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwiziko leenkonzo zoluntu (CSC). Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba aluboni kwanela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, apho khona iGordons Bay iye yazuza awona manqaku aphezulu. IMacassar sisikhululo samapolisa apho kuye kwakho ingcinga engephi ngokonela kwamagosa asebupoliseni, ancedisa kwi-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba, 50% lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC, ebengathobekanga kwaye engeloncedo kumalungu asekuhlaleni.kwi-CSC. Ngokuqinisekileyo i-47% yabathathi-nxaxheba kulo mbuzo iye yavakalisa ukuba amapolisa athobekile kwaye eluncedo. Isikhululo saseHarare sifumene awona manqaku aphantsi nanjengoko abathathi-nxaxheba babengathobekanga kwaye bengeloncedo, lo gama iGordons Bay iye yafumana amanqaku ancomekayo nanjengokuba abathathi-nxaxheba bayo baye babonisa ukuba amapolisa kwisikhululo sabo ebeluncedo kwaye enobubele.

### V) IINKONZO EZINIKWA NGABACUPHI.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ILwandle ibisisikhululo esoneliseke ngokungephi ziinkonzo zabo, lo gama iGordons Bay kwakhona iye yafumana amanqaku ancomekayo kuba bonke abantu abathe baphendula kulo mbuzo, ngokuvakalisa ukuba abacuphi baye banikezela iinkonzo ezanelisayo.

Kukho nje ubunzima obuthile ekucazululeni ngokuchanekileyo bokuba kutheni abathathi-nxaxheba beziva bonelisekile ziinkonzo, kuba basenokuba bafumene iimpembelelo zeziphumo zamatyala.Ezinye iingcebiso., umzekelo, zokuba kunokwenziwa ntoni ukuphucula ezi nkonzo, kukuqesha abacuphi abanezakhono ezithe chatha kwaye kufuneka abacuphi banikwe oovimba abaninzi abazizibonelelo abazakusebenza ngabo ukuphucula iindlela zabo zokuphanda .

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

I-38% yabathathi-nxaxheba ayikhange yazi nokuba amangqina akhuselwe na. I-31% yona iye yanengcinga yokuba akhuselwe, yaza i-21% yabathathi-nxaxheba yanengcinga yokuba amapolisa akawakhuselanga amangqina. Umntu omnye othe waphendula kulo mbuzo uthe iGordons Bay iye yawakhusela amangqina, kodwa ne-90% yabathathi-nxaxheba kulo mbuzo, ithe isikhululo samaPolisa aseHarare sithe amapolisa awakhusele amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho. ILwandle ifumene awona manqaku aphezulu nanjengoko iyindawo apho uninzi lwabathathi-nxaxheba beSomerset West bengakhange bazi nokuba amapolisa awakhusele na amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho.

Olu cazululo lokuqonda ngenkonzo yokukhusela enikezelwa ngamapolisa kumangqina, luthetha ukuba kusenokubakho ukusilela kokuzithemba malunga nendlela eyiyo yokuxela izenzo zolwaphulo-mthetho okokuqala, kwakhona nokusilela kwezinto ezilindelekileyo kwinkxaso, yokulandelela kunye nokufumana isiphumo sezenzo zolwaphulo-mthetho ezenziwe ekuhlaleni.

Apha ngasezantsi sijonga kweminye imiba echaphazela imbono yabathathi-nxaxheba malunga nokubonelela kwamapolisa ngeenkonzo kwimimandla yabo.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Ukuqhutywa ngokupheleleyo kokujikeleza kwamapolisa ngokwamacandelo, kubonwe yi-28% yabantu abathe baphendula, njengeyona ndlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa eluntwini. A,aphulo athe chatha 'okumiswa usetshwe' abonwe yi-23.8% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Kubathathi-nxaxheba, i-26% ibonise ukuba ukujikeleza okuthe chatha kwamapolisa emini nasebusuku kunokuphucula ukubonakala kwamapolisa kwimimandla yabo abakuyo, yaza i-11.2% yavakalisa ukuba ukwandiswa kweenkqubo zokujikeleza kwamapolisa ebusuku, loo nto ingakwandisa ukubonakala kwamapolisa. I-10.5% ivakalisa ukuba ukwandiswa kokujikeleza emini kungakwandisa ukubonakala kwamapolisa emmandleni.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi oluthe gca (60%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama yona i-21% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwixesha likaxakeka.

### IX) IGALELO LE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Ukumiselwa kwe-CPF kwakusenzelwa ukuphucula unxulumano lwamapolisa noluntu nokwenza ukuba amapolisa abe ngathi amapolisa athe kratya ukuphendula kwiimfuno zoluntu. Ukuphumeza oku, i-CPF yolo luntu kufuneka ibe negalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa nasekwabiweni koovimba abazizibonelelo ngu-SAPS.

Xa kubuzwa ukuba u-CPF wommandla wabo ubenalo na igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa i-41% ithe libekho igalelo, lo gama i-28% iphendule yathi ayinalwazi loko. Xa kubuzwa ukuba i-CPF ilunikile na igalelo ngendlela ekwabiwa ngayo oovimba abazizibonelelo, i-50% ibonise ukuba linikiwe igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YASEKHAYELITSHA

Abathathi-nxaxheba baseGordons Bay babonise ukuba abantwana abahlala ezitalatweni, izibhadubhadu nabantu abahamba becela amalizo, ukhuphiswano lokubaleka ezitalatweni (ngooLwezihlanu nangemiGqibelo), ukupakwa kweemoto ekungekho mthethweni ngababukeli, iibhari ezivula emva kwentsimbi yesibini kusasa, zingumngeni omkhulu ofuna ukukhawulelwa ngamapolisa emmandleni. Ukhuseleko nolawulo kwiipropati zoluntu, umz: i-'caravan park' neKoggel Bay kufuneka ziphuculwe. Ukubiwa kweeKheyibhile zemibane kungxamele ukuba yingxaki eqhubeka rhoqo. Ubukho besithuthi samapolisa esinye kuphela ndawonye nommandla oneendlela ezininzi ezingenazibane, loo nto yenza ukuba kubenzima ukukhawulelana nengxaki.

.

EHarare abathathi-nxaxheba banembono yokuba amapolisa kufuneka agade umimandla yawo kwaye anxibelelane namalungu asekuhlaleni. Ukujikeleza ngeenyawo kwamalungu asebupoliseni kufuneka kuqhutywe.

Ngexesha lokutyelela koMphathiswa wezoKhuselo eHarare, amalungu asekuhlaleni aphakamisa imiba yokunikezelwa kweenkonzo, ezibandakanya oku kulandelayo:

W) Ukusilela kwentsebenziswano ngakwicala le-SAPS,

X) Ii-SAPS engajikeleziyo ngeenyawo,esuka ijikeleze ikhwele izithuthi, kucelwa iithotshi neebhatyi

Y) Ukwanda kokuthengiswa kweziyobisi: ukuvuza kwenkcazelo, malunga nabathengisi-ziyobisi xa kuthe kwabikwa kwi-SAPS, abantu abajikelezayo bafumana ukonzakala xa bejikeleza emmandleni,

Z) I-SAPS ihlasela abantu ngaphandle kwesizathu xa beqhuba inkqubo yabo yokujikeleza naxa besenza usetsho.

AA) Ukusilela kwemiba yokunikezelwa kweenkonzo( ukubonakala kwe'Flying Squad yeSAPS, ukusetyenziswa kwekwefowuni ngendlela ephucukileyo,ixesha lokuphendula) noku-

BB) silela konxibelelwano namaqela oluntu .

Abathathi-nxaxheba baseLwandle bacebisa ukuba amalungu e-CPF namalungu e-NHW kufuneka asebenze ngokubambeneyo namapolisa xa kusenziwa inkqubo yokujikeleza. Amagosa asebupoliseni ancedisayo makaqeshwe.I-CPF kufuneka ibe neethegi zamagama kwaye iSebe lezokhuselo loLuntukufuneka lutyelele amalungu e-CPF kube kanye ngenyanga ubuncinane. Amapolisa ayacelwa , elelezwa ukuba angaseli ngexesha lomsebenzi. Amapolisa makajikeleze ummandla ne-CPF, ne-NHWes. Ngempela-veki kufuneka bazivale iishibhini. Ezo shibhini, zinamaphepha-mvume kufuneka zibekwe esweni ukuvumelana namaxesha okuvula.

Kukho isicelo eLwandle sokuba i i-CPF mayirejistarishwe. I-CPF ne-NHWes kufuneka babonelelwe ngamancedo ukuze bakhuthazeke kumsebenzi wabo. Okokugqibela, amalungu e-CPF kufuneka abenonxulumano oluluqilima ne-SAPS. Angajikeleza namapolisa no-SANCO, neekomiti zezitalato kufuneka zinikezele ingxelo ku-CPF, aze no-CPF anikezele ingxelo emapoliseni.

Abathathi-nxaxheba baseSomerset West banembono yokuba amapolisa kufuneka ahlangabezane nengxaki yabantu abazizibhadu-bhadu emmandleni. Siyazi ukuba aba bantu bazenza ngokungathi bajonga abaphuli-mthetho. Ngokuma kwamanani abemi baseSomerset West nokucingela inani eliphakamileyo lezenzo zokhuthuzo, iqela lamapolisa elijikeleza nezinja neqela lamapolisa ajikeleza ngamahashe libaluleke ngokugqithisileyo. Amapolisa kufuneka anike inkxaso nolwazi lokuqhubekayo kwiqela loluntu okanye iinkokheli zoluntu, asebenza nazo ukubaqondisa ngakumbi ngemiba ukuze bakwazi uklugcina uluntu luhlale lukwazi okuqhubekayo'

**Abathathi-nxaxheba baseMacassar bacebise ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka achubeke, azinikele, abe ngqongqo kwaye azingce ngokuba ngamalungu e-SAPS. Ukuziphatha ngokuphucukileyo nangesidima kuyancomeka. Abalingane ngokwasemsebenzini namalungu asekuhlaleni kufuneka bahlonelane. Amapolisa kufuneka abonise intsingiselo eyakhayo kwigama elithi, I-S.A.P.S. Ukufumana inkonzo engcono yamapolisa, isikhululo kufuneka siwachwethele ngaphandle amagosa asebupoliseni anobuqhopholo. I-SAPS kufuneka ifumane amagosa asebupoliseni athembakeleyo nasebenza ngokukhuthala. Amapolisa ayacelwa ukuba aphendule ngokukhawuleza xa athe abizwa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Amapolisa kufuneka enze izicwangciso kunye nezikolo nezinye iidawo zoluntu ukuthintela oonobangela abaziingcambu zezifo ezinganyamezelekiyo ezifana neziyobisi. Uluntu lugcwele ngabantu abantetho yabo isisiAfrkansi, ngoko ke amagosa asebupoliseni antetho yabo isisiAfrikansi makaqeshwe kwisikhululo samapolisa aseMacassar**

Abathathi-nxaxheba baseStrand baphakamise ukuba amagosa asebupoliseni ancedisayo makangeniswe emsebenzini, aze anikwe uqeqesho oluchanekileyo.

Abathathi-nxaxheba baseLingelethu West baceba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa,ingakumbi ngeempela-veki, makuqhutywe kwiindawo zokuhlala ezingamiselwanga ngokusesikweni ezifana neMonwabisi Park nezikufuphi neendlela zoololiwe. Makutyelelwe izikolo ukuphakamisa ulwazi malunga nokusetyenzisa iziyobisi, utywala nokuxhaphaza ngokwesondo. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba izikhululo zibe neentolongo ezahlukeneyo zabaphuli-mthetho abaselula nabadala. Amapolisa makazame ukuzenza idini eluntwini. Amagosa asebupoliseni angaziphathanga kakuhle kumalungu asekuhlaleni, kufuneka ahambe ucweyo (workshops) ukuphucula iindlela zokunxulumana noluntu.

## 4.7.7 IKLASTA YAMAPOLISA ASEKRAAIFONTEIN

IKlasta yamaPolisa aseKraaifontein inezikhululo zamapolisa ezithathu, ezizezi :-iBrakenfell, iDurbanville neKraaifontein. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi ye-PNP.

### I) IZENZO ZPLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| IsiKhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IBrakenfell** | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zoshishino, ubusela obuqhelekileyo |
| **IDurbanville** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ukubulala, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukutyhuthulwa kwemoto, ukubulala, nokhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **EKraaifontein** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Undlobongela basekhaya, ukuphangwa uqhuba imoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zafunyaniswa kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseKraaifontein, zibonise iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho, ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1, kwimimandla eyahlukeneyo. Ubundlobongela basekhaya, ukhuthuzo oluqhelekileyo nokuhlasela ngeenjongo zokulimaza emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo kunombolo 1, kwimimandla eyahlukeneyo. IKraaifontein ichongwe njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga (xenophobia) ephondweni, phofu ke abathathi-nxaxheba bonke khange bakuchonge ukubukulwa kwezinye iintlanga njengelona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (84%) lweklasta yesikhululo saseBellville, sivakalise ukuba oovimba abazizibonelelo bebengafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-16% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bebefanelekile. Zonke ii-CPF, iBrakenfell (100%) , Kraaifontein (86%) neDurbanville (67%) zibonise ukuba oovimba babo bebengafanelekanga ukukhawulela ulwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

---

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) babonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama i-47% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBrakenfell (83%) naseKraaifontein (60%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama uninzi lwaseDurbanville lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo kwimimandla yabo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni abonele ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-21% yabonakalisa ukuba ebengonelanga amagosa asebupoliseni kwi-CSC. ZONKE ii-CPF, i-Durbanville (100%), iKraaifontein (71%) neBrackenfell (67%) zizuze amanqaku aphezulu kweli candelo apho bonke abathathi-nxaxheba baye babonakalisa ukuba ebonele amapolisa ancedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (79%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC ebethobekile kwaye eluncedo, yaza i-21% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni ebengathobekanga kwaye engeloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olubalulekileyo olu xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Ii-CPF eBrakenfell (100%), eKraaifontein (71%) naseDurbaville, zibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni .

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi, yaza i-47% ayoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabecuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (100%) eDurbanville naseKraaifontein (75%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwe ngabecuphi, lo gama bonke abathathi-nxaxheba (100%) eBrakenfell abonelisekanga.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (40%) alukhange lwazi nokuba amangqina abophuli-mthetho akhuselwe na, i-30% ibe nengcinga yokuba akhuselwe, lo gama i-30% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amapolisa akawakhuseli amangqina olwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBrakenfell (67%) lubonise ukuba amangqina akhuselwe, lo gama uninzi (67%) lwaseDurbanville luvakalise ukuba amangqina akakhuselwa, saza isiqingatha sabathathi-nxaxheba(50%) eKraaifontein sabonisa ukuba asazi nokuba amapolisa ayawakhusela na amangqina olwaphulo-mthetho .

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (67%) lubonise ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku, kufuneka kuqhutywe. EDurbanville uninzi (71%) yabathathi-nxaxheba icela ukuba kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini, lo gama eKraaifontein kucelwa ukuba amapolisa abe ngathi ayajikeleza ebusuku, eBrakenfell, uninzi (67%) lucele ukuba kujikelezwe emini nasebusuku.

Amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ aboniswe yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EBrakenfell (100%) bonke abathathi-nxaxheba babonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ makaqhutywe. Ukuqhutywa ngokwaneleyo kokubanjwa kocwangco kumacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-71% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. EKraaifontein bonke abathathi-nxaxheba bacebise ukuba kuqhutywe ngokwaneleyo ukubanjwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi olucace gca lwamalungu asekuhlaleni (80%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-10% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkeleke njengelona xesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKraaifontein (86%), lilandelwa yiBrakenfell (83%) neDurbanville (71%), babonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%).lubonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-29% ibonise ukungabi nalwazi loku, yaza i-24% yabonisa ukuba ziyalunika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Isiqingatha sabathathi-nxaxheba eBrakenfell naseKraaifontein sibonise ukuba aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (55%) lubonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo malunga nendlela ababiwa ngayo ngamapolisa oovimba abazizibonelelo kwimimandla yazo, lo gama i-25% iye yabonisa ukuba ayinanto iyaziyo, yaza i-20% yaphendula ngelithi i-CPF iyalinika igalelo malunga malunga nendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) eDurbanville ibonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba (50%) eKraaifontein ithe alinikwa igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBothasig libonise ukuba alunalwazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo ngendlela ebabiwa ngayo oovimba abazizibonelelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKRAAIFONTEIN.

EBrakenfell abathathi-nxaxheba babonise ukuba kukho umqobo olulwimi ndawonye nokunqongophala kwamalungu okuncedisa uluntu kwiingxaki nakumaxesha kaxakeka. Kukwakho nokungoneli kwezithuth ezijongana nolwaphulo-mthetho. Amagosa asebupoliseni ayatyholeka ngokungaphucuki xa ethetha efowunini. Afuna ukuqeqeshwa malunga nendlela yokunxibelelana ngokufezekileyo namalungu asekuhlaleni. Isikhululo samapolisa siyagxekeka ngokunabasebenzi abambalwa. Ubuqhophololo bamapolisa kunye namalungu abandakanyeka kwimisebenzi yolwaphulo-mthetho, kufuneka bugrunjwe neengcambu zabo.

EDurbanville abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa ukulungiselela abasebenzi indawo nokunikezela iinkonzo eluntwini. Ivakele into yokuba amapolisa angumtya nethunga nabanini bezirhoxo nezeeshibhini Ayanyotywa nokunyotywa ngabanini beziyobisi. Ukukwazi ukuyimela inkqubo ye-SAPS malunga neemfuno zoluntu kufuneka kuphuculwe. Amapolisa kufuneka ayithathele ingqalelo engamandla into yokufumana amaphepha-mvume koonoshibhini.

EKraaifontein abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amatyala ezinkundleni afuna ukuphononongwa ukuqinisekisa ukuba akulubeki esichengeni uluntu. Kuyacelwa ukuba amapolisa kufuneka abe ngathi ayazimela izenzo zawo kuluntu..

## 4.7.8 IKLASTA YAMAPOLISA ASEKUILSRIVER

Iklasta yamaPolisa aseKuilsriver inezikhululo zamapolisa ezithathu, ezizezi:- iKleinvlei, iKuils River noMfuleni. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi ye-NPN.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELA EPHAMBILI

**ITHEBHILE 28: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEKUILSRIVER (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhulo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalasela ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 4 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| EKleinvlei | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela Basekhaya, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu kwanezo zoshishino | Ubusela obuqhelekileyo nokubiwa kwemfuyo |
| EKuilsriver | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzalkalisa emzimbeni, ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |
| EMfuleni | Ukuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, Ukuhlasela okuqhelekileyo | Ukubulala | Ukuphangwa uqhuba imoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |

Izinto ezithe zafunyanwa kuphando malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili olungunombolo 1 kwiKlasta yaseKuilsriver, lubonisa iintlobo ngeentlobo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili ekunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Ubundlobongela basekhaya, uhlaselo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto nokuhlasela ngenjongo zokonzakalisa emzimbeni,zibikwe njengolona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (82%) lweKlasta yamapolisa aseBellville, ivakalise ukuba oovimba abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-18% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba bebefanelekile.Zonke ii-CPF, eKuilsriver (100%), eMfuleni (80%) naseKleinvlei (75%) zibonise ukuba aba vimba bebengafanelekanga ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo .

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (56%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-44% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKleinvlei (75%) naseKraaifontein (75%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama bonke abathathi-nxaxheba baseKuilsriver (100%) bebonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (94%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-6% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC, Zonke ii-CPF, eKleinvlei (100%) naseMfuleni (75%) zifumene amanqaku aphezulu kweli candela apho abathathi-nxaxheba babonise ukonela kwamapolisa ancedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65% lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-35% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.

Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba. Olu qokelelo-manani lubalulekile xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nase kudaleni unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Ii-CPF eKuilsriver (100%) naseMfuleni (60%) zibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (94%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-6% yabonisa ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba(100%) eKuilsriver (100%,) eMfuleni (100%) naseKleinvlei (88%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

I-44% yabathathi-nxaxheba ayikhange yazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, enye i-44% ibonise ukuba amangqina akakhuselwangangamapolisa, yaza i-12% yanengcinga yokuba amangqina akhuselwe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMfuleni (80%) lubonise ukuba amangqina akakhuselwanga, lo gama uninzi (63%) eKleinvlei lubonise ukungazi nokuba amangqina akhuselwe na.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (72%) lwabathathi-nxaxheba lubonise imfuneko yokuqhutywa kokujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. EKuilsriver (80%) eMfuleni (80%) naseKleinvlei (67%) abathathi-nxaxheba bacela ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ aye aqwalaselwa yi-61% yabathathi-nxaxheba ukwandisa ukubonakala kwamapolisa. EKuilsriver (80%) naseKleinvlei (63%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ kufuneka aqhutywe. Ukuqhutywa ngokoneleyo kokubanjwa koncwangco kumacandelo kuye kwaqwalaselwa yi-71% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. EKleinvlei (63%) naseKuilsriver (60%) abathathi-nxaxheba bacebise ukuqhutywa ngokwaneleyo ukubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi lwamalungu asekuhlaleni (61%) lubonise ukuba imizuzuemi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-17% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Enye i-17% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yamkelekile. Intsalela yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu engama-20 ukuya kuma-30 isekwamkelekile ekubeni amapolisa aphendule ngamaxesha kaxakeka kulwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuyo yonke imimandla eKleinvlei (63%), Kuilsriver (60%) naseMfuleni (60%) lubonise ukba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lelona xesha lamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. .

## IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (41%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-35% ibonise ukuba ii-CPF azikhange zinike galelo, yaza i-24% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKleinvlei (63%) belungazi nto ngegalelo lwe-CPF, lo gama i-60% eKuilsriver, uninzi lubonise ukuba i-CPF ayikhange inike galelo kwizikhululo zamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%) lubonise ukuba belungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-29% ibonise ukuba akhange linikwe igalelo.

Yaza i-24% yabonisa ukuba ziyalinika igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abaziziboneIelo ngamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (75%) eMfuleni, lubonise ukungazi nokuba liyanikwa na igalelo, lo gama i-60% yabathathi-nxaxheba eKuilsriver iye yabonisa ukuba liyanikwa igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEKUILSRIVER

EKleinvlei abathathi-nxaxheba babonise ukuba kukho ukuphakama komgangatho wobuqhopholol0 kwaye amapolisa abandakanyekayo kufuneka atshutshiswe nanjengoko lo mkhuba ukhokelela ekungathembaneni phakathi kwamapolisa namalungu asekuhlaleni. Kucelwa ukuba ukujikeleza kwamapolisa ngeebhayisekile makusetyenziswe kwimimandla ezichatshazelwa ngokoyikekayo zizenzo zolwaphulo-mthetho. Kukho isicelo sokuncitshiswa kwamacandelo ukuze ummandla ulawuleke ngakumbi.

EKuilsriver abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amaxhoba odlwengulo makanikwe uncedo olukhawulezileyo (abalekiselwe esibhedlele). Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amalungu e-SAPS anobuqhopholol0 makujonganwe nawo. I-SAPS mayigqale kwinkqubo yokugcinwa kocwangco kumacandelo, kwaye kufuneka inamathele kumyalelo wesizwe omalunga nokugcinwa kocwangco kumacandelo. Ii-CPF kufuneka zidlale indima enkulu njengoko zigunyaziswe luwiso-mthetho. Amagosa asebupoliseni kufuneka aqeqeshwe kwaye axhotyiswe kanobom..

EMfuleni abathathi-nxaxheba banembono yokuba iziyobisi ziyeyona mgxaki ekufuneka kujongwane nayo. Amalungu asekuhlaleni anqwenela ukusibanga ngamandla esawo isikhululo samapolisa, kwaye acela ukuba sandiswe. Baninzi abantu abangaqeqeshwanga. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba amagosa asebupoliseni angcono kunye nesikhululo samapolisa asisebenzise ngcono..

## 4.7.9 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMILNERTON

IKlasta yamaPolisa aseMilnerton inezikhululo zamapolisa ezine, ezizezi: IAtlantis, iMelkbosstrand, iMilnerton neTable View. Zonke izikhululo zamapolisa ziyithathile inxaxheba kwisaveyi

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 29: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEMILNERTON (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhuluo samapolisa | Ulwaphulo-mtetho Olufuna ingqwalaselo: 1 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 2 | PUlwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo; 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IAtlantis** | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IMelkbosstrand** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi |
| **IMilnerton** | Uhlaselo ngokonzakalisa emzimbeni, uxhaphazo ngokwesondo nokutyhuthulwa kwemoto | Ukubulala ukhuthuzo oluqhelekileyo noqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **ITable View** | Uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni, ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ulwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi |

Izinto ezithe zafunyanwa kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseMilnerton, zibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Uhlaselo oluqhelekileyo, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ukutyhuthulwa kwemoto, ukubiwa kwemoto nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. IMilnerton ichongwe njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga kwiphondo, nakubeni abathathi-nxaxheba bengakhange bayichonge le ngxaki njengolona lwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili..

### II) UKUFANELEKA KOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (75%) luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwiKlasta yamapolisa aseMilnerton. Ezona zikhululo zichaphazeleka ngamandla ngokwabathathi-nxaxheba yiAtlantis (88%), iMilnerton (80%) neMelkbosstrand (75%). Esona sikhululo esichaphazeleka ngokungephi yiTable View (50%)

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

I-52% yabathathi-nxaxheba, ibonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo. Esona sikhululo sichaphazelekayo yiAtlantis (89%), size esona sikhululo sichaphazeleka ngokungephi yiTable View (50%)

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) kwiklasta yaseMilnerton ibonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kumaziko eeNkonzo zoLuntu. IAtlantis (89%) sesona sikhululo sichaphazelekayo, ize iMilnerton yona (75%) ibe yeyona ichaphazeleka ngokungephi (100%)

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Phantse i-58% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amagosa saebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni. Ezona zikhululo zanelisekileyo yiMelkbosstrand (75%) neTable View (75%). Esona sikhululo soneliseke ngokungephi yi-Atlantis (33%)

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (62%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwimimandla yabo. IAtlantis (89%) ibe ngowona mmandla uchaphazelekileyo, yaza iMelkbosstrand (100%) ayatsho tu ukuchaphazeleka.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (46%) abazanga nokuba amapolisa enza ngokwaneleyo ukukhusela amangqina kunatyala olwaphulo-mthetho. I-42% yabathathi-nxaxheba abanayo ingcinga yokuba amapolisa ayawakhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho. Owona mmandla uchaphazelekileyo ibe yiAtlantis (100%) yaza iMelkbosstrand yabonakala ichaphazeleka ngokungephi.

UUU) ISebe lezokhuseleko loLuntu, iPhepha lamaxesha athile elimalunga neSebe lezokhuselo loLuntu ekuhlangabezaneni nemingeni yokubukula ezinye iintlanga eNtshona Koloni, ngomhla we-8 kuJulayi 2010 alikhange lipapashwe

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumbuzo omalunga nokubonakala kwamapolisa, i-69% yabathathi-nxaxheba ayinayo ingcinga yokuba amagosa asebupoliseni ongezelelweyo ngexesha lasemini angayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. Ukongeza koku, i-54% yabathathi-nxaxheba ayinayo ingcinga yokuba amagosa asebupoliseni ongezelelweyo ngexesha lasebusuku anagayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. I-81% yabathathi-nxaxheba iye yacinga ukuba amagosa asebupoliseni ajikeleza ngokwangezelekileyo imini nobusuku kwimimandla yabo ingayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa, i-77% yabo iye yacinga ukuba amaphulo 'okumiswa usetshwe' kwimimandla yabo, angayiphucula indima yokubonakala kwamapolisa, yaza i-58% yacinga ukuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo, oko kunokuyiphucula indima yokubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, i-81% yabathathi-nxaxheba ayibanga nakho ukucinga eminye imiqathango ngaphandle kwale ikhankanywe ngasentla.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Xa sinokuyibeka dlakadlaka, i-85% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. IAtlantis (100%) ibonakala iyeyabonakala yonelisekile koku.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

I-44% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF zabo aziliniki igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo.IAtlantis (78%) ibe yeyona ndawo ichaphazelekileyo, yaza iMilnerton (60%) yayeyona ndawo ichaphazeleka ngokungephi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60% luthe ii-CPF zabo ziyalinika igalelo kwisicwangciso sesikhululo samapolisa kwimimandla eyeyabo. IAtlantis (89%) ibe yeyona ndawo yanelisekileyo, yaza iMilnerton (40%) yayeyona yaneliseki ngokungephi.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEMILNERTON

Abathathi-nxaxheba baseAtlantis bacebise ukuba iSebe lezoKhuselo loLuntu kufuneka longamele ii-CPF. Banoluvo lokuba kuza kubakho ungqzulwano ngumdla ukuba i-SAPS iluthathela kulo olu xanduva. Kucetyiswa ukuba ookhala (whisle-blower) kufuneka bebonelelwe. Inkqubo ezingaphezulu zolwazi olumalunga neziyobisi maziphunyezwe ukujongana nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi eAtlantis. Iziganeko ezingaphezulu zentlalo maziqhubeke kwiintlanganiso zamacandelo ezine-SAPS noluntu kubekanye okanye kabini enyangeni. Ubandakanyo loluntu maluphuculwe phakathi kwe-SAPS noluntu.. .

Izinto ezithe zavela kuphando lweCommunity Safety Barometer project 2008/09, zezokuba uluntu loyika kakhulu ukukhuthuzwa, ukubulawa, ukudlwengulwa nokudutyulwa. Ukubonelelwa ngezixhobo zokuzonwabisa nemisebenzi eyenziwa lulutsha, uphuhliso lwezakhono, ukudalwa kwemisebenzi ukulungiselela amalungu asekuhlaleni, imithetho ethande ukuba ngqongqo, nezohlwayo ezithande ukutsala ixesha elide kubaphuli-mthetho, ukugcinwa kocwangco ngokuthe gqolo nokuphonononongwa kwemisebenzi yamapolisa. Ukwandiswa kwendima yokubonakala kwamapolisa emmandleni, ukuphuculwa kwentsebenziswano nokuphefumlelana phakathi kwamapolisa namalungu aqhelekileyo, njengemiqathango ebalulekileyo emayithathwe ngurhulumente ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho emmandleni.

EMelkbosstrand abathathi-nxaxheba bacela ukuba ubundlobongela basekhaya nolwaphulo-mthetho olwenzeka kubantu basetyhini nasebantwaneni makujongwane nabo ngokungenalusini kwaye kungabikho kulibazisa. Kukho ii-CPF ezingabonakalisi kuzithemba ngenxa yokungafumani nkxaso eyiyo. Amaphulo anefuthe elinamandla agxile ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi notywala kufuneka aphunyezwe ngamapolisa..

EMilnerton abasebenzi abangaphezulu abajikeleza ngeenyawo mabamiselwe ukuthintela izenzo zokudibana ngolwaphulo-mthetho. Kuyimfuneko ukuqwalasela intsebenziswano phakathi koluntu namapolisa. Kucelwa ukuba i-SAPS ingaphazamisani nokutshekishwa kwemithetho kamasipala. Amapolisa kaMetro makabandakanywe ekuphunyezweni kwemithetho. .

ETable View kukho isicelo sokuba amalungu asebupoliseni makagcinwe kakuhle ngokuthi asebenze phantsi kweemeko eziphuculweyo zeenkonzo, nanjengoko oku kuya kuphazamisa izinga lokuziphatha ngendlela ephucukileyo, nto ke leyo eya kuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Kungoku nje, amagosa asebupoliseni abonakala esenza umsebenzi omhle, kungoko kufuneka ebonelelwe okanye anconywe ngomsebenzi omhle. Ikhona imfuneko yokuba kuxhaswe abasebenzi abasakhasayo ekuthatheni iinkcazo; indlela yokuthatha inkcazo ngokuchanekileyo nokuphepha iimposiso zopelo

## 4.7.10 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMITCHELLS PLAIN

IKlasta yaseMitchells Plain inezikhululo ezibini zamapolisa ezizezi:- Mitchells Plain neStrandfontein. Le klasta yeyona incinane kuzo zomke iiKlasta zePhondo leNtshona Koloni. Zombini ezi zikhululo zithathe inxaxheba kwisaveyi.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 30: II-PNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEMITCHELLS PLAIN (IIMBONO ZOLUNTU)**

| IsiKhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olfuna Ingqwalaselo: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IMitchel's Plain** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala Abantu, Ubusela obuqhelekileyo |
| **IStrandfontein** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo | Urhwaphilizo |

Iziphumo zophando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwiKlasta yaseMitchell's Plain zibonise ukuba amatyala okuxhaphaza ngokwesondo nokuhlasela ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, zibikwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo

Ngexesha le-Community Safety Barometer project 2008/09, abathathi-nxaxheba baye baqaphela uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo oluqhelekileyo, njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho bazoyikayo eMitchell's Plain. Ezinye zezi zenzo zolwaphulo-mthetho kwiindawo ezihlala abantu, ukhuthuzo oluqhelekileyo nobusela obuqhelekileyo, zenzeka ngexesha elinye nezenzo zolwaphulo-mthetho ezithe zaqatshelwa kolu fundo lweprojekthi.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (95%) luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho kwiKlasta yaseMitchell's Plain. Ezona zikhululo zichaphazelekayo yi-Mitchell's Plain (100%), lo gama iStrandfontein (90%) ichatshazelwa ngokungephi.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Malunga ne-58% yabathathi-nxaxheba, babonise ukuba aba vimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo. Esona sikhululo sichaphazelekayo yiStrandfontein (78%), ize sona isikhululo saseMitchell's Plain (40%) sibe sesona sichaphazeleka ngokungephi.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba luvakalise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni amaZiko eeNkonzo zoLuntu. IMitchell's Plain ( 67%) sesona sikhululo esichaphazelekayo, ize yona iStrandfontein ( 60%) ichaphazeleke ngokungephi..

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWII-CSC

Phantse i-64% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni. Esona sikhululo sanelisekileyo yiStrandfontein (90%), ize yona iMitchell's Plain (42%) yoneliseke ngokungephi.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) babonise ukwaneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwimimandla yabo. IStrandfontein (78%) ibe sesona sikhululo sanelisekayo, lo gama iMitchell's Plain (30%) yaneliseke ngokungephi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (65%) ayikhange yazi nokuba amapolisa, kummandla wabo, uwakhusele ngokwaneleyo amangqina kwizenzo zplwaphulo-mthetho, lo gama i-29% yabathathi-nxaxheba ingakhange iyicinge into yokuba amapolisa, kwimimandla yabo, ayawakhusela amangqina kwizenzo zolwaphulo-mthetho. Yi-6% kuphela yabathathi-nxaxheba ebonise ukuba ayakhuselwa amangqina. Owona mmandla uchaphazelekayo ibe yiMitchell's Plain (70%). Owona mmandla uchaphazeleka ngokungephi ibe yiStrandfontein (57%)

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumbuzo omalunga nokubonakala kwamapolisa, i-64% yabathathi-nxaxheba ayikhange iyicinge into yokuba amagosa asebupoliseni ongezelekileyo ajikeleza emini, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) alukhange luyicinge into yokuba amagosa asebupoliseni ongezelekileyo ajikeleza ebusuku, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Malunga ne-68% yabathathi-nxaxheba icinge ukuba amagosa asebupoliseni ajikeleza emini nasebusuku kwimimandla yabo, angakuphucula ukubonakala kwamapolisa, yaza i-68% yabo yacinga ukuba amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe'kwimimandla yabo ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Phofu ke, i-68% ayikhange iyicinge into yokuba ukuqhutywa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, i-91% yabathathi-nxaxheba ayikhange icinge nayiphi na eminye imiqathango ngaphandle kwaleyo ikhankanywe ngasentla.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuyibeka dlakadlaka, i-81% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. IStrandfontein (100%) ibonakale iyeyona yanelisekile koku.

## IX) IGALELO LE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Malunga ne-50% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF zinika igalelo ngendlela amapolisa aba ngayo oovimba abazizibonelo kwimimandla yawo. IMitchell's Plain (67%) ibe yeyona yanelisekayo, lo gama iStrandfontein (33%) yaneliseke ngokungephi.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) bathe ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo samapolisa kwimimandla eyeyawo. IMitchell's Plain (78%) ibe yeyona yanelisekileyo, lo gama iStrandfontein (44%) siye soneliseka ngokungephi.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEMITCHELL'S PLAIN

EMitchell's Plain amapolisa ayacelwa ukuba abekho xa uluntu lubafunayo, abe nobubele kwaye ahloniphe amalungu asekuhlaleni. Amagosa e-SAPS ayacelwa ukuba anike uncedo olukhawulezileyo kumaxhoba olwaphulo-mthetho. Kubikwe ukuba kukho amaqela afana namavolontiya eenkqubo zokuxhasa amaxhoba akhoyo, nangona nje engasetyenziswa ngokufanelekileyo..

Kukho isicelo sokuba isikhululo sesathelayithi yaseTafelsig kufuneka siqhutyelwe phambili kwaye namagosa asebupoliseni aqeqeshwe ngaphezulu kufuneka amiselwe ukuze asebenze noluntu.Kukho isicelo sokuba amasango kwisikhululo samapolisa kufuneka avulwe.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eMitchell's Plain imiba ethe yaphakanyiswa ngokubhekiselele kwimithetho edibene noTywala, umlo ophakathi kwamaqela e-CPF kunye neenkxalabo zoluntu akukhange kujongwane nazo. Njengongenelelo lo mba uye wasiwa kwiSebe ( Community Liason) ukuze liwuhlafune kwaye kusonjululwe nongquzulwano olukhoyo. Senziwe isicelo sokuba ukunyanzeliswa komthetho kufuneka kujongane nomba wendlu ethile ethengisa izinto ezibiweyo

Ukulungiselelwa kweenkqubo ezijolise ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi, ukulungiselelwa kwezinto zokuzonwabisa nezolutsha, uphuhliso lwezakhono nokudalwa kwemisebenzi, ukuvalwa kweeshibhini ezingekho mthethweni, zezinye zezinto ezinokuba yimiqathango ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kummandla. .

EStrandfontein kukho isicelo sokuba abasebenzi abazinikeleyo nabaqeqeshekileyo namapolisa angaphezulu, kufuneka amiselwe kwisikhululo. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba abonelele abantu abadala nabakhubazekileyo.Ukugcinwa okungaphezulu kocwangco kuyacetyiswa ukuze kuthintelwe uqhekezo kummandla..

## 4.7.11 IKLASTA YAMAPOLISA ASEMUIZENBERG

IKlasta yamaPolisa aseMuizenberg inezikhululo zamapolisa ezihlanu, ezizezi:- Fish Hoek, iHout Bay, iMuizenberg, Ocean View neSimonstown. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| Isikhululo samapolisa | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna Ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| IFish Hoek | Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala Abantu | Ukhuthuzo kwiindawot ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| IHout Bay | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| EMuizenberg | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukutyhuthulwa kwemoto, Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| IOcean View | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| ESimonstown | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Utyhuthulo lwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uhlaselo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Iziphumo zophando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwiKlasta yaseMuizenberg, zibonisa ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukubiwa kwemoto nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, njengezenzo zolwaphulo- mthetho ezifuna ingqwalaselo kunombolo 1. IHout Bay iqatshelwe njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili elishumi elinesibini, ezinezenzo zokubukula ezinye iintlanga kwiphondo, nangona nje abathathi-nxaxheba bengakhange baliqaphele ubukulo kwezinye iintlanga njengesona senzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili..

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi (83%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseMuizenberg ivakalise ukungafaneleki koovimba ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-17% yabathe baphendula ivakalise ukuba aba vimba bebonele. Uniinzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%) naseSimonstown (83%), lubonise ukuba oovimba bebengafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Mnye qha ummandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba (56%) bathe babonisa ukufaneleka koovimba abazizibonelelo, yiOcean View.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukungasetyenziswa koovimba ngokufezekileyo, yaza i-47% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukusetyenziswa ngokufezekileyo koovimba bamapolisa.Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHout Bay (83%) eMuizenberg (83%) naseFish Hoek

### VI) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ancedisa abantu kwi-CSC, yaza i-43% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba iSimonstown (100%), eFish Hoek (71%) naseMuizenberg (67%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC Uninzi lwaseHout Bay (88%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ancedisa kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (91%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-9% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi noovimba abazizibonelelo. Luqokelelo-manani olu olubalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nokudala unxulumano lokuthembeka phakathi kwamapolisa noluntu. Abathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%), eOcean View (100%) , eSimonstown (100%) naseMuizenberg (67%), babonise ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, saza esinye isiqingatha (50%) asoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHout Bay (88%), eMuizenberg (67%) naseFish Hoek lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. EOcean View (78%) naseSimonstown (83%) uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina akhuselwe na, lo gama i-18% ibonise ukuba amangqina akhuselwe ngamapolisa, yaza i-15% yacinga ukuba akakhuselwanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek ( 83%), eSimonstown ( 83%) naseHout Bay ( 75%) lubonise ukungazi nokuba amangqina akhuselwe na

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi ( 78%) lwabantu abaphenduleyo, lubonise ukuba ukujikeleza kwamapolisa okungaphambili emini nasebusuku makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eMuizenberg ( 100%), eHout Bay (88%) naseSimonstown ( 83%) abathathi-nxaxheba bacela ukujikeleza kwamapolisa okungaphezulu emini nasebusuku. Amaphulo angaphezulu ‘okumiswa usetshwe’ aqwalaselwe yi-64% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EMuizenberg ( 100%), eFish Hoek (71%) naseHout Bay (63%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo ‘okumiswa usetshwe’ kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kuqwalaselwe yi-53% njengento yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (86%) neMuizenberg (67%) lucebise ukuba kubekho ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi(75%) lwamalungu asekuhlaleni abonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-17% ivakalise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-40 iye yamkeleka njengexesha elamkelekileyo lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-6% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yamkelekile. I-3% yabathathi-nxaxheba ibonise imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eFish Hoek (100%), eHout Bay (88%), eSimonstown (83%) naseOcean View (67%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho .

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (47%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-38% iye yabonisa ukungazi, yaza i-15% yathi alinikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabaphenduleyo eMuizenberg (100%), Ocean View (89%) neSimonstown (67%) ibonise ukuba liyanikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eFish Hoek (86%) uninzi lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (47%) lubonise ii-CPF ziyalinika igalelo malunga nendlela oovimba ababiwa ngazo ngamapolisa kwimimandla eyeyabo, lo gama i-38% iye yabonisa ukuba ayinalwazi loko, yaza i-15% yabonisa ukuba alinikwa igalelo ngeendlela oovimba ababiwa ngayo .

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA

EFish Hoek abathathi-nxaxheba bacebise ukuba amapolisa kufuneka asebenze kunye namalungu agade ucwangco ebumelwaneni. Ukujikeleza ngeenyawo kwamagosa aneliso elibukhali kwiindawo ezivalekileyo ezineevenkile ezininzi (shopping malls) nemimandla ye-CBD, kufuneka kuqhutywe. Kuye kwabikwa ukuba kukho ukunqongophala kwabasebenzi kwizikhululo zamapolisa, nto leyo echaphazela ukubpnakala kwamapolisa nokujikeleza kwawo ekufuneka kwandiswe.

Abathathi-nxaxheba baseHout Bay bacebisa ukuba uqeqesho lonxibelelwano kwiindlela zokuphatha uluntu olungamaqela alwimi-ntathu, kufuneka lwenzelwe amagosa asebupoliseni. Ukugcinwa kocwangco okungaphezulu kwiindlela eziyingozi ezifana nendlela yamazibuko eenqanawa, kubalulekile ekuthinteleni ingxaki yabantu abaqhuba ngesantya esiphakame kakhulu

Abathathi-nxaxheba baseSimonstown banembono yokuba i-CPF inoovimba abazizibonelelo bunyiniwe (limited) ekuncedeni uluntu ne-SAPS..

EMuizenberg abathathi-nxaxheba banembono yokuba amapolisa makaqhube amacweyo (workshops) okuqeqesha abantu ngoxanduva abanalo eluntwini, iimeko zolwaphulo-mthetho emmandleni, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi nobundlobongela basekhaya. Unxibelelwano olungcono loluntu nokubandakanya uluntu kuyafuneka. Ukubanjwa kocwangco makuphunyezwe ngokupheleleyo emmandleni. Ukujikeleza rhoqo ngokuhlwa kunye ‘nokumiswa usetshwe’, kufuneka kuqhutywe ngeenjongo zokuphucula unikezelo lweenkonzo emmandleni. Amaphulo okujikeleza ngeenyawo kucetyswa ukuba abekho, nanjengoko abonakalisa ukusebenza kakuhle ngaphezu kwala ajikeleza ngezithuthi.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuseleko, eSeawinds kubekho ukuxhalaba malunga nento yokungathi iyavalwa iSeawinds NHW, ukusilela kwentsebenziswano ne-SAPS malunga nokujikeleza emmandleni, ukungabikho kwamagosa asebupoliseni axhwarhele ukwabelwa kubo, amabhinqa ajikeleza kakhulu, nto leyo ewabeka esichengeni sengozi, konke oku kuphakanyisiwe. Uceba wommandla ube nengxaki neekhonteyina ezikhutshwe njengesipho yiPrimiya ngethuba ebenguSodolophu. Impahla yeNHW iye yabiwa. Intsebenziswano neSAPS iye yacelwa.

EOcean View, amagosa asebupoliseni anokuthi abonelele abantu abanezikhalazo ngolwimi lwabo lwaseKhaya (isiAfrikansi), ayafuneka nezithuthi ezingaphezulu zamapolisa mazimiselwe emmandleni. Amapolisa kufuneka abandakanye uluntu kangangoko anakho. Kubalulekile ukuba amapolisa akhe abuyele koondalashe abathile bokusebenza phakathi koluntu, njengokujikeleza ngeenyawo, ukwamkela iiprojekthi zegosa lasebupoliseni, namaphulo okusetshwa ezikolweni. Ikhona imfuneko yokuba kufundiswe uluntu malunga nenkqubo yezoBulungisa kuLwaphulo-mthetho, iinkqubo ezibandakanya ukuconiswa yinkundla (court interdict) imithetho yokukhusela nolunye ulwazi.

## 4.7.12 IKLASTA YAMAPOLISA ASENYANGA

IKlasta yamapolisa aseNyanga inziKhululo zamapolisa asixhenxe, angala:- iAthlone, iGugulethu, iLandsdowne, iManenberg, iNyanga, iPhillipi nePhillipi East. Zonke ii-CPF ziyithathile inxaxheba kwisaveyi ye-PNP..

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| Police Station | Priority Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 1 | Priority Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 2 | Priority Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 3 | Priority Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 4 | Priority Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **IAthlone** | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo Ezihlala abantu |
| **IGugulethu** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Uqhekezo nokhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ukutyhuthulwa kwemoto |
| **ILandsdowne** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, Uhlaselo oluqhelekileyo Ubundlobongela basekhaya | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukubiwa kwemoto | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IManenberg** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu, ubusela obuqhelekileyo |
| **INyanga** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IPhillipi** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu |
| **IPhillipi East** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukubulala, ukhuthuzo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |

Izinto ezithe zafumaneka kuphando ngokolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili engunombolo 1 kwiKlasta yaseNyanga, ibonisa iintlobo ngeentlobo zezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukhuthuzo oluhamba nemipu, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa ngokwasemzimbeni, ukubiwa kwemoto, ukutyhuthulwa kwemoto, kubikwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1 kwimimandla eyahlukeneyo. Kufuneka kuqwalaselwe ukuba isenzo sokubulala sichongwe njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kwizikhululo zamapolisa ezithathu, ezizezi:- iAthlone, iGugulethu neNyanga..

IKlasta yamapolisa aseNyanga ibonakala inamava okuthwaxwa kakhulu lulwaphulo-mthetho lobundlobongela obufana nokubulala, uhlaselo oluxhomisa ngemipu nohlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni. Kumanqaku emidiya asandul'ukuvakala, iGugulethu ibekwe kweyona ndawo isemehlweni emva kokuba imodeli yaseSweden yathi yabulawa iye kuzipholela emva komtshato wayo ngexesha lokuphangwa kwayo okurhanelekayo. Idatha esezandleni zeSouth African Institute of Race Relations ibonisa ukuba bangaphezu kwama-700 abantu abathe babulawa eGugulethu ukususela ku-2005. Ngexesha lokunikwa kwengxelo ukuya kuMatshi 2010, itotali yezenzo ezili-110 yenzekile kummandla wamapolisa waseGugulethu.

Ukuthatyathwa kwamanyathelo okulumkisa abantu ngeengozi zokuhamba kwiindawo ezingaqhelekanga emva korhatya, kufuneka kuqhutywe liziko loshishino lezoKhenketho.ngeenjongo zokuxhobisa abakhenkethi abatyelela kwiilokishi, ukuze bahlale bephaphile. Izinto ezithe zaphandwa ngeCommunity Safety Barometer project 2009/10, ziveze ukuba abathathi-nxaxheba baseNyanga bazibona izenzo zokusebenzisa iziyobisi, ukhuthuzo, udlwengulo noqhekezo kwiindawo ezihlala abantu njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezoyikekayo.

**INyanga yaqatshelwa njengenye yeendawo ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlanga ephondweni, phofu ke bona abathathi-nxaxheba abakhange oko njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili**

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa aseNyanga (75%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo abafanelekanga ukukhawulelana nolwaphulo-mthetho emmandleni. Kwabo bathathi-nxaxheba, i-100% ivela kwiPhillipi East, i-96% isuka kummandla wamapolisa aseNyanga, i-83% eAthlone neLandsdowne, ne-70% esuka eGugulethu. I-90% yabathathi-nxaxheba baseManenberg ibonise ukuba oovimba bamapolisa kummandla wabo ufanelekile ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ngokunxulumene nemiba yokunikezelwa kwenkonzo, i-86% yabathathi-nxaxheba abasuka eNyanga, i-80% esuka eGugulethu ne-64% esuka eLandsdowne ibonise ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufezekileyo. Kodwa ke, bonke abathathi-nxaxheba abasuka ePhillipi East (100%) ne-70% yabathathi-nxaxheba abasuka eManenberg baye baqaphela ukuba oovimba bamapolisa kummandla wabo wamapolisa, basetyenziswa ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Bonke abathathi-nxaxheba kwiPhillipi East (100%) kunye nesininzi sabathathi-nxaxheba saseNyanga ( 74%) naseGugulethu (60%) sibonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni amaZiko eeNkonzo zoLuntu. Kwelinye icala uninzi lwabathathi-nxaxheba eManenberg (70%) naseLandsdowne (67%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kumaZiko eeNkonzo zoLuntu.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA E-CSC

Phantse i-75% yabathathi-nxaxheba abasuka ePhillipi East naseNyanga (64%), ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC, akathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni, ekubeni yona i-87% yabathathi-nxaxheba baseGugulethu ne-83% yaseAthlone naseLandsdowne, ibonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni. .

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Bonke abathathi-nxaxheba baseGugulethu (100%) ne-86% yabathathi-nxaxheba baseNyanga babonise ukungoneli ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi kwisikhululo sabo samapolisa. Phofu ke, i-75% yabathathi-nxaxheba baseManenberg nabasePhillipiEast babonise ukoneleseka kwabo ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi..

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Bamalunga ne-67% abathathi-nxaxheba baseGugulethu abacinga ukuba amapolisa akenzi ngokwaneleyo ukukhusela amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho, lo gama i-75% yabathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East ingazi nokuba amapolisa emimandleni yabo ayawakhusela na nokuba akawakhuseli amangqina kumatyala olwaphulo-mthetho.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Ukuphendula kumbuzo othi, kungenziwa ntoni ukuphucula umba wokubonakala kwamapolisa, bonke abathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East baye bacinga ukuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikelezayo emini, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Ngokwetotali, i-79% yabo bonke abathathi-nxaxheba ayikhange ibonakale iyicinga into yokuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikeleza emini, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Bonke abathathi-nxaxheba baseLandsdowne nasePhillipi East abayicingi into yokuba amagosa angaphezulu asebupoliseni ajikeleza ebusuku, loo nto ingakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Ngokuthekelekelela, i-83% yabathathi-nxaxheba baseAthlone naseNyanga babonise ukuba ukujikeleza kwamagosa angaphezulu asebupoliseni, emini nasebusuku, oko kungakuphucula ukujikeleza kwamapolisa. Phantse i-92% yabathathi-nxaxheba baseLandsdowne icinge ukuba amaphulo angaphezulu ‘okumiswa usetshwe’ kummandla wabo kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa, ekubeni, i-80% yabathathi-nxaxheba baseManenberg ne-71% basePhillipi bacinge ukuba ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Okokugqibela, abanye babathathi-nxaxheba bacinge ukuba kungathathwa eminye imiqathango ukuphucula ukubonakala kwamapolisa,kodwa abakhange bacacise ukuba yeyiphi loo miqathango.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (95%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-5% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha lokuphendula elichanekileyo apho amapolisa anokuphendula khona kwiimeko zolwaphulo-mthetho..

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

I-36% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-35% ibonise ukuba akwenzeki oko, yaza i-29% ayabi nalwazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso sesikhululo. Uninzi lwabaphenduleyo eManenberg (100%) neLandsdowne lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eNyanga (70%) abathathi-nxaxheba babonise ukuba akukho galelo linikwayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba basePhillipi (72%) lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo kwisicwangciso sesikhululo..

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (41%) babonise ukuba ii-CPF aziliniki igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba kwimimandla yabo, lo gama i-36% ibonise ukuba kuyenziwa oko, yaza i-23% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eManenberg (100%) lubonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayongamapolisa, lo gama uninzi lwaseNyanga (70%) lubonise ukuba igalelo alinikwa ngendlela oovimba ababiwa ngayo.

1

### 74 AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASENYANGA

EAthlone kucetyiswa ukuba kubekho unxulumano oluthene nca nolusebenzayo phakathi kwe-SAPS neForum yamaPolisa oLuntu. Ukuphuculwa komfanekiso omhle we-CPF namapolisa kubalulekile. Abacuphi kufuneka banxibelelane ngakumbi nabantu abanezikhalazo kwaye umthetho omalunga ne-inshorensi engezibonelelo zokufa, kufuneka iqwalaselwe. Ii-NHW azisasebenzi ngenxa yezehlo zokufa emsebenzini. AmaSebe ahlukeneyo kufuneka ancedise amapolisa ukuze enze umsebenzi wokugcina ucwangco, ingeyiyo imiba yezentlalo. Kucetyiswa ukuba amapolisa namanye amasebe emikhosi yelizwe, kufuneka aphumeze amaphulo adibeneyo.

Abathathi-nxaxheba eAthlone bacela ukuba amagosa asebupoliseni angaphezulu kwizikhulululo zamapolisa, amiselwe. Amagosa asebupoliseni asebenza ithuba elide, kufuneka ukuzingca kwabo kubuyekezwe ngokuthi, asiwe kwizikhululo ezingaphezulu..

Njengesindululo sokuphuculwa ukunikezelwa kwenkonzo kwi-CSC, amagosa asebupoliseni makabonelelwe ngoqeqesho lonxibelelwano nolwe'desktop'. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba i- CPF namapolisa kufuneka asebenze ngokwahlukeneyo ukuphucula ixesha lokuphendula eluntwini. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba azinikezele ngakumbi kumsebenzi wawo kwaye abonakalise ububele kumalungu asekuhlaleni. .

Njengesindululo sokuphuculwa ukunikezelwa kwenkonzo kwi-CSC, amagosa asebupoliseni makabonelelwe ngoqeqesho lonxibelelwano nolwe'desktop'. Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba i-CPF namapolisa kufuneka asebenze ngokwahlukeneyo ukuphucula ixesha lokuphendula eluntwini. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba azinikezele ngakumbi kumsebenzi wawo kwaye abonakalise ububele kumalungu asekuhlaleni.

Abathathi-nxaxheba baseGugulethu babonise ukuba abarhwaphilizi bazidakasela nje ngaphandle kokuthityazwa kwaye amalungu asekuhlaleni alahlakelwa yimivuzo yawo emikhulu ayisebenzele nzima, kwimikhuthuzo eqhubeka kwiimashini zokukhupha imali (ATM) Abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba kumiswe indlela efihlakeleyo yokugada lo mkhuba wolwaphulo-mthetho. Amagosa asebupoliseni afanelekileyo nanobuchule ndawonye nezithuthi zomsebenzi zamapolisa ezisemgangathweni, zingakuphucula ukunikezelwa kweenkonzo emapoliseni. Abathathi-nxaxheba bacebise ukuba i-SAPS ehamba iintlanganiso zoluntu imeme namalungu e-CPF. Ukugcinwa kocwangco kufuneka kukhuthazwe.

Kucelwa ukuba iSebe lezoKhuselo loLuntu luncede i-SAPS ngokunikezela ingxowa-mali kwiiprojekthi zokhuselo kwiindawo zabahlali khon'ukuze i-SAPS ikwazi ukusebenza kwaye ibonakale ngawo onke amaxesha eluntwini. Ngaphezulu i-CPF icela ukuba iSebe lilungiselele amacweyo (workshops) msinyane nje emva kweNtlanganiso Jikelele zoNyaka. Amagosa amaSebe acetyiswa ukuba izinto angazenzi ngendlela ekholeke kuwo, engakhange abonisane noluntu, kwaye engakhange afumane nkxaso kwi-CPF kwizinto ezinefuthe kukhuselo lwawo.

ELandsdowne abathathi-nxaxheba benze isindululo sokuba amapolisa kufuneka azibandakanye ngakumbi kwaye anxibelelane ngakumbi noluntu khon'ukuze abazi abantu emmandleni. Ulawulo kumgangatho wesikhululo lufuna ukuphuculwa. Ukubonakala ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku kuyafuneka Ukwazi ngakumbi ngemiba yolwaphulo-mthetho nokubanjwa kocwangco makuqhutywe. Amagosa asebupoliseni anobuqhophololo, awamkela izinyobo, makohlwaye.

Amagosa asebupoliseni asemsebenzini kufuneka ayiyeke into yokuhlekisa ngeengxaki zabantu abanezikhalazo. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba uMphathi wesiKhululo atshintshwe njengoko kungekho mkhondo okanye ubunkokheli obunikwayo kwisikhululo samapolisa. Ukutshintshwa kwamagosa asebupoliseni benzeka futhi-futhi.

EManenberg kucelwa ukuba iintlanganiso zokuphakamisa ulwazi olumalunga nolwaphulo-mthetho eluntwini, maziqhutywe. Amalungu e-CSC makaqeqeshwe ukuphucula indlela yokunxibelelana namalungu asekuhlaleni. Amalungu e-SAPS kufuneka abenolwazi oluphangaleleyo malunga nazo aonke iilwimi zabemi bommandla.Amagosa asebupoliseni awamkela izinyobo ezivela kubathengisi beziyobisi namaqela olwaphulo-mthetho, makohlwaywe. Makwakhiwe unxulumano olungcono phakathi kwamapolisa noluntu; ukuthembeka nentlonipho kubalulekile kunxulumano oluphuculweyo loluntu namapolisa. Amaxesha okuphendula akhawuleza ngakumbi kwiimeko zolwaphulo-mthetho, ayafuneka ekuphuculeni ukunikezelwa kweenkonzo emmandleni

ENyanga kucelwa ukuba ubungonyama bamapolisa lupheliswe, nanjengoko amagosa amaninzi asebupoliseni abikwe njengabantu ababetha abarhanelwa. Amapolisa makabaphathe ngembeko abantu. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba ayeke ukwamkela izinyobo ngendleko yoluntu. Amapolisa asebenzisana noluntu, linyathelo elibalulekileyo lokulwa ulwaphulo-mthetho. Kucelwa amaxesha akhawulezayo okuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

ESamora Machel kukho isicelo sokuba uMphathi wesiKhululo atyelele uluntu ngeenjongo zokumamela imiba yolwaphulo-mthetho yoluntu, oko kukuthi, amaphepha-mvume okuthengiswa kotywala, intswela-mbeko kumapolisa asebenza emmandleni. Izicelo zoluntu zokuphuculwa kwamaxesha okuphendula nempatho elinganayo kuwo onke amalunguasekuhlaleni, enikwa ngamapolisa. Makuphuculwe indlela amapolisa athetha ngayo nabantu. Kufuneka zonke iishibhini kujongwane nazo. Urhulumente wePhondo okanye imisebenzi yoluntu kufuneka ikhulule umhlaba ukuze kwakhiwe isikhululo samapolisa eSamora Machel. Amapolisa kufuneka asebenze ngokuthe nca ne-CPF ukulwa ulwaphulo-mthetho. Iiprojecthi ezithe kratya maziqhutywe ukunceda uluntu. Makuqhutywe ukjikeleza ngeenyawo kusetyenziswana ne-CPF namalungu e-NHW, yonke imihla nasebusuku.

EBrown's Farm kucelwa ukuba amalungu aqeqeshiweyo e-NHW namagosa axhwarhileyo asebupoliseni kufuneka amiselwe ezikolweni.Urhulumente uceliwe ukuba anxibelelane nawo onke amagosa asebupoliseni.kwaye ancedise abantu aphila nabo kwaye ayeke ukubathumela kwezinye izikhululo zamapolisa ngenxa yemida yamapolisa. Amapolisa ayacelwa ukuba awenze ngendlela eyiyo umsebenzi wawo, kwaye ayeke ukubamba abantu abamsulwa. .

Amapolisa kufuneka awavale amatheko ingakumbi ngexesha lemisitho kuba abantu bayabulawa kula matheko. Ukujikeleza kwamapolisa nokusetshwa makuqhutywe ebusuku ukuthintela ukuqhutywa kolwaphulo-mthetho. Iindawo ezingqonge isikolo kufuneka zisetshwe kuba abafundi baphela bengamaxhoba eziyobisi

Kuko konke okuqulathwe ngummandla wamapolisa aseNyanga, abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa axhotyiswe ngezakhono ezingaphezulu, nanjengokuba amagosa asebupoliseni engakwazi ukjongana neengxaki zamalungu asekuhlaleni. Amapolisa makayeke ukuba krwada kwaye kufuneka abonise umdla kwiimfuno zabantu.

Njengoko kuphakanyiswe, imiqathango emayithathwe ngurhulumente, uluntu kufuneka lusebenzisane namapolisa,, isohlwayo esiqatha kubaphuli-mthetho kufuneka sisetyenziswe, kwaye amalungu oLuntu kufuneka abe noxanduva aluthathayo malunga nokuthintela ulwaphulo-mthetho. Abanini beeteksi kufuneka bagadwe ngeliso elibukhali, ingakumbi indlela abaqhuba ngayo. Isibonelelo malunga nezixhobo zokuzonwabisa kolutsha, kufuneka lwenziwe. Ukuphuhliswa kwezakhono nokudalwa kwemisebenzi yamalungu asekuhlaleni kufuneka kujongwe eluntwini.

EPhillp East amapolisa ayacelwa ukuba agade abantu abathengisa iimpahla ezibiweyo ezifana neeseli-fowuni kufuphi nesikhululo samapolisa. ISebe lezokhuselo loLuntu liyacelwa ukuba libonelele ngengxowa-mali kwiiprojecthi zoluntu, nanjengoko ulutsha nabantwana bajika bophule umthetho ngenxa yokukruquka kukungenzi nto. Kucelwa ukuba umantyi angayiniki ibheyile kubantu ababanjelwe ukubulala, ukukhuthuza okuxhomisa mgemipu,njl njl, kwaye ubulungisa kufuneka kusondezwe ebantwini. I-CPF icela into yokubathutha xa besiya naxa bevela ezintlanganisweni, Kufuneka ukuzinikezela nonxulumano lokusebenza ngempumelelo phakathi kwabantu basekuhlaleni namapolisa kubandakanywe neSebe lezoKhuselo loLuntu namanye amasebe aseburhulumenteni.

Kucelwa ukuba longezwe inani lamagosa asebupoliseni nezithuthi ePhillipi. I-CPF icela ukubandakanywa nokusoloko isaziswa ngokuqhubekayo ngezisungulo ze-SAPS eziqhutywayo ukulwa ulwaphulo-mthetho. Kukho imiqobo ekhoyo yolwimi njengoko uninzi lwamagosa asebupoliseni amiselwayo esikhululweni engenakho ukunxibelelana ngolwimi olukholeke kubantu abenza izikhalazo, nto ke leyo efunisa ukuba kumiselwe abagqatswa abaqeqeshelwe ukuthetha olo lwimi.

Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eHanover Park, amalungu asekuhlaleni aphakamise le miba ilandelayo enefuthe kunikezelo lweenkonzo.

1 ISAPS ikrada kwaye ayinambeko kuluntu
1 Abafundi abayekileyo esikolweni, abajika babandakanyeke kumaqela olwaphulo-mthetho
1 Iishibhini nezindlu ezithengisa iziyobisi ngokungekho mthethweni
1 Amaqela olwaphulo-mthetho kufuneka ashenxiswe emmandleni

Ngokwabathathi-nxaxheba, isimilo esikrwada samalungu e-SAPS masinganyanyezelwa kwaye kufuneka amalungu asekuhlaleni asibike isimilo sobukrwada kucingo lwefowuni yezikhalazo lweSebe lezoKhuselo loLuntu. Ukuphunyezwa koMthetho weNtengiso –tywala kufuneka uncedise amalungu e-SAPS ukujongana neeshibhini ezingekho semthethweni. Ukuphakanyiswa kolwazi eluntwini lokukhuthaza abantu bangazithengi iziyobisi notywala, kufuneka kuqhutywe. Iindlela zobuchule ezethuba elide zokujongana namaqela olwaphulo-mthetho, kufuneka ziqhutywe..

## 4.7.13 IKLASTA YAMAPOLISA ASEWYNBERG

IKlasta yamaPolisa aseWynberg inezikhululo zamapolisa ezintlanu, ezizezi :- iDiep River, iGrassy Park ,iKirstenhof, iSteenberg neWynberg. Zonke ii-CPF zithabathe inxaxheba kwisaveyi ye-PNP

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **IDiepriver** | Ukhuthuzo oluqhelekileyo | Ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu |
| **IGrassy Park** | Uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa | Uhlaselo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **IKirstenhof** | Ukhuthuzo olukhatshwa yimipu | Ukutyhuthulwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |
| **ISteenberg** | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya, ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo zoshishino, urhwaphilizo |
| **IWynberg** | Ubundlobongela basekhaya, Ukhuthuzo oluqhelekileyo ukutyhuthulwa kwemoto | Ukubiwa kwemoto | Uqhekezo kwiindawo zoshishino | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Izinto ezithe zafumaneka kuphando, malunga nolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1, kwiKlasta yaseWynberg, zibonisa ukhuthuzo oluqhelekileyo, ukutyhuthulwa kwemoto, ukhuthuzo oluxhomisa ngemipu, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo kunye nohlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni, njengezona zenzo zifuna ingqwalaselo ephambili kunombolo 1

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi (72%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseWynberg bavakalise ukuba oovimba bebengafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-28% yabantu abathe baphendula ivakalise ukufaneleka kwaba vimba. Abathathi-nxaxheba baseSteenberg (100%) , eDiepriver (91%) eKirstenhof (80%) naseGrassy Pakr (60%), lubonise ukungafaneleki koovimba abazizibonelelo ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Mnye kuphela ummandla apho abathathi-nxaxheba (67%) babonise ukuba aba vimba bafanelekile, yiWynberg.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (77%) libonise ukuba oovimba abazizibonelelo abasetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-23% yabathathi-nxaxheba yabonisa oovimba abazizibonelelo bamapolisa basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGrassy Park (100%) , eSteenberg (100%), iKirtenhof (75%) naseDiepriver (70%) babonise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseWynberg (75%) babonise ukuba oovimba basetyenziswe ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (52%) lubonise ukwanela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-48% yavakalisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwi-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eKirstenhof (100%) naseWynberg (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseSteenberg (80%) , Grassy Park (71%) neDiepriver (56%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC.

### (A) UKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (70%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo, yaza i-30% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni athobekile kwaye aluncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kwembono yabo emalunga nokunqongophala kwabasebenzi kunye nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcazo-manai ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababanikezela ngayo oovimba abazizibonelelo eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Abathathi-nxaxheba baseDiepriver (100%), eKirstenhof (100%) naseWynberg (100%), babonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC, athobekile kwaye aluncedo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eSteenberg (75%) naseGrassy Park (70%) babonise ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC abathobekanga kwaye akaloncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (64%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-36% yabonakalisa ukoneliseka koku. Bonke abathathi-nxaxheba (100%) eGrassy Park babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (80%) khange bazi nokuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-13% iye yabonisa ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-7% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba Kirstenhof (100%) , eGrassy Park (90%) , eWynberg (80%) naseDiepriver (73%) lubonise ukungazi nokuba amangqina ayakhuselwa okanye akunjalo.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi lwabantu abathe baphendula (85%), lubonise ukuba ukujikeleza ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku, makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver (100%), eKirstenhof (88%), eWynberg (83%) naseGrassy Park (80%), bacela ukuba kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’ athe acingwa yi-70% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EDiepriver (91%), iGrassy Park (90%) neWynberg (67%), uninzi lwabathathi-nxaxheba, lubonise ukuba amaphulo athe kratya ‘okumiswa usetshwe’, makaqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-65% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver (91%), eWynberg (67%), eSteenberg (60%) naseGrassy Park (60%) lucebise ukuphunyezwa kokugcinwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi lwamalungu asekuhlaleni (83%), lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-15% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-3% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDiepriver(90%), eGrassy Park (90%), eSteenberg (80%), lubonise imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (59%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-28% ibonise ukuba liyanikwa, yaza i-13% yabonisa ukuba abaliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathe baphendula eKirstenhof (88%) alazi nto, lo gama eDiepriver (64%) naseWynberg (60%), uninzi lubonise ukuba akukho galelo linikwayo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (59%) lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-28% ibonise ukuba liyanikwa igalelo, yaza i-13% yabonisa ukuba ii-CPF aziliniki igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEWYNBERG

EDiepriver abathathi-nxaxheba bacela ukuba izithuthi zamapolisa, abasebenzi nezixhobo zokusebenza zongezwe ukuncedisa ekunciphiseni ulwaphulo-mthetho emmandleni. Amacandelo akhoyo kufuneka ahlaziywe kwaye kucelwa amacandelo amabini ongezelelweyo anoovimba abazizibonelelo. Uqeqesho lwamagosa asebupoliseni maliqhutywe ukuphuculwa kokunikezelwa kweenkonzo emmandleni. Izithuthi ezingaphezulu kunye nokujikeleza kwamapolisa kufuneka kwenziwe emmandleni. Kufuneka kuphuculwe unxibelelwano olungcono phakathi kwe-CPF, amalungu agade ubumelwane, uluntu ngokubanzi ne-SAPS. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba i-CPF ibingafanelanga ukuba inika ingxelo kwi-SAPS, kufuneka iyinike iSebe lezoKhuselo loLuntu.

EGrassy Park, uluntu lucela ukuba amalungu e-SAPS aqatsele ukuba nobubele kumalungu asekuhlaleni. Amapolisa acelwa ukuba azibandakanye namalungu agada ebumelwaneni kumaphulo okujikeleza kwawo. Unxibelelwano oluthe kratya maluqhubeke phakathi kwe-SAPS,i-CPF namalungu e-NHW.

Kucetyiswa ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka aqeqeshwe ngakwicala lezakhono zokunxibelelana ukuze abe nacho ukuwenza ukuwenza ngokufezekileyo umsebenzi wawo. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' nokubonakala okuthe kratya kwamapolisa mawaqhutywe.

Ummandla waseKirstenhof ucebisa ukubonelelwa ngemivuzo kumagosa asebupoliseni nokukhutshwa kwemali yokubonelelwa amavolontiya. Kufuneka kuphunyezwe ukuphakamisa umoya wabo wentumekelelo. Abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa nanjengoko eso sikhoyo kubikwa ukungafaneleki kwaso kwaye imeko yaso inobuhesheheshe. Kufuneka amagosa angaphezulu asebupoliseni aqeqeshiweyo. Ukuphuculwa kwenkqubo yobulungisa yolwaphulo-mthetho, kuyafuneka, nto ke leyo eza kukhokelela kwizigwebo ezingaphezulu.

ESteenberg kucetyiswa ukuba izikolo zibeyinxalenye zokugcinwa kocwangco kwaye kufuneka kubanjwe amacweyo ( workshops) ukudala umdla oza kwenza ukuba ulutsha lujoyine inkonzo yamapolisa. Ingcebiso yeyokuba ulawulo olukhoyo lwamapolisa kufuneka indawo yalo ithathwe ngamagosa amatsha asebupoliseni.

Amapolisa ayacelwa ukuba asebenzise amalungu e-NHW kwaye kufuneka kufunyanwe amagosa angaphezulu amatsha, akhutheleyo, aselula nawanobubele. Amagosa asebupoliseni kufuneka axhotyiswe ngendlela yokujongana nobundlobongela bamaqela olwaphulo-mthetho emmandleni. Makubekho ukuziqhelanisa nendlela ekhululekileyo yokufikeleleka ebantwini, ingakumbi kwidesika yokuqala yamapolisa. Ukubonakala ngaphezulu kwamapolisa kuyafuneka emmandleni.

EWynberg kuyacelwa ukuba inkquboyobulungisa yolwaphulo-mthetho eya kukhokelela kwizigwemo ezingaphezulu, iphuculwe. Kukho ingxaki yolwimi emmandleni nanjengoko amapolisa athile egqwidiza ekuthetheni isiNgesi, nto ke leyo enyanzelisa ukuba kuphuculwe izakhono zokunxibelelana zamagosa asebupoliseni

Ngokujonga imeko jikelele, imimandla yekomkhulu yesiXeko saseKapa ijongene nokunqongophala koovimba abazizibonelelo kwizikhululo, imiqobo yolwimi kumagosa asebupoliseni amiselwe kwii-CSC, ukungachubeki kokuziphatha kwamagosa asebupoliseni.

## 4.7.13 IMIQATHANGO YEZOKHUSELO

Izinto ezithe zafumaneka kuphando, ziveza ukuba iiklasta zamapolisa kwisiXeko saseKapa zijongene nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene nokudibana kwabantu nokonakaliswa kwepropati. Imimandla eyingxaki ibandakanya uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni, amatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ubundlobongela basekhaya, uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu nezoshishino, ukhuthuzo oluqhelekileyo nobusela obuqhelekileyo. Iziyobisi, ukuthengisa ngemizimba neemeko ezingqonge iivenkile ezithengisa utywala neeshibhini, ezo zinto ziyingxaki kwaye ayonwabanga yile mimandla, kodwa lunembono ethi alunakwenza nantoni na ngazo.

Ingxaki yokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ngenxa yeeshibhini ezingekho mthethweni nezirhoxo zeziyobisi zibonakala zinegalelo elikhulu kwinkoliso yezi zenzo zolwaphulo-mthetho. Lukho unxunguphalo eluntwini, nanjengokuba kumaxa amaninzi, amalungu asekuhlaleni ayayazi indawo ekuthengiswa iziyobisi. Kukaninzi kuhlatywa amakhwelo malunga nokuphuculwa kokubonakala kwamapolisa eluntwini, kugxilwe ngokukodwa kwiishibhini neziyobisi. Iinkqubo zokungenelela ezinempumelelo maziphunyezwe.

Abathathi-nxaxheba beKlasta yaseDa Gamaskop banembono yokuba uhlaselo oluneenjongo zokonzakalisa emzimbeni, nokutyhuthulwa kweemoto zezona zenzo zifuna ingqwalaselo ephambili. Elokuqukumbela, iklasta yamapolisa aseDa Gamaskop ibonwa ijongene kakhulu namatyala okudibana afana namatyala okuxhaphaza ngokwesondo, ubundlobongela basekhaya nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene nokonakaliswa kwepropati. Okubalulekileyo kukuba kuqwalaselwe imimandla efana neDa Gamaskop neStilbaai ezithe zachonga isenzo sokubulala njengesenzo esifuna ingqwalaselo ephambili kwimimandla yabo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (85%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseDa Gamaskop livakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-15% yabantu abathe baphendula, ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa, lubonise ukungafaneleki koovimba babo ukhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba oovimba abazizibonelelo basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-34% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (100%), eStilbaai (100%) naseMosselbay (77%) lubonise ukuba aba vimba basetyenziswe ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (58%) babonise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (68%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ukuncedisa abantu kwi-CSC, yaza i-32% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStillBay (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (100%), eGroot Brakrivier (92%), kwaNonqaba (75%) neDa Gamaskop (70%) babonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni kwii-CSC

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (85%) kwiKlasta yamapolisa aseDa Gamaskop lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-15% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseniakathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela ezinikezelwa ngayo iinkonzo zamapolisa eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (58%) lubonise ukuba luyoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-42% ayoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStill Bay (100%), eMossel Bay (85%) naseAlbertinia (70%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (83%), eRiversdale (63%) naseDa Gamaskop (60%) lubonise ukngoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (57%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-40% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba icinga ukuba ayakhuselwa, yaza i-9% yabonisa ukuba ayiqondi ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eAlbertinia (67%) lubonise ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eStill Bay (88%)naseMosselbay (73%) ukuba amangqina akakhuselwa.

### (vii) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (75%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGroot Brakrivier (100%), eHeidelberg (100%), eStill Bay (88%), eMossel Bay (79%) naseAlbertinia (70%), bacela ukuba amapolisa ajikeleze ngakumbi emini nasebusuku. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' athe kratya, acingwe kuphela yi-27% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo kucingwe yi-52% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwaNonqaba (100%) naseStill Bay (75%) lucebise ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (76%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-13% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka. I-9% ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20, yamkelekile, yaza i-3% yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kwengama-30 lixesha elichanekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (50%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-34% ibonise ukungazi, yaza i-16% yabonisa ukuba akukho galelo linikwayo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula eStil Bay (100%) naseGroot Brakrivier (86%), lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eRiversdale (67%) uninzi lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (43%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngokwendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-38% ibonise ukuba alinikwa igalelo, yaza i-20% yabonisa ukuba ayazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngokwendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eHeidelberg (63%) naseAlbertinia (63%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEDA GAMASKOP

EAlbertia abathathi-nxaxheba bacela isikhululo esitsha samapolisa eGouritsmond. Umgama phakathi kweAlbertinia neGouritsmond usisiphazamiso kunikezelo olufezekileyo lweenkonzo. Amalungu azincutshe nazinikezeleyo kunye nezithuthi zamapolisa ezingcono, kuyacelwa ukuba zibe kho. Kufuneka kuqhutywe uthungelwano olungaphezulu phakathi kwe-SAPS namalungu nje aqhelekileyo asekuhlaleni njengokuthabatha kunye inxaxheba kwiiprojekthi nokunika ulwazi malunga nokuthintelwa kolwaphulo-mthetho

EDa Gamaskop, abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa asingathe amatyala ngendlela engcono kwaye kufuneka kunikwe eyona ingqwalasela kuluntu. I-'National Prosecuting Authority' kufuneka izijonge ngeliso elibukhali izenzo zolwaphulo-mthetho ezichaphazela abasetyhini nabantwana nanjengokuba ngamaxesha athile ikhe ingabonakalisi nkathalo. Amagosa asebupoliseni nezithuthi zamapolisa ezingaphezulu ziyafuneka.

EGroot Brak River abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba kufuneka kujongwane nokunqongophala kwabasebenzi. Abathathi-nxaxheba eHeidelberg bacebisa ukuba kufuneka iikhompyutha ezicothayo kwisikhululo samapolisa, zenziwe zibesemgangathweni wala maxesha sikuwo. Oovimba abazizibonelelo abangaphezulu kumacandelo mababiwe. Amagosa asebupoliseni abazinikezelayo emsebenzini mabamiselwe emsebenzini. I-CPF kufuneka iqeqeshwe. Kuneka kujongwane nokungaqeqeshwa kwabantu. Ngaphezulu , kwakucetyiswe ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka abandakanyeke kuphuculo lwezentlalo eluntwini, ingabi kuphela nje qha ngexesha leeyure zokusebenza, kodwa nangexesha labo okanye ngeentsuku zabo zekhefu.

KwaNonqaba, abathathi-nxaxheba bacela ukuba kwakhiwe isikhululo samapolisa esiza kusetyenziswa endaweni yeekhonteyina ezisetyenziswayo. Amagosa angaphezulu asbupoliseni athobela umthetho wendlela yokuziphatha ayafuneka. Amagosa asebupoliseni kufuneka asebenzisane ne-CPF.

EMossel Bay kuphakanyiswa ukuba amalungu angaphezulu makamiselwe ukusebenza ngamaxesha okujikeleza. Ulwawulo lwe-SAPS kufuneka luqinisekise ukuba amagosa asebupoliseni akulungele ukwenza imisebenzi yawo, ngokuthi aqhube uphononongo lwekota lawo onke amagosa asebupoliseni.

Abathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni  uluntu kufuneka lwaziswe ngakumbi malungu nokuqhubekayo kummandla wabo, umz: amaphephandaba, amaphetshana aneendaba zamapolisa anikezelwe kwizindlu ngezindlu zasekuhlaleni. Amaphulo okudlulisela ulwazi ebantwini makaqhutywe ukwazisa nokufundisa amalungu asekuhlaleni. Kufuneka kungabikho mida eyahlula amapolisa noluntu, unxulumano kufuneka lubethelelwe lube luqilima. Amapolisa angabaxhwarhi kufuneka ayeke ukuhlasela abangabaphuli-mthetho.

ERiversdale abathathi-nxaxheba bacela  ukuba amagosa angaphezulu asebupoliseni kufuneka amiselwe kwaye kufuneka kulungiswe izithuthi ngokuthi kumiselwe isikhululo sokukhanda iimoto. Inkqubo yezobulungisa  kufuneka ixhase amapolisa ngenxa yokunxunguphala kwamagosa asebupoliseni xa abaphuli-mthetho bengagwetywanga. Iinkqubo ezingaphezulu zokunika ulwazi oluthe vetshe malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kunye nokuxhaphaza  ngokwesondo kufuneka ziqhutywe nolutsha,

Abathathi-nxaxheba eStilbaai bacebisa ukuba amagosa asebupoliseni kufuneka amiselwe ukuphucula ukubonakala kwamapolisa nokuphucula unikezelo lweenkonzo

EMosselbay kukho unqongophalo lwamagosa asebupoliseni ekuphumezeni ukugcinwa kocwangco kummandla

mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili KwaNokuthula. IKnysna ichongwe njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini, ezinkqenkqeza phambili ephondweni ekubukuleni ezinye iintlanga, phofu ke bona abathathi-nxaxheba abakhange bakuchonge ukubukulwa kwezinye iintlanga njengolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili.

2 Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence in the Western Cape, 8 July 2010 unpublished

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (80%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseGeorge, luvakalise ukuba oovimba abazizibonelelo bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-20% yabanye abathe baphendula bababone befanelekile aba vimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kwizikhululo zonke zamapolisa, zibonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, yaza i-40% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eConville (85%), eGeorge(94%) naseKnysna (77%), lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba basePlattenberb Bay (96%) bebonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni akonelanga ukuncedisa abantu kwi-CSC, yaza i-34% yabonisa ukonela kwamagosa asebupolisenii kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eThembalethu (100%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC, lo gama uninzi lwaseGeorge (94%), ePacalsdorp (89%), eUniondale (88%) naseConville (88%) bebonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni ii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa eGeorge lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-32% yabonisa ukungathobeki nokungabiloncedo kwamagosa asebupoliseni. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kucingwa indlela iinkonzo zamapolisa ezinikezelwa ngayo eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa ziyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (60%) lubonise ukwaneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-40% yabonisa ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (100%), ePlattenberg Bay(81%) naseUniondale (63%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eThembalethu (100%), eKnysna (97%) naKwaNokuthula (71%) lubonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. .

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (69%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-28% yabathathi-nxaxheba iye yabonisa ukuba ayakhuselwa, yaza i-20% yacinga ukuba amangqina akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eAlbertinia (72%) lubonise ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzodorp (81%) lucinga ukuba amangqina akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (88%), eStill Bay (88%) naseThembalethu (86%), lubonise ukuba alwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselwa konke konke na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza kwamapolisa okuthe kratya emini nasebusuku kuzakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Unonzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (94%), eThembalethu (86%), ePlattenberg Bay (76%) naseConville (74%), lucela ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku.

Amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' acingwe kuphela yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo yokwandisa ukubonakala kwamapolisa. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-45% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGeorge (94%) nasePlattenberg Bay (66%) lucebise ukuba makubekho ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokugcinwa kocwangco. IThembalethu (100%) neKnysna asihambiselani nalengcebiso.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (76%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-16% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yemkelekileyo njengexesha lokuphendula kwimeko yexesha likaxakeka, i-1% ibonise ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile, yaza i-8% yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kwengama-30 lixesha elichanekileyo lokuphendula. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa zibonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (51%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-21% ibonise ukungazi nto, yaza i-28% yavakalisa ukuba aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula ePlattenberg Bay (93%), iThembalethu (86%) neKwaNokuthula (71%) ibonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eConville (48%), uninzi lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (51%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo malunga nendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-28% ibonise ukuba alinikwa igalelo, yaza i-21% yabonisa ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba. Uninzi lwabathathi-nxaxheba ePlattenberg Bay (93%) naKwaNokuthla (77%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA

Abathathi-nxaxheba eConville bacela amagosa asebupoliseni anezakhono ezithe kratya kwaye nabo babunikeleyo ubomi babo eluntwini mabamiselwe kwisikhululo samapolisa. Abaphuli-mthetho bayakhululwa, kwaye bayifumana lula ibheyile, kwaye iSebe lezoBulungisa kufuneka lifundise uluntu malunga nenkqubo elandelwayo. Amagosa asebupoliseni. Amagosa asebupoliseni, ukujikeleza kwamapolisa nokubonakala kwawo, amaphulo 'okumiswa usetshwe', zonke ezi zinto ziqhutywe.

Iishibhini ezingekho mthethweni nezirhoxo zeziyobisi mazivalwe. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba abemi abahleli ngokungekho mthethweni emmandleni abaxhaphaza amantombazana ngokwesondo makagxothwe. Ukumiswa kwezikhululo zamapolisa ezizisathelayithi, kunganceda ekulweni ulwaphulo-mthetho emmandleni. Unxulumano olungcono phakathi kwe-SAPS ne-CPF kuye kwacetyiswa ukuba lubekho.

EGeorge abathathi-nxaxheba babonise ukuba abaxhasi boluntu kufuneka bancedise ekulweni ulwaphulo-mthetho ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Kucelwa ukuba kubekho izithuthi zamapolisa nokujikeleza kwamapolisa.

Izibhadubhadu ezisoloko zingongqikana ezivenkileni zabo, zihlupha abantu ngokumana zicela imali emimandleni efana neDana Bay, kufuneka zityhalelwe kude.

Abathathi-nxaxheba eKnysna zibonise ukuba kukho imfuneko yokwakhiwa kwesikhululo esisisigxina esinezisele eSedgefield. Kufuneka inikwe uqeqesho olungcono i-SAPS olumalunga noMthetho omtsha wezoBulungisa wokuTshutshisa ulutsha (new Juvenile Justice Act), makwenziwe iinzame zokuphucula isidima samapolisa ngenxa yokubandakanyeka kwizenzo zolwaphulo-mthetho nokuwasebenzisa kakubi amagunya. Amapolisa makayiyeke into yokugrgrisa abenzi bobubi njengobuchule wokuqhuba umsebenzi wawo.

EKnysna kucetyiswe ukuba i-CPF ibandakanyeke kanobom ekuphononongeni zonke iimeko zokugcinwa kocwangco kunye nokusebenza okungcono. Amagosa asebupoliseni axhwarhelwe ukubizwa naini na, makasetyenziswe ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo ze-CSC. Amavolontiya angaphezulu, enza unikelo lweenkonzo kufuneka amiselwe, aze aqeqeshwe. Oovimba abazizibonelelo zabantu babonelele abagqatswa abafanelekileyo abaza kuqhuba umsebenzi wothungelwano lweemfonomfono. Amagosa asebupoliseni aXhwarhele ukubizwa nanini na, kufuneka aqeqeshwe ngokupheleleyo ekuphatheni izixhobo, ukuncedisa amalungu azizigxina.

CC) Ngexesha lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu eKnysna (eSedgeField), kuye kwaphakanyiswa le miba ilandelayo :-Ingxaki malunga neenkcukacha-manani zolwaphulo-mthetho; ubuninzi bamapolisa-akanakuba nezithuthi ezi-2 kuphela zokujikeleza

DD) Umba we-CPF yaseSedgefield ekufuneka ibeyi-CPF evuthwe ngokupheleleyo. Ukuphelisa ulwaphulo-mthetho eluntwini, kufuneka zingathengwa iimpahla ezibiweyo. Ingxaki namapolisa aseDam-se-Bos, i-NHWyaqalwa khona, kwaye amapolisa athi i-NHW ithatha umsebenzi wawo.

EE) Azikho izisele zokugcina zokugcina amabanjwa eSedgefield. Xa kuthuthwa amabanjwa esisiwa eKnysna, akukho lunikezelo lweenkonzo oluqhubekayo kwiyure enye enesiqingatha ukuya nokubuya eKnysna, izisele zifuneka ngamandla eSedgefield. Amapolisa ayagxekwa ngokugrwangxula amaSomali xa eyokubika izikhalazo zawo naxa eyokumangala kwisikhululo samapolisa. Kukho isicelo sokuba kubekho amaSomali aza kuba ziitoliki kwisikhululo samapolisa.

Abathathi-nxaxheba baKwaNokuthula bacebisa ukuba amapolisa makazibandakanye kwaye baphelise abathengisi beziyobisi nabaphuli-mthetho. Amapolisa ayacelwa ukuba xa ejikeleza makasebenzise iimoto ezizezawo ingakumbi xa efuna ukubamba abaphuli-mthetho. Isikhululo samapolisa sibikwe njengento engekho semgangathweni. Amapolisa ayacelwa ukuba ajikeleze, ehamba ngeenyawo eqhogene namavolontiya asekuhlaleni; angajikelezi ngezithuthi kuphela. Kwenziwa isicelo sokuba kuphuculwe u-10111 abe semgangathweni kwisikhululo saKwaNokuthula njengoko amalungu asekuhlaleni kufuneka ahambe aye kudlula kwisikhululo sasePlattenberg Bay. Isikhululo samapolisa esisemgangathweni esinamagosa asebupoliseni aqeqeshiweyo, kufuneka sakhelwe amalungu asekuhlaleni aKwaNokuthula.

Abathathi-nxaxheba basePacaltsdorp bacebisa ukuba kubekho amagosa angaphezulu asebupoliseni, izithuthi, ukwakhiwa kwesikhululo esitsha samapolisa, amaxesha akhawulezayo okuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Kucelwa ukubaamagosa asebupoliseni ahleli kwidesika engaphambili abe nobubele kwaye athethe ngolwimi olufanelekileyo loluntu ukwenzela ukuba isikhululo siqheleke ebantwini. Izikhululo ezitshintsha-tshintshwayo (mobile) kufuneka zibuyiselwe endaweni yazo nanjengoko isikhululo samapolisa isesoluntu.

Ngenxa yemimandla emikhulu kumahlathi emveli, kubalulekile ukuba kubekho inja efanelekileyo yamapolisa ebekwe yasisigxina ePlattenberg Bay. Kucelwa ukuba kufakelwe iiKhamera ze-CCTV kuyo yonke imimandla.

Ngethuba lokutyelela kukaMongameli wezoKhuselo loLuntu kunye nabaxhasi benkqubela boluntu ePlattenberg Bay, kuphakanyiswe ezi zinto zixhalabisayo zilandelayo :

WW) Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, nto ke leyo ewugqibe wonke ummandla wasePlattenberg Bay

XX) Iinkqubo nenkxaso-mali kwimibutho enokuncedisa iyafuneka ekunyangeni amaxhoba azingedle zeziyobisi.

YY) Kukho ingxaki yolwaphulo-mthetho kwizikolo zasekuhlaleni, apho abafundi bahlabanayo khona.

ZZ) Ingxaki yokudlwengula-apho kufuneka lilindele uncedo oluvela eGeorge xa kusenziwa uphando

AAA) Isikhululo samapolisa sikwimeko engaxolisiyo kwaye kubikwe ukuba umgangatho wokuziphatha kwamapolisa ngendlela efanelekileyo uphantsi

BBB) I-CPF ifuna ukwakha iqela lamavolontiya e-NHW; bafuna uncedo ekuthengweni kwee-uniform ze-NHW.

CCC) Kukho urhano malunga nentlondi ekhoyo xa kuqhutywa uphando apho, kuthi noxa nje baziwayo abantu abathengisa iziyobisi luluntu, namapolisa ngenkqu, ufumanise ukuba akukho nto yenziwayo ukuthintela le ngxaki

DDD) Ukusilela kolwazi olumele ukunikwa liSebe lezobuLungisa okanye iiJaji zelizwe jikelele mayela nenkqubo yebheyile.

EThembalethu abathathi-nxaxheba bakholelwa ekubeni amalungu asekuhlaleni kufuneka asebenzisane namapolisa ekulweni ulwaphulo-mthetho ngokuthi axhotyiswe ngolwazi olusemgangathweni ngokuphathelele kwimisebenzi engahambisani nomthetho. Amapolisa afuna ukuxhaswa ngolwazi.

EUniondale abathathi-nxaxheba bacela ukuba amapolisa ajikeleze rhoqo ezilokishini ukuthintela abantu ekwenzeni izenzo zolwaphulo-mthetho. Amapolisa noluntu kufuneka babe yimbumba yamanyama ekulweni ulwaphulo-mthetho. Amaxesha okuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho, kufuneka aphuculwe ngokuthi kumiselwe amagosa angaphezulu asebupoliseni, aphangela nangeempelaveki. Amapolisa makaxhotyiswe ngoovimba abazizibonelelo abathe kratya, abafana neekhompyutha, nomatshini wokufeksa ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo. Amalungu e-SAPS makanikwe uqeqesho olugxile kakhulu kuvelwano abayakuthi balubonakalise kumaxhoba. Bonke abantu abanezikhalazo mabaphathwe ngokufanayo kwaye bangacalucalulwa ngokwebala.

KwaNokuthula, abathathi-nxaxheba babonise ukuba ukugcinwa kocwangco ngendlela efezekileyo kufuna ukuba bonke abantu abaneendima ezibalulekileyo namasebe aseburhulumenteni bazibandakanye ekulweni ulwaphulo-mthetho.

## 4.8.3 IKLASTA YAMAPOLISA ASE-OUDTSHOORN

IKlasta yamapolisa ase-Oudtshoorn inezikhululo zamapolisa ezihlanu, ezizezi iCalitzdorp, DeRust, iDysselsdorp, iLadismith neOudtshoorn. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

**ITHEBHILE 36: IIPNP EZICHONGWE LULUNTU KWIKLASTA YASEOUDTSHOORN (IIMBONO ZOLUNTU)**

| Isikhululo samapolisa | Ulwaohulo-mthetho olufuna ingqwalelo ephambili: 1 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili:4 | Ulwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili:5 |
|---|---|---|---|---|---|
| ICalitzdorp | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| IDe Rust | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |
| IDysselsdorp | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala | Ukhuthuzo kwiindawo zoshishino |
| ILadismith | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Uqhekezo kwiindawo zoshishino |
| IOudtshoorn | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya, Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ubusela obuqhelekileyo |

Abathathi-nxaxheba beklasta yaseOudtshoorn balubona uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili kwisikhululo samapolisa. Iklasta yamapolisa aseOudtshoorn izibona ichatshazelwa zizenzo zolwaphulo-mthetho ezigxile ekudibaneni kwabantu nokonakaliswa kwepropati. Into ebalulekileyo kukuqatshelwa womba wokubulala njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili eDe Rust, eDysselsdorp naseCalitzdorp.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula kwiKlasta yamapolisa aseOudtshoorn, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abazizibonelelo abafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kuluntu, lo gama i-33% yabantu abathe baphendula ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. EDe Rust (87%), eDysseldorp (92%), eCalitzdorp (89%), eOudtshoorn (80%) naseLadismith (75%) abathathi-nxaxheba babonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ngokubhekiselele kumbuzo omalunga nokusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (54%) lubonise ukuba abakhange basetyenziswe ngokufezekileyo, yaza i-46% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba basetyenziswe ngokufezekileyo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzdorp (77%) lubonise ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba eDe Rust (77%) bebonise ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufezekileyo.

5.3 Ummandla wamapolisa aseOudtshoorn ubandakanya i-CDB yase-Oudtshoorn, iBongolethu nezikhululo zamapolisa aseBridgton.

### IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Malunga nokonela kwamagosa asebupoliseni ukuncedisa i-CSC, uninzi (57%) luvakalise ukuba amagosa asebupoliseni onele, lo gama i-43% iye yabonakalisa ukuba akonelanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDe Rust (93%), eDysselsdorp (92%) naseCalitzdorp (71%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC, lo gama eLadismith (100%) naseOudtshoorn (73%) kuye kwabonakala kuchaswa oku.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (75%) lwabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa aseOudtshoorn lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-25% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba bebona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababa ngayo aba vimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLadismith (100%), eDe Rust (93%) naseCalitzdorp (90%), lubonise ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo kumalungu asekuhlaleni  Izikhululo ziyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (62%) lubonise ukba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akaloncedo konke konke kumalungu asekuhlaleni.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Uninzi lwabantu abathe baphendula (64%) babonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-36% ayoneliseka ziinkonzo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (100%), iLadismith (100%) neCalitzdorp (84%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi.

### VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Xa kubuzwayo ukuba bacinga ukuba amangqina ayakhuselwa na yi-SAPS, uninzi lwabantu abaphenduleyo (60%) lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe na, lo gama i-30% yabathathi-nxaxheba icinge ukuba ayakhuselwa, yaza i-9% yabonisa ukuba ayiyicingi into yokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCalitzdorp (81%) lubonise ukungazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na.

### VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (66%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku kungaphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLadismith (92%), eCalitzdorp (90%) naseOudtshoorn (77%)  lucela ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo angaphezulu ‘okumiswa usetshwe’ acingwe yi-56% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa.

Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kuye kwacingwa yi-59% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseDe Rust (87%) naseCalitzdorp (71%) lucebise ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kumacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (73%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-24% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka, yaza i-2% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuy kuma-20 emizuzu lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-15 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho ngaphandle kweDysselsdorp apho uninzi (83%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa

## IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Uninzi (59%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-23% ibonise ukuba liyanikwa igalelo. I-19% ibonise ukuba alinikwa igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabantu abathe baphendula eCalitzdorp lubonise ukungazi nokuba i-CPF iyalinika na igalelo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (51%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba abazizibonelelo ngamapokisa kwimimandla yabo, lo gama i-34% ibonise ukuba aziliniki igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba, yaza i-15% yabonisa ukuba ayinalwazi lokuba i-CPF kufuneka ilinike na igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDysselsdorp (92%) naseDe Rust (77%) lubonise ukuba ii-CPF liyanikwa igalelo ngendlela ababiwa ngayo oovimba kummandla wabo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YASEOUDTSHOORN

**EDe Rust kucelwa amagosa asebupoliseni angaphezulu ndawonye nalawo alindele ukubizwa nanini na. Amagosa asebupoliseni ayacelwa ukuba ayeke ukusebenzisa izithuthi zasebupoliseni ngendlela egwenxa, ngeenjongo zokukholisa iimfuno ezizezabo.**

Abathathi-nxaxheba baseDysselsdorp bakholelwa ekubeni uluntu lufuna isikhululo samapolisa esingathi sikhulwana. Iintlanganiso zoluntu kufuneka zibanjwe namalungu asekuhlaleni ukwakha ubudlelwane ukuze kudaleke uluntu olungcono.

ECalitzdorp iinkqubo ezithe kratya zokuxhobisa abantu ngolwazi lolwaphulo-mthetho nokubamba ucwangco kufuneka ziqhutywe kwaye amapolisa kufuneka azibandakanye kanobom namalungu asekuhlaleni kwiintlanganiso.

Amagosa angaphezulu asebupoliseni makaqeshwe eLadismith.

## 4.9 UCAZULULO LWEE-PNP KWIKLASTA YAMAPOLISA KAMASIPALA WESITHILI SASE-OVERBERG

### 4.9.1 IKLASTA YAMAPOLISA ASECALEDON

IKlasta yamaPolisa aseCaledon inezikhululo zamapolisa ezizezi :- iCaledon, iGenadendal, iGrabouw, iRiviersonderend neVillersdorp. Zonke ii-CPF zithathe inxaxheba kwisaveyi yee-PNP

#### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

| Isikhululo samaPolisa | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 1 | Ulwaphu-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 2 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 3 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 4 | Ulwaphulo-mthetho Olufuna ingqwalaselo ephambili: 5 |
|---|---|---|---|---|---|
| **ICaledon** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Ubundlobongela basekhaya | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala ezihlala abantu, Ubusela obuqhelekileyo |
| **IGenadendala** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Uhlaselo oluqhelekileyo, ukubulala | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu kunye nobusela obuqhelekileyo |
| **IGrabouw** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesndo | Uhlaselo oluqhelekileyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu | Ukhuthuzo kwiindawo ezihlala abantu nobusela obuqhelekileyo |
| **IRiviersonderend** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni namatyala okuxhaza ngokwesondo | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ubundlobongela basekhaya | ukutyhuthulwa kwemoto nokubiwa kwemfuyo | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu norhwaphilizo |
| **IVillersdorp** | Uhlaselo ngeenjongo zokonzakalisa emzimbeni | Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo | Ukubulala | Ukubulala, ukhuthuzo oluqhelekileyo nokuphangwa | Uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu |

Abathathi-nxaxheba kwiKlasta yaseCaledon balubona uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni namatyala okuxhaphaza ngokwesondo njengezenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili. Kwinto yonke, iklasta yamapolisa aseCaledon ijongene kakhulu nolwaphulo-mthetho olufana namatyala okuxhaphaza ngokwesondo,ubundlobongela basekhaya, nezenzo zolwaphulo-mthetho olunxulumene nokonakaliswa kwepropati. Okubalulekileyo nomakuqwalaselwe kukuba iVillersdorp ikuqwalasela ukubulala njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili. IGenadendale yachongwa njengenye yeendawo ezilishumi elinesibini, ezinkqenkqeza phambili ekubukuleni ezinye iintlangaephondweni, phofu ke abathathi-nxaxheba abakhange balubone ubukulo lwezinye iintlanga njengesenzo solwaphulo-mthetho esifuna ingqwalaselo ephambili.

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUHLANGABEZANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO EZIHLALA ABANTU

Uninzi (58%) lwabantu abathe kwiKlasta yaseCaledon, luvakalise ukufaneleka koovimba ekuhlangabezaneni nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-42% ivakalise ukuba aba vimba abafanelekanga. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eVillersdorp (86%), eRiviersonderend (83%) naseCaledon (75%) lubonise ukuba oovimba babo bafanelekile ukuhlangabezana nolwaphlo-mthetho kwimimandla yabo. Kwimimandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukungafaneleki koovimba, ibeyiGrabouw (78%) neGenadendale (63%)

VVV) ISebe lezoKhuselo loLuntu, iPhepha lamaxesha athile lendima yeSebe lezoKhuselo loLuntu lokuhlangabezana nemingeni yokubukulwa kwezinye iintlanga eNtshona Koloni, nge-8Julayi 2010 alikapapashwa`=

## II) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Xa kubuzwa malunga noovimba abazizibonelelo abathe basetyenziswa ngokufezekileyo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (66%) babenoluvo oluthi oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama i-34% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba oovimba bamapolisa abasetyenziswanga ngokufezekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba baseRiviersonderend (83%), iCaledon (75%) neGenadendaal (71%), lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama eGrabouw (57%) ibonise ukukuchasa oku.

## III) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (61%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, yaza i-39% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eCaledon (63%) naseGanadendale (56%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi eRiviersonderend (100%) naseVillersdorp (88%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ancedisa kwii-CSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (85%) lwabathathi-nxaxheba kwiKlasta yamapolisa aseCaledon, lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-15% yabonisa ukuba amagosa asebupoliseni akathobekanga kwaye akaloncedo. Oku kwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba abazizibonelelo. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela ababiwa ngayo oovimba ngamapolisa eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu, Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu asekuhlaleni.

## V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula kumbuzo omalunga neenkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, uninzi lwabathathi-nxaxheba (53%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabo, yaza i-45% ayoneliseka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGenadendale (78%), eVillersdorp (75%) naseGrabouw (60%) lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, lo gama iRiviersonderend, bonke abathathi-nxaxheba (100%) babonise ukungoneliseki ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (55%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-32% ibonise ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-28% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabantu abathe baphendula eGenadendale (56%) lubonise ukuba aluyicingi into yokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) lubonise ukungazi konke konke nokuba amangqina ayakhuselwa na.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba ukujikeleza okungaphezulu kwamapolisa emini nasebusuku, kungakuphucula ukubonakala kwamapolisa. Bonke abathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%), i-80% eGrabouw ne-78% eGenadendale, bacela ukujikeleza ngakumbi kwamapolisa emini nasebusuku. Amaphulo 'okumiswa usetshwe' acingwe yi-57% yabathathi-nxaxheba njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) naseGrabouw (80%)

lubonise ukuba amaphulo angaphezulu 'okumiswa usetshwe' makaqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-38% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamaplisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRviersonderend (100%) naseGrabouw (60%) lucebise ukuba ukuphunyezwa okupheleleyo kokugcinwa kocwangco kuyakuphucula ukubonakala kwamapolisa.

### VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (70%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lelona xesha lichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-18% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 yamkelekile njengexesha lokuphendula kwamapolisa ngexesha likaxakeka, yaza enye i-5% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20 yabonisa ukwamkeleka kweli xesha. I-3% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba imizuzu engama-20 ukuya kuma-30 yamkelekile, yaza i-5% yabonisa ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%), eGrabouw (90%) naseVillersdorp (75%) lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

### IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Xa kubuzwa ukuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, impendulo ihambe ngolu hlobo lulandelayo :-i-57% yabathathi-nxaxheba ibonise ukungazi, i-24% ibonise ukwazi, lo gama i-19% ithe ii-CPF aziliniki igalelo kwizicwangciso zesikhululo. Uninzi lwabathe baphendula eCaledon (86%) lubonise ukuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eRiviersonderend (100%), eDoringbaai (86%) babonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo.

The majority of participants (56%) indicated that they do not know whether CPFs provide input in the way resources are allocated by the police in their areas, while 36% indicated that they do and 8% indicated that they do not. The majority of participants in Riviersonderend (100%), Doringbaai (86%) indicated that the CPFs provide input.

EGenandendale bonke abaphenduleyo (100%) naseVillersdorp (86%) babonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO KWIKLASTA YAMAPOLISA ASECALEDON

Ngaphaya kweKlasta yonke yaseCaledon kubekho isikhalo sokuba makubekho unxibelelwano olufaneleke ngokuthe kratya phakathi kwamagosa asebupoliseni noluntu. Abathathi-nxaxheba besikhululo saseCaledon babike ukuba noxa nje ukubonakala kwamapolisa kukwizinga eliphezulu, badanile ukubona ukuba amapolisa ayasilela ekusebenzeni noluntu. Babhaqe ukubakukho imiqobo yolwimi kunye nenkxamleko engabalulekanga ethathwa ngamapolisa kwinkqubo yawo yokubamba abaphuli-mthetho njengezizathu ezinokwenziwa kukuqhawuka konxulumano phakathi koluntu namagosa asebupoliseni.

EGenadendale, abahlali banenkxalabo malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ezingekho mthethweni. Babike ukuba ulutsha luqhogana nesi simo sokuziphatha esithoba umgangatho woluntu. Esinye seziphakamiso esiziswe ngaphambili, kukwandiswa kwenani lezithuthi zamapolisa.

EGrabouw, abathathi-nxaxheba bavakalise inkxalabo yabo malunga nemeko engaginyisi-mathe yezithuthi zamapolisa emimandleni. Bakwayikhankanyile nento yokuba kufuneka kuthiwe gqolo ukulandela kwamapolisa emva kokuba isenzo solwaphulo-mthetho sibikiwe.

Abathathi-nxaxheba kwiklasta yaseHermanus balubone uhlaselo lokonzakalisa emzimbeni, uqhekezo kwiindawo ezihlala abantu nokutyhuthulwa kwemoto njengezona zenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili kwimimandla eyeyawo yesikhululo samapolisa. Iklasta yaseHermanus ibonwa njengendawo echatshazelwe zizenzo zolwaphulo-mthetho ezimalunga nohlaselo lwabantu nokonakaliswa kweepropati. Amatyala okuxhaphaza ngokwesondo nobundlobongela basekhaya ziyaqatshelwa njengezenzo ezibini zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili eStanford naseNapier ngokulinganayo.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO UKUKHAWULELANA NOLWAPHULO-MTHETHO KWIINDAWO ZABAHLALI

Uninzi (76%) lwabantu abathe baphendula kwiklasta yamapolisa aseHermanus, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-24% yabaphenduleyo ivakalise ukuba aba vimba bafanelekile. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBradasdorp (100%), eKleinmond (100%) eNapier (100%) naseStruisbaai (71%), lubonise ukuba oovimba babo abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho kwimimandla yabo. Ummandla apho uninzi lwabathathi-nxaxheba babonise khona ukuba oovimba bafanelekle, yiStanford (67%)

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Ukuphendula malunga nombuzo ongqamene nokusetyenziswa koovimba, uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) babonise ukuba aba vimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama i-43% yabathathi-nxaxheba ivakalise ukuba aba vimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo. EStanford (100%), eKleinmond (91%) naseGansbaai (75%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama, abathathi-nxaxheba eNapier (100%) naseBredasdorp (67%) lubonise ukuba oovimba abasetyenziswanga ngokufezekileyo.

### IV) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (57%) lubonise ukuba amagosa asebupoliseni akonelanga ekuncedeni abantu kwi-CSC, yaza i-49% yabonisa ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (87%) naseStruisbaai (78%) lubonise ukonela kwamagosa asebupokiseni kwii-CSC. Uninzi eNapier (100%), eGaansbaai (78%) naseKleinmond (70%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) kwiklasta yamapolisa aseHermanus, lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo lo gama i-29% iye yakuphika oko. Oku kwenzeka nangaphezu kokuba kubonwa ukunqongophala kwabasebenzi kunye nabanye oovimba.  Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa abababa ngayo aba vimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxhebakuzo zonke izikhululo , luyavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwi-CSC akathobekanga kwaye akoloncedo.

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula kulo mbuzo, uninzi lwabathe baphendula (63%), lubonise ukoneliseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, lo gama i-37% ingakhange yoneliseke ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eNapier (100%), eStanford (100%), eHermanus (88%), eKleinmond (70%) lubonise ukoneliseka, kwaza eBredasdorp, bonke abathathi-nxaxheba (100%) babika ukungoneliseki kwabo.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (55%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina ayakhuselwa na, lo gama i-32% ibonise ukuba amangqina akakhuselwa ngamapolisa, yaza i-28% yacinga ukuba ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eGenadendale (56%) lubonise ukuba lucinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRiviersonderend (100%) lubonise ukungazi nokuba amangqina ayakhuselwa na.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Kumba wokubonakala kwamapolisa, uninzi (75%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba kufuneka amapolisa ajikeleze ngakumbi, emini nasebusuku, oku kubhekiswa kuzo zonke izikhululo zamapolisa. Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' acingwe yi-58% yabathathi-nxaxheba njengenye yezinto ezibalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%), eNapier (100%) naseKleinmond (92%) lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe', kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo kokugcinwa kocwangco kucingwe yi-63% yabathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%) naseNapier (89%) nalo lucebise ukuphunyezwa okupheleleyo kokubanjwa kocwangco ukuphucula ukubonakala kwamapolisa

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (75%) lwamalungu asekuhlaleni, lubonise ukubs imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-14% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15 ibe yamkelekile njengexesha lokuphendula ngexesha likaxakeka, yaza enye i-11% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kuma-20, yabonisa ukuba yamkelekile. Bonke abathathi-nxaxheba eBredasdorp, eNapier, eStanford ndawonye ne-83% eKleinmond, yabonakalisa ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 , lixesha elibalulekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO

Uninzi (68%) lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba i-CPF iyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-28% iye yabonisa ukungabi nalwazi, yaza i-5% yalandula. Ikakhulu, abantu abathe baphendula (100%), eBredasdorp (93%), naseGaansbaai (88%) uninzi lubonise ukuba bayalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama eNapier (89%) uninzi lubonise ukuba alwazi nokuba igalelo liyanikwa na yi-CPF.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (72%) lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo kwimimandla yabo, lo gama i-24% ibonise ukungabinalwazi loko, yaza i-4% yabonisa ukuba abaliniki igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo ngamapolisa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eBredasdorp (100%), eGaansbaai (89%), eStanford (89%) naseKleinmond (82%), lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eNapier (100%) naseStruisbaai (63%) lubonakalise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela amapolisa ababa ngayo oovimba kwimimandla yabo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEHERMANUS

Abathath-nxaxheba baseBredasdorp banengcinga yokuba ukusebenzisa iziyobisi gwenxa ngowona mba ungundoqo ekufuneka kujongwane nawo. Banembono yokuba ummandla wabo mkhulu gqitha ukuba ungalawulwa ngokwaneleyo ngamapolisa.

Ulwaphulo-mthetho kwaye kudla ngokuba nzima ukunxibelelana nawo ngenxa yokusilela kwezixhobo zokunxibelelana. Kwinto yonke kwababakho ukudana malunga nomsebenzi wamagosa asebupoliseni ophuma izandla ekulandeleni kwawo amatyala athe abikwa.

EGaansbaai abathathi-nxaxheba bakhankanye ingxaki ekhoyo ylkubakho kwezibhadu-bhadu ezibandakanyeka kwizenzo zolwaphulo-mthetho kummandla wabo. Banembono yokuba unxibelelwano oluthe kratya nolwazi oluphangaleleyo malunga nemisebenzi yobupolisa, loo nto ingalicutha izinga lokudibana nezenzo zolwaphulo-mthetho. Bayikhankanyile iPearly Beach njengommandla ekunqabileyo kuwo ukubonakala kwamapolisa nokungahambi ngokufanelekileyo kwezinto, lo gama bonelisekile ngumgangatho wentsebenziswano phakathi kwee-CPF namapolisa, banembono yokuba ukwandiswa kwabasebenzi basebupoliseni bekunokuba lulutho olukhulu.

EHermanus, abathathi-nxaxheba baqaphele ukuba umgangatho wokubonakala kwamapolisa uphantsi kakhulu, batsho bayichaphazela nento yokuba sinye kuphela isithuthi samapolisa esijikelezayo kwindawo enkulu ehlala abantu baseZwelihle, nto ke leyo ebonisa ukusilela okoyikekayo. Ingcebiso enye ibe yeyokuba abantu abagadayo ebumelwaneni, mabaxhotyiswe ngeevesti ekungagqobhozi zimbumbulu kuzo ukukhuthaza intatho-nxaxheba yoluntu kuthintelo lolwaphulo-mthetho.

Abathathi-nxaxheba eKleinmond bakhankanye ukuqundana ndaweninye nokuzulazula kwezikrelemnqa, njengezinto ezibaxhalabisayo nezingangakhange kujongwane nazo kuluhlu lwemibuzo. Banembono yokuba ipolisa elinye kummandla omkhulu wasemaphandleni, uvumela ukungena kwamandla olwaphulo-mthetho kuluntu olunezibhadubhadu ezenza izinto ezigwenxa. Banengcinga yokuba xa kwandiswe abasebenzi ndawonye nonxibelelwano namalungu asekuhlaleni, loo nto inganceda ukuthintela ulwaphulo-mthetho kummandla wabo.

Abahlali bommandla waseNapier baxhalatyiswa kukuqhekezwa kwezindlu nezenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene norhwaphilizo olwenziwa kubantu abadala. Bakwanayo imbono yokubaizithuthi zamapolisa  azonelanga kwaye le nto inobunzima obukhulu ngohlobo lokuba isikhululo samapolisa sikude kakhulu kwindawo abahlala kuzo abantu. Bayikhankanye iPlakkersKamp njengommandla apho izinga lokubonakala kwamapolisa liphantsi. Baxakanisekile malunga nokusilela kokuzibandakanya kwee-CPF, batsho bebika nokuba iintlanganiso zoluntu zinqabe okwezinyo, lenkukhu. Banoluvo lokuba ukwandiswa kwentsebenziswano noluntu ngokuthi kubanjwe iinlanganiso ezixhobisa ngolwazi, loo nto ingayiphucula imeko. Abahlali bachulumancile yindlela amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwa ngayo ngamapolisa.

EStanford, baxhalatyiswa kwimimandla yabo, zizenzo eziphazamisa uxolo, amaziko anikezela ngeziyobisi ezingekho mthethweni, nokuminca ezivenkileni. Nangona bevuyiswa lixesha lokuphendula kwamapolisa, amalungu asekuhlaleni angathanda kubekho ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa. Bakwanayo nembono yokuba ayonelanga iyantlukwano ngobuhlanga nangokwenkcubeko kubasebenzi basebupoliseni.  .

Bawubona umhlaba omncinane weelwimi njengengxaki. Bakwawubona ummandla njengento efuna ukusoloko ijongwe ngakumbi ngamapolisa.

Lo gama amalungu asekuhlaleni eStruisbaai onelisekile ngandlela zonke zeenkonzo zamapolisa, angathanda ukubona izithuthi zamapolisa zikumgangatho ongcono kwaye zisetyenziswa ngakumbi.

ISuidganstrand ikhankanywe njengommandla oyingxaki apho ubukho bamapolisa kufuneka bandisiwe. Banembono yokuba kufuneka kuqwalaselwe ngamandla ukuziphatha kwamapolisa ngondiliseko ekuhlaleni.

### II) UKUFANELEKA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO ELUNTWINI

Uninzi (67%) lwabantu abathe baphendula kwiklasta yamapolisa aseVredendal, luvakalise ukuba oovimba bamapolisa abafanelekanga ukuhlangabezana nolwaphulo-mthetho eluntwini, lo gama i-33% yabaphenduleyo ivakalise ukufaneleka kwaba vimba. Uninzi lwabantu abathe baphendula eDoringbaai (100%), eKlavier (100%) , eLutzville (90%), eVan Rhynsdorp (88%) naseClanwilliam (70%) lubonise ukungafaneleki koovimba babo, lo gama eLambertsbaai (64%) naseNumerus (63%), abathathi-nxaxheba bebonise ukufaneleka koovimba.

### III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA ABAZIZIBONELELO

Kumbuzo omalunga nokusetyenziswa koovimba abazizibonelelo, uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) lubonise ukuba oovimba basetyenziswa ngokufezekileyo, yaza i-29% yabathathi-nxaxheba yabonisa ukuba aba vimba abasetyenziswa ngokufanelekileyo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%), eKlavier (100%), eLambertsbaai (100%), eGraafwater (75%), eNuwerus (75%) naseVan Rhnynsdorp (75%) babe noluvo lokuba abavimba basetyenziswa ngokufezekileyo, lo gama abathathi-nxaxheba baseCitrusdal (100%) naseElandsbaai (75%) bebonise ukukuphikisa oku.

### IV) IZIKO LEENKONZO ZOLUNTU

Isiqingatha sabathathi-nxaxheba (50%) sibonise okonela kwamagosa asebupoliseni ekuncediseni abantu kwi-CSC, saza esinye isiqingatha (50%) sabonisa ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseLambertsbaai (73%) lubonise ukonela kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC. Uninzi lwaseCitrusdaal (71%) lubonise ukungoneli kwamagosa asebupoliseni kwii-CSC.

#### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Uninzi (94%) lwabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa aseVredendal lubonise ukuba amagosa asebupoliseni asebenza kwi-CSC athobekile kwaye aluncedo, yaza i-6% yakuphikisa oku. Okukwenzeka nangaphezu kokubona ukunqongophala kwabasebenzi nabanye oovimba. Le nkcukacha-manani ibalulekile xa kucingwa indlela amapolisa ababa ngayo oovimba eluntwini nasekudaleni unxulumano lwentembeko phakathi kwamapolisa noluntu. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa bayavuma ukuba amagosa asebupoliseni kwii-CSC aluncedo kumalungu oluntu.
-*

### V) IINKONZO EZINIKEZELWA NGABACUPHI

Ukuphendula umbuzo omalunga nokunikezelwa kweenkonzo ngabacuphi, uninzi lwabantu abathe baphendula, (88%) lubonise ukonela ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi, yaza i-12% ayoneliseka. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%), eKlavier (100%), eLambertsbaai (100%), eClanwilliam (91%), eGraafwater (91%), eVredendaal (89%) naseNuwerus (88%), bonke babonise ukonekiseka ziinkonzo ezinikezelwa ngabacuphi. ECitrusdal (60%) babe ngaphezu kwesiqingatha abantu abathe boneliseka.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Uninzi (47%) lwabathathi-nxaxheba alukhange lwazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho ayakhuselwa na, lo gama i-40% ibonise ukuba amangqina ayakhuselwa ngamapolisa, yaza i-13% yacinga ukuba akakhuselwa. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseVanrhynsdorp (88%) lubonise ukucinga amangqina ayakhuselwa, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eNuwerus (86%) naseCitrusdal (75%) lubonise ukungabi nalwazi malunga nalo mba.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Uninzi (65%) lwabantu abathe baphendula lubonise ukuba kufuneka libe ngathi lithi xhaxhe inani lamapolisa ajikelezayo emini, yaza i-56% yabonisa ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku makuqhutywe. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseGraafwater (75%) lucele ukuba ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini, makuqhutywe, lo gama uninzi lwabathathi-nxaxheba eLambertsbaai (82%) naseLutzville (80%) lucele ukujikeleza okuthe kratya kwamapolisa emini nasebusuku.

Amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe' acimgwe yi-49% njengento ebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Evan Rhynsdorp (100%), eLutzville (90%), eKlavier (78%) naseVredendal (67%), uninzi lwabathathi-nxaxheba lubonise ukuba amaphulo athe kratya 'okumiswa usetshwe', kufuneka aqhutywe. Ukuphunyezwa ngokuzeleyo kokubanjwa kocwangco ngamapolisa kucingwe yi-53% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa, yimbono le ekwanjalo naseLutzville (70%) naseKlavier (67%)

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukuncedisa ngexesha likaxakeka, uninzi (74%) lwamalungu asekuhlaleni lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10, lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa, lo gama i-11% ivakalise ukuba imizuzu eli-10 ukuya kweli-15, lixesha elichanekileyo lokuphendula amapolisa ngexesha likaxakeka, yaza enye i-7% yabonisa ukuba imizuzu eli-15 ukuya kwengama-20 yamkelekile. I-6% yabathathi-nxaxheba ibonise ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Uninzi lwabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo, lubonise ukuba imizuzu emi-5 ukuya kweli-10 lixesha elamkelekileyo lokuphendula kwamapolisa kwiimeko zolwaphulo-mthetho, ngaphandle nje kweNumerus apho uninzi lwabathathi-nxaxheba (71%) baye babonisa ukuba imizuzu engama-30 ukuya kuma-60 lixesha elichanekileyo lokuphendula kwamapolisa

## IX) IGALELO LWEE-CPF KWIZICWANGCISO ZESIKHULULO SAMAPOLISA

Isiqingatha sabantu abathe baphendula sibonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama i-46% ibonise ukuba ziyalinika igalelo, yaza i-4% yayiphikisa into yokuba ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo. EDoringbaai (86%) naseLutzville (80%) uninzi lwabathe baphendula lubonise ukuba ii-CPF ziyalinika igalelo kwizicwangciso zesikhululo, lo gama iVredendal (78%) neGraafwater (67%) uninzi luye lwabonisa ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na uncedo.

Uninzi lwabathathi-nxaxheba (45%) lubonise ukungazi nokuba ii-CPF ziyalinika na igalelo ngendlela oovimba abazizibonelelo ababiwa ngayo ngamapolisa kwimimandla yabo, lo gama i-43% ibonise ukubaziyalinika igalelo ngendlela oovimba ababiwa ngayo. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eLutzville (90%), eDoringbaai (86%) naseVanrhynsdorp (71%) lubonise ukba ii-CPF ziyalinika igalelo.

### X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO NGOKUBHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA ASEVREDENDAL

Ezinye iingcebiso eCitrusdal ibe zezokuba amagosa asebupoliseni kufuneka abe ngathi azinikela ngakumbi kwaye oovimba abazizibonelelo kufuneka basetyenziswe ngembeko. Ikhe yakhankanywa into yokuba amalungu athile eluntwini anengcinga yokuba amapolisa enza ubuqhopholololo. Amalungu aye aqaphela ukuba kukho ukusilela kokubonakala kwamapolisa ezifama, kwiindawo ezingasemilanjeni apho kulahlwa khona inkukuma, kwiindawo ezinamatyotyombe/kwimimandla ehlelelekileyo, nakwiBhulorho yaseHexriver ngaphandle kwedolophu.

Bekukho isikhalazo sokungabonakali kwaphela kwamapolisa. Abantu ngabantu baqahela ukuba kukho imfuneko yokuqeshwa ngaphezulu amapolisa kwisikhululo sabo, kwaye kufuneka ingcina-sifuba ingathathwa njengento yokudlala. Ikwavakalisiwe nento yokuba amapolisa akakwazi ukuya kwiindawo abizelwa kuzo, akhokelisa isizathu sokuba kukho ukungoneli kweeveni zamapolisa.

Abathathi-nxaxheba baseClanwilliam baqaphele ukuba ukunikezelwa kweenkonzo kufuneka kukhulisiwe. Linye ikhwiniba elisoloko likhalazelwa lelokuba ulwimi lingumqobo ekuphumezeni izinto, kwaye kufuneka abasebenzi abakwaziyo ukuyimela into, abazinikezeleyo nabaqeqeshiweyo ukuqhubeka nolawulo olungcono. Iye yachatshazelwa into yokuba amapolisa ‘angafundanga’ kufuneka aphonononqwe imeko yawo ngokuya lihamba ixesha, iphinde ke loo nto ibonise ukuba uqeqesho olusemgangathweni luyafuneka. Kuyacingwa ukuba ukuziphatha kwamagosa asebupoliseni ngendlela ephucukileyo kukwandiswa kweeseshoni zokuphicothwa kwemibuzo nokunika iingcebiso. Kuyacetyiswa kwakhona ukuba ukwabelana kwamapolisa ngolwazi kuluntu kubonwe njengengxaki. Ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa kumabala okudlalela, ezikolweni, ezifama nakwimimandla yezoshishino, kuyacelwa. Kukwaphakanyiswe into yokuba amapolisa ambalwa kakhulu ndawonye nezithuthi zawo, kodwa ke kuye kwacetyiswa ukuba amanye amasebe ayalunika uncedo kangangoko anakho kwi-SAPS ukuphungula umthwalo.

EDoringbaai kuboniswe ukongeneli kwabasebenzi noovimba abazizibonelelo. Ukuphucula indlela yokukwazi ukumela into ngakwicala lamapolisa, kuphakanyiswe ukuba kufuneka kuthi chatha ukubekwa kwezinto elubala phakathi kwamapolisa noluntu.

I-Elandsbaai iqaphele ukuba ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa kuyafuneka ezifama, eGereeld Caravan Park nakwizindlu apho kuchithelwa khona iiholide nakwimimandla yasemaphandleni. Kuphakanyiswe ukuba amapolisa kufuneka ajikeleze rhoqo kwimimandla yoluntu ukufumanisa ukuba kwenzeka ntoni na nokuba yintoni na enokuthi yenzeke. Oku kunokuwanceda amapolisa xa ebona ukuba kukho undonakele othile.Ukuphucula ukunikezelwa kweenkonzo, kuye kwaphakanyiswa ukuba amapolisa kufuneka axhotyiswe ngezixhobo ezisemgangathweni zokusebenza nokuthi amapolisa asabele ngokukhawuleza okukhulu nangokufanelekileyo kumatyala aziswe ngaphambili. Kuye kwakho imfuneko yokwandiswa kwenani lamapolisa,kwaye kuye kwafunyaniswa ukuba isikhululo sikwimeko ebalekisa umzimba apho abantu baqaphele ukuba abanayo indawo eyimfihlakalo apho banokuphalaza khona iimbilini zabo. Kuye kwacelwa kwakhona ukuba kuphuculwe unxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu, lo gama kuye kwaphakanyiswa ukuba amapolisa akazihoyi izenzo zolwaphulo-mthetho ngenxa yokunyotywa kwaye abantu abawathembanga amapolisa. Amapolisa makakwazi ukuyimela into kwaye kufuneka asebenzele ukuzuza intlonipho eluntwini ngaphezu kokufuna ukunyanzelisa. Izithuthi ezizi-4x4 ziyafuneka xa amapolisa esiya kwiindawo zaselwandle.

**IGraafwater iphakamise ukuba malande inani lamapolisa asemsebenzini kwaye kufuneka abengathi ayazibandakanya mihla le ekuqhubeni imisebenzi yesikhululo samapolisa. Makabe ngathi ayabonakala ezifama nakwimimandla engqongileyo. Uqeqesho olusemgangathweni malunikwe ukuze kunikezelwe iinkonzo ezingcono, kodwa ke bezikwakho neentetho ezihlomlayo ezivakalisa ukuchwayita koluntu malunga nendlela yokusebenza kwamapolisa.**

Abathathi-nxaxheba baseKlawer baphakamise ukuba amagosa asebupoliseni makabe ngathi ayongezwa kwisikhululo sabo, kwaye kufuneka ubunkokheli obungcono. Ukuphunyezwa kokubekwa kweliso ebumelwaneni bubonwe njengomqathango obalulekileyo kwaye kufuneka uluntu lusebenzisane namapolisa. Indlela kazwelonke, ka-N7, iifama nemimandla abathanda ukuhambahamba kuyo abakhenkethi, kufuneka abonakale ngamandla kuyo amapolisa. Kuye kwaqatshelwa ukuba ummandla okhavarisha isikhululo samapolisa mkhulu kakhulu kwaye kufuneka kubekho izithuthi zamapolisa eziza kusetyenziswa kwakule ndawo.

**Abathathi-nxaxheba baseLambertsbaai bakhankanye ukuba kufuneka amagosa athe kratya asebupoliseni kwanokuba ulwimi nonxibelelwano lunika inkxalabo. Kuphakanyiswe ukuba umsebenzi wamapolisa obandakanya uluntu ofana nabasebenzi anyanzelise umthetho kwanokusetwa kwamaphulo okumiswa kwezithuthi endleleni zisetshwe (road blocks), ezo zinto ziphucula ukubonakala kwamapolisa. Amapolisa makangalindeli ukuba abahlali bade bakhalaze phambi kokuba bajongane nolwaphulo-mthetho. Isenzo nje esinye solwaphulo-mthetho ekufuneke kujongwane naso, kukwenza ingeniso kanamvuna (cray fish) ngokungekho mthethweni. Makabengathi ayongezwa amapolisa azakujikeleza isikhululo seenqanawa kwakunye neHarmony Park, imimandla yoluntu neziko lezoshishino.**

**ELutzville ukusilela konxibelelwano oludalwa yimiqobo yolwimi ibonwe njengengxaki, ndawonye nokungoneli kwabasebenzi nezixhobo zokusebenza. Kufuneka kubekho intsebenziswano nonxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu. Ukubonakala okuthe kratya kwamapolisa ezifama, e-Ebenezzar, eKoekenaap, eLutzville, eLutzvlle-West Uitlyk, kwaye kufuneka kusetwe amaphulo okumiswa kwezithuthi endleleni zisetshwe. Kufuneka kunyuswe inani lezithuthi, amalungu asebupoliseni nezixhobo zokusebenza ukuze amapolisa aphendule ngokukhawuleza kwizikhalazo ezingxamisekileyo. Ummandla okhavarishwa sisikhululo samapolisa, ubonwa umkhulu kakhulu.**

**Abathathi-nxaxheba baseNuwerus babone ukungoneli kwabasebenzi. Ibisoloko ikhankanywa into yokuba kufuneka abe ngathi ayabonakala amapolisa eKliprand ngeempelaveki, ingakumbi ngemigqibelo. Intsebenziswano phakathi koluntu namapolisa iye yaphakanyiswa ukwandisa ingcinga yokukwazi ukyimela into. Kwakhona umgama wokuya kwisikhululo samapolisa ubonwa njengengxaki.**

Abathathi-nxaxheba baseVanrynsdorp bacebise ukuba amapolisa makanikwe izibonelelo zenkuthazo ezingcono. Amapolisa azikhawulezele izenzo ezincinane zolwaphulo-mthetho ngalo mzuzu adibana nazo esitalatweni kwaye kufuneka abe yimizekelo. Baye baqaphela ukuba ukugcinwa kocwangco kwisikhululo akuhambi kakuhle eHopland naseMaskamsig, imimandla emithathu ifuna amapolisa abe ngathi ayajikeleza. Unxibelelwano olusemgangathweni nokupheliswa kwezenzo zolwaphulo-mthetho ezidibene nokusetyenziswa kweziyobisi kwakunye nongeniso-nzuzo lweziyobisi liphakanyiswe njengezinto ekufuneka amapolisa kulo mmandla, aziphucule.

EVredendal kuphakanyiswe ingqwalaselo malunga nonxibelelwano olusemgangathweni lwamapolisa, kupheliswe imiqobo yolwimi nobuhlobo obubonakaliswa ngamapolisa eluntwini. Iifama neCandelo 1 neVredendal North zifuna amapolisa abonakale ngakumbi ndawonye ne-CBD ngeempelaveki.

## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Isininzi (47%) sabathathi-nxaxheba babengazi nokuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile, lo gama (40%) abathathi-nxaxheba babengazi ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselwe ngamapolisa kwaye abali-13% babecinga ukuba abakhuselekanga. Isininzi sabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%) naseVanrhynsdorp (88%) bachaza ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile lo gama isininzi sabathathi-nxaxheba eNuwerus (86%) naseCitrusdala (75%) abazange bavakalise lwazi ngaloo mba.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Isininzi (65%) sabanika iimpendulo bakhetha iipatroli ezininzi zasemini baza abangama-56% bachaza ukuba iipatroli ezininzi zifanele ukuqhutywa emini nasebusuku. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eDoringbaai (100%), eLambertsbaai (91%) naseGraafwater (75%) bacela ukuba kubekho iipatroli ezininzi emini lo gama isininzi sabathathi-nxaxheba eLambertsbaai (82%) naseLutzville (80%) sicela iipatroli ezininzi ziqhubeke emini nasebusuku.

Imisebenzi emininzi 'yokumisa kusetshwe' yathathwa ngabangama-49% njengebalulekileyo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. EVanrhynsdorp (100%), eLutzville (90%), eKlawer (78%) naseVredendal (67%) isininzi sabathathi-nxaxheba bachaza ukuba imisebenzi emininzi 'yokumisa kusetshwe' ifanele ukuqhutywa. Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa wamacandelo kwathathwa ngabangama-53% njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa, le yayiyimeko efanayo eLutzville (70%) naseKlawer (67%).

## VIII) IXESHA LOKUPHENDULA KWAMAPOLISA KUMAXESHA KAXAKEKA

Ukunceda kwimeko yongxamiseko, isininzi (74%) soluntu sachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo anokuphendula ngalo amapolisa lo gama i-11% yaba novakalelo lokuba imizuzu eli-10-15 yayamkelekile njengexesha elifanele ukuthathwa ukuphendula kwimeko yezongxamiseko baza abangama-75% bachaza ukuba imizuzu eli-15-20 yamkelekile. Iipesenti ezi-6 (6%) zabathathi-nxaxheba zachaza ukuba kwamkelekile ukuba amapolisa aphendule kwimizuzu engama-30 – kuma-60 emizuzu. Isininzi sabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa bachaza ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha lokuphendula elamkelekileyo emapoliseni ukuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho ngokungaphandle **kwaseNuwerus** apho isininzi sabaphenduli abangama-71% bachaza ukuba amapolisa asenokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho ingadlulanga imizuzu engama-30-60.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZIKHULULO ZAMAPOLISA

Isiqingatha sabaphenduli sachaza ukuba asazi nokuba ngaba ii-CPF zibonelela

ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa, lo gama ama-46 achaza ukuba benjenjalo size isi-4% singaboneleli ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo zamapolisa. EDoringbaai (86%) naseLutzville (80%), isininzi sabaphenduli bachaza ukuba babonelela ngegalelo kwizicwangciso zamapolisa, lo gama eVredendal (78%) naseGraafwater (67%) isininzi sachaza ukuba abazi nokuba i-CPF ibonelela ngegalelo kusini na.

Isincinane sabathathi-nxaxheba (45%) sachaza ukuba asazi nokuba ii-CPF zibonelela ngegalelo kwindlela izibonelelo zoncedo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo zabo, lo gama ama-43% achaza ukuba benjenjalo baza abali-12% bachaza ukuba ababoneleli ngegalelo kwindlela oovimba bezibonelelo ababiwa ngayo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eLutzville (90%), eDoringbaai (86%) naseVanrhynsdorp (71%) bachaza ukuba ii-CPF zifaka igalelo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO APHATHELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA YASEVREDENDAL

Ezinye iingcebiso **eCitrusdal** yayikukuba amagosa afanele ukuzimisela kakhulu zize nezibonelelo zoncedo zisetyenziswe ngendlela enentlonipho ngaphezulu. Kwakhankanywa ukuba amanye amalungu eluntwini anoluvo lokuba amapolisa kusenokwenzeka anorhwaphilizo. Uluntu lwaqaphela ukuba kukho ukunqongophala kobukho bamapolisa kwiifama, kwiindawo ezisemilanjeni zokulahla iinkunkuma nasematyotyombeni/ kwiindawo zabasweleyo, ngokunjalo nakwiHexriver Bridge – ngaphandle edolophini.

Kwakukho isikhalazo sokuba amapolisa akabonakali konke. Iqela labantu laqaphela ukuba amagosa amapolisa amaninzi kufuneka ukuba aqeshwe kwizikhululo zabo kwaye umba wokugcina kokuyimfihlelo ufanelwe ukujongwa ngokungqongqo. Kwakhankanywa ngokunjalo ukuba ngamanye amaxesha amapolisa akakwazi kusabela ikhwelo, becaphula ukunqongophala kweeveni zamapolisa njengesizathu.

**EClanwilliam** abathathi-nxaxheba baqaphela ukunikezelwa kweenkonzo njengokufuna ukuphuculwa. Intetho eqhubelekayo yayikukuba ulwimi lukhangeleka lusisithintelo ngokuphathelele koku kwanokuba kwakufuneka abasebenzi abaya kuphendula ngabakwenzayo (*accountable*), abazimiseleyo nabaqeqeshiweyo nabanesakhono sokulawula esingcono. Kwakhankanywa kwakhona ukuba amapolisa “angafundanga” afanele ukuvavanywa kusetyenziswa inkqubo efunekayo, nethi kwakhona icebise ukuqeqesha ngcono okufunekayo. Kwaye kwacingwa ukuba umoya wentumakalalo (*morale*) wamagosa unokunyuswa ngenkqubo yokunika ingxelo kwamapolisa (*debriefing*) nakwiiseshoni zeengcebiso (*counseling sessions*). Kwacetyiswa kwakhona ukuba ukwabelana ngengcaciso evela emapoliseni isiya kuluntu kwacatshulwa njengengxaki. Ukubonakala kwamapolisa kakhulu kwacelwa kumabala ezemidlalo, ezikolweni, ezifama nakwiindawo zamashishini. Kwaphakanyiswa ngokunjalo ukuba ambalwa kakhulu amapolisa neenqwelo zamapolisa ezifumanekayo, kodwa kwacetyiswa ukuba amanye amasebe ayabanceda abakwaSAPS ngomthwalo womsebenzi apho anako ukwenjenjalo.

**EDoringbaai** kwachazwa ukuba kukho ukunqongophala kwabasebenzi kwanoovimba bezibonelelo. Ukuphucula ukuphendula kwamapolisa ngakwenzayo (*accountability*) kwaye kwacetyiswa ukuba kubekho ukuvuleleka phakathi kwamapolisa noluntu.

**I-Elandsbaai** yaqaphela ukuba ukubonakala kwamapolisa ngaphezulu kwakufuneka eFarms, Gereeld Caravan Park nakwizindlu zeeholide ngokunjalo nakwiindawo zasemaphandleni. Kwacetyiswa ukuba amapolisa afanele ukupatrola iindawo zoluntu qho ukufumana uvakalelo lokuqhubekayo nokusenokwenzeka. Oku kusenokubanceda ngokunjalo xa bebona kukho into engatshongo khona. Ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo kwacetyiswa uuba

izibonelelo zokusebenza zamapolisa ezingcono zazifuneka kwanokuba amapolisa kwakufuneka ukuba asebenze ngokukhawuleza nangobuchule namatyala. Kwakufuneka amapolisa amaninzi kwanokuba isikhululo sasisebugxwayibeni apho amapolisa aqaphela ukuba akanayo indawo yokusemfihlweni yawo. Unxibelelwano olungcono noluntu lwacelwa ngokunjalo lo gama kwachazwayo ukuba amanye amapolisa akazihoyi izenzo zolwaphulo-mthetho kuba ngenxa yokunyotywa kwanokuba bengawathembi amapolisa. Amapolisa afanele ukuphendula ngakwenzayo aze azuze intlonipho yoluntu endaweni yokunyanzelisa. Iinqwelo zee-4X4 ziyafuneka ukufikelela kunxweme lolwandle.

**IGraafwater** yacebisa ukuba makubekho amapolisa amaninzi asedyutini kwanokuba amapolisa ayabandakanyeka kakhulu ekwenzeni umsebenzi wemihla ngemihla wokulawula isikhululo samapolisa. Kwakufuneka ukubonakala kwamapolisa ngaphezulu ezifama nakwiindawo ezingqongileyo. Uqeqesho olungcono lwacatshulwa njengoluvumela ukunikezelwa kweenkonzo okungcono kodwa kwakukho ngokunjalo iintetho zokuba uluntu lwaluyivuyela inkqubo yamapolisa.

Abathathi-nxaxheba **eKlawer** bacebisa ukuba amagosa amapolisa amaninzi ayefuneka kwisikhululo sabo kwanokuba ubunkokeli obungcono babufuneka. Ukuphunyezwa kwenkqubo yokubeka iliso kubumelwane yacatshulwa njengenyathelo eliluncedo kwanokuba uluntu kufuneka lusebenzisane kunye namapolisa. U-N7, uhola wendlela kazwelonke, iifama neendawo zokhenketho lwabatyeleli zifuna ukubonakala kwamapolisa angaphezulu. Kwaqatshelwa ukuba indawo leyo esetyenzwa sisikhululo samapolisa inkulu kakhulu kwanokuba iinqwelo zamapolisa ezijongene nesikhululo ngokukodwa ziyafuneka.

Abathathi-nxaxheba **baseLambertsbaai** bakhankanya ukuba babefuna amagosa amaninzi kwanokuba ulwimi nonxibelelwano noluntu lwaluxhalabisa. Kwacetyiswa ukuba umsebenzi wamapolisa ngentsebenziswano noluntu, njengakwezinye ii-arhente zokunyanzeliswa komthetho kwanokuba kumiselwe iinkqubo zokuvala ezindleleni (*roadblocks*) ezingaphezulu, kubekho ukubonakala ngcono kwanokuba bangasoloko belindela ukuba kumangalwe phambi kokuba babe nokujongana nolwaphulo-mthetho. Olunye ulwaphulo-mthetho, olwalufuna ukujongwa kukuthengiswa ngokungekho semthethweni kweekhreyifishi. Amapolisa amaninzi kufuneka apatrole izibuko ngokunjalo neHarmony Park, iindawo zikawonkewonke nakwiziko loshishino.

Ukunqongophala konxibelelwano **eLutzville** okwabangela imiqobo yolwimi kwathathwa njengengxaki ngokunjalo nokunqongophala kwabasebenzi kunye nezixhobo. Kufuneka kubekho intsebenziswano nonxibelelwano olungaphezulu phakathi kwamapolisa noluntu. Ukubonakala kakhulu ezifama naseEbenezer, eKoekenap, eLutzville-West, e-Uitkyk, kwanokuba kufuneka bemisele iinkqubo zokuthintela zeendlela ezingaphezulu. Izithuthi ezininzi, amapolisa nezixhobo ezenzelwe ukuba kuphendulwe ngokukhawuleza kwizimangalo zongxamiseko ziyafuneka. Indawo isikhululo samapolisa esisebenzayo icatshulwa njengenkulu kakhulu.

Abathathi-nxaxheba **baseNuwerus** bacaphula ukunqongophala kwabasebenzi. Kwakusoloko kuchazwa ukuba iKliprand ifuna ukubonakala kwamapolisa ngeempela-veki, ngokukodwa ngeMigqibelo. Intsebenziswano phakathi koluntu namapolisa yacetyiswa njengendlela yokwandisa ukuphendula ngakwenzayo amapolisa. Kwakhona umgama oya kwisikhululo samapolisa wabonwa njengengxaki.

Abathathi-nxaxheba **eVanrhynsdorp** bachaza ukuba imisebenzi yecandelo labenzelwa inkonzo (*desk operations*) iyafuneka. Kwacetyiswa ukuba amapolisa makafumane amaqithiqithi angcono. Amapolisa afanele ukulwa nolwaphulo-mthetho njengoko alubonayo estratweni abe ngumzekelo. Kwaqatshelwa ukuba isikhululo samapolisa esilicandelo sasingasebenzi kakuhle eHopland naseMaskamsig neendawo zecandelo lesithathu sifuna ukubonakala kwamapolisa kakhulu. Unxibelelwano olungcono nokunqanda ulwaphulo-

mthetho olunxulumene neziyobisi kwanokuthutyeleziswa kweziyobisi kwacetyiswa njengezinto amapolisa kule ndawo ekufuneka aphucule kuzo.

**EVredendal** unxibelelwano olungcono lwamapolisa, izithintelo zolwimi nokubonisa ubuhlobo kwamapolisa kwacetyiswa njengokufuna ingqwalaselo. I-Farms neCandelo 1 kunye neVredendal North zifuna ukubonakala okungaphezulu ngokunjalo ne-CBD ngeempela-veki.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **Langebaan** | Ukuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | | Ukuqhekeza kwiindawo zamashishini | Ubusela obuxhaphakileyo |
| **Moorreesburg** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo nobundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu<br><br>Ubundlobongela basekhaya, ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukubulala nokuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela obuxhaphakileyo |
| **Piketberg** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ubusela obuxhaphakileyo |
| **Redelinghuys** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo nokubetha okuxhaphakileyo | Ukubetha okuqhelekileyo nobundlobongela basekhaya | Ubundlobongela basekhaya | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu |
| **Saldanha** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo<br><br>Nobundlobongela basekhaya | Ukubiwa kwezinto ezisemotweni | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuqhekeza kwiindawo zamashishini nobusela obuxhaphakileyo |
| **St Helena Bay** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukuqhekeza kwiindawo zamashishini | Ubusela obuxhaphakileyo |
| **Vredenburg** | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukubiwa kwezinto kwizithuthi kunye nobundlobongela | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu nobusela obuxhaphakileyo kunye |

## II) UKUFANELEKA KOOVIMBA BEZIBONELELO EKUJONGANENI NOLWAPHULO-MTHETHO

## ELUNTWINI

Isininzi (57%) sabaphenduli beklasta yamapolisa yaseVredenburg bavakalelwa ukuba izibonelelo zoncedo zamapolisa azifanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho eluntwini lo gama ama-43% abaphenduli bavakalelwa ukuba ezi zibonelelo zoncedo zifanelekile.

Bonke abathathi-nxaxheba eDarling (100%) bachaza ukuba oovimba bezibonelelo babo bafanelekile ekujonganeni nolwaphulo-mthetho kwiindawo zabo. Iindawo apho isininzi sabathathi-nxaxheba sachazayo ukungafaneleki kwezibonelelo zoncedo kuseSaldanha (90%), eLaaiplek (88%) naseLangebaan (75%).

## III) UKUSETYENZISWA KOOVIMBA BEZIBONELELO

Isininzi sabathathi-nxaxheba (68%) sachaza ukuba oovimba bezibonelelo basetyenziswa kakuhle baza abathathi-nxaxheba abangama-32% bachaza ukuba izibonelelo zoncedo azisetyenziswa kakuhle. Uninzi lwabathathi-nxaxheba eRedelinghuys (100%), eHopefield (90%), eSt Helena Bay (89%) naseLaaiplek (88%) bachaza ukuba oovimba bezibonelelo basetyenziswa kakuhle lo gama abathathi-nxaxheb ePiketberg (67%) naseLangebaan (63%) bachaza okuphikisana noko.

## IV) IZIKO LENKONZO YOLUNTU

Ngaphezulu nje kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba (51%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo anceda abantu kwiCSC baza abangama-49% bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo kwiiCSC. Isininzi sabathathi-nxaxheba eLangebaan (100%) naseRedelinghuys (83%) bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo kwiiCSC lo gama eHopefield (100%) naseLaaiplek (88%) uninzi lwabaphenduli bachaza ukuba akukho magosa amapolisa aneleyo ancedayo kwiiCSC.

### (A) INDLELA YOKUZIPHATHA KWAMAPOLISA KWI-CSC

Isininzi (82%) sabathathi-nxaxheba kwiklasta yamapolisa kwiklasta yamapolisa eVredenburg bachaza ukuba amagosa amapolisa asebenza kwiCSC achubekile

aluncedo lo gama abali-18% bachaza ukuba amagosa amapolisa akachubekanga kwaye engeloncedo konke. Le yinkcukacha-manani ebalulekileyo xa kuqwalaselwa indlela iinkonzo zamapolisa ezibonelelwa ngayo kuluntu nasekudaleni ubudlelane bokuthembana phakathi kwamapolisa noluntu.

Isininzi sabathathi-nxaxheba kuzo zonke izikhululo zamapolisa bayavuma ukuba amagosa amapolisa kwiiCSC aluncedo ebantwini ngaphandle kwasePiketberg apho isininzi (78%) sabathathi-nxaxheba sachaza ukuba amagosa amapolisa kwiCSC akachubekanga kwaye engeloncedo kananjalo.

## V) IINKONZO EKUBONELELWA NGAZO NGABACUPHI

Uluvo oluqhelekileyo lwabathathi-nxaxheba (67%) lwachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ezinikwa ngabacuphi. Ubukhulu becala abathathi-nxaxheba eRedelinghuys (100%), eSt Helena Bay (100%), eHopefield (90%) naseDarling (80%) bachaza ukuba banelisekile ziinkonzo ababonelelwa ngazo ngabacuphi. Nakuba kunjalo, eLaaiplek (83%), ePiketberg (78%) naseLangebaan (75%) kwakhankanywa ukungoneliseki



## VI) INKQUBO YOKUKHUSELA AMANGQINA

Isininzi (52%) sabathathi-nxaxheba bacinga ukuba amangqina ezenzo zolwaphulo-mthetho akhuselekile, lo gama (32%) bachaza ukuba abazi nokuba amangqina akhuselekile baze abali-17% bacinga ukuba amangqina akakhuselekanga.

Oku kwakunjalo kubathathi-nxaxheba eLaaiplek (100%) naseSt Helena Bay (80%) abachaza ukuba bacinga ukuba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile kwaye isininzi sabathathi-nxaxheba ePiketberg (56%) bavakalelwa ukuba amangqina akakhuselekanga konke.

## VII) UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Isininzi (65%) sabaphenduli bachaza ukuba makubekho iipatroli ezininzi emini nasebusuku. Oku kwakunjalo eLaaiplek (100%), eVredenburg (100%), eDarling (80%) naseHopefield (80). Imisebenzi 'yokumisa kusetshwe' yathathwa ngama-54% abathathi-nxaxheba njengokuluncedo ekwandiseni ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba eLaaiplek (100%), eLangebaan (78%) naseEendekuil (75%) babe nale mbono.

Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wokwenziwa komsebenzi wamapolisa wamacandelo kwathathwa ngama-50% abathathi-nxaxheba njengendlela yokuphucula ukubonakala kwamapolisa. Isininzi sabathathi-nxaxheba eHopefield (100%) naseLaaiplek (100%) baye bacebisa ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa wamacandelo ukuphucula ukubonakala kwamapolisa.

## VIII) IXESHA ELITHATHWA NGAMAPOLISA NGEXESHA LIKAXAKEKA

Ukunceda kwimeko yongxamiseko, isininzi (61%) soluntu sachaza imizuzu emi-5-10 njengexesha elifanelekileyo elinokuthathwa ngamapolisa lo gama ama-28% avakalelwa ukuba imizuzu eli-10-15 yayamkelekile njengexesha elinokuthathwa ngexesha likaxakeka baze abali-11% bachaza imizuzu eli-15-20 lamkelekile. Isininzi sabathathi-nxaxheba eSt Helena Bay (90%), eHopefield (80%) naseSaldanha (80%) ukuba imizuzu emi-5-10 lixesha elamkelekileyo elinokuthathwa ngamapolisa ukuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Isininzi sabaphenduli eLaaiplek (71%) bachaza ukuba imizuzu eli-10-15 lixesha elifanelekileyo lokuphendula kwamapolisa.

## IX) IGALELO LEE-CPF KWIZIKHULULO ZAMAPOLISA

Ukuphendula kumba malunga negalelo kwizikhululo zamapolisa, ngaphezulu kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba (54%) sachaza ukuba iiCPF ziyakwenza ukubonelela ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo, lo gama ama-40% achaza ukuba akazi baze aba-6% bangaboneleli ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo konke. Kwimeko yaseRedelinghuys (100%), eLaaiplek (100%) naseSaldanha (90%), bachaza ukuba babonelela ngegalelo kwizicwangciso zezikhululo, lo gama eSt Helena (90%) isininzi sachaza ukuba asinalwazi lokuba ngaba iCPF ibonelela ngegalelo na.

Isininzi sabathathi-nxaxheba (51%) sachaza ukuba iCPF ibonelela ngegalelo kwindlela izibonelelo zoncedo ezabiwa ngayo ngamapolisa kwiindawo zawo, lo gama ama-37% achaza ukuba akazi baze abali-13% bachaza ukuba ababoneleli ngegalelo kwindlela izibonelelo zoncedo ezabiwa ngayo. Isininzi sabathathi-nxaxheba eLaaiplek (100%), eRedelinghuys (83%), eSaldanha (78%) naseDarling (67%) bachaza ukuba abanalwazi lokuba ngaba iiCPF zibonelela ngegalelo kwindlela ababiwa ngayo oovimba bezibonelelo ngamapolisa kwiindawo zabo.

## X) AMAVANDLAKANYA ONGEZELELWEYO ABHEKISELELE KWIKLASTA YAMAPOLISA

### EVREDENBURG

**EDarling** abathathi-nxaxheba bacela ukwakhelwa isikhululo samapolisa esikhulu kunoko.

**E-Eendekuil** omnye umthathi-nxaxheba wacela ukuba kusetyenziswe izithuthuthu ezininzi ukupatrola iindawo zasemaphandleni. Abathathi-nxaxheba kwakhona bahlaba ikhwelo lemfuneko yesikhululo samapolisa ukuba sivule iiyure ezingama-24 ngosuku nobukho bamapolisa amaninzi ngokukodwa ngexa leeshifti zasebusuku. Ukuphucuka kwendawo eyi-ofisi kwiziko loluntu nakwizibonelelo zeethoyileyithi kwisikhululo samapolisa kwaye kwacelwa. Abathathi-nxaxheba kwakhona bavakalisa ukuba amapolisa bekunqweneleka ukuba abe nobubele abe luncedo. Ukubonakala kwamapolisa kakhulu kwacelwa kwiindawo eziziifama, kwaye unxibelelwano phakathi kwamapolisa noluntu lusenokuphuculwa.

**EHopefield** abathathi-nxaxheba bavakalisa ukuba indawo leyo inkulu kakhulu kwaye iifama zazifumana ukubekelwa ecaleni. Abathathi-nxaxheba ngokunjalo bacela ukuba amagosa amapolisa amaninzi athetha iAfrikansi, nelulwimi olongameleyo kuluntu ukuba baqeshwe. Kwaye kwacelwa ngokunjalo ukuba abasebenzi bezolawulo baqeshwe. Ukubonakala kwamapolisa kwachazwa njengokunciphayo eMaxwell Moss Square kwindawo enezindlu ze-RDP yasePluto ukuya kutsho eVrede ngokunjalo nakwiindawo zeefama kunye nakwiindawana ezincinane ekuhlala kuzo abantu. Kwaye kwenziwa ngokunjalo isicelo sezixhobo zokusebenza zezikhululo zamapolisa nendawo ekusebenzela kuyo amapolisa ephuculiweyo.

Abathathi-nxaxheba **eLaaiplek** bacela ukuba kufakwe amapolisa anembeko namagosa aqeqeshwe ngaphezulu kwisikhululo samapolisa.

**ELangebaan** abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba amapolisa e-SAPS afanele ukuqhagamshelana ngokusondeleneyo nezinye ii-arhente zokunyanzeliswa komthetho. Kufanele ukuba kuqaliswe ngabakwa-SAPS abahamba ngeenyawo nabakhwela amahashe

Abathathi-nxaxheba **eMoorreesburg** bavakalisa ukuba indawo ekusetyenzwa yona ngamapolisa inkulu kakhulu kunenani labasebenzi abakhoyo. Abathathi-nxaxheba abaninzi bavakalisa uluvo lwabo ngokunqongophala kwezithuthi zamapolisa kwindawo

leyo. Kwaye kwachazwa imfuneko yokuqesha amagosa amapolisa amaninzi athetha ulwimi loluntu olo, baqeshe abasebenzi bezolawulo kuze kuxhotyiswe indawo eyi-ofisi ngezixhobo ezifanelekileyo.

Kwagxininiswa imfuneko yokuba iishibhini zivalwe ukunqanda izenzo zolwaphulo-mthetho ezinxulumene notywala kunye neziyobisi kwindawo leyo. Abathathi-nxaxheba bacela ukuba amagosa amapolisa afumane ukuqeqeshwa ngcono ukujongana neemeko zobundlobongela basekhaya. Ukubonakala kwamapolisa kwachazwa njengokunciphayo kwiindawo zasemaphandleni ngokubanzi ngokukodwa kwindawo esekupheleni yendlela ekwindawo eyiHooi Kraal, iKlopland ukuya kutsho eMorreesburg, nangeempela-veki ezivenkileni. Abathathi-nxaxheba bawuncoma umsebenzi wekholoneli nowabasebenzi abangamapolisa, bevakalisa ukuba banelisekile kukwenziwa kwenkonzo kungaselwe so ukunqongophala koovimba bezibonelelo.

**EPiketberg** abathathi-nxaxheba bacela ukuba kuqeshwe amapolisa amaninzi kwaye nezithuthi zamapolisa zifumaneke kakhulu. Kwacelwa ngokunjalo nendlela engcono yokuphanda amatyala. Ukubonakala kwamapolisa kwachazwa njengokunciphayo eLong Stree nangokubanzi. Kwagxininiswa ngokunjalo nemfuneko yokuphanda ngokuthengiswa kwezinto ezingekho semthethweni.

**ERedelinghuys** abathathi-nxaxheba bachaza imfuneko yonxibelelwano olungcono phakathi kwamapolisa noluntu. Izithuthi zamapolisa ezininzi zaziceliwe ngokunjalo. Abathathi-nxaxheba bawuncoma umsebenzi wabacuphi kwindawo leyo. Ukubonakala kwamapolisa kwachazwa njengokunciphayo kwiindawo zeefama. Abathathi-nxaxheba bacela amapolisa ukuba babonakalise imbeko engcono, kubekho iikhosi zokuhlaziya ulwazi ukuphucula indlela abacinga ngayo ngokunxulumene noluntu (*attitude*).

**ESaldanha** abathathi-nxaxheba bacela amapolisa amaninzi nezithuthi zamapolisa ezininzi ukuba zibe kwisimo esisebenzayo. Kwacelwa amagosa ancedisayo (*reservists*) amanani, abasebenzi bezolawulo nabasebenzi ngeefoni abaninzi. Kwacelwa abacuphi abaninzi nokuqeqeshwa ngcono kwabacuphi. Ukubonakala kwamapolisa kwachazwa njengokunciphayo kumacandelo 1 nelesi-2.

**ESt Helena Bay** abathathi-nxaxheba bacela ukuba kubekho amapolisa amaninzi namagosa axhotyiswe ngezakhono ngcono. Imfuneko yendawo yokusebenzela engaphezulu kwisikhululo samapolisa, nesikhululo samapolisa esincinane (*satellite police station*) kumacandelo yachazwa. Ukubonakala kwamapolisa eBrittania Bay, eSandy Point nasePlakkerskamp; nasezishibhini kwachazwa njengokuhlayo. Ukuphucula ukuphendula kwamapolisa ngakwenzayo abathathi-nxaxheba bacela ukuba kubekho amaphulo okwazisa ekufuneka enziwe kuluntu. Abathathi-nxaxheba kananjalo bacela ukuba enziwe eluntwini. Abathathi-nxaxheba kananjalo bacela ukubandakanyeka ngcono eluntwini. Kwenziwa isicelo sesikhululo samapolisa esingumahamba-nendlwana eLaingville ngexesha leziyunguma zokuphela konyaka (*festive season*).

**EVredenburg** abathathi-nxaxheba bavakalisa ukuba indawo leyo inkulu kakhulu bacela ukuba kubekho ukubonakala kwamapolisa ngcono kwanezithuthi zamapolisa ezininzi. Abathathi-nxaxheba kananjalo bavakalisa ukuba amapolisa akasoloko efumaneka ukwenzela ukuba aphendule iifoni, kwakufuneka amapolisa anokuzithetha zontathu iilwimi ezithethwa luluntu. Kwaye kwacela kananjalo ukuqeshwa kwabacuphi abaninzi, abasebenzi abafumene uqeqesho olungcono nesikhululo samapolisa esikhudlwana.

## 4.11 IZIPHUMO EZIPHAMBILI

Eli candela libonelela ngeziphumo eziphambili zesifundo, likhankanya izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili ezichongiweyo, izenzo zolwaphulo-mthetho ezikhankanywa qho, oonobangela, abophuli-mthetho, amaxhoba neenkqubo zoncedo lokungenelela, ngokunjalo nezinye iimfuno zomsebenzi wamapolisa eziqatshelweyo.

### I) IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIBALULEKILEYO ZEPHONDO

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha ngenjongo | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ubundlobongela basekhaya | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa | Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa |
| Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo |
| Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo |
| Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ubundlobongela basekhaya |
| Ubundlobongela basekhaya | Ukubulala, ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ubundlobongela basekhaya | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo |

Le thebhile ingentla ibonisa izenzo zolwaphulo-mthetho eziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili ezazichongiwe zahlelwa njengolwaphulo-mthetho olukwindawo yokuqala

luluntu. Le thebhile ibonisa izenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili yephondo liphela noomasipala bezithili abathandathu (iCape Winelands, iCentral Karoo, iSixeko saseKapa, i-Eden, i-Overberg kunye neWest Coast). Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa kuqatshelwe njengolwaphulo-mthetho olubalulekileyo kuzo zonke izithili ngaphandle kwakumasipala wesithili waseEden. Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo, ukukhuthuza okuqhelekileyo, ubundlobongela basekhaya nokubetha okuqhelekileyo kwaqatshelwa kuzo zonke izithili.

| | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|
| yokonzakalisa | abantu | | abantu | | | abantu |
| Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu | Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo |
| Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukubetha okuqhelekileyo | Ukukhuthuza okuqhelekileyo | Ubusela bezithuthi | Ubusela obuxhaphakileyo | Ukubetha okuqhelekileyo |

Uluntu lwePhondo lwaseNtshona Koloni luqaphele izenzo zolwaphulo-mthetho ezibalulekileyo ezintlanu ezixhalabisayo kwiindawo zabo. Ezi zezi, **ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (*assault GHB*)**, **izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo**, **ukubetha okuqhelekileyo**, **ukukhuthuza okuqhelekileyo nobundlobongela basekhaya**. Ukongeza kwizenzo zolwaphulo-mthetho ezibalulekileyo, uluntu lwalukhankanya qho ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu ngokuphindwe kaninzi ngaphezu kwazo naziphi na iintlobo zolwaphulo-mthetho nkqu nangona zingeyonxlenye yezenzo zolwaphulo-mthetho olufuna ingqwalaselo ephambili. Ezi zenzo zolwaphulo-mthetho zintlanu ziphezulu ezifuna ingqwalaselo ephambili zinganceda amapolisa ekucwangciseni iqhinga lokuthintela ulwaphulo-mthetho kwinqanaba lephondo nasekuhlaleni ziya kubandakanywa kwinkonzo yephondo ekubonelelwa ngayo kwi-CSC; iinkonzo ekubonelelwe ngazo ngabacuphi; inkqubo yokukhusela amangqina; ukubonakala kwamapolisa nexesha lokuphendula kwanobudlelane phakathi koluntu namapolisa.

Izenzo zolwaphulo-mtheto eziphezulu ezintlanu ezibalulekileyo ezaqatshelwa luluntu ziya kubandakanywa kwinkqubo yomsebenzi wobupolisa nokubalulekileyo kwephondo[54] zokukhusela amangqina zeSAPS kwithuba lowoku-1 Apreli 2011 ukuya kutsho ngoMatshi 2012. Oku kuya kunceda iSAPS ekunabiseni izibonelelo zoncedo apho zifuneka kakhulu.

### II) IMIBA ENGOKUNIKEZELWA KWEENKONZO

Le miba yokwenziwa kweenkonzo yayinxulumene nezo nkonzo, zisetyenziswa kakhulu luluntu. Oku kubandakanya ukufaneleka kwezibonelelo zoncedo ekujonganeni nolwaphulo-mthetho, ukusetyenziswa kwezibonelelo zoncedo, inkonzo ekubonelelwa ngayo e-CSC; iinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi; inkqubo yokukhusela amangqina; ukubonakala kwamapolisa nexesha lokuphendula kwamapolisa nobudlelane bamapolisa kunye noluntu.

Ubukhulu becala, abaphenduli baseNtshona Koloni banoluvo lokuba oovimba bezibonelelo bamapolisa abafanelekanga ukujongana nolwaphulo-mthetho eluntwini. Imbono exhaphakileyo yeyokuba uninzi lwezikhululo zamapolisa **zinokunqongophala kwamagosa amapolisa nezithuthi** okukhokelela kwixesha lokuphendula ngokucothayo kwiimeko zolwaphulo-mthetho. Ii-CSC kwezinye izikhululo zichazwa njengezincinane kakhulu kwaye azilivumeli ilungu labucala kumaxhoba omonzakalo (*trauma*). Kwiindawo ezisemaphandleni umgama omde phakathi koluntu nezikhululo zamapolisa wachazwa njengomngeni omkhulu. Oku kuthetha ukuba amagosa amapolisa, izithuthi; izixhobo zokusebenza ezininzi zifanele ukwabelwa izikhululo zamapolisa ukuphucula ukwenziwa kweenkonzo. Kufanele ukuba kwakhiwe izikhululo zamapolisa ezikhulu kunoko ezineetyhubhikili ukunika ilungelo labucala kubamangali abanika ingxelo yamatyala kwii-CSC.

Ngokunxulumene nokusetyenziswa koovimba bezibonelelo, ngaphezu kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba sachaza ukuba amagosa amapolisa asebenzisa oovimba bezibonelelo kakuhle. Umngeni ophambili ngoovimba bezibonelelo abanqongopheleyo, abangakwaziyo ukukhawulelana neemfuno zoluntu. Nakuba kunjalo, kufanele kuqatshelwe ukuba malunga nale ndawo, abathathi-nxaxheba bachaza ukuba amagosa asebupoliseni athile **asebenzisa kakubi oovimba bezibonelelo abanqongopheleyo** ukwenzela iziqu zabo. Njengecebiso, abathathi-nxaxheba bacela ukuba amagosa amapolisa afanele ukwenziwa ukuba aphendule ngendlela yokuziphatha engalunganga kwanokuba inani lamagosa asebupoliseni lifanele ukongezwa.

Isininzi sabathathi-nxaxheba sinoluvo lokuba kukho amagosa amapolisa aneleyo kwiZiko leNkonzo yoLuntu anoncedo nachubekileyo ngakuluntu. Umngeni onobuzaza oqatshelwe kwi-CSC **sisithintelo seelwimi** apho amagosa aqeshiweyo kwii-CSC angakwaziyo ukunxibelelana nabamangali ngolwimi lwabo abalukhethayo. Kufuneka kuqeshwe kwii-CSC amagosa amapolisa aqeqeshwe ngaphezulu nazimiseleyo anako ukunxibelelana nabamangali ngolwimi lweenkobe labo. Uqeqesho nonxibelelwano, ukuthathwa kwesitatimenti kwaneekhompyutha ziyacetyiswa kumagosa amapolisa asebenza kwii-CSC ukwenzela ukuba akwazi ukuphatha uluntu ngentlonipho.

Ngaphezulu kwesiqingatha sabathathi-nxaxheba sachaza ukuba sanelisekile ziinkonzo ekubonelelwa ngazo ngabacuphi. Ngokubanzi, abathathi-nxaxheba banoluvo lokuba ngezibonelelo zoncedo ezinqongopheleyo abanazo abacuphi benza konke okusemandleni abo. Eminye yemingeni eqatshelwe ngabathathi-nxaxheba **kukunqongophala kwabacuphi abanobuchule nto leyo ikhokelela kuphando olungafanelekanga; ekunqabeni kwengxelo enikwa abamangali nemimiselo yexesha emide** echithwa ekuphandeni amatyala njengemingeni emikhulu echaphazela ukunikezelwa kweenkonzo ngabacuphi.

Le mingeni ithetha ukuba kufanele ukuba kugaywe abacuphi abachubeke kakhulu ukunciphisa umthwalo wamatyala abacuphi. Ukongeza, izibonelelo zoncedo ezininzi zifanele ukubonelelwa kubacuphi.

Ngokunxulumene nenkqubo yokukhusela amangqina, isininzi soluntu sachaza ukuba asazi nokuba ngaba amangqina olwaphulo-mthetho akhuselekile na. Oku kungathetha ukuba **amangqina olwaphulo-mthetho akakhuselekanga** nto leyo inokukhokelela ekuchazweni kancinane kolwaphulo-mthetho. Amangqina akuvumelekanga ukuthetha xa enobungqina bolwaphulo-mthetho, nto leyo enokuchaphazela ukutshutshiswa kwabenzi bokungalungile. Ukuphucula inkqubo yokukhuselwa kwamangqina, abathathi-nxaxheba bacebisa ukuba ukufundiswa koluntu ngale nkqubo, amanyathelo okulwa norhwaphilizo nokulandelelwa kwamangqina olwaphulo-mthetho kufanele ukwenziwa.

Ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwiindawo ezo isininzi sabathathi-nxaxheba saphakamisa ukuba makuqhutywe **iipatroli zamapolisa ezininzi emini nasebusuku**. Nakuba kunjalo, kufanele kuqatshelwe ukuba uninzi lwabathathi-nxaxheba banoluvo lokuba **iipatroli ngeenyawo** zingasebenza ngempumelelo kakhulu kunokuba zisenza izithuthi zamapolisa. Oku kuthetha ukuba imisebenzi emininzi 'yokumisa kusetshwe' zifanele ukuqhutywa kwiindawo ezo. Enye ingcebiso eyenziweyo kukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa wamacandelo kuluntu.

Isininzi sabathathi-nxaxheba siyavuma ukuba amapolisa afanele ukuphendula kwimeko yolwaphulo-mthetho phakathi **kwemizuzu emi-5 ukuya kweli-10**, njengoko oku kuya kwandisa amathuba okuqokelela ubungqina. Ngokubonakala kwamapolisa neepatroli nokwanda kwezithuthi zamapolisa, ixesha lokuphendula kwiimeko zolwaphulo-mthetho linokuphucuka.

Ngokunxulumene nobudlelane bamapolisa noluntu uninzi lwabathathi-nxaxheba alazi ukuba ii-CPF azibonelelI ngegalelo kwisicwangciso sesikhululo nakwindlela oovimba bezibonelelo ababelwa ngayo kwizikhululo zamapolisa zabo. Oku kuthetha ukuba iiNkumanda zeZikhululo zamapolisa ezininzi azizivumeli ii-CPF zifake igalelo. Oku kwakhona kuthetha ukuba ooKomishinala beZikhululo beendawo bafanele ukuqononondiswa ukuba babandakanye ii-CPF kuphuhliso lwezikhululo zamapolisa nasekwabiweni kwezibonelelo zoncedo.

### III) UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI GWENXA

Omnye umba obalulekileyo onegalelo elikhulu kulwaphulo-mthetho oye waphandwa ngethuba lesifundo ngulowo wokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Isininzi (88%) soluntu siyavuma ukuba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa ngumngeni kwiindawo zabo. Kukho imbono engancomekiyo yokuba amagosa amapolisa ayanyotywa ngabanikazi beeshibhini nangoosomashishini beziyobisi. Uluntu lucebisa ukuba iyunithi eyodwa ifanele ukusekwa ukujongana nengxaki yokusetyenziswa kweziyobisi gwenxa. Ngaphezulu, oogqogqa bamapolisa abaninzi bafanele ukuqhutywa ngentsebenziswano neziseko zoluntu (iiCPF, iiNHWes), oomasipala ukuqinisekisa ukuba sekuhleni kwamapolisa.

## 4.12 ISIQUKUMBELO

Imisebenzi ebalulekileyo ye-SAPS ifanele ukungqinelaniswa nee-PNP eziqatshelweyo zoluntu. Iintlobo zomsebenzi we-SAPS zibanzi kakhulu kwaye azicacisi ukuba zeziphi iintlobo ezibalulekileyo. Olu phando luvelisa ukuba oovimba bezibonelelo bezikhululo zamapolisa abafanelekanga ekujonganeni nolwaphulo-mthetho eluntwini. Izikhululo zamapolisa ezininzi zifumana ukunqongophala koovimba bezibonelelo abanjengabasebenzi, izithuthi nezikhululo zamapolisa (kwiindawo ezisemaphandleni).

Kwaqatshelwa ukunqongophala kokubonakala kwamapolisa eluntwini ngenxa yoovimba bezibonelelo abancinane. Kukho imfuneko yokuqesha amagosa amapolisa anobuchule nazimisileyo kwii-CSC abanokunxibelelana noluntu ngeelwimi zeenkobe zabo, oku kufanele ukuba kubekwe phambili njengoko kuchaphazela ukwenziwa kwenkonzo

kwizikhululo zamapolisa.

Uluntu aluyithembanga inkqubo yokukhusela amangqina. INkqubo yezoBulungisa Bolwaphulo-mthetho (*Criminal Justice System*) ifanele ukuqhuba iiseshoni zokufundisa uluntu ukunceda uluntu ekuqondeni le nkqubo.

Umfanekiso wenkonzo yamapolisa mawutshintshwe. Amagosa amapolisa afanele ukuzimisela abaphathe abantu ngentlonipho kwizikhululo zamapolisa zabo. Amapolisa akufanelekanga kusebenze ngokuzimeleyo kumlo ochasene nolwaphulo-mthetho. Kufanele ukuba kusekwe intsebenziswano nezinye ii-arhente zokunyanzelisa umthetho, iziseko zoluntu, amacandelo ezoshishino, njl. njl.

## 4.13 IINGCEBISO

Ngokusekelwe kwiziphumo ezikhankanywe ngentla, iqela leengcebiso zenziwa kwiSebe:

FF) Ukuba le ngxelo ibandakanywe kwizicwangciso zePhondo neze-SAPS ekuhlaleni kunyaka-mali wowe-2011/12.

GG) Ukuba iiForam zeNtsebenziswano yamaPolisa noLuntu zincede ukuphuhlisa izalathisi ukubeka esweni intsebenzo yamapolisa kwinqanaba lendawo yamapolisa ekufutshane.

HH) Ukuba i-SAPS yenze isicwangciso sokujongana neengxaki zezixhobo nezikhali kuba ezi zinto zisetyenziselwe ukwenza izenzo zolwaphulo-mthetho ezifuna ingqwalaselo ephambili ezinjengokubetha ngenjongo yokonzakalisa.

II) Ukukhuthaza nokunika ulwazi kuluntu malunga neNkqubo yokuKhuseleka kwamaNgqina ukukhuthaza uluntu ukuba lungqine ekutshutshisweni kwabaphuli-mthetho.

JJ) Ukuqeqesha nokuphuhliswa kwezakhono makuqhubeke, ngokukodwa ngokunxulumene nokuphanda izenzo zolwaphulo-mthetho ezinjengobundlobongela basekhaya kwanezenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo.

KK) Phuhlisa izakhono zabacuphi zokuqokelelwa kobungqina obuphuculiweyo nokurekhodwa kwanokusetyenziswa kobungqina ukwakha amatyala aluqilima natshutshisekayo. Oku kuya kwandisa inani lamatyala aziswe phambi kwenkundla nezinga lokubanjwa okunxulumene noko.

LL) Ukuba umsebenzi wamapolisa wamacandelo ubonelelwe ngoovimba bezibonelelo ukhuthazwe kwaye ufumane inkxaso eyimfuneko ukuphucula amaxesha okuphendula nokukhuthaza ukubonakala kwamapolisa.

MM) Kuqhubeke umsebenzi wamapolisa wamacandelo

NN) IiNkumanda zeZikhululo kufuneka zifundiswe ngokunxulumene nemfuneko yee-CPF ukuba kuthethwane nazo ngokuphathelele kwigalelo kwisikhululo samapolisa nasekwizicwangciso zokusetyenziswa koovimba bezibonelelo zezikhululo zamapolisa ezo.

OO) Iqhinga lokunciphisa ukushishina ngeziyobisi ezingekho semthethweni lifanele ukwenziwa liphunyezwe yi-SAPS ngoncedo lwabanye abalingane.

PP) Indima yamaqumrhu ahlanganeyo olwaphulo-mthetho (*organized crime syndicate*) kwanemigewu njengabahamba phambili kulwaphulo-mthetho, ngokukodwa ulwaphulo-mthetho olubandakanya ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kwanobundlobongela eNtshona Koloni, azinakuncitshiswa. Ngokufanelekileyo, kuyimfuneko ukuba kuzo zonke ii-arhente zomsebenzi wamapolisa zigxile kweyona ndlela ingcono yokunciphisa kunye/okanye yokuthomalalisa amandla olwaphulo-mthetho oluhlangeneyo kunye nemigewu.

## 3.5 IMIBA ENGABANDAKANYWAYO SESI SIFUNDO

Esi sifundo sibhekiselele kwiiMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili ezisebenza ngokupheleleyo kwiphondo. Ayiqwalaseli ke ngoko iiyantlukwano ezisenokubakho ngaphakathi kumacandelo kwindawo ekwenziwa kuyo umsebenzi. Nangona iziseko zeCPF zingabameli ngokwasemthethweni abameli boluntu, ukuqaphela ii-PNP, amaqela ekugxilwe kuwo ayingawo asoloko emele uluntu lonke.

Ubudlelane phakathi kwesiseko se-CPF nabaphathi be-SAPS busenokuphembelela iimpendulo ezinikiweyo. Ubudlelane obusondeleyo bunokubonisa iimpendulo ezincomayo lo gama ubudlelane obungancomekiyo bunokuzisa iimpendulo ezingancomekiyo. Ukwenzela ukuba kuliwe nale mida iziphumo, apho kufanelekileyo, zabhalwa ngokweentlantlu ezintathu kwanezinye izifundo.

Enye yezinto ekugxilwe kuzo zale ngxelo kukuphembelela isicwangciso saqho ngonyaka se-SAPS. Isifundo esicacisiweyo solu hlobo sifuna ixesha elingaphezulu nebhajethi enkudlwana noko. Nangona le ngxelo incoma iimfuno zokwenziwa komsebenzi wamapolisa kwanezinto ezifuna ingqwalaselo ephambili ukuya kufikelela kwinqanaba lesikhululo samapolisa esikufutshane, ixabiso lale ngxelo lisebenza kwimixholo ebanzi oluyimeleyo.

## OKUFUNDWAYO OKUSETYENZISIWEYO


EEE) Census 2001 data, Population Aggregated Police Precincts Boundaries South African Police Service, 2001

FFF) Community Police Forum Uniform Constitution, Western Cape Department of Community Safety, 2004

GGG) Community Survey 2007, Statistical Release P0301.1, Pretoria, Stats-SA, Statistics South Africa, 2007

HHH) Community Safety Barometer, Atlantis Police Precinct Pilot Project, Western Cape Department of Community Safety, November 2009/10

III) Modernising the Secretariat for Safety and Security, Draft, Western Cape Department of Community Safety, 15 October 2010

JJJ) National Crime Prevention Strategy, Summary, Inter-departmental Strategy Team, 1996

KKK) National Victim Survey 2007, Institute for Security Studies, 8 May 2008

LLL) Integrated Development Plans, Cape Winelands, Central Karoo, Eden, Overberg, West Coast 2007-2011

MMM) Department of Community Safety, Report on the identification of Policing Needs and Priorities in the Western Cape Province, 2009/10 unpublished

NNN) South African Police Services Annual Report, 2009/10

OOO) South African Police Performance Plan, South African Police Services, 2010/11

PPP) The Constitution of the Republic South Africa, Act 108 of 1996, Issue no 38, Cape Town: Government Printers

QQQ) The Status of Cape Town, Development Overview, 2005

RRR) D Weatherburn, Economic adversity on crime trends and issues in crime and criminal justice no 40, 1992

SSS) Dutton Eli, Nickson Dennis, Warhust Chris, The importance and appearance in the service encounter in retail and hospitality, Managing Service Quality, 2005

TTT) Western Cape SAPS Performance Plan, Year of Community Service Centres, South

African Police Services, 2010/11

UUU) Department of Community Safety, Provincial Crime Overview, 2010/11, unpublished

VVV) Western Cape Provincial Social Transformation Gang Prevention and Intervention

Strategic Framework, Department of Community Safety, July 2008, Western Cape

WWW) White Paper on Transforming Service Delivery, Department of Public Service and

Administration, 1997

XXX) Department of Community Safety, Safety monitor on Criminal economy, gangs and child abuse in the Western Cape, Journal 1 of 2003, unpublished

YYY) Department of Community Safety, Occasional Paper on the role of Department of Community Safety in addressing the challenges of Xenophobic violence" in the Western Cape, 8 July 2010Department of Community Safety, In Loco report, 2010, unpublished

ZZZ) City is a stab capital, Cape Argus, Bronwyne Jooste, 10 November 2010

AAAA) The Centre for the Study of Violence and Reconciliation (CSVR), Tackling Armed

Violence, March 2010.

BBBB) United Kingdom woman gets killed in Gugulethu, Cape Times, 16 November 2010

WWW) ISebe lezoKhuseleko loLuntu likwinkqubo yokuqaphela iiMfuno zoMsebenzi woBupolisa neZinto eziFuna iNgqwalaselo ePhambili njengoko ziqinisekisiweyo luluntu lwaseNtshona Koloni.

XXX) Le saveyi igxila kwizikhululo zamapolisa kwiPhondo leNtshona Koloni.

YYY) Esi sifundo siqhutywa qho ngonyaka kwaye iziphumo zibandakanywa kwisicwangciso sentsebenzo saqho ngonyaka se-SAPS ukuqinisekisa ukuba imisebenzi ye-SAPS iyangqinelana neemfuno zomsebenzi wamapolisa zoluntu.

ZZZ) Iidatha ziyaqokelelwa ngekhweshine ozizaliselayo ezaliswa ngabantu ngabanye abanomdla emsebenzini wobupolisa.

AAAA) Xa uzalisa le khweshine nceda ubhale ngokungadibanisi

BBBB) Umququzeleli uya kuba nako ukuphendula okanye ukucacisa nayiphi na into engacacanga okanye enzima ukuyiqonda. Nceda uzive ukhululekile ukubuza ukuba akuqinisekanga ngomawukwenze.

CCCC) Nceda ukhumbule ukuba akukho mpendulo ilungileyo okanye ingalunganga kwimibuzo. Uluvo lwakho lubalulekile kuthi kwaye sinqwenela ukuba sibe sekuhleni sinyaniseke xa siphendula le mibuzo.

DDDD) Le khweshine ifanele ukuthatha malunga nama-45 emizuzu ukuyizalisa.

EEEE) Enkosi ngokunqwenela kwakho ukuncedisa kule nkqubo.

## UMBUZO 1. IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZIFUNA INGQWALASELO EPHAMBILI

Umbuzo 1.1. Ukucinga ngendawo ohlala kuyo, ziintoni izenzo zolwaphulo-mthetho ezintlanu ezibalulekileyo kwindawo leyo? Ngolwaphulo-mthetho olubalulekileyo, sithetha ngezenzo zolwaphulo-mthetho ezibalulekileyo, sithetha ngezenzo zolwaphulo-mthetho abe-SAPS ekufuneka bazinike ingqwalaselo, okanye ulwaphulo-mthetho olwenzeka qho endaweni / kuluntu lwakho.

Umbuzo 1.2. Nceda hlela izenzo zolwaphulo-mthetho ezintlanu ezibalulekileyo kwindawo yakho, **1 = okusekuqaleni okufuna ingqwalaselo ephambili;**

**2 = okwesibini okufuna ingqwalaselo ephambili; 3 = okwesithathu okufuna ingqwalaselo ephambili; 4 = okwesine okufuna ingqwalaselo ephambili nokwe-5 = okwesihlanu okufuna ingqwalaselo ephambili**.

| UHLOBO LOLWAPHULO-MTHETHO | UMBUZO 1.1:<br><br>IZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO EZI-5 EZIBALULEKILEYO | UMBUZO 1.2:<br><br>UKUHLELWA KWEZENZO ZOLWAPHULO-MTHETHO |
|---|---|---|
| Ukubetha ngenjongo yokonzakalisa (ukuhlasela ngobundlobongela ngelokubangela ukonzakala ngokwasemzimbeni womntu) | 1 | |
| Izenzo zokuxhaphaza ngokwezesondo (ukudlwengula / ukudlakathelisa ngokwezesondo (*sexual assault*), ungcungcuthekiso ngokwezesondo (*sexual harassment*) | 2 | |
| Ukubetha okuqhelekileyo (ukuhlasela ngobundlobongela kungekho monzakalo ngokwasemzimbeni kubandakanywa ubundlobongela basezitratweni/bemigewu) | 3 | |
| Ubundlobongela basekhaya okubandakanya (okwezesondo, okwasemzimbeni, ukuchwechwela, impatho-mbi ngokweemvakalelo okanye nayiphi na impatho-mbi eqhubeka kubudlelane basekhaya okanye bosapho okanye kotshate naye/bomlingane) | 4 | |

| | | |
|---|---|---|
| | | |
| Ukubulala | 5 | |
| Ukukhuthuza okuqhelekileyo | 6 | |
| Ukukhuthuza kuxhotyiwe | 7 | |
| Ukuqweqwedisa | 8 | |
| Ukubiwa kwezithuthi | 9 | |
| Ukubiwa kwezinto ezikwisithuthi | 10 | |
| Ukuqhekeza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu (ukuqhekeza ekhayeni lakho kubiwe lo gama ungekhoyo) | 11 | |
| Ukukhuthuza kwiindawo ekuhlala kuzo abantu (ukuqhekeza ekhayeni lakho nokuba ukhona) | 12 | |
| Ukuqhekeza kwiindawo zamashishini (ukuqhekeza kwindawo oshishina kuyo kubiwe lo gama ungekhoyo) | 13 | |
| Ukukhuthuza kwiindawo zamashishini (ukuqhekeza kwishishini lakho kubiwe lo gama ungekhoyo) | 14 | |
| Ubusela obuqhelekileyo | 15 | |
| Ubusela bemfuyo | 16 | |
| Ubuqhopholololo | 17 | |
| Okunye:<br><br>Ubuvijilante (abantu abathathela umthetho ezandleni zabo) /<br><br>Ukubukulwa kwabemi bamanye amazwe (ukuthiya ngokugqithisileyo abanye abantu abavela kwamanye amazwe) njl. njl. | | |

Umbuzo 1.3. Ngokungaphandle kweentlobo zolwaphulo-mthetho ezidweliswe ngentla, ngaba zikho ezinye izenzo zolwaphulo-mthetho ezixhaphakileyo endaweni / kuluntu lwakho obunokuthanda ukuzichaza okanye ukuzikhankanya?

Umbuzo 1.4. Ngaba wakhe wayenza eyokuchaza ulwaphulo-mthetho kwisikhululo samapolisa?

| | | | |
|---|---|---|---|
| **EWE** | | **HAYI** | |

## Umbuzo 5. UKUBONAKALA KWAMAPOLISA

Umbuzo 5.1. Yeyiphi inkalo ethile ekunqongophele kuyo ukubonakala kwamapolisa kwindawo leyo (Zeziphi iindawo ezithile ekunqongopheleyo kuzo ukubonakala kwamapolsia kwindawo leyo?

Umbuzo 5.2 Ngaba uthanda ukubona amapolisa esenza iipatroli qho kangakanani ngosuku kwindawo yakho?

| AMATYELI ALIQELA NGOSUKU | KANYE NGOSUKU | AMATYELI ALIQELA NGEVEKI | AMATYELI ALIQELA NGENYANGA | AMA-24 NGEYURE/ISI-7 SEENTSUKU |
|---|---|---|---|---|
| 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |

Umbuzo 5.3. Yintoni enokwenziwa ukuphucula ukubonakala kwamapolisa kwindawo yakho?

| UHLOBO LWENKONZO EKUBONELELWA NGAYO | Umbuzo 5.3 |
|---|---|
| Amagosa amapolisa amaninzi enza iipatroli emini | 1 |
| Amagosa amapolisa amaninzi enza iipatroli ebusuku | 2 |
| Amagosa amapolisa amaninzi enza iipatroli emini nasebusuku | 3 |
| Imisebenzi yokumisa kusetshwe kwindawo leyo | 4 |
| Ukuphunyezwa ngokupheleleyo komsebenzi wamapolisa | 5 |

| | |
|---|---|
| wamacandelo kwindawo leyo | |
| Okunye (cacisa) | 6 |

Umbuzo 5.4. Ucinga ukuba amapolisa makathathe ixesha elingakanani ukuphendula nje ukuba babizelwe enye yezi meko zilandelayo?

| **IIMEKO ZOLWAPHULO-MTHETHO** | **5 – 10 IMIZUZU** | **10 – 15 IMIZUZU** | **15 – 20 IMIZUZU** | **20 – 30 IMIZUZU** | **30-60 IMIZUZU** |
|---|---|---|---|---|---|
| Ukunceda kwimeko yongxamiseko | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |
| | **30 IMIZUZU** | **1 IYURE** | **12 IIYURE** | **24 IIYURE** | **48 IIYURE** |
| Ukunceda emva kokuba ulwaphulo-mthetho luqhubekile | 1 | 2 | 3 | 4 | 5 |

Umbuzo 5.5. Yintoni enokwenziwa ukuphucula ixesha lokuphendula kwamapolisa kumakhwelo oncedo?

| **UHLOBO LWENKONZO EKUNIKEZELWA NGAYO** | **Umbuzo 5.4** |
|---|---|
| Yandisa inani lezithuthi ezifumanekayo kuluntu / endaweni leyo | 1 |
| Yandisa ukubonakala kwamapolisa / iipatroli eluntwini/ endaweni leyo | 2 |
| Okunye (cacisa) | 3 |

Umbuzo 6.4. Ngaba amapolisa endaweni yakho ayakwenzayo okulandelayo?

| | EWE | HAYI | ANDAZI |
|---|---|---|---|
| Ayaya kwiintlanganiso zeCPF? | 1 | 2 | 3 |
| Abonelela ngengcaciso yolwaphulo-mthetho kwanemiba yokwenziwa komsebenzi wobupolisa kwintlanganiso ye-CPF | 1 | 2 | 3 |

Umbuzo 6.5.Yintoni ngokwembono yakho enokwenziwa ukuphucula ukuphendula kwamapolisa ngakwenzayo endaweni yakho?

ISEBE
LEZOKHUSELEKO
**LOLUNTU**

**Umbuzo 7: UKUSETYENZISWA KWEZIYOBISI GWENXA**

Umbuzo 7.1 Ngokuluvo lwakho, ngaba ukusetyenziswa kweziyobisi gwenxa kuyingxaki endaweni yakho?

| EWE | HAYI | ANDAZI |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

Umbuzo 7.1.1 Ukuba ngu-ewe, ngaba wanelisekile yindlela amapolisa ajongana ngayo neeshibhini ezingekho semthethweni kwaneendawo ezishishina ngeziyobisi kwindawo yakho?

| EWE | HAYI | ANDAZI |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

Umbuzo 7.1.2 Yintoni amapolisa anokuyenza ukuphelisa nya iishibhini ezingekho semthethweni neendawo ezishishina ngeziyobisi endaweni yakho?

Umbuzo 7.2 Yintoni enokwenziwa ngaphezulu ukujongana nengxaki yokusetyenziswa kweziyobisi kwindawo yakho?

Umbuzo 8. Ngeliqukumbelayo, singathanda ukuba uvakalise nayiphi imiba engeminye ocinga ukuba ibalulekile ngokunxulumene nokwenziwa kweenkonzo yamapolisa kwindawo yakho

## ISIHLOMELO B:

### ULUHLU LWEE-ALFABHETHI LWEZIKHULULO ZAMAPOLISA KWIPHONDO LENTSHONA KOLONI

Albertinia
Ashton
Athlone
Atlantis
Barrydale
Beaufort West
Belhar
Bellville
Bellville South
Bishop Lavis
Bonnievale
Bothasig
Brackenfell
Bredasdorp
Caledon
Calitzdorp
Camps Bay
Cape Town Central
Ceres
Citrusdal
Clanwilliam
Claremont
Cloetesville
Conville

Heidelberg (WC)
Hermanus
Hopefield
Hout Bay
Kensington
Khayelitsha
Kirstenhof
Klapmuts
Klawer
Kleinmond
Kleinvlei
Knysna
Kraaifontein
Kuils River
Kwanokuthula
Kwanonqaba
Laaiplek
Ladismith
Laingsburg
Lamberts Bay
Langa
Langebaan
Lansdowne
Leeu-Gamka

Pacaltsdorp
Parow
Philadelphia
Philippi
Philippi East
Piketberg
Pinelands
Plettenberg Bay
Porterville
Prince Albert
Prince Alfred Hamlet
Ravensmead
Rawsonville
Redelinghuys
Riebeeck West
Riversdale
Riviersonderend
Robertson
Rondebosch
Saldanha
Saron
Sea Point
Simons Town
Somerset West

